Noko singaboni nto
Bobuya bavuke:
Bahlalel' ukuvutwa
Kón' e-Paradesi.
Amhlope lomasimi,
Ahlal' evutiwe,
Apo bavet' ingubo
Nezitsaba zo-Bom*i*.

4 Wot' eze lo-Mhlwayeli
Avun' okwalinywa,
Esiz' enemivuyo,
Ekátshwe ngabake;
Uyakwandul' abúle
Ngomgweb' owahlula
Umququ kwinqólowa,
Uz' utshiswe wona.
Mvuni onokoyikwa,
Sibéke ngetaru
Wakulifak' irengqa,
Ungat' usilahle. Amen.



## 43

I-ADVENT

[A.M. 50.] 8888. Ingoma—A.M. 50.

Jordanis oras prævia.

1 *IZW' eladandulukayo
E-Yoredane kudala
Lati, Vukani nibinqe,
Nank' u-Kumkani esiza.

2 Manihlanjwe ezonweni,
Nilungiselel' indawo
Ngapakati entliz'yweni,
Az' ahlal' u-Manuweli.

3 Nkos', ulusindiso lwetu,
Wena Káka lenkuselo:
Ngapandle kofefe lwako
Singatshabalala kanye.

4 Yolula isandla sako,
Uvuse abawileyo:
Nkosi, kánya ngamandl' ako
Kulomhlab' ubugxwayiba.

5 Udumiso kuwe, Nyana
Wapakade, Wen' ozayo:
Sokunqul' amaxa onke
Uno-Yise kwa no-Moya.

## 44

(*Evening Office Hymn.*)

[A.M. 54.] 8888. Ingoma—A.M. 54.

In noctis umbra desides.

1 KWAKUFIKA ubusuku,
Ipuml' imizimba yetu,
Umpefumlo unokuti
Upápám' ufune Wena.

2 Sive, Mafunwa zintlanga,
Ongu-Lizwi no-Msindisi;
Zive izikálo zetu,
Ubavus' abawileyo.

3 Yiza, O Mkúluli, yiza,
Bakúlul' abangabako;
Buy' uvule lomasango
Ayevaliwe ngo-Adam.

4 Udumiso kuwe, Nyana
Wapakade, Wen' ozayo:
Sokunqul' amaxa onke
Uno-Yise kwa no-Moya.

ENYE INGOMA—11.

* *Eliculo malingavunywa ingekabikó i-Cawa yesitatu yo-Advent.*

## 45

[A.M. 51.] 878787. Ingoma yokuqala—A.M.N. 52.
*Ngokuzekelela.*

1 NANKO! esihla namafu,
Owafela aboni;
Exákwe nangamawaka
Omkosi wa-Bangcwele;
Aliluya!
U-Kristu uyabuya.

2 Onke amehlo ombona
Ambéte ubukulu;
Nabo batengisa ngaye,
Bamxóm' emnqamlezweni;
Ngesililo!
Bombona u-Mesiya.

3 Ezompawu zenxwaleko,
Zisekó kulomzimba;
Kwa ezo baduma ngazo
Abo banqula Yena;
Hai uvuyo!
Esikondela ngalo.

4 Ewe, Amen, makutotywe
Pambi kwakw' enyangweni;
Msindisi, yamkel' uzuko,
Upáte ubukosi;
Aliluya!
Kolaula Wena wedwa. Amen.

ENYE INGOMA—210. INGOMA YESIBINI—A.M. 51.

## 46

[A.M. 414.] 11.11.11.5. Ingoma—S.S. 189 C
Nunc suis tandem novus e latrebis.

1 NANKU evela u-Eliya omtsha,
Eshumayela ezizwen' u-Kristu,
U-Tix' u-Mgwebi, epéte umnyazi
Wokub' ahlule.



2 Intab' ezinde, ekuzeni kwake,
Zogob' incopo, nayo imigongxo
Yodibeleka, ziti-ts' ezigoso,
Kulunge konke.

3 Kála wokányo, Ngcwele Manduleli,
Malivus' i-Zwi lako izinyabi;
Size sisabe ingqumbo ye-Mvana,
X' ipindezela.

4 Kuxa linina, Wa Nozakuzaku?
Vusa omtina ezonweni zetu:
Mtshakazi, puma, káulela u-Myeni;
Vuka bo, vuka.

5 Ku-Yis' udumo, naku-Nyan' u-Lizwi,
Ku-Tand' okubo makube mbéko nye;
Qóla igoŕa ngamandla ka-Kristu,
Aliŕotise. Amen.

ENYE INGOMA—62.

## 47

[A.M. 47.] 8787. Ingoma—A.M. 47.
Vox clara ecce intonat.

1 PULAPULA esosandi
Sokuza ko-Msindisi,
Siti, "Lahlan' ubumnyama,
Lusapo lokungeva."

2 Mauvuke umpefumlo
Uvuswa lelolizwi;
Langa lokulunga, vela,
Bonk' ububi bopéla.

3 Seyisiza yon' i-Mvana,
Isiz' ipét' uxolo,
Masilile siguquke,
Solupiw' uxolelo.

4 Kuze ngalomin' inkulu,
Xa koyika nomhlaba,
Ngenceba zesikúselwe,
Ngotando sosondezwa.

5 Uzuko kosenyangweni,
Ku-Yise naku-Nyana,
Naku-Moya Oyingcwele,
Kube ngunapakade.
Amen.

ENYE INGOMA—302 [2].

## 48

[A.M. 52.] 8787.887. Ingoma yokuqala—A.M. 52.

*Ngokuzekelela.*

1 TIXO, ndibona nto-
nina ?
Isipélo sendalo :
Nanku u-Mgwebi esiza,
Ehleli emafini :
Lakulila ixilongo
Ogengeka amancwàba—
Ndoti-n' ukumkàu-
lela ?

2 Tàp' abafele ku-Kristu,
Lakutsho ixilongo :
Bomkàulela emafini,
Bampahle bevuyile :
Bengoyiki ngompefumlo,
Sekute-tà esiza nje,
Kwabo bamkàulelayo.

3 Bonkwantya bagub' aboni
Bakumbon' equmbile ;
Izikào nezijwili
Azikusiza luto :
Idlul' imini yofefe ;
Ngoku bemi pambi kwe-
Trone
Bengazilungisanga.

4 Siyakutandaza, Mgwebi,
Siguqa pambi kwako,
Ngexilongo lokupéla
Sikúsele ngotando
Ngamana kwa kaloku nje
Sitobele i-Zwi lako,
Sikukàulele njalo.
Amen.

INGOMA YESIBINI—A.M. 293.

## 49

[A.M. 48.] 6686. Ingoma—A.M. 48.

Instantis adventum Dei.

1 UYEZ' u-Kumkani
'Simel' ukumkúnga;
Masimvumele ingoma
Zovuy' olungcwele.

2 Nyana wapakade,
Oxabis' ubuntu,
Wabunxiba ubucaka
Ukúlula tina.

3 Ntomb' engu-Tsiyone,
Kàulel' u-Kumkani ;
Musa ukulungcikiva
Uxol' aza nalo.

4 Uyeza u-Mgwebi,
Etwelwe ngamafu,
Bozimany' abake naye,
Balaul' e-Zulwini.



5 Intlond' ezimdaka
Nemvela yobuntu
Maziwubaleke lomhla,
Kunxitywe umnt'
omtsha.

6 Uzuko ku-Nyana,
U-Mkúluli wetu,
Emnye no-Yise no-Moya
Kus' epakadeni.
Amen.

## 50

9898.9898. Ingoma—A.M. 484 [1].

1 UYEZ', uyeza, nimkàulele,
U-Msizi womhlaba wonke,
Uyeza, anitamsanqele
Ngobomi nendyebo yonke ;
Lomhlobo omkulu nombuka,
Onofefe nenyaniso ;
Umteto awusindisanga,
Luku-Yesu usindiso.

2 Uyeza, uyeza lo-Mdali,
Efihla amandla ake,
Etobekile elilali ;
Lumnandi umilo lwake.
Akadeli namnye umoni
Ong' angaxolelwa nguye ;
Besenal' itemba aboni,
Bozuz' ukupila kuye.

3 Vulani intliziyo zenu,
Angene u-Kumkani lo ;
Malingapél' ixesha lenu
'Nosinda ngalo, nali bo !
Ewe, siyavuma, Mkúluli ;
Sibiza Wena, sondela,
Uhlale nati, ungadluli,
Elet' itemba likuwe. Amen

## 51

7676.7676. Ingoma—E.H. 577.

1 YAKULILA inkuku
Abantu bovuka,
Baguqe ngamadolo,
Bambàt' ezemini,
Bambulele u-Tixo
Ngolotando lwake
Lokubakànyisela,
Maxa baleleyo.

2 Bapumele ngapandle
Kwaz' izindlu zabo,
Balindele ngovuyo
Upumo lwelanga;
Imisebenzi yabo
Ivana nelanga,
Ivana nokukànya,
Bengabokukànya.

3 Yakulila inkuku
Abantu bovuka,
Bona bengcangcazela
Bengafun' ilanga,
Abenz' ubumnyama,
Kuba likànyisa
Lizise emhlotsheni,
Ubumnyama babo

4 Lakulil' ixilongo
Uluntu lovuka,
Lumzukise u-Tixo,
Lambàr' ezovuko,
Lumbulele u-Yesu
Ngolotando lwake
Lokubakànyisela,
Besese-Paradesi.

5 Bapumele ngapandle
Kwamancwàba abo,
Balindele ngovuyo
'Kuvela ko-Kristu:
Imisebenzi yabo
Ivana no-Kristu,
Iyakùmbulela ke
Oli-Langa labo.

6 Lakulil' ixilongo
Uluntu lovuka,
Lungcangcazele lona
Loyik' ukuvela
Ko-Langa lamalanga,
Kuba likànyisa
Lizise emhlotsheni
Ukuncòla kwabo.

7 Msindisi Nkosi Yesu,
Z'ungandibùkuqi
Kunye nabobumnyama,
Z'undikànyisele,
Ndize ndibon' indlela
Eya e-Zulwini,
Ndize ndihlale nawe,
Ndikubonge kòna

Amen.



## 52

8686. Ingoma—B.I. 20.

*Ngamazwi atotyiweyo.*

1 YINTO eyoyikekayo
Umhla wokupèla;
Xa i-Nkosi egwebayo
Iyakugqibela.

2 Emhlabeni kuyoniwa
Kungavakalanga,
Kanti konke kuyeviwa
Ngongakohliswanga.

3 Ngalomini embuzweni,
Kovakala konke
Okwenziwa emhlabeni,
Ezizweni zonke.

4 Guqukani, boni nonke
Ezonweni zenu;
Tandazani namhla nonke
Ku-Mkùluli wenu.

ENYE INGOMA—70.

## 53

[A.M. 49.] 8888.88. Ingoma—A.M.N. 340.

*Ngokuzekelela.*

Veni, veni, Emmanuel.

1 YIZA, yiza, Manuweli,
Kùlula u-Sirayeli;
Uyalila kulentlango,
Elind' u-Nyana ka-Tixo.
Vuya! vuya! Sirayeli.
Uza kuw' u-Manuweli.

2 Yiza, Ntonga yakwa-Isayi,
Ubakùlule abako
Ku-Satana nesihogo,
'Ze baloyise nencwàba.
Vuya! vuya! Sirayeli,
Uza kuw' u-Manuweli.

3 Yiza, Wena Kwèzi lomso,
Sivuse ngokuza kwako;
Gxot' amafu obumnyama
Kwa namatunzi okufa.
Vuya! vuya! Sirayeli,
Uza kuw' u-Manuweli.

4 Yiza, Nyana ka-Davide,
Vul' amasango e-Zulu ;
Sikokelele pezulu,
Usinqande ebubini.
Vuya ! vuya ! Sirayeli,
Uza kuw' u-Manuweli.

5 Yiza ke, Tixo Somandla,
Owati, kubantu bako
Pezu kwentaba ye-Sinayi,
Wabanik' umteto wako.
Vuya ! vuya ! Sirayeli,
Uza kuw' u-Manuweli.

INGOMA—204 [1].

## 54

8484.8884. Ingoma—W.K.H.T.B. 46.
(*corrected*)

1 ZOVAKALA indudumo
Encwàbeni ;
Zondivusa ndisalele
Encwàbeni ;
Kwakungena edlakeni
Ukukànya kwemibane,
Londibiza ixilongo,
Mandipume.

2 M-Sindisi omanxeba
Amahlanu,
Ndikùlule mina moni
Ezonweni,
'Ze babone ndinopawu
Lawo umnqamlez'
ongcwele,
'Ze nditembe xa ndipuma
Encwàbeni.

3 Ndihlangane ne-Ngelosi
Emafini,
Ndiyivume ap' ingoma
Yoloyiso :
'Ze ndingene kumasango
Ase-Bòtwe e-golide,
Ndibulele ndidumise
E-Zulwini. Amen.

ENYE INGOMA—21.



## 55

*I-LITANI YEZINTO EZINE ZOKUGQIBELA*

[A.M. 463.] 7776. Ingoma—A.M. 463.

1 TIXO, Yise, no-Nyana,
Tixo, Moy' Oyi-
ngcwele,
Sive use-Zulwini,
Usinyamezele.

2 Yesu, Bomi babafi,
Mteteleli ku-Yise,
Temba lokungapùti :
Sive, Yes' Ongcwele.

3 Wen', owasip' amandla
Okoyisa incwàba,
Upilel' ukusiza :
Sive, Yes' Ongcwele.

4 Pambi kwe-Trone yako,
Zotyilw' izenzo zetu,
Usasitetelela :
Sive, Yes' Ongcwele.

5 Wen' owafa ukuze
Sikùlulwe ku-Mtyòli,
Size singafi mpela :
Sive, Yes' Ongcwele.

6 Mlungiseleli-ndawo,
'Ze nabon' e-Zulwini
Baluv' uzuko lwako :
Sive, Yes' Ongcwele.

UKUFA

7 Sibùb' imihla yonke,
Umhlaba siwushiya,
Siyakutandaza, Nkos*i* :
Sive, Yes' Ongcwele.

8 Singekati sibizwe,
Namatunz' engekawi,
Yiba ngosisizayo :
Sive, Yes' Ongcwele.

9 Silumle kokomhlaba,
Sazi utando lwako,
Siloyise utshaba :
Sive, Yes' Ongcwele.

10 Sibe kolwak' ugcino,
Usipė uxolelo ;
Singakoyik' ukufa :
Sive, Yes' Ongcwele.

11 Sip' ukànyiso lwako,
Usitundeze kuhle,
Sitembe Wena wedwa :
Sive, Yes' Ongcwele.

UMGWEBO

12 Wakusibiza, Nkosi,
Ngomhl' owoyikekayo,
Singabi nakoyika :
Sive, Yes' Ongcwele.

13 Bakusab' abalahlwa,
Singa singalubona
Olwetu usindiso :
Sive, Yes' Ongcwele.

14 Sikubon' e-Troneni
Ungu-Msindisi wetu,
Yen' esimlandeleyo :
Sive, Yes' Ongcwele.

15 Sanga singati nati
Kunye nabo-Bangcwele
Sibizelwe upumlo :
Sive, Yes' Ongcwele.

ISIHOGO

16 Entshabalalisweni,
Apo kumnyama kòna,
Kwa-m'pefuml' ifileyo :
Sisindise, Yesu.

17 Apo kuncanyiweyo
Ngabalahlekileyo,
Abashwatyulelweyo :
Sisindise, Yesu.

18 Kwintlungu ezinkulu
Zompefuml' ofileyo,
Kwa-mpètu ingafiyo :
Sisindise, Yesu.

19 Kwinkanuko zokona,
Kulo elolangatye,
Kwihlazo lapakade :
Sisindise, Yesu.

IZULU

20 Apo kulaul' i-Ngcwele
Ebuqaqawulini,
Zingekòyo nentsizi :
Sise kòna, Yesu.

21 Lisizwa kòn' ikònxwa,
Nentshaba ziyanqamka,
Apo kuk' ukupumla :
Sise kòna, Yesu.

22 Kwezona ziyolo ke
Zingaze ziruqule,
Kwabo bakùlulweyo :
Sise kòna, Yesu.

23 Apo ibonwa kòna
Imisebenzi yako,
Eyimimangaliso :
Sise kòna, Yesu.

24 Apo nabapambili
Sinokukudumisa
Wena, unapakade :
Sise kòna, Yesu.
Amen.

## 56

## I-KRISTMAS

[A.M. 62.] 8686. Ingoma—A.M. 62.

1 KWAYE kukò abalūsi
Belind' ebusuku,
I-Situnywa seza kubo,
Baye besoyika.

2 Sasisiti i-Situnywa,
" Ningoyiki nina ;
Ndinishumayez' indaba
Ezivuyisayo.

3 " Ngokokuba nizalelwe
Namhla u-Msindisi
Ongu-Kristu eyi-Nkosi ;
Nangu umqondiso,—

4 " Usana nolufumana
Emzini ka-David,
Lusongelw' eziqiyeni
Emkòmbeni we-stal*i*."



5 Kwabe kukò ngesiqupe
Kunye ne-Ngelosi
Umkosi wase-Zulwini,
Udumis' usiti :

6 " Udumiso malubekò
Ku-Tix' e-Zulwini,
Inkolelo ebantwini
Ngamaxesha onke."
Amen.

ENYE INGOMA—389

## 57

[A.M. 61.] 10.10.10.10.10.10. Ingoma—A.M. 61.

1 MA-KRISTU, vukani nibulise
Umso wokuzalwa ko-Msindisi ;
Zukisan' imfihlelo yotando
Evunywe zi-Ngelosi pezulu ;
Zahlabela indaba zovuyo
Zo-Nyana we-Ntombi, u-Tix' umntu.

2 Abobalūsi baliva izwi
Le-Situnywa lisit', " Uyabona,
Ndazis' ukuzalwa ko-Msindisi
Kuni, nakuzo zonke intlanga :
Namhl' usifezil' isitembiso
U-Tixo, namhl' uzelw' u-Msindisi."

3 Yatsho ; bavum' ingom azovuyo
Abavumi be-Zulu, bevana :
Bavuma indumiso zotando,
Yangu—' Aliluya ' e-Zulwini :
Bavuma ngozuko luka-Tixo,
Uxolo nenkolel' ebantwini.

4 Bay' e-Betelehem abalūsi,
Ukubon' oko kwenzelwe umntu,
Bafuman' u-Msindis' emkòmbeni,
Eno-Yosefu ne-Ntomb' u-Nina :
Babuyel' emihlambini yabo,
Benentliziyo ezivuyayo.

5 Sanga singacamanga ngotando
Asindis' umntu ngalo u-Tixo ;
Siland' u-San' olwasizuzayo
Ngobobom bupéla ngomnqamlezo ;
Simlandele ngal' ufefe lwake,
Ad' umntu alifanel' i-Zulu.

6 Sitemb' ukuvuma ne-Ngelosi
Ingoma emnandi yoloyiso :
Siřaulwe bubuqaqauli baló
Wazalwa ngalemini yovuyo ;
Singaze sipėz' ukuvumela
U-Kumkani we-Zul' indumiso.

ENYE INGOMA—369 [2].

## 58

[A.M. 60.] 8787.8787.87. Ingoma—A.M. 60.

*Ngomxėlo.*

1 PULAPULA ! i-Ngelosi
Zicula indumiso,
Uxolo lusemhlabeni,
Inkolel' ebantwini.
U-Tixo nabantu namhla
Baxolelanisiwe ;
Vukani, nonke zintlanga,
Hlanganan' eculweni :
Aliluya nendumiso,
Ku-Kumkani omkulu.

2 I-Nkosi, ehleli ikó
Idunyisw' e-Zulwini,
Simbonil' esiza kuti,
Engu-Nyana ka-Mari.
Bufihliwe enyameni
Ubu-Tix' obo bake,
Evum' ukuhlala kuti,
Yes', ongu-Manuweli.
Aliluya nendumiso,
Ku-Kumkani omkulu.

3 Bulisan' i-Nkos' enkulu
Yoxolo nobungcwele ;
Ukányiso kwa nobomi
Nempilo zeza ngaye :
Ezalelw' ukuze sibe
Nokuzalwa ngokutsha ;
Ezalelw' ukuze sibe
Ngonyana baka-Tixo.
Aliluya nendumiso,
Ku-Kumkani omkulu.
Amen.



## 59

6666. Ingoma—A.M. 243.

1 UBEKO u-Lizwi
Ekuqalekeni,
Ekuye u-Tixo,
Waye engu-Tixo.

2 Into zonke ngaye
Zadalwa, zabakó ;
Akwabikó nanye
Engadalwe nguye.

3 Kuk' u-Bomi kuye,
Bulukányiselo
Lwehlabati lonke
Lisebumnyameni.

4 Ukányiso olo
Lwabonakalayo
Seluboyisile
Ubumnyama obo.

5 Unguy ngenene
Okányisel' abo
Bezay' emhlabeni
Ngokukánya kwake.

6 U-Lizwi ngo-Moya
Wenziwa inyama
Yobuntu benene,
Wahlala nabantu.

7 Sabona obake
Ubuqaqawuli
Bokupéla kwake
Ozelwe ngu-Yise.

8 Siyamdumisa ke
Lowo ungu-Lizwi :
Wanga angasenza
Sibe ngabokányo.
Amen.

## 60

[A.M. 58.] 6686. Ingoma—A.M. 152.

Jam desinant suspiria.

1 USIVIL' u-Tixo,
Makupél' intsizi ;
Namhla kuvulek' i-Zulu,
Wehl' u-Soluxolo.

2 Káupúlapúle
Lomazw' e-Ngelosi
Avakaliswa ngovuyo ;
" Uzelwe u-Tixo."

3 Iqela labalūsi
Lemka ngobunxámo,
Ukuya kweso-sitali
'Kubulis' usana.

4 Hayi olosizi
Bahlangana nalo !
Umkúmbi nje we-sitali,
No-Nin' osweleyo.

5 Unguye n' u-Kristu,
U-Nyana ka-Tixo ?
Sibona na Ozizandla
Zadalay' umhlaba ?

6 Lungaṙob' ukólo
Kwelokús' ukulo ;
Siyakubulisa, Tixo,
Kunye ne-Ngelosi.

7 Uyasifundisa
Singanxaxi, Nkosi,
Ekwenzen' itando yako,
Ngenxa yehlabati.

8 Nyang' iṙatshi letu
Ngolotando lwako ;
Mauzalwe ngapakati
Kwentliziyo zetu.
Amen.

ENYE INGOMA—27.

## 61

[A.M. 484.] 9898.9898. Ingoma—A.M. 484 [1].

1 VUMANI, ma-Kristu, ngovuyo,
Nibong' i-Gama le-Nkosi !
Namhla u-Mtombo wosindiso
Ufikile emhlabeni ;
Ezelwe yi-Ntombi emsulwa,
Engumntwana, engu-Tixo.
U-Tixo waba ngumzalwana
Ngawo lomhla unenywéba.

2 Ufike Onamandla onke,
Wasusa intsizi zetu :
Uzil' Onobubele bonke
Nezipó nofefe lwake.
Ufihle ubukulu bake,
Uze kuti ngokomkonzi,
Eve kwa ubunzima betu,
Ubuhlwempu nenyembezi.

3 Wazalelwa e-sitalini,
Umandlalo wangumkómbe :
Nantsi pezulu inkwenkwezi,
Exela ukuza kwake.



Zibikel' abant' i-Ngelosi,
Zimemelela zisiti,
" Ku-Tixo malubek' uzuko,
Noxolo ap' emhlabeni."

4 Ngokutabat' ubuntu betu
Usus' ityala lemvela ;
Uze noxolo olukulu
Kuwo onke amakólwa.
Ke, ma-Kristu, vumani namhla,
Nivuye ngomxélo omnye,
Wapakamiseni amazwi,
Ngomhla wokuzalwa kwe-Nkosi.

## 62

(*Office Hymn.*)

[E.H. 14.] 11.11.11.5. Ingoma—S.S. 157 B.

Veni, Redemptoṙ gentium.

1 YIZA, Mkúluli wehlabati lonke,
Tyil' ukuzalwa kwako yiy' i-Ntombi—
Okumfanele, zitsho zonk' izizwe,
Onguy' u-Tixo.

2 Ute u-Lizwi, engakáulwe ngamntu,
Ezambátise ngobubuntu betu,
Ngaye u-Moya, owahlel' u-Mari,
Weza ngedinga.

3 Hai itamsanqa lesizalo eso
Satabatayo kungekó sipáko !
Apo u-Tixo wati-vu umzuzu,
Esengcweleni.

4 Epume kóna kwelosité lake
Elilikáya lokusulungeka,
Selenxámele ukuhamb' uhambo
Lo-Tix' ongumntu.

5 Kukuy' u-Yise, ukuvela kwake,
Kukwaku-Yise, ukubuya kwake.
Owati-xáxé kwa kwelamatunzi
Engekajiki.

6 Wen' olingene nay' u-Yise lowo,
Zambése ngoku ngobubuntu betu,
Uhlaziye ke esisimo setu
Sibutataka.

7 Obubumnyama sebukányiselwe
Luzalo olo kóna e-stalini :
Lobengezela njengemin' ukólo,
Kungaze kuhlwe.

8 Udumo kuwe, Nyana way' i-Ntombi,
Ngoku nanini, ngokungapéliyo :
Nakuy' u-Yise naku-Moy' Ongcwele
Makube njalo.

ENYE INGOMA—I.

## 63

[A.M. 59.] 6.6.11.5.6.7.7.12. Ingoma—A.M. 59.

Adeste, fideles.

*Makungatsalwa.*

1 YIZANI, ma-Kristu,
Siye ngokuvuya ;
Yizani, masiye e-Betelehem ;
Siye kumbona
Ozalelwe tina ;
Yizani, simbulise,
Yizani, simbulise,
Yizani simbulise u-Kristu i-Nkos*i*.

2 *Banxám' abalüsi
Ngezwi le-Ngelosi,
Ukuya kumbona esemkómbeni ;
Masiye nati,
Siye ngokuvuya ;
Yizani, *etc.*

* Ezi-vesi zingayekwa.



3 *Izazi zamfuna,
Zikokelwe kude,
Zamsela izipó zelakowazo ;
Masiye nati,
Simsel' intliziyo ;
Yizani, *etc.*

4 Ngu-Tixo ka-Tixo,
Engumntwana womntu,
Ezelwe yi-Ntombi ayenzileyo.
Akenziwanga,
Ungunapakade ;
Yizani, *etc.*

5 Culani nivuye,
Nani zi-Ngelosi,
Nivume ingoma, sivume nati ;
Simbonge apa,
Nani ngapezulu ;
Yizani, *etc.*

6 A ! Yesu ! Lusana !
Siyakubulisa,
Kungati siyaya e-Betelehem ;
Siye kubona
Ap' uzelwe kóna ;
Yizani, *etc.*

7 *Isitwe bubuntu,
Inkazimlo yako,
Wen' oyinkazimlo ka-Sokukánya.
Tixo wenene,
Wasingatwá ngumntu ;
Yizani, *etc.*

* Ezi-vesi zingayekwa.

8 *Uzile, waswela,
Uzuzisa tina ;
Usesibayeni sikubulisa.
Usitandile ;
Maungatandwa na ?
Yizani, *etc.*

## 64

[A.M. 482.] 878747. Ingoma—A.M. 482.

1 ZITUNYWA zangape-
zulu,
Ezihamba
umhlaba ;
Nin' enavuma ingoma,
Mhla kwazalw' u-Me-
siya ;
Qubudani
Ku-Kristu, u-Kumkani.

2 Nani nina balūsayo
Igusha ngobusuku,
U-Tixo namhl' ufikile,
Az' ahlale nabantu ;
Qubudani
Ku-Kristu, u-Kumkani.

3 Zilumko, manilandele
Obobubengebenge
Bunqwenelelwa intlanga,
Nibonē inkwenkwezi ;
Qubudani
Ku-Kristu, u-Kumkani.

4 Umhlaba mawudumise
Wena Tixo MTriniti,
Lungaze lupél' uzuko
Ku-Tixo wapakade ;
Qubudani
Ku-Kristu, u-Kumkani.
Amen.

## 65

## UMHLA KA-STEFANO ONGCWELE

(*Office Hymn.*)

[A.M. 65.] 7777. Ingoma—A.M. 65.

O qui tuo, dux martyrum.

1 A ! MFELI wokuqala,
Waziwa ngesitsaba : †
Asisesentyatyambo
Esikwenzela sona.

2 Ati-benge lomatye
Ugityiselwa ngawo ;
Atshiziwe ngegazi
Elibubomi bako.

* Ezi-vesi zingayekwa.
[† *Elokuti* Stefano *liteta ukuti* isitsaba.]



3 Onke amanzeb' ako
Asuk' azizitátá :
Ngati nobuso bako
Buboso be-Ngelosi.

4 Hai uyolo onalo !
Ufel' okufeleyo :
Wanqin' amandla ake
Ngex' owabúbá ngalo.

5 Waqal' ukumlandela
Kolu-Lwandle lubomvu ;
Nawe uyalandelwa
Zinkita za-Bangcwele.

6 Makadunyisw' u-Yise,
Nay' u-Nyana we-
Ntombi,
No-Moya ngokunjalo,
Zi-Ngelosi nabantu.
Amen.

## 66

## UMHLA KA-YOHANE ONGCWELE, UM-VANGELI

8787.8787. Ingoma—C.H. 336.

1 YAMKEL' uzuko nembéko,
Nkonyan' omlondekáya :
Uli-Tshawe lamatshawe,
Wena Nyana ka-Mari.
Sikúmbul' inceke yako,
Unyana ka-Zebedi,
Owancam' ilizwe ngawe,
Wakulandela yena.

2 U-Zebedi no-Salome
Ubancamile nabo :
Walandela Wena, Mtombo
Wobomi bapakade.
Wati Wena, ngu-Ndudumo,
Igam' ombiza ngalo :
Uti yena, ungumfundi
Obetandwa ngu-Yesu.

3 Imfundiso yako Wena
Wayiyaleza kuye ;
Wasinika i-Vangeli—
Iyeza lompefumlo.
Liyapápázela lona
Ngamapik' exálanga,
Lisa umpefumlo kuwe,
Liwa lamapakade.

4 Akahlukananga nawe,
Kwa-ntlungu zingetiyo :
Watutuzel' u-Nozala,
Emsula inyembezi.
Isikizi lomnqamlezo
Akalibalekanga ;
Inxeba lako lomkonto
Silixelelwa nguye.

5 Umondel' emnqamlezweni
Wati, ' Nanko unyoko '—
Wati, ' Nank' unyana wako',
Ubékisa ku-Mari.
Yamkel' uzuko nembéko,
Nkonyan' omlondekáya :
Sibulela i-Vangeli
Yonyana ka-Zebedi.

ENYE INGOMA—460.

## 67

## UMHLA WENTSANA EZINGCWELE

(*Office Hymn.*)

[E.H. 34.] 8888. Ingoma—H.P. 10.
Salvete, flores martyrum.

1 HE ! Bafeli bancinane,
Nina nite, nizintsana,
Akumzingel' u-Msindisi
U-Herode, nanqunyulwa



2 Sânibonga, maxwánana,
Napángela ukumfela :
Niyadlala engcweleni
Ngezitsaba namasundu.

3 Lanceda n' elosikizi ?
Noburalarume obo ?
Lusahleli olo-Sana,
Wasindisw' u-Kristu noko.

4 Wena, Nyana way' i-Ntombi,
Hlal' uhleli udunyiswa :
Makanconywe nay' u-Yise,
Kwa no-Moya, naninina. Amen.

## 68

## UKW-ALUKA KUKA-KRISTU

8787. Ingoma—B.I. 44.

1 YESU, siyakudumisa
Ngalemini waluswa ;
Uz' usifundise, Tixo,
Ukukululamela.

2 Sibona intlungu zako,
Negazi lipálala ;
Singa asingetyafiswa
Zezontlungu zako, Nkosi.

3 Kwasemkúmbini we-stali,
Kuse nase-Kalvari,
Wazenz' umnikel', ukuze
Wenz' intando ka-Yise.

4 Nkosi, nati mausenze
Sizinikele kuwe,
Ngompefumlo nangomzimba,
Sibe ngabako mpela.

5 Zalus' intliziyo zetu,
Libálw' i-Gama lako
Ngapakati kwazo kanye,
Kunye nomteto wako. Amen.

ENYE INGOMA—117.

## 69

## UMNYAKA OMTSHA

7777. Ingoma—A.M. 38.

1 UNYAKA udlulile,
Udlule nabaninzi,
Kanti tina sisekó;
Sifuman' omny' unyaka.

2 Abadala nabatsha,
Nentsana ezányayo
Bate-shwaka kukufa,
Balindele umgwebo.

3 Hay' itamsanqa lako,
Wena usenexesha
Lokuzitandazela
Kwi-Nkosi enetafu.

4 Siyakudumisa, Nkos*i*,
Ngobububele bako,
Silungiselele ke
Ukuhlangana nawe.

5 Siyacela amandla
Sizilungiselele;
Ukuze singoyiki,
Xa uze kusitata. Amen.

## 70

## I-EPIFANI

[A.M. 80.] 8686. Ingoma—A.M. 80.

1 ABEBEHLEL' emnya-
meni
Bayakányiselwa;
Abakwitunzi lokufa
Babon' ukukánya.

2 Intlanga zintontelana
Zibulis' i-Nkosi;
Zivuya ngokwabavuni
Betwel' amasinde.



3 Kuba ubatul' umtwalo,
Wayicit' ingqwemla,
Njengamhlana yenjwa-
njalo
Impi yakwa-Mid'yan.

4 Kuba sizalelw' u-Mntwa-
na,
Sipiwe u-Nyana:
Amandla apezu kwalo
Igxalaba lake.

5 Ngu-Mteteli-xol' i-Gama,
I-Nkos' yapakade,
U-Simanga, u-Mcebisi,
U-Tix' onqulwayo.

6 Amandla nolaulo lwake
Lusayakunaba;
Lusekwe ngobulungisa,
Alunakupéla.

7 Yesu, laula kuti Wena,
Usenze abako;
Uhleli u-Mnye no-Yise
No-Mov' Ovingcwele.
Amen.

## 71

[A.M. 76.] 8787. Ingoma—A.M. 76.
O sola magnarum urbium.

1 BETLEHEM, wena umkulu
Kwizixeko zomhlaba,
Kuba kuwe kwazalelwa
Umlauli ka-Sirayeli.

2 Yabengezel' inkwenkwezi
Eyabikel' ilizwe
Ukwenziw' abe yinyama
Kuka-Tix' u-Somandla.

3 Izilumko zakudala
Zeza nentlak' emhlope,
Ne-golide nobulawu,
Zivel' empumalanga.

4 Zibonisa okokuba
Ngu-Tixo wokunqulwa,
U-Kumkani wokumkani,
Ongasoze abole.

5 Yes' owanqulwa zintlanga
Ngomhla we-Epifani,
Uzuko kuwe no-Yise
No-Moya Oyingcwele. Amen.

## 72

[A.M. 79.] 777777. Ingoma—A.M. 79.

1 IZILUMKO kudala
Zabona inkwe-
nkwezi ;
Yakokela ikånya,
Zalandela zavuya :
Nati singa singati
Sikåtshwe, Nkosi, nguwe.

2 Zakåuleza ukuya
Kubulisa u-Mntwana ;
Zatoba pambi kwake
Obekwa zinto zonke :
Nati singa singati,
Nkosi, sikonze kuwe.

3 Zamnikela indyebo
U-Kumkani kón' apo ;
Nati ngovuyo lwetu
Sozinikela kuye,
Sihlale ngobungcwele,
Bud' ubomi bupėle.

4 Yesu, z'usihambise
Endleleni engcwele,
Uti ekupėleni,
Usamkel' e-Zulwini,
Ap' uhleli kóna, Nkos*i*,
Unezako i-Ngelos*i*.

5 Elizwen' e-Zulwini
Kuhlelw' ekukånyeni ;
Uli-Langa labo, Nkos*i*,
Bonwabe ke ne-
Ngelos*i* :
Singa singaya nati,
Sikubong' apo futi.
Amen.

## 73

11.11.11.5. Ingoma—S.S. 157 E.

1 KWATI nge-Kristmas, zitsho izi-Bålo,
Wehla u-Lizwi, evel' e-Zulwini,
Ot' engu-Tixo wenz'wa wayinyama,
Walusana ke.



2 Kón' e-stalini, impahla zimngqonga,
Wazalw' u-Nyana yi-Ntombi enyulu :
Hai itamsanqa lalo-Nin' ungcwele
Ongu-Mariya !

3 Ke, isimanga asafihlakala ;
Basixelelwa Zitunyw' abalūsi :
Nayinkwenkwezi abo belikude
Basityilelwa.

4 Zeza ke ngoko izidwangub' ezo ;
Zayilandela inkwenkwezi leyo,
Kozindulana nakozintlabati
Empumalanga.

5 Zit' ezozazi, zibulalekile,
Zabuxolela ubunzima bonke,
Zinxåmile nje, ziqůtywa ngumnqweno
Wokumbulisa.

6 Zifikile ke zamfolel' izipó—
'Golid', ne-more, kwa nentlak' emhlope ;
Zizekelisa ngenx' engapambili
Ayakukwenza.

7 Yon' i-golid' ixela ukulaula ;
Obobulawu, ukuzenz' idini ;
Nentlak' emhlope, ubu-Priste bake—
Ngomfuziselo.

8 Nati balapa simzisel' izipó—
Ezintliziyo, namandlana etu :
Wang' angavum' ukuzityila ngazo
Ezintlangeni.

9 Ngay' i-golide yezibele zetu ;
Ngayo i-more yenguquk' enzulu ;
Ngentlak' emhlope yezikúngo zetu :
Nkosi, zamkele ! Amen.

ENYE INGOMA—I.

## 74

[A.M. 81.] 7777·7777. Ingoma—A.M. 81.

1 SIYAKUZUKISA, Nkosi,
Ngengoma zombulelo:
Owatyilwa ngenkwenkwezi
Kwi-Zazi zivela lé.
Sebe lakwa-Davide,
Uzalelw' e-Betlehem;
Maudunyiswe Wena,
Tixo okwanguy' umntu.

2 Wazibonakalisa
Emanzini e-Yordan;
Nase-Kan' emsitweni
Bavela ubu-Tixo;
Waguqula amanzi
Aba yiyo i-wayin;
Maudunyiswe Wena,
Tixo okwanguy' umntu.

3 Wabonakalaliswa
Ngokupilis' izifo;
Zahamba iziqwála,
Bapil' abanedumbe;
Neminye imilwelwe
Yasizakala kuwe;
Maudunyiswe Wena,
Tixo okwanguy' umntu.

4 Ilanga lofipala
Nenyanga, limk' izulu;
Njengomban' ez' u-Kristu,
Esebuqaqaulini;
Lovakal' ixilongo;
Gqi u-Mgwebi omkulu:
Wovunywa ngabo bonke
U-Tixo ekwangumntu.

5 Nkosi, masikufuze,
Sibe nyulu njengawe,
Njengotyilekileyo
Kwi-Vangeli engcwele;
Size sifane nawe
Wakubonakaliswa;
Sikuzukise sonke,
Ungu-Tixo ongumntu.
Amen.

## 75

[A.M. 78.] 8686. Ingoma—A.M. 78.

Divine, crescebas, Puer.

1 UMNTWAN' e-Zul' uyakúla,
Ekufund' ukufa:
Nengqeqesho yak' ixela
Okuyakumhlela.

2 Tix' ositwe bubupantsi
Babazali bako,
Owenz' amazul' uhlala
Kwindlw' elambatayo.



3 Izandl' ezilaul' i-Zulu
Azali msebenzi:
Ulo-Menzi wenkwenkwezi
Ufund' ukucwéla.

4 Low' obongwa zi-Ngelosi,
Ezamkel' umteto,
Ululamel' abazali
Ngentobek' enzulu.

5 Siyakuzukisa, Yesu,
Ngobulali bako;
Sinik' udumo ku-Yise
No-Moy' Oyingcwele.

## 76

(*Office Hymn.*)

[A.M. 75.] 8888. Ingoma—A.M. 75.

Hostis Herodes impie.

1 WOYIKELA nina, Herod,
Akub' esondel' u-Kristu?
Bunikw' ubukosi nguye
Obungatshabalaliyo.

2 Izilumk' empumalanga
Zayilandel' inkwenkwezi;
Zasiwa kul' u-Kányiso,
Zamvum' u-Tixo ngezipó.

3 I-Mvana ye-Zulu yema
Kumsinga we-Yoredane;
Aze Ongenasipáko
Abahlamb' abak' izono.

4 Yini! hai ummangaliso!
Akuba yi-wayin amanzi:
At' u-Lizwi, akuteta,
Enz' okunxamnye nemvelo.

5 Lonk' uzuko kuwe, Yesu,
Ngak' ukuzityila kwako;
Siyamzukisa no-Yise
Kwa no-Moya, singapézi.

## 77

### ICAWA EYANDULELA I-SETWAJESIMA

[A.M. 82.] 868686. Ingoma yokuqala—A.M. 82.

Alleluia, dulce carmen.

1 ALILUYA! Ngom' emnandi,
Ngoma yokuvuya;
Aliluya! Nal' iculo
Labase-Zulwini;
Labahleli e-Nkosini,
Lizwi lapakade.

2 Aliluya ! 'Lizwi lako,
Kàya lakowetu ;
Aliluya ! Lulivuma
Lonk' usapo nawe ;
Sisalila tina apa,
Singabasemzini.

3 Aliluya, asingetsho
Futi emhlabeni ;
Aliluya, siyalelwa
Zizipóso zetu,
Lisondela nje ixesha
Lokuzililela.

4 Tixo, siyacela kuwe,
Mausigoduse,
Siye senze i-Pasika
E-Zulwini nawe,
Singayeki ukucula
Aliluya kuwe.

Amen.

INGOMA YESIBINI—A.M.N. 89 [1]

## 78

## I-SETWAJESIMA

[A.M. 83.] 8888. Ingoma—E.H. 49 [2].

Te læta, mundi Conditor.

1 ALUPELI kuw' upumlo,
Ongu-Mdali waw' amazwe ;
Abaculi bapezulu
Abapézi ukuvuma.

2 Azi tina soti-nina
Ukuvuma kwa njengabo,
Ezongoma zase-Kàya
Sisahleli emhlabeni ?

3 Bawo osatembisayo
Kubalil' intsikeklelo,
Masibulilel' ububi
Obusahlulayo nawe.

4 Masilile sitembele
Kologcino lwal' utando ;
'De sibuye na-Bangcwele
Sivum' ingom' e-Zulwini.

5 Kuy' u-Yise naku-Nyana
Naku-Moya Oyingcwele,
Makubekó lonk' uzuko
Ngawo onke amaxesha.

Amen.



## 79

## I-LENT

[A.M. 92.] 7777. Ingoma—A.M. 92.

1 IMINI nobusuku
Zaba mashumi mane,
Uzila usentlango,
Uhendwa nok' ungoni

2 Watshiswa ngamalanga,
Wabanda yimibete,
Yapahlw' indlela yako,
Zizilo zobumnyama.

3 Wawandlala umhlaba,
Waba lukúko kuwe,
Yayam' intloko yako
Amatye alukuni.

4 Bekungafanele na,
Njengawe, siti nati
Sizile sitandaze,
Siyeke imihlali ?

5 Simelwa ngu-Satana
Ehend' ubuntu betu,
M-Lweli wetu, nceda,
Somelez' ize silwe.

6 Yenza sizuz' uxolo,
Sixàswe zi-Ngelosi :
Siti, sifakw' ekwàpen*i*,
Siv' eyona Pasika.

Amen.

## 80

7777. Ingoma—A.M. 105.

*Makungatsalwa gqita.*

1 IZONÓ zam zininzi,
Zihlel' entliziyweni ;
Ityala lam likulu,
Lindisa ekufeni.

2 Izono zam zidala,
Ndavela ndonakele ;
Zakile ngapakati,
Zitimba umpefumlo.

3 Izono zam zidala,
Zibuhlungu pezu kwam,
Napezu kompefumlo ;
Yiza, nceda, Tixo wam.

4 Izono zam ndoyeka,
Ndipóse pambi kwako ;
Yiva, O Yesu Kristu !
Ndipé ufefe lwako.

Amen.

## 81

8686. Ingoma—B.I. 24.

1 KUDALA, Nkos', ndivukusa
Kwezizono zonke;
Ndiqubisana namashwa
Macalana onke.

2 Ndilidela i-Zwi lako
Ndingapúlapúli,
Xana kutetwayo ngalo,
Lindihlangul' eshweni.

3 Lindisusa ehlazweni,
Kwelokuf' isango;
Lindalatis' endulini
Eyafel' i-Mvana.

4 Ndiyakuzukisa ngoko
Ngolotando lwako;
Mandibambe leyondlela
Esa e-Zulwini. Amen.

## 82

(*Evening Office Hymn.*)

[A.M. 95.] 8888. Ingoma—A.M. 95.

Christe, qui lux es et dies.

1 LUKANYISO lwehlabati,
Inamandl' imitá yako,
Iyoyikwa bubusuku,
Kuhlwile, sikányisele.

2 Nkosi engcwele, sigcine,
Siyakutandaza, tina
Zicaka zako, sipumze,
Usigcin' ezingozini.

3 Umtyól' angasicotéli,
Asincólis' intliziyo
Ngokufak' ingcing' ezimbi,
Zobutyebi neminqweno.

4 Kúsel' abantwana bako
Ngengalo yakw' enamandla,
Amehl' enyam' akulala
Uvuse awentliziyo.

5 Nkosi eyasitengayo
Nge-Gaz' elinqabileyo,
Gxot' amandla obumnyama,
Usilinde, usilwele.

6 Nkosi, siyakutandaza,
Inyama isindekile,
Kangela imipefumlo,
Sigcine sisakulala.

7 Tixo MTriniti Ongcwele,
Wena siyakutandaza,
Sikelel' inzilo yetu,
Ibe neziqàm' ezihle.
Amen.



## 83

[A.M. 94.] 777. Ingoma—A.M. 94.

*Ngamazwi atotyiweyo.*

1 NGALEMINI yako, Nkosi,
Ingekadluli kanye,
Siguqa sitandaza.

2 Yesu, Nkosi, masilile;
Sinike uloyiko,
Umgweb' ungekabikó.

3 Sipè u-Moya wako
Siguqile emnyango
Wako, ungekavalwa.

4 Ngokuhlwa kobunzima,
Ngokukál' utandaza,
Ngokuvuma ukufa,

5 Ngokwako ukulila,
Ngenxa ye-Yerusalem,
Mauhlal' usitanda.

6 Sigushe ngamapiko,
Hleze siswel' ufefe,
Wena ungekafiki. Amen.

## 84

[A.M. 89.] 7777. Ingoma—H.P. 151.

Clarum decus jejunii.

*Ngokuzekelela.*

1 SIFANELWE kuzila,
Kwakukó kumanyange;
Kwangcwaliswa yi-Nkosi,
Yakwenza, yakuteta.

2 Ngokuzila, u-Moses
Wapàtiswa um-Teto;
Kwez' inqwelo yomlilo
Ne-Ngelos' ku-Eliya;

3 No-Danyeli wabona
Imihla yokupéla;
No-Mbàptizi wabika
Amatamsanq' o-Myeni.

4 Senze, Nkosi, sizile
Sitandaze njengabo,
Sizale ngamandl' ako,
Ube luyolo kuti.

5 Sive, Bawo, ngo-Nyana,
Nango-Moya, niba-Nye;
Sikubonga ngomxélo
Kude kube pakade.
Amen.

## 85

[A.M. 626.] 8686. Ingoma—A.M. 626.

1 SONDELA, mpefumlo wam,
Ku-Msindisi wako,
Uw' ezinyaweni zake
Owamkel' aboni.

2 Ndiza ngelilizwi lako
Elibiz' aboni;
Abasindwayo zizono
Njengam nje, Nkosi yam.

3 Zingumtwalo izono zam,
Ndixinwe ngu-Satan;
Zimfazwe pandle, pakati,
Ndisabela kuwe.

4 Yiba li-Káka ne-Gwiba
Lokundikúsela;
Ndimelane nay' umtyóli,
Kub' undifele mna.

5 Lutand' olwandopélayo,
Lwatwal' umnqamlezo!
'Kuz' aboni abanjengam
Bazane netaŕu. Amen.

## 86

[A.M. 93.] 8686. Ingoma—A.M. 93.

1 UNGABUFIHL' ubuso,
Nkos*i*,
Kuba ndingumoni,
Ndakuzililela kuwe
Ngezizono zami.

2 Ungandivaleli, Nkosi,
Maundivulele;
Ndingenise pambi kwako,
Ndizibike kuwe.



3 Zilibale izipóso,
Endikone ngazo;
Andonwabi, Nkosi yami,
Ndakucinga ngazo.

4 Taŕu! Nkosi; taŕu!
Bawo;
Ndiyakutandaza:
Ngalonceba yako, Bawo,
Ndixolelwe mina.
Amen.

## 87

[A.M. 86.] 886.886. Ingoma—A.M. 86.

Summi largitor præmii.

*Makungakáuleziswa.*

1 WEN' otembisa
kubantu
Esona sipó sisiso,
Temba labo bonke;
Yesu, sisondela kuwe,
Yiva xa sizibikayo,
Sifun' ukubona.

2 Sizigweba ngesazela
Sokucing' izono zetu,
Zenteto nokwenza:
Hlamba isazela setu,
Ubabuyise aboni,
Batúlwe umtwalo.

3 Somelezwa ngubanina
Kokutyafa esikuko,
Xa silahlwa nguwe?
Masicocwe ngapakati;
'Ze sitandaze kakuhle,
'Kuze usamkele.

4 Lusikelele uzilo,
Size siti ngalo nati
Sizeyise kanye,
Yakufika i-Pasika,
Singapósw' isidlo sayo;
Siye sifanele.

5 MTriniti, tobela kuti
Uxolelo lwapezulu,
Sikúselwe nguwe;
Sakufikelela kuwe,
Sibubon' ubuso bako,
Sinqule ne-Ngcwele.
Amen

## 88

8888. Ingoma—S.M.T.B. 30.

1 YESU, besikulahlile,
Kanti Wen' ubusifele;
Kodwa namhla sidanile:
Maubuye usamkele.

2 Asisafanele tina
Ukwenzelwa izibele;
Kodwa siyakuti-nina?
Maubuye usamkele.

3 Sinezono ezikulu,
Namhla zisibandezele;
Sikangela ngapezulu:
Maubuye usamkele.

4 Nkosi, Yesu, siyalila,
Tina sikukėdamele;
Sililel' elet' ityala:
Maubuye usamkele.
Amen.

ENYE INGOMA—228.

## 89

8888. Ingoma—A.M. 88.

1 YININA ndingasabeli
Ndibizwa nguwe, Msindisi?
Nguban' onjengawe, Yesu,
Ukubatanda aboni?

2 Undibizela i-Zulu
Nobobomi bapakade;
Zezizono zam zinzulu
Owafayo ngenxa yazo.

3 Ndiyasabela, Msindisi,
Nditi, Nanku ndikò, Nkosi;
Bawo, ndimi pambi kwako,
Ndonakele kukukona.

4 Ndincólile, ndonakele,
Ndimajacu, ndimanxeba,
Ndiyaqwálela, ndiyopá,
Ngenxa yezinto zomhlaba.

5 Ndondele kuwe, Msindisi,
Sendizilahlela kuwe;
Ndamkele ngoko, Nkosi yam,
Ndihlale ndingumntwan' ako. Amen.



## 90

(*Office Hymn.*)

[A.M. 87.] 8888. Ingoma—A.M. 11 [2].

Audi, benigne Conditor.

1 YIVA, Mdali, Sozinceba,
Sipúlapúle ngofefe;
Bona inyembezi zetu
Ngelixesha lokuzila.

2 Intliziyo, nobulwelwe
Betu buyaziwa nguwe:
Sikufuna ngenguquko,
Sixolele ngobubele.

3 Izono zetu zininzi,
Siyazililela ngazo;
Nge-Gama lako pilisa
Imipefumlo efayo.

4 Sip' amandla, 'ze ngozilo
Soyise yonk' iminqweno;
'Ze isind' imipefumlo
Ekudyojweni sisono.

5 Tixo MTriniti Ongcwele,
Wena siyakutandaza,
Sikelel' inzilo yetu,
Ibe neziqám' ezihle.
Amen.

## 91

8886. Ingoma—A.M. 466 [2].

1 TIXO, Yise, owe-Zulu,
Tixo, Nyana, M-
Sindisi,
Tixo, Moya Oyingcwele,
Tařu, Nkosi MTriniti.

2 Bawo, kade sakushiya,
Sizicit' izipó zako,
Namhla sizitoba kuwe;
Unga ungasiva.

3 Kristu, kade sasikona,
Namhla kanye silusizi,
Sitsho kuwe usemtini;
Unga ungasiva.

4 Moya, sakulinga futi,
Salwa nawe, sakudela;
Sililela eliřatshi;
Unga ungasiva.

5 Tando, olwasidalayo,
Tando, olwafel' emtini,
Tando, olusibizayo,
Unga ungasiva.

6 Silapúl' i-Lizwi lako,
Sapambuka endleleni,
Salibala uguquko;
Unga ungasiva.

7 Siyacela upiliso,
Siyacela uxolelo,
Siyacela ukuhlanjwa;
Unga ungasiva.

8 Siyafuna ukubona,
Siyafuna ukúlulo,
Siyafuna ubungcwele;
Unga ungasiva.

9 Uyabev' abanosizi,
Ubabiz' aboni, beze,
Bangabúbi, basindiswe;
Unga ungasiva.
Amen

## 92

## IMBANDEZELO ZIKA-YESU KRISTU

*(Office Hymn.)*

I-CAWA YESIHLANU YE-LENT

[A.M. 96.] 11.11.11.11. *Ingoma—A.M. 96[1].

Vexilla regis prodeunt.

*Ngokuzekelela.*

1 IYAKANY' imfihlelo yomnqamlezo,
Ekwaxómeka kuw' um-Zimb' om-Dali;
Imvan' ibingelelwe ngenxa yetu,
Ngenyawo nangezandl' ibetelelwe.

2 Owahlatywayo ukuz' asihlambe
Wacàpacàpaz' igazi namanzi;
Bikani kwintlanga i-Nkos' ilaula
Ingu-Kumkan' emtini womnqamlezo.

3 Kulomti umhle wongamel' eminye
Kuřoz' i-Gazi lake elimsulwa;
Ngoko wazijaca imbopelelo
Zababanjwe sisono nakukufa.

4 Kuwe Wena ongu-Mmilo-ntatu-Mnye
Indalo yonke mayinik' uzuko;
Yigcine, yalüse ngonapakade
Owayihlangulayo ngomnqamlezo. Amen.

* *Kulungile ukuba bonke bavume i-*Treble *yodwa, ngazwinyo.*



## 93

I-CAWA YAMAHLAMVU

[A.M. 99.] 8888. Ingoma yokuqala—A.M. 99

*Ngokuti-tyàtyásini.*

1 KWELA! kwéla ngobukosi!
Ubuliswa zizwe zonke;
Yandlaliw' indlela yako
Ngamagqabi nangengubo.

2 Kwéla! kwéla ngobukosi!
M-Sindisi wolulamo;
Condobeza ukuhamba,
Uye kuhle ekufeni.

3 Kwéla! kwéla ngobukosi!
Wena, Kristu, qala ngoku
Ukoyisa ababambi,
Ukuf' oku kwa nesono.

4 Kwéla! kwéla ngobukosi!
Kukangelwe zi-Ngelosi,
Zilijonge kalusizi
Elo-Dini elizayo.

5 Kwéla! kwéla ngobukosi!
Imfazw' embi ikufupi;
Nank' u-Yise e-Troneni
Elindel' u-Nyana wake.

6 Kwéla! kwéla ngobukosi!
Yiza kuhle ekufeni;
Butobele ubuhlungu,
Uz' ubuy' upáte, Tixo. Amen.

ENYE INGOMA—43. INGOMA YESIBINI—*eyalo.*

## 94

I-CAWA YAMAHLAMVU

[A.M. 98.] 7676.7676. Ingoma—A.M. 98.

Gloria, laus, et honor.

1 MAKUBEKO uzuko
Ku-Kumkani wetu,
Owabongwa zintsana
Ngengoma zovuyo.

2 Ungu-Kumkani wetu,
Nyana ka-Davide;
Makabongwe ozayo
Egameni le-Nkos*i*.
Makubekó *etc.*

3 Umkosi we-Ngelosi
Uyambonga nawo;
Nabantu, nento zonke,
Babonga besiti,
Makubekó *etc.*

4 Abantu bakudala
Babekuzukisa;
Senz' umtandazo tina
Nendumiso kuwe:
Makubekó *etc.*

5 Bakubonga ngengoma
Ungekav' intlungu;
Sibonga ngazo nati
Wen' Opezu konke.
Makubekó *etc.*

6 Wat' indumiso yabo
Wayamkela, Nkosi,
Nemitandazo yetu
Yamkele ke njalo.
Makubekó *etc.*

Amen.

## 95

[A.M. 111.] 7676.7676. Ingoma—A.M. 111.

O Haupt voll Blut und Wunden.

1 AU! Ntloko et'we-jize
Sitsaba sameva!
Au! Ntloko eyopáyo,
Wavisw' indeleko!
Ufikelwa zimpawu
Zokumka kobomi,
Zizukis' i-Ngelosi,
Noko zigubáyo.

2 Upélelwa ngamandla
Wena kulomzamo,
Nesikizi lokufa
Likuhlut' ubomi:
Hay' intlungu nokufa
Ngokutand' aboni,
Yesu, Mtombo wofefe,
Ungandinik' umva.



3 Malūs olungileyo,
Kwezintlungu zako
Ndikúmbule ngenceba,
Noko ndingeluto:
Ndipantsi komnqamlezo,
Ndopuml' ixa lonke,
Nditemb' utando lwako,
Nobukó bako kum.

## 96

[TR.] Ingoma—A.M. 264.

*Ngamazwi atotyiweyo.*

1 HAMBANI, masiye e-Kálavari,
Sikúmbule intlungu zó-Msindisi,
Siye intliziyo zílusizi,
Simkúmbule owafa ngénxa yetu.

2 Kangelani i-Gazi lisópá limřozo
Kwindawo ngendawo esahámba nje.
Hai, Nkosi, ubunzima bentlúngu zako.
Hai, Nkosi, ubunzima besóno sam!

## 97

[A.M. 104.] 8787.887. Ingoma—A.M. 104

Attolle paulum lumina.

*Ngokuzekelela.*

1 KANGELA ngokólo, moni,
Uguquk' inyaniso;
Licing' ilishwa lokona
Ukuba lisikizi;
Mondele ebetelelwe,
Ngokwasencwadin' ufunde
Ofanel' ukukwazi.

Bon' izandla kwa nenyawo
Zihlatywe 'zikonkwane;
Amalungu atyatyulwe,
Kodwa akanasizatu;
Olunya olungaka!

2 Kangel' intlok' eyopáyo,
Sisitsaba sameva;

3 Akungamalungu odwa,
Nezihlobo zamshiya;
Intswela-mbulelo yomntu
Kumapúl' intliziyo;
Hay' ugxeko nobuhlungu,
Ezaviwa nguy' u-Yesu,
Exolisel' aboni.

4 Ayaziwa ngapambili
Imbandezel' enjalo,
Alwaziw' ololusizi
Lwesikizi lwe-kruse :
Sit' imbángi yobobubi,
Nezontlungu zibukáli
Uziva ngenxa yetu.

5 Káuqiqe kuhle, moni,
Isigwebo sesono ;
Cinga nangalontlawulo
Eyanan' usindiso ;
Engafanga Yen' u-Yesu,
Ubungaba yinina ke ?
Ungumgwetyw' one-tyala.

6 Nkosi, masipép' isono,
Nentambo zika-Satan,
Lomadangaty' apakade
Kwelezikohlakali.
Yesu, siyakubongoza,
Masibe naw' e-Zulwini,
Unapakade nanini.
Amen.

## 98

[A.M. 114.] 8888. Ingoma—B.I. 13.

*Ngamaswi atotyiweyo.*

1 KANIZE kundililisa,
Yizani, nank' u-Msindisi;
Yizani, size kulila ;
Selexónyw' emtin' u-Yesu.

2 Asinakumlilela na
Xa egxekwa ngoluhlobo ?
Kangel' ukujinga kwake ;
U-Yes' usemnqamle-zweni.

3 Bazibetelel' emtini
Izandla nenyawo zake,
Wayegqitywa nalinxano ;
U-Yes' usemnqamle-zweni.

4 Wateta kwa kasixénxe,
Amazwi otando lwake,
Ewatetela abantu ;
U-Yes' usemnqamle-zweni.

5 Masiye ngasemnqamle-zweni,
Ukuze sicátshazelwe
Li-Gaz' elipum' ecaleni ;
U-Yes' usemnqamlezweni.

6 Intliziy' etyumkileyo,
Wen' akuyikuyidela ;
O Nkosi, ngesikutanda,
Kuba Wena wasifela.



## 99

Ingoma—A.M. 264.

1 NANK' u-Mntu ! Nank' u-Mntú ! Nank' u-Mntu !
Amehlo anenyembezi, intloko yóp' igazi ;
Ulukelwe améva, wahlatywa ;
Hai ubunzima búka-Yesu !

2 Akalalanga obúbusuku,
Ulinde etandaza, wáda wawa ;
Usiwa enxityiwe, esiwa ékufeni ;
Hai ubunzima búka-Yesu !

3 Wena usíwa ngabantu,
Wena utwéswa ngabantu,
Watwala úmti wokufa,
Watwala úmti wobomi.

4 Wena, zandla zinámanxeba ;
Wena, nyawo zinámanxeba ;
Wabetelelwa, wápezulu ;
Hai ubunzima búka-Yesu !

5 " Bawo, báxolele !
Baxoléle, Tixo !
Ngokuba bengayázi lento,
Lento báyenzayo."

6 Wena mfondini, ugxekéla nina ?
Wena utandazayo, tandáza kuye,
Ikwanguwe owámkelwayo,
Uyakuhamba naye e-Páradesi.

7 " *Eloi ! Eloi !*
*Lama sábaktani ?*
Tixo ! Tíxo Bawo !
Undilahléle nina ? "

8 Kufike u-Yosefu, wamtúla emtini,
Wamsongela engutyeni kúhle, kuhle,
Wambopa ngengúbo, bamtwala,
Baya kumbeka éncwábeni.

9 Encwábeni, emqólombeni,
Bambek' onokuncéd' abantu;
Bambeka pantsi onokusíz' abantu
Abasélusizini.

10 Kwavalwa kwavingcwá ngelitye,
Lema, lálikulu.
Wena, omehlo angasáboniyo,
Wena, ondlebe zingásevayo,

11 Okuya ubumi ngaséncwábeni,
Encwábeni lika-Lázaro,
Wapuma óbefile,
Wapuma, evuswa lilízwi lako.

12 Hai ilizwi élinamandla!
Zivile imfama, zákangela,
Namhla kúfe Wena,
Kufe Wena, Msindísi wabantu.

13 Wena wasingatá ábantwana:
Wena, Mhlwayeli, wahlwayéla ilizwi;
Wena, ontsimi yako isíti bantu,
Wena, intsimi yako woyilíma ninina?

14 Wena, wayicita í-Tempile,
Wabuya wayaká ngentsuku ézintatu;
Tina zinkedama síti, Yiva,
Yiva, uyaké kámsinyané. Amen.

## 100

[A.M. 108.] 8888. Ingoma—S.S. 148.

*Makungakaulezwa.*

1 NDAKUGQALA umnqamlezo,
Afa kuwo u-Msindisi,
Sendilahla yonk' indyebo,
Ndilidele iratshi lam.



2 Mandingaqáyisi, Nkosi,
Kungengamnqamlezo wako;
Konke endikutandayo,
Ndikuncame ngenxa yake.

3 Kangelan' intloko yake,
Nezandla nenyawo zake;
Hai utando! hai usizi!
Ezidibeneyo kuye.

4 Ukuba ke ubungowam
Wonk' umhlaba nento zawo,
Ngendizenza umnikelo,
Kube kuncinane noko.

5 Kufuneka ubomi bam,
Kwa nengqondo nompefumlo,
Kwa namandla nentliziyo,
Nako konke endinako.

6 Kuye owafel' aboni
Ngobunzima nangosizi,
Makubekó lonk' uzuko
Ngawo onke amaxesha. Amen.

## 101

[A.M. 106.] 8686. Ingoma—A.M. 106.

O Deus, ego amo te.

1 NDIYAKUTANDA, Tixo wam,
Kanti, nditanda nje,
Andicingeli i-Zulu,
Nokupóswa lilo.

2 Ute emtini, Yesu wam,
Wandisingatá mna:
Wanditwalel' ezontlungu
Nezombandezelo,

3 Nentsizi kwa nentutumbo,
Nokubil' igazi,
Nokuf' oku; ngenxa enam,
Ndilutshaba lwako.

4 Andingekutandi na ke,
Yesu Solutando?
Nditsho ndingacing' i-Zulu,
No'ba sisihogo:

5 Kungengatemba lanzuzo,
Ndingafuni mvuzo :
Kungokub' unditandile
Ngokungapéliyo.

6 Ndoti ke ngoko, Nkosi yam,
Nditande Wena lo :
Inguwe nje u-Tixo wam,
Inguw' i-Nkosi yam.

ENYE INGOMA—102.

## 102

[A.M. 112.] 8686. Ingoma—A.M. 112.

Quicumque certum quæritis.

*Ngamazwi atotyiweyo.*

1 NINA bafun' ukupumla
Kwinkatazo zenu,
Kobunzima, namatyala
Asempefumlweni,

2 U-Yes' owabetelelwa,
Wafa ngenxa yenu,
Uyanilangazelela,
Sondelani kuye.

3 Siven' isimemo sake,
Uti ngobubele,
" Yizani kum basindwayo,
Ndonip' ukupumla."

4 Yesu, Vuyo lwa-Ba-ngcwele,
Temba labaginwa,
Siza ngalomazwi ako,
Ngomtandazo wetu.

5 Sihlambe nge-Gazi lako,
Elapálazwayo,
Ubap' intliziyo entsha
Abakufunayo. Amen.

ENYE INGOMA—314.

## 103

[A.M. 100.] 777777. Ingoma—A.M. 100.

Venit e cœlo Mediator alto.

*Ngokunganxámi.*

1 NTOMBI yase-Tsiyone,
Mus' ukuba salila,
Nok' isop' intliziyo ;
Lowo kwatetwa ngaye,
U-Yesu u-Mlamleli,
Ukuzela nopumlo.



2 Umntu esemyezweni
Wangenelwa sisono ;
Esemyezwen' u-Yesu
Wasizuzel' ubomi,
Kokokuzama kwake,
Ekúng' e-Getsemane.

3 Nankw' esitetelela,
Ebongoza u-Yise,
Ezincamela tina,
'Kuze ngomhla womgwebo
" Asule zonk' inyembezi
Kuwo onke amehlo."

4 Malizukiswe ngoko
Elo-Gama likulu,
Apa nase-Zulwini ;
Makubekó uzuko,
Ku-Tixo u-MTriniti,
Ngawo onk' amaxesha.
Amen.

## 104

[A.M. 101.] 6686. Ingoma—E.H. 74.

Sævo dolorum turbine.

1 U-MSINDISI-bantu
Uxónywe emtini
Wehlazo, esiv' intlungu,
Ezel' amanxeba.

2 Kangela izandla
Nezonyawo zake,
Nab' obobuso bungcwele,
Busopá igazi.

3 Au ! esosikálo
Sahlaba u-Nina ;
Akukúpa umpefumlo,
Wamkelwe ngu-Yise.

4 Wanyikim' umhlaba
Kulomti wentlungu ;
Acandeka amancwába,
Kwa nesi-Kúselo.

5 Akanalizwi na,
Kunjenjenje, umntu ?
Makuze uluntu lonke,
Luze kumlilela.

6 Yizan' emnqamlezweni,
Niqubude kuye
Owasifela ngotando,
'Kuze sisindiswe.

7 Udunyiswa, Yesu,
Wena wapakade ;
Z'usikokele, Msindisi,
Usis' e-Zulwini. Amen.

ENYE INGOMA—224.

## 105

[A.M. 107.] 6565. Ingoma yokuqala—A.M. 107.

Viva! viva! Gesú.

1 UZUKO ku-Yesu
Esezintsizini,
Ondipálazele
I-Gazi lake.

2 Ufefe nobomi
Ndizifumana
Ngokokufa kwake
Emnqamlezweni.

3 Umsing' unenywéba
Ngonapakade,
Owahlaulela
Amazwe onke.

4 Igazi 'ka-Abel
Belikálela
Kuwo amazulu
Impindezelo.

5 I-Gazi 'ka-Yesu
Liyakálela
Ku-Tixo u-Yise
Ukuxolelwa.

6 Liyaloyikisa
Utshaba lwetu,
Manx' ifefwa lilo
Imipefumlo.

7 Wakumemelela
Kwa nomhlaba lo,
I-Ngelos' zivuya
Ziyapendula.

8 Wapakamiseni
Amazwi enu:
I-Gazi 'ka-Yesu
Lidumiseni.

INGOMA YESIBINI—D.M.H.B. 25.

ENYE INGOMA—443 [1].

## 106

### *AMACULO ANGAMAZWI ASIXENXE*

ILIZWI LOKUQALA

[A.M. 115.] 7676. Ingoma—A.M. 115.

1 "BAWO, z'ubaxolele,
Benza ngoku-
ngazi:"
Watsho ke u-Msindisi,
Bakumbetelela.

2 Wayengenantsongelo
Kwabo babemsika;
Wabanosizi ngabo,
Wabatandazela.



3 Olosizi nexála
Wayelwenzela mna;
Ndiyalufuna ngoko
Uxolelo lwake.

4 Yabi leliřatshi lam
Elamxóm' emtini;
Nezikonkwane ezo
Zabetelelwa ndim.

5 Kukade ndilidela
Elolizwi lake;
Z'undixolele, Yesu,
Ndenza ngokungazi.

6 Yinina, Solufefe!
Lutando lwenene!
Sindis' abadelayo,
Kuba bengazi nto.
Amen.

ENYE INGOMA—270.

## 107

ILIZWI LESIBINI

8686. Ingoma—A.M. 272.

1 LAQINISA elilizwi,
Lakangel' isela,
Lamemeza, " Ndikúmbule,
Ap' ulaula kóna."

2 " Ngokwenene, ngokwenene,"
Latsho elilizwi,
" Woba nam wena namhla-nje
Kón' ap' e-Paradesi."

3 Lipúlapúlen' ilizwi
Liteta ngenceba;
Lizivulile indlebe
Zolotando lwalo.

4 Ngokwenene, ngokwenene
Lakúlulw' isela:
Lizwi, sikwa yimfesane,
Undikúlule nam.

5 Wena Lizwi lapakade,
Cim' izipóso zam;
Uz' uzilibale kanye
Ngalonceba yako.

6 Wena Lizwi lapakade,
Sikúlule sonke,
Ube nat' e-Paradesi
Ngomhla wokupéla. Amen.

ENYE INGOMA—52.

## 108

ILIZWI LESITATU

[A.M. 117.] 887.887. Ingoma yokuqala—A.M. 117².

*Ngamazwi atotyiweyo.*

Stabat Mater dolorosa.

1 WEM' u-Nina pantsi komti
Abexónywe kuw' u-Yesu,
Wem' elila, kalusizi;
Kuba intliziyo yake
Yeyisiwe kanye namhla,
Yev' ingqanda imhlaba.

2 Hai intlungu! hai usizi!
Wena, Nina wobabalo,
Wokupéla kozelwe;
Hai usizi olunzulu!
Akumbon' ebetelelwe,
Esif' emtin' u-Sobom.

3 Nguwupin' umntwana womntu,
Embona emile kóna,
Ongelil' inyembezi?
Nati, sakumcinga Yena,
Ev' intlungu sezimhlaba,
'Singelili na tina?

4 Ngamatyal' abantu bake,
Selebona Yen' elahlwa,
Nankw' etwesw' ameva nje;
Nankw' esuka e-Gantolo,
Es'w', ebetelelw', eyedwa,
Ezinikel' ekufeni.



5 Yesu, Mtombo wokutanda,
Lunga ngat' utando lwako
Lundivuselele nam,
Lundivutis' intliziyo,
Ndifikelwe nam lutando,
Ndibe nokwamkelwa nam. Amen.

INGOMA YESIBINI—A.M. 117³.

*(Likwafanele i-Culo 241.)*

## 109

ILIZWI LESINE

[A.M. 118.] 777777. Ingoma—A.M. 184.

1 UXONYIWE emtini,
Nkosi, ndilinda kuwe;
Uqánile zintlungu
Ezingelandwe bani;
Zikupéte intlungu,
Ute-matsha, uwedwa.

2 Ute-tú; amaxesha
Amatatu usilwa
Nentshaba, ungumshi-ywa;
Kute-nzwanga ngakuwe,
Lide lifik' ixesha
Lokub' ife i-Mvana.

3 Yiva olonqangazo
Lubékisa pezulu!
Wena, Nyana ka-Yise,
Wena, Mtanjiswa wake,
Angab' ubuzwe nguwe—
"Undishiye nganina?"

4 Nkosi, wakufikelwa
Kukoyik' umpefumlo,
Wen' owev' umvandedwa
Ukuz' uxás' abako,
Teta nam, ize ndazi
Ukuba ukufupi. Amen.

## 110

ILIZWI LESIHLANU

[A.M. 119.] 8886. Ingoma—CAN. H.B. 528¹.

1 NKOSI, ezintaba zimiyo,
Zinkonkoza imitombo,
Ehl' imifula, zezako;
Nok' unxaniweyo.

2 Abev' intlungu zokufa,
Begcuma yimikuhlane,
Wabalilela, Msindisi,
Kón' emnqamlezweni.

3 Nkosi etandekileyo,
Weva intlungu, wanxa-
nwa,
Unxanelw' imipefumlo
Yonyana babantu.

4 Lutando ! ndipé ufefe,
Lundinxanisele Wena,
Wena owoma, wanxanwa,
Unxanelwe mina.
Amen.

## 111

ILIZWI LESITANDATU

[A.M. 120.] 6686. Ingoma—A.M. 120.

*Ngamazwi atotyiweyo.*

1 KUGQITYIWE konke
Ngu-Yes' onotando,
Oweza ngak' emhlabeni
Selekufezile.

2 Intando ka-Yise
Uyifeze yonke ;
Okwaxelwa zizi-Bålo
Kufeziwe mpela.

3 Akukó buhlungu
Bet' angabaziyo :
Intsizi nenzima zetu
Zimhlab' emxélweni.

4 Noko wayemsulwa,
Bamhlaba ngameva ;
Wazitwal' izono zetu,
Ukuze sipile.

5 Wafa ngal' utando,
Wayefela mina ;
Ndisondela kuwe, Dini,
Ndinokólo kuwe.

6 Ndakuya ku-Mgwebi,
Ndobongoza ngeli :—
Wena weza wandifela
Ngalonceba yako.

7 Yesu, z'uhlale nam,
Wanditenga Wena,
Ukuze ndikutande nam,
Ngolotando lwako.
Amen.

ENYE INGOMA—104.

## 112

ILIZWI LESIXENXE

[A.M. 121.] 11.10.11.10. Ingoma—A.M.N. 129.

*Ngamazwi atobekileyo.*

1 NKOSI, uwunikel' umpefumlo wako
Ngoku, ezandleni zika-Yise,
Intloko yako itob' izolile,
Akusapefumli, akusopi.



2 Utobel' intlungu, wavum' ukufa,
Ngenxa yomtwalo wezono zetu ;
Akoyik' ukufa, uf' uzolile,
Unikel' u-Tixo umpefumlo.

3 Ngemini yokupéla, M-Sindisi,
Ndifikelwe busuku, kuluzizi,
Uz'undipefumlele ngowoxolo,
Kwakuba mnyama ndikányisele.

4 Ndikangelis' emnqamlezweni apo,
Ndayame esifubeni sako ;
Ndamkelwe ngezongalo zolulweyo,
Ndize ndipumle nawe, Msindisi. Amen.

## 113

[A.M.N. 137.] 8787. Ingoma—A.M. 122.

1 KUGQITYIWE ! Nkosi
Yesu,
Uncamil' umpefumlo ;
Usifundis' angati-ni
Oka-Tixo ukufa.

2 Sewupumle eliweni
Lomzimba uhlatywayo :
Wen', usuk' e-Kalavari,
Usinga kwelabafi.

3 Kwelo lesitókotóko
Ukukánya kuti-tá,
Yakungena kón' i-Nkosi
Epét' apa nalapo.

4 Nankw' esiza u-Sonceba,
Evela kulomhlaba :
Avis' abavalelweyo
Ukubafela kwake.

5 Imti-jize inkazimlo,
Esondela kwabake :
Bati-manga, bavuyele
Amazwi ak' ofefe.

6 Abakulu bakudala
Bayamngqonga kón'
apo,
Bati, besiv' ezondaba,
Bamnqule, bekóliwe.

7 Naso ecaleni kwake
Isihange, site-nqa :
Sifuman' okwatenjiswa
Kóna emnqamlezweni.

8 Yesu, Nkosi yosindiso,
Ndibabal' inceba nam :
Ize xana ndibúbáyo
Ndibe naw' e-Paradesi.
Amen.

ENYE INGOMA—302[1].

## 114

*I-Litani yembandezelo zika-Yesu Kristu*

[A.M. 467.] 7776. Ingoma—A.M. 467 2.

1 Tixo, Yise, no-Nyana,
Tixo, Moya
Ongcwele,
Niba-Tatu, niba-Nye,
Sisindise, MTriniti.

2 Yesu, owatwalayo
Ukudelwa nosizi,
Sitoba sitandaza :
Sive, Yesu, Ngcwele.

3 Ngexesha lobunzima
Oko e-Getsemane
Kozel' abobatatu,
Sive, Yesu, Ngcwele.

4 Ngomtandaz' owapi-
ndwa
Kwada kwaba katatu,—
" Mayidlule lendebe,"
Sive, Yesu, Ngcwele.

5 Ngokwangiwa ungca-
tshwa
Kuzo intshaba zako,
Ngokupâtwa kakubi,
Sive, Yesu, Ngcwele.

6 Ngokubetw' imivumbo,
Nangengubo ebomvu,
Ngokuhlekisa ngawe,
Sive, Yesu, Ngcwele.

7 Nangayo ingcongolo,
Nesitsaba sameva,
Sibetelwa entloko,
Sive, Yesu, Ngcwele.

8 Ngogxeko lwama-Yuda
Bakufun' u-Barabas,
Bengakuvumi Wena,
Sive, Yesu, Ngcwele.

9 Ngokwako ukupuma,
Usiya ekufeni,
Besiti " Mkuruseshe,"
Sive, Yesu, Ngcwele.

10 Nge-Krus' owayitwala,
Ngendeb' owayalayo,
Yenyongo ne-viniga,
Sive, Yesu, Ngcwele.

11 Ngokubetelelw' oko
Emtini womnqamlezo,
Ngesibâlo kulomti,
Sive, Yesu, Ngcwele.

12 Ngobumnyam' obabukô,
Ngosizi e-Kalvari,
Ngengubo zisabiwa,
Sive, Yesu, Ngcwele.

13 Ngokugxeka kwentshaba
Ezazikubonela,
Zikondel' uqâwuka,
Sive, Yesu, Ngcwele.

14 Ngamazwi asixênxe,
Ngokutoba intloko,
Ubalelwa nabafi,
Sive, Yesu, Ngcwele.



15 Zakuba nobuhlungu
Izihendo ngakuti,
Sakutyaf' ekulweni,
Sisindise, Yesu.

16 Wena okufa kwaba-
Bubomi nokupila,
Side sifele kuwe
Sisindise, Yesu.
Amen.

## 115

*Ibali lomnqamlezo.*

6463. Ingoma—*The Story of the Cross*

I.—UMBUZO

1 Ngubani u-Mntu lo
Wop' igazi,
Nanko elandelwa
Ngabafazi.

2 Unzima lomti bo,
Udiniwe ;
Ukô 'womtwalisa
Esangweni.

3 Bahamba ndlela nye
No-Simone,
Bayatwalisana
Bgalomti.

4 Azi babêka pi,
Betwele nje ?
Lowa upambili,
Ngubani ?

II.—IMPENDULO

5 Hambani ke, siye
E-Kalvari ;
Yena soloko e-
Ngu-Tixo.

6 Nina nimtandayo
Mkangeleni ;
Kaniti-nqumama
Ningemki.

7 Zigqit' intsuku nje
Zalecawa,
Fundan' imbâli yo-
Mnqamlezo.

8 Hin' ! animboni na,
Nihamba nje,
Eyedw' evelile
Pezulu ?

III.—IBALI LOKUBETELELWA EMNQAMLEZWENI

9 Usemnqamlezweni
Ndâkubuka,
Uvisw' intlungw' ezi
Ngenxa yam.

10 Yinin' ! ameva la
Opis' igazi,
Ubetelelwe nje
Ngam ndedwa.

11 Kumti onje kóna
Wonwaba pi ?
Wolala nganina
Emtini ?

12 Hai amanxeba la
Omahlanu !
Izwi losizo lo-
Vela pi ?

13 Kwahlwa kusesemin*i*,
Koyikeka ;
Zat' izalamane
Zema lè.

14 Wanqangaza wat*i*,
" Kugqityiwe,"
Wapum' umpefumlo,
Kwapéla.

15 Káuv' etúka nje
L'ofa naye ;
Kungam, Msindisi, na ?
Kungam na ?

16 Nabaya bekúza
Bete-cwaka,
Bemi kude paya
Abako.

17 Izwi libâliwe
Lipezulu ;
" U-Yes' um-Nazaret',
I-Nkosi."

18 Ubone nto-ni, Nkos*i*,
Endinayo,
Lent' obubunzima
Wabuva ?

IV.—ILIZWI ELIPUMA EMNQAMLEZWENI

19 Mntwana wentlungu zam,
Yondela kum,
Ndifa nje ndikusa
Pezulu.

20 Ute udukile
Ndakufuna,
Ndisikwe yimfesan*e*
Ngomtwan'am.

21 Kungaw' i-Gazi lam
Lapálala,
Ndikuputumile,
Goduka.

22 Ungandilileli,
Ntanda yami ;
Landela uze kum
E-Zulwin*i*.

V.—ISILILO SETU KU-YESU

23 Ndokulandela ke
Ndiye nawe
Esizibeni so-
Kufa nam.

24 Mandiwutwale nam
Umnqamlezo,
Kungabikó nto nxa
Ndinawe.



25 Nkosi, ndamkele mna,
Ndingowako,
Ndincame bonk' aba,
Ndinawe.

26 Hlala kum apa, Nkos*i*,
Ndingahlukan*i*
Nawe ke, kwakusa,
Nanini.

## 116

*IMBALI YEMBALI*

6686. Ingoma—S.S. 52A.

UMNCAMO

1 ENTL' e-tafileni
Ubenqénq' u-Yesu,
Epahliwe ngabafundi
Njengasemihleni.

2 * Kuvut' isibane,
Ngokuba kuhlwile,
Badl' ukudla kwangokuhlwa
Njengasemihleni.

3 * Kuti bakugqiba
Kuhle kuqondeke
Ayimnandi kany' i-Nkosi,
Njengasemihleni.

4 Iyabaxelela
Abantwana bayo,
" Ndinosizi entliz'yweni
Olundigqibayo.

5 " Kukufup' ukufa,
Ukukuruseshwa,
Kukó omnye kuni apa
Ozakundingcatsha.

6 " Tabatan' isonka,
Selani lendebe—
I-Nyama yam, i-Gazi lam,—
Ngokundikúmbula."

7 Kazi ndim na, Nkosi,
Okubulalayo ?
Ndisindise ndihlangule
Kuso esisono.

8 * Xa ndilahla Wena
Ngendingazalwanga,
Ndalibona elilizwe
Nosindiso lwako.

9 * Xa ndilahla Wena
Ndihleli ndifile,
Ndinjengabo o-Satana,
Ndiqalekisiwe.

10 * Bamba isandla sam
Undipakamise,
Ndingeyeli ebubini,
Nditengise ngawe.
Amen.

* Ezi-vesi zingayekwa.

## 117

8787 Ingoma—A.M. 109

I-GETSEMANE

1 LITI-NINA elolizwi?
Ngati ndizakulazi;
Livel' e-Getesemane,
Lilila litandaza.

2 * Liti-nina elolizwi?
Bonke obubusuku
Aliyeki ukukàla,
Lilila litandaza.

3 'Tini-tú, kànimamele,
Nalo lipakamisa—
" Susa, Bawo, le-indebe,
Ukuba uyatanda.

4 " Ukutanda andinako,
Yeyako, yonk' intando;
Susa, Bawo, le-indebe,
Ukuba uyatanda."

5 'Tini-tú ke, elolizwi,
'Nene, lele-Nkosi yam;
Kuhle nina le ingaka,
Id' ilil' itandaze?

6 * Nakaloku ndisaliva,
Noko liya lidamba,
Njengelomntu onca-mayo,
Oxolela ukufa.

7 * Lite-cwaka elolizwi,
Ngoku akatandazi;
Ugqibile womelele,
Uyavuma ukufa.

8 * Kangelani nibukele,
Nina ninezibindi;
I-Ngonyama yakwa-Yuda
Iyavuma ukufa.

9 Inikela izilahla
Kwabangenalusizi;
Bayibopa kalukuni,
Ivume njengexwàne.

10 Babanek' obak' ubuso
Obebubil' igazi,
Kube kòna bambopayo,
Avume njengexwàne.

11 * Kangelani nibukele,
Nina ninezibindi;
U-Somandla ka-Yakobi
Uyavuma ukufa.

12 * Uwagobile amandla
Adala into zonke;
Umi yedwa, wayitinta
Imikosi ye-Zulu.

13 Ngazo ezontlungu zako
Zase-Getesemane,
Ndixolele ndisindise,
Mvana engu-Tixo wam. Amen.

* Ezi-vesi zingayekwa.



## 118

I-KALAVARI

8888. Ingoma—OXF. H.B. 309.

*Wabandezeleka*

1 KUKO umntu onentsizi
Ongafaniyo nabantu;
Kukò umntu onamashwa
Angenakubaliseka.

2 Ubetiwe ebusweni,
Bafuseka zizisihla;
Leyo ntloko yom-Nazari
Bayitwalisa ameva.

3 Ebemelwe kukusinda
Enkundleni ka-Pilato;
Kwaba lap' ancamileyo,
Ebencamile kakade.

4 Wapum' apo egwetyiwe,
Sebembete imivumbo;
Watwaliswa i-kuruse
Yake, ay' e-Kalavari.

5 * Kulitub' e-Kalavari
Kotweleyo i-kuruse,
Ote bonke ubusuku
Akalala ngamaxàla.

6 * Kulitub' e-Kalavari
Kotweleyo i-kuruse,
Ote oko kute kwasa
Akadla nto, akasela

7 * Kulitub' e-Kalavari
Kotweleyo i-kuruse,
Oyakuf' ashiy' u-Nina
Nabo abafundi bake.

8 Kulitub' e-Kalavari
Kotweleyo i-kuruse,
Elilel' uhlanga lwake,
Ewe, kwa u-Sirayeli.

9 * Ngoku esosiqu sake
Kukusindwa siqonile,
Imilenze idiniwe,
Ngoku iyagevezela.

10 Ngok' uyawa, ngok' uyawa
Kukusindwa ngumnqa-mlezo,
Onk' amandla apèlile,
Ngoku umbòleka pantsi.

11 * Ngapezulu i-kuruse
Iyamxinzelela kanye,
Id' itwalwe ngu-Simone,
Lowo owase-Kirene.

12 * Kancinane uyavuka,
Ngati ngowenzakeleyo;
Noko uyazomeleza
Ad' afik' e-Kalavari.

* Ezi-vesi zingayekwa.

13 * Umbonile ungemazi
Okokuba angu-Yesu,
Ngulo-Nyana wat'
u-Tixo,
" Ungotandiweyo
ndimi."

14 Kånimsule, bantu bake,
Ngazo ezoqiya zenu :
Kånimhlambe nge-
nyembezi,
Ewe, ungu-Tixo wenu.

## 119

8686. Ingoma—A.M.N. 521.

*Wakuruseshwa*

1 KUFIKIW' e-Kalavari,
Induli yokufa,
Namadoda amatatu
Aza kubulawa.

2 Umlisela ka-Kesare
Ongenalusizi
Uyampånga izivato,
Wabelana ngazo.

3 Uyamhlut' ingubo yake
Enqwenelekayo,
Uti, " Ndaule, sixelele
Eyoba yeyake."

4 Pezu kwayo i-kuruse
Elaliswe pantsi,
Ngobûduzo lwezigwinta
Bayamtyeneneza.

5 Ezandleni, enyaweni
Bayabetelela,
Ziyangen' izikonkwane,
Ziŕazul' inyama.

6 Ngako konke ukungena
Kwezozikonkwane
Kuvakal' incwin' eŕaŕa,
Incwina yomxélo.

7 Ngako konke ukubeta
Kwezozando zabo
Liyatsits' i-Gazi lake,
Lisopéla pantsi.

8 Ngalo elo-Gazi lako
Lop' e-Kalavari
Z'undihlambe ezonweni,
Tixo wenyaniso.
Amen.

* Ezi-vesi zingayekwa.



## 120

8686. Ingoma—A.M.N. 125.

*Wafa*

1 ZIMISIWE i-kuruse
Ngobutatu bazo,
Eye-Nkosi ipakati,
Ibåliwe ngentla.

2 Kuy' ukufa kuyafika,
Kuza kumkúlula,
Njengomhlob' oza
kunceda
Osezintsizini.

3 Koko intliziyo yake
Isezigusheni,
Umalūs' Olungileyo
Uf' ezisindisa.

4 Ngabo abambulalayo
Ut' ukutandaza :—
" Bawo, aba baxolele,
Benza bengazi nto."

5 Noko ajingayo apo
Litandaz' isela,
Uti kulo, " Woba nami
Namhl' e-Paradesi."

6 Uyambon' ukub' u-Nina
Namhl' akanabani,
Bayawev' amazwi ake
Ayaleza ngawo :—

7 " Mfazi, nank' unyana
wako " ;
" Mfana, nank'
u-Nyoko " ;
Ubashiya nomyolelo,
Ize bagcinane.

8 Ngobuhlungu abuvayo
Uyadanduluka,
Uyabuza kongu-Yise
Isizatu soku.

9 " *Eloi, Eloi*, O Tixo wam,
*Lama sabaktani* ;
Kunganina, O Tixo
wam,
Ukub' undilahle ? "

10 Uti ngoku, " Ndinxa-
niwe,"
Bampê i-viniga ;
Akuyiva uyapúza,
Ati, " Kugqityiwe."

11 Ati, " Bawo, umoya
wam
Ndiwunika Wena ;
Bawo, ndiyawuyaleza
Ezandleni zako."

12 Atsho awaval' amehlo,
Ayitob' intloko ;
Awaval' amehlo ake,
Kanti kukupéla.

## 121

8686. Ingoma—A.M. 93.

*Ukugwazwa*

1 UPELILE, upélile,
U-Yesu ufile,
Nasi isidumbu sake,
Sindimangalele.

2 * Upélile, upélile,
U-Yesu ufile,
Onke lamanxeba ake
Andimangalele.

3 * Upélile, upélile,
U-Yesu ufile,
Yonke lemivumbo yake
Indimangalele.

4 Ndinetyala elikulu,
Andingelifezi;
Ndiyamfun' u-Mteteleli,
Andibongozele.

5 * Upélile, upélile,
U-Yesu ufile,
Wawaval' amehlo ake,
Enditandazele.

6 Ngalomandla omtandazo
Liyamkelw' idini;
Ngalomandla omtandazo
Watimb' amaxóba.

7 Upélile, bayamhlaba
Noko ecaleni,
Kuyapuma enxebeni
Amanzi negazi.

8 Ngako oko amanz' akó
Kwi-kerike zetu;
Ngalomanz' entlambululo—
Awo-Bápatizo.

9 Lowom-Zimba nelo-Gazi
Ziyafika kuti;
Seso-Sonka ne-Veyine
Em-Tendelekweni.

10 * "Ndipé, ndipé, ndilambile,
Mfundisi ka-Yesu,
Eso-Sonka singum-Zimba,
Sicaka se-Nkosi.

11 * "Ndipé, ndipé, ndinxaniwe,
Wena mbingeleli,
Lo-Veyine ili-Gazi,
Situnywa se-Nkosi.

12 * "Ndizolula izandla zam,
Toba undinike;
Ndikúmbule i-Nkosi yam
Eyandifelayo."

* Ezi-vesi zingayekwa.



## 122

8686. Ingoma—A.M. 90.

WANCWATYWA

1 UPELILE, upélile,
U-Yesu ufile;
Kwezonduma buqabele
Ubuhle be-Zulu.

2 Qwalasela ebusweni,
Bakumbeka pantsi;
Nal' uxolo luyalata
Osinge ku-Tixo.

3 Qwalasela ebusweni,
Ngoku aleleyo;
Nal' utando lusahleli,
Lusahleli njalo.

4 Qwalasela ebusweni,
Funda inyaniso;
Ibáliwe ngalamazwi,
"Ndingu-Tixo wenu."

5 Upélile, upélile,
U-Yesu ufile;
Bayamncwába emweweni
Wase-Kalavari.

6 Bakudlula obubomi,
Nkosi, ndikúmbule,
Undamkele ke, Mhlekazi,
Ekáyeni lako. Amen.

# I-PASIKA

## 123

8686. Ingoma—OXF. H.B. 224[1].

I-EMAWUSI

1 AZITSHANGA n' intliziyo,
Xa sisendleleni,
Akufika umfokazi
Esingamaziyo?

2 * Azitshanga n' intliziyo,
Akuvul' umlomo,
Esibuz' usizi lwetu
Olusentliz'yweni?

3 * Azitshanga n' intliziyo,
Sipendule kubi,—
"Nguwe wedwa n' ongaziyo
Ukufa ko-Yesu"?

4 Azitshanga n' intliziyo,
Simbikel' indaba—
Ambulele ama-Yuda
Kunye no-Pilato?

* Ezi-vesi zingayekwa.

5 * Azitshanga n' intliziyo,
Sisitsho ngosizi,
" Sibe siba wokúlula
Ama-Sirayeli " ?

6 * Azitshanga n' intliziyo,
Sisitsho ngodano,
" Kodwa ngoku, ngok' ufile,
Lifile netemba " ?

7 Azitshanga n' intliziyo,
Akusipendula
Ngezi-Bálo ezingcwele,
Ezingo-Msindisi ?

8 Azitshanga n' intliziyo,
Akusifundisa
Ngezanuse zika-Tixo,
Zibik' u-Mesiya ?

9 Azitshanga n' intliziyo,
Akusivumela
Ukungena nat' endlini,
Kwakuba kuhlwile ?

10 Azitshanga n' intliziyo,
Akutat' isonka,
Esapúla waqèzula,
Ebulel' u-Tixo ?

11 Azitshanga n' intliziyo,
Zakusikúmbula
Esosimbó sombulelo,
Samazwi e-Nkosi ?

12 Azitshanga n' intliziyo,
Sakukangelisa,
Sakumbon' enguye kanye
U-Kristu i-Nkosi ?

13 * Azitshanga n' intliziyo,
Sakumqonda mhlope
Ngobobuso, ngelolizwi,
U-Kristu i-Nkosi ?

14 Azitshanga n' intliziyo,
Sakumqonda mhlope
Ngalomehlo anotando
U-Kristu i-Nkosi ?

15 * Azitshanga n' intliziyo,
Sakumqonda mhlope
Ngelobunzi, ngezonwele,
U-Kristu i-Nkosi ?

16 * Azitshanga n' intliziyo,
Sakumqonda mhlope
Ngesitómo sokukúla
U-Kristu i-Nkosi ?

17 Azitshanga n' intliziyo,
Sisiv' elolitá
Lobu-Tixo obunguye
U-Kristu i-Nkosi ?

18 Ewe, ewe ngokwenene.
Sofa siti " Ewe,"
Ew', u-Kristu uvukile,
U-Kristu i-Nkosi.

* Ezi-vesi zingayekwa.



## 124

[A.M. 130.] * Ingoma—E.H. 626ⁱ.
888 no-Aliluya

O filii et filiæ

Aliluya ! Aliluya ! Aliluya !

1 BONYANA bam, zintombi zam,
I-Nkosi yobuqaqauli
Ivukile kumanyange !
Aliluya !

2 U-Madelina, no-Mari
Ka-Yakobi, no-Salome,
Beza kumtambis' u-Yesu.
Aliluya !

3 I-Situnywa sasihleli,
Site-wamb' ingub' emhlope,
Sat', " Uvukil', akakw' apa."
Aliluya !

4 Xa babehlanganisene,
Gqi ! yatsho pakati, yati,
" Uxolo malube nani."
Aliluya !

5 U-Tomas, akuv' ukuba
Bayibonile i-Nkosi,
Wati, " Andisokukólwa."
Aliluya !

6 " Tomas, bona izandla zam,
Fak' esako ecaleni ;
Ungabi ngongakólwayo."
Aliluya !

* *Kulungile ukuba bonke bavume i-*Treble *yodwa, ngaswinye.*

7 Xana wabonay' u-Tomas
Icala nezandla zake,
Wati, " Nkosi yam, Tixo wam ! "
Aliluya !

8 Kwabate bengabonanga
Bakólwa noko, luyolo ;
Banobomi bapakade.
Aliluya !

9 Ngumhla wovuy' olukulu,
Ewenziley' i-Nkos' etu :
Siyagcoba nati ngawo !
Aliluya !

## 125

[A.M. 504.] 6686. Ingoma yokuqala—*eyalo.*

1 I-NKOS' ivukile ;
Ifezile konke :
Likweyisile ukufa
Igoŕ' elikulu.

2 I-Nkos' ivukile ;
Hades, udanile !
Ivuka nabakúlulwa,
Eyakubalaula.

3 I-Nkos' ivukile ;
Ayisokub' ife :
Icamagushel' aboni,
Eyabafelayo.

4 I-Nkos' ivukile ;
Yivani, Zitunywa !
Zivakalisen' e-Zulwini
Indaba zovuyo.

5 Ipin' imiŕube ?
Betani ngovuyo,
Kunye nomkosi we-Zulu :
I-Nkos' ivukile.

INGOMA YESIBINI—A.M. 393.



## 126

[A.M. 126.] 8888. Ingoma—A.M. 126[1].

Isiqendu I

Aurora lucis rutilat

1 IZULU liyakázimla,
Livuma ezoloyiso ;
Umhlaba uyatélela,
Isihogo siyancwina.

2 U-Kumkani wokumkani
Uza nabo a-Bangcwele,
Ubaŕol' ebumnyameni,
Kufil' ukufa nomhlaba.

3 Bebelindil' abalindi,
Nelitye belitywiniwe ;
Kodwa nanko enatuza—
Ukweyisile ukufa.

4 Isihogo sivaliwe,
Kwa nezila lipélile ;
I-Ngelosi itetile,
Yat', " I-Nkosi ivukile ".

Isiqendu II

5 Kwanzima kuba-Postile
Ukubon' i-Nkosi yabo
Isikwa ngabantu bayo,
Ngokungati inukiwe.

6 I-Ngelosi encwábem
Itet' eli kubafazi,—
" I-Nkosi yon' ivukile,
Noyibona e-Galili."

7 Bagidima ba'kubika
Indab' ezivuyisayo :
Bahlangana no-Msindisi,
Baw' ezinyaweni zake.

8 Bagidim' aba-Postile
Ukusinga e-Galili,
Beya kuyibon' i-Nkosi,
Njengokuba yayitshilo.

Isiqendu III

9 Yayimnandi lo-Pasika,
Nelanga lalidlalisa,
Bakubon' aba-Postile
I-Nkosi yab' ivukile.

10 Yababonis' amanxeba
Ezandlen', ezinyaweni,
Ecaleni : umqondiso
Wokokuba yiyo kanye.

11 Yesu, Kumkani we-
mbéko,
Tabat' intliziyo zetu,
Senze umbulelo ngazo,
Side siye ekufeni.

*Ezi-vesi maziculwe emva kwazo zonke iziqendu ngazinye*

12 Hlala nati, Nkosi yetu,
Ngale-Pasika imnandi;
Kuwo amaŕel' okufa
Uz' ube likâka letu.

13 Siyakudumisa, Nkosi,
Evukiley' ekufeni;
Nawe, Bawo, nawe, Moya,
Kude kus' epakadeni.

ENYE INGOMA—131.

## 127

6686. Ingoma—A.M.N. 557.

1 KWATI kusemnyama
Kwesuk' abafazi,
Bay' encwâbeni le-Nkosi,
Bepêt' ubuqôlo.

2 Yafik' i-Ngelosi,
Ivel' e-Zulwini,
Yaliqengqa elolitye
Lalival' incwâba.

3 Boyik' abafazi,
Bakubon' i-Ngelosi
Ihleli ngasencwâbeni,
Ikangele kubo.

4 " Uvukil' u-Kristu,
Yizani nibone
Ap' ibilele kôn' i-Nkosi,"
Yatsho i-Ngelosi.

5 " Yizani nibone,
Naz' izisongelo
Ebisongelwe kuz' i-Nkosi,"
Yatsho ngokuvuya.

6 Nati, Nkosi yetu,
Size encwâbeni;
Asizanga nabuqôlo,
Size nenyembezi.

7 Uvukil' u-Kristu,
Yizani nibone
Ap' ibilele kôn' i-Nkosi,
Pezu kwe-Altare.

8 Yizani nibone,
Naz' izisongelo
Ebisongelwe kuz' i-Nkosi,
Pezu kwe-Altare.

9 Tabatan' amandla
Ngokudla lom-Zimba,
Nangokusel' elo-Gazi
Lowanifelayo.

10 Uzuko ku-Yise,
Nakuye u-Nyana,
Naku-Moya Oyingcwele,
Kus' epakadeni. Amen

ENYE INGOMA—125$^2$.



## 128

[A.M. 132.] 7676.7676. Ingoma—A.M. 132.

'Αναστάσεως ἡμέρα

1 LO ngumhla wokuvuka!
Wuvakaliseni;
Yi-Pasika yovuyo,
Eka-Tixo yona.
Useyisel' ukufa
Owetu u-Kristu;
Wuhlaben' ube banzi
Ngengoma zovuyo.

2 Ezetu intliziyo
Masizenze nyulu,
'Ze siyibon' i-Nkosi
Ngokânyo lovuko;
Sililalel' ilizwi
Elipuma kuye,
Liti kuti, " Vuyani; "
Sitêlele nati.

3 Makagcob' amazulu,
Uhlabel' umhlaba,
Nelimiweyo lonke
Malimemelele:
Izint' ezibonwayo,
Nezingabonwayo,
Mazitsho ngezw' elinye,
" U-Krist' uvukile."
Amen.

ENYE INGOMA—289$^1$.

## 129

[A.M. 133.] 6666.6666. Ingoma—OXF. H.B. 302$^2$.

'Αἴσωμεν πάντες λαοί.

1 MASIGCOBE namhla,
Kristu, sikubonge,
Osikûluleyo
Ekukêdameni;
Wasitul' umtwalo
We-Yiput' onzima,
Wasigabulela
Olu-Bomv' ulwandle.

2 Owalal' ukufa
Waba ntsuku ntatu,
Upumele tina,
Langa lapakade;
Yonk' inkohlakalo
Yetu, njengengqele,
Seyinyibilika
'Kubalela kwako.

3 Onke amaxesha
Onganyelwe leli,
Sinom-Tendeleko
Osivuyisayo.
Tina bendlu yako,
I-Yerusaleme,
Wenze simemeze
Ngokuvuka kwako.

4 Siyakudumisa,
Siti, Aliluya,
Nkosi yapakade,
Eyoyis' ukufa;
Kwa nakuwe, Bawo,
Siti, Aliluya;
Aliluya kuwe,
Moya Oyingcwele.

ENYE INGOMA—182.

## 130

[A.M. 499.] 8783. Ingoma yokuqala—*eyalo.*

*Makungatsalwa.*

1 NGALONTSASA yokuvuka
Umpefumlo nomzimba
Yopind' ukudityaniswa
Ngovuyo.

2 Kut'wa mayahlulw' umzuzu,
Uz' upumle umzimba,
Ulindel' ekuzoleni
Lomini.

3 Okomzuzu, udiniwe,
Ulalisw' encwábeni,
Kude kuse lo-Pasika
Inkulu.

4 Kodwa wona umpefumlo
Usahlel' utandaza:
Ngalomini wogqabukel'
Engomeni.

5 Yakupind' ukudibana
Ayisoze yahlulwe:
Ivukil' imfuz' u-Kristu
Yokólwa.

6 Hai ubuhle! hai uvuyo!
Lwalomini yovuko,
Olungasayikupéla
Nanini.



7 Ngalo-Pasika imnandi
Amancwába oba zé:
Yise, dade, mntwana, nina—
Bohlangan*a.*

8 Kulontlanganiso intle
Sifikise, soloko
Site-nca emnqamlezweni
Wako, Nkos*i*. Amen.

INGOMA YESIBINI—C.H. 174.

## 131

(*Office Hymn.*)

[A.M. 128.] 8888. Ingoma—A.M.N. 142 [S].

Ad cenam Agni providi

1 SANGA singambong' u-Yesu,
Ozinxibo zake zihle;
Masivume ngokuvuya
Ku-Yes' u-Kumkani wetu.

2 Usitengile ngom-Zimba
Wak' obusemnqamlezweni;
Ngokusel' i-Gazi lake
Buku-Tix' ubomi betu.

3 U-Krist' i-Pasika yetu
Uxéliw' engenasono;
Isi-Sonk' i-Nyama yake,
Inikelelwe omtina.

4 Uvukile encwábeni;
Unamandl' okusindisa.
Usikónxil' isigwinta,
Wasizuzel' i-Parades*i*.

5 Amshiy' u-Far' ongendawo
Amatengwa, ekúlulwe ;
Akúselwa ebusuku
Kwi-Ngelos' ebulalayo.

6 Din' elifezekileyo !
Isihogo soyisiwe ;
Bakúlulwa abatinjwa,
Buyanikw' ubomi nguwe.

7 Kuwe, Nkos' evukileyo,
Makunikwe lonk' udumo ;
Naku-Yise ngokunjalo,
Naku-Moya, maxa onke. Amen.

## 132

8888. Ingoma—A.M. 552.

*Ngokuzekelela.*

1 SANGO esongena ngalo
SE-Bótweni lapezulu,
Kuba ongen' engangeni
Ngawe, lisela nbáda.

2 Ulivulile incwába,
Uvela e-Hades namhla ;
Yakusiz' ingalo yako,
Unamandl' okusindisa.

3 Msindisi, akusantlitwa,
Wena akusatshicelwa,
Wena akusambàtyulwa,
Wen' akusasinekelwa.

4 Amaqamesi okufa
Selenqunyuliwe nguwe,
Zabúnyulwa izilauli
Ngokufa okufileyo.

5 Zamkelele ubukosi,
Ucite inkohlakalo,
Wena Tshawe lama-tshawe,
Ngokutimb' umzi ka-Mtyóli. Amen

ENYE INGOMA—304.



## 133

[A.M. 140.] Ingoma— A.M. 140[1].

7878 no-Aliluya.

Jesus lebt.

1 UHLELI yen' u-Yesu !
Kufa, asisakoyiki ;
Uhleli ! sazi ngoko,
Ncwába, akusenamandla.
Aliluya !

2 Uhleli ! kuz' ukufa
Kube lisango lobomi ;
Oku kosip' uxolo,
Sakudlul' emnyango wako.
Aliluya !

3 Uhleli ! wasifela ;
Nati sopilela Yena ;
Sibe ngcwel' entliz'yweni,
Simdumise u-Mkúluli.
Aliluya !

4 Uhleli ! ngokwenene
Asinakwahlulwa kuye ;
Saye sigcinwe nguye
Ebomini, ekufeni.
Aliluya !

5 Uhleli ! selenikwe
Lonk' igunya emhlabeni ;
Singa singamlandela,
Sibe naye e-Zulwini.
Aliluya ! Amen.

## 134

[A.M. 136.] Ingoma—A.M. 136.

7777 no-Aliluya.

Christus ist erstanden.

1 U-KRISTU uvukile,
Wayicit' imivalo,
Yivani ! i-Ngelosi
Ziyavuma pezulu,
Aliluya.

2 Lowo wasifelayo
Watwala ubunzima,
Namhla uyi-Pasika,
Ngoku sovuma siti,
Aliluya.

3 Lowo watwal' intlungu,
Pezu kwaw' umnqamlezo,
Ngoku usenyangweni
Esicamagushela.
Aliluya.

4 Lowo ubencwàtyiwe,
Uzukisiwe ngoku,
Ati onk' ama-Kristu,
" I-Mvana iyi-Nkosi."
Aliluya.

5 Iti masibatyele
Abalahlekileyo ;
Naboni boxolelwa,
Nati soy' e-Zulwini.
Aliluya.

6 Kristu, uyi-Pasika,
Sondle ngoko, Mkùluli,
Susa izono zetu ;
Masivume sisiti,
Aliluya. Amen.

## 135

[A.M. 135.] Ingoma—A.M. 135.

888 no-Aliluya.

Finita jam sunt prælia.

*Ngomxèlo.*

Aliluya ! Aliluya ! Aliluya !

1 UKULWA sekupélile ;
Uloyiso lolwe-Nkosi ;
He ! vumani, nidumise ;
Aliluya !

2 Amandl' okuf' ancamile
Selecitiwe ngu-Yesu ;
Makubongwe kudu-
nyiswe ;
Aliluya !

3 Uvukile, eyi-Nkosi,
Wopàta yonk' imikosi ;
Masicule ne-Ngelosi,
Aliluya !

4 Sivaliwe isihogo ;
Sesivulelwe i-Zulu ;
Sitsho, sixela ngeculo,
Aliluya !

5 Ekufeni sikùlule
Ngezontlungu wazivayo,
Size sikubonge futi,
Aliluya ! Amen.



## 136

[A.M. 131.] 7777·7777· Ingoma—A.M. 131.

Victimæ Paschali.

1 UVUKILE u-Kristu ;
Fezan' izibambiso ;
Nikelan' indumiso
Ezinyaweni ze-Nkos*i* ;
Osipàlazel' i-Gaz*i*
Simbulele sisiti,
" Uvukile u-Kristu ;
Uhleli, akasafi."

2 U-Kristu, ongumtyólwa,
Usitengel' uxolo ;
Kuxolelwa bonk' abon*i*
Ngalo i-Gazi lake.
Tina siyambulisa
U-Mkùluli, sisiti,
" Uvukile u-Kristu ;
Uhleli, akasafi."

3 Owasivel' ukufa,
Uvukil' ekufeni,
Ululibo lwencwàba,
Nobomi bamakólwa.
Au ! Temba lase-Zulwin*i*,
Kumkani wokoyisa,
Nkosi edumileyo,
Sincede, sisindise.
Amen.

## 137

[A.M. 134.] Ingoma—A.M. 134¹.

8888 no-Aliluya.

[Surrexit Christus hodie.]

*Ngokuzekelela.*

1 UVUKIL' u-Yesu namhla, Aliluya !
Ngumhla wetu wokuvuya, Aliluya !
Oké wafa ngenxa yetu, Aliluya !
Usikùlul' ekufeni. Aliluya !

2 Masivume amaculo, Aliluya !
Ku-Yesu i-Nkosi yetu, Aliluya !
Obeziva ezontlungu, Aliluya !
Ngenxa yosindiso lwetu. Aliluya !

3 Ezontlungu abeziva, Aliluya !
Zisisindisile tina ; Aliluya !
Namhla upêt' ubukosi, Aliluya !
Edunyiswa zi-Ngelosi. Aliluya !

## 138

[H. COMP. 204.] 6666.88. Ingoma—A.M.N. 636.

1 YINTSASA yovuyo,
Woyisil' incwâba,
Uvukil' u-Msindisi,
U-Solusindiso :
Kokel' abatinjwa bako ;
U-Yes' uhlel' obefile !

2 Nguban' owotyóla
Abo bafelweyo ?
Nguban' owogweba
Abagwetyelweyo ?
Kokel' abatinjwa bako ;
U-Yes' uhlel' obefile !

3 Wenza intaulelo,
Wakufeza konke ;
Wasiseko setu ;
Soyisile ngawe :
Kokel' abatinjwa bako ;
U-Yes' uhlel' obefile !

ENYE INGOMA—178.

## 139

### IMIHLA EMITATU EYANDULELA UMHLA WOKUNYUKELA KWE-NKOSI

(*Rogation Days.*)

[A.M. 142.] 6666.88. Ingoma yokuqala—A.M. 142.

1 SOSINGA ku-Tixo,
Sililel' inceba ;
Sive sizibika,
Sikubone, Tixo.
Yolul' isandla samandla,
Sikelel' izwe lobawo.

2 Nkosi yezihlwele,
Vuka ngamandl' ako,
Kwèlelisa kuti
Okuzis' isono.
Yolul' isandla samandla,
Sikelel' izwe lobawo.



3 Sigalelele ke,
Izipó ze-Zulu,
'Ze sikudumise,
Sikupakamise.
Yolul' isandla samandla,
Sikelel' izwe lobawo.

4 Izipâta-mandla
Zipė ubulumko ;
Zilaule kakuhle,
Zizicaka zako.
Yolul' isandla samandla,
Sikelel' izwe lobawo.

5 Vuselel' i-Bandla,
Pemba kul' utando,
Bopa babe banye,
'Ze banyaniseke.
Yolul' isandla samandla,
Sikelel' izwe lobawo.

6 Abalūsi-mhlambi
Banik' ubabalo,
Baxóbis' amandla,
'Ze banyaniseke.
Yolul' isandla samandla,
Sikelel' izwe lobawo.

7 Sitand' indlu yako,
Sigcin' umhla wako,
Siwazise kuwe
Amadinga etu.
Yolul' isandla samandla,
Sikelel' izwe lobawo.

8 Makube luxolo
Ngexa letu, Nkosi ;
Singonakalisi
Ubukulu bako.
Yolul' isandla samandla,
Sikelel' izwe lobawo.

9 Noko sizinqambi,
Singabako, Nkosi ;
Asingab' abomnye,
Ungu-Tixo wetu.
Yolul' isandla samandla,
Sikelel' izwe lobawo.
Amen.

INGOMA YESIBINI—A.M. 417.

*Eliculo linokuvunywa nangawapina amaxesha.*

## 140

[A.M. 361.] 888888. Ingoma—A.M. 370.

UKUHANJISWA KWE-LIZWI

1 KUVAKELE isikâlo
Sipum' e-Makedoniya,
Sesibongozayo sona,
Siyoyisa ngomtandazo ;
Sisikâlo sompefumlo,
" Welani nisize, sâfa."

2 Ehl' intlokom' inosizi !
Kub' izwe lisesemnyameni ;
Ngaba babiza kwabaya
Ngo-Tand' olutanda bonke ;
Nabo besitsho, " Hinani,
Bapilileyo, sâbúbá ! "

3 Izwe lona lixwileke
Zizikálo ezizimbi ;
Ligqunywe kokukomhlaba,
Ayinakupúlapúlwa
Nalendanduluko, iti,
" Sizani, sada sabúbá ! "

4 Kwa kunye nesosikálo
Kuhamb' inqwelo ka-Kristu ;
" Ndiyeza ; ong' angasinda,
Makalungis' indlela yam ;
Nelam izwi likwak' apo ;
Sizani ababúbáyo."

5 Yesu, Wena Nyana womntu,
Sesako esosikálo ;
Vus' ezintliziyo zetu
Sisiv' isikálo sabo ;
Uze usisize nati
Sibasize, singąbúbi ! Amen.

## 141

[A.M. 358.] 7676.7676. Ingoma—C.H.O. 290.

1 KWEZONTABA zengqele
Zezwe lase-Green-
land,
Kumanxweme amhlope
Alé e-Indiya,
Babiza besikóba,
Siy' ezweni labo,
Kwintambo zolahleko
'Ze silikúlule.

2 Kweshushu imitombo
Yalap' e-Afrika,
Kwintili nemilambo
Nantso intlokoma ;
Babiza, besikóba
Siy' ezweni labo.
Kwintambo zolahleko
'Ze silikúlule.



3 Nangon' umoy' unuka
'Buqólo e-Selon,
Nezwe lonke lilihle,
Kuncól' umntu yedwa ;
Izipó zika-Tixo
Zifana zipiwa,
Um-heden' ngokungazi
Ukonz' izidalwa.

4 Singati na, sibona
Ngokányo lwe-Zulu,
Sifihle isibane
Kwabangaboniyo ?
Memezan' usindiso,
Kuve nabakude,
Balazi elo-Gama
Lo-Mesiya wabo.

5 Yiqúbeni, mimoya,
Nani manzi nonke,
Lembáli yo-Msindisi,
Iligqib' ilizwe,
Lihlambuluke lonke ;
It' i-Mvan' ibuya,
Isiza kulilaula,
Ifike ngovuyo. Amen.

EZINYE INGOMA—184, 349.

## 142

[A.M. 362.] 8787.8787. Ingoma—A.M. 362.

1 NKOSI, lilindil' i-
Bandla,
Lova nin' ihlabati ?
Konqamka nin' ukulila ?
Lozala nin' idinga ?
Nango namasimi ngoku
Elinde abavuni ;
U-Nyana wako efe nje,
Lelikaban' ixóba ?

2 Zitunyelwe bonk' indaba,
Uninz' alukaziva ;
Bova bengaviswanga na ?
Somandla, lihlab' izwi
Kwelimiweyo lipéla ;
Ixilongo le-Lizwi
Malivise usindiso,
Nakwezikud' indawo.

3 Kufike ke isipélo :
Abanyulwa bengene,
Behleli ne-Nkosi yabo,
Umtyóli ekónxiwe ;
Kube kudlul' ukulila,
Intsizi kwa nentlungu ;
Nalo ! likangel' i-Bandla :
Yiza kulaula, Nkosi.
Amen.

## 143

[A.M. 363.] 8888. Ingoma—A.M. 552.

1 TIXO Somandla,
o-Nyana
Weyis' isono nokufa,
Ehleli etandazela
Imipefumlo efayo ;

2 Sibatandazela kuwe
Abo balahlekileyo,
Naboni, nokuba bapi,
Abangakuhloneliyo.

3 Kukó abangekaziva
Indaba ze-Lizwi lako ;
Basahlel' ebumnyameni,
Abacingi nto nge-Zulu.

4 Kwasebuhlantini bako
Inxalenye seyifile,
Bacitela amaxesha
Okupila, kokungento.

5 Nakubavuselelweyo
Kusek' ukutand' isono,
Nobwab' ukuzitandela,
Nentsobi yenkohlakalo.

6 Nik' inguquko kwigusha
Zako ezibádulayo ;
Banik' utand' olungcwele,
Nomnqweno ongenaku-
mbi.

7 'Ze kuvel' ingom' otando
Kwizihlwele ze-Ngelosi,
Nati na-Bangcwele, Tixo,
Sizukis' i-Gama lako.
Amen.

## 144

[A.M. 364.] 7775. Ingoma—A.M. 364.

1 TIXO wofefe, yiza,
Sigabul' ubumnya-
ma ;
Vela, Wena Sifingo,
'Sikányisele.

2 Abasebumnyameni
Maubenzel' inceba ;
Bakúp' ebumnyameni,
Bakwazi Wena.

3 Intlanga zehlabati
Maziqubude kuwe ;
Zifunde elo-Gama
Lisindisayo.

4 Mazikuvume, Tixo,
Wena M-Gwebi wazo ;
Apo ulaula kóna,
Kuvunw' utando.



5 Maudunyiswe, Nkosi :
Zonk' intlanga maziti
Ngelokukubulela
Zikuzukise.

6 Kuz' iziqámo zande,
Zendyebo yako, Tixo,
Zingaze zisweleke,
Lisem' ilizwe.

7 Az' amazwe akude
Atontelane kuwe,
Evuyiswa lufefe
Nenceba yako.
Amen.

## 145

### UMHLA WOKUNYUKELA

[A.M. 146.] 8888. Ingoma yokuqala—A.M. 146.

Opus peregisti tuum.

*Makungatsalwa.*

1 MSINDIS', oxovulel' umntu
Isixovulo sengqumbo
Ka-Tixo, nyukel' enyangweni,
Utabat' uzuko lwako.

2 Osihlalo sililifu,
Nank' ufukulw' emhlabeni ;
Amawakawak', ekápa,
At', " I-Nkosi yoyisile ".

3 Zilindile i-Ngelosi—
" Pakamisani intloko
Zenu, ngcango zapakade ! "
Lelako i-Bótwe namhla.

4 Malúsi nom-Priste wetu,
Unikel' i-Gazi lako
Ele kwekúeslo namhla,
Elenza nyul' ihlabati.

5 Apo i-Kerike yako
Inikw' izipó zofefe,
Amalung' ayo afunxa
Kuwe ubom obunyulu

6 Uwatwalel' e-Zulwini
Amalungu ako, Kristu ;
Masidlelane ngentlungu,
Sidlelane nangolaulo.

7 Uzuko ku-Tix' u-Yise,
Kuwe, Nyan' Osenyangweni,
Nakuwe, Moya Ongcwele,
Kude kus' epakadeni. Amen.

INGOMA YESIBINI—OXF. H.B. 328.

## 146

[A.M. 148.] Ingoma yokuqala—A.M. 148[1].
8787.8787.

*Ngomxèlo.*

1 NANKO u-Meyis' enyuka,
Nants' i-Nkosi yozuko,
Efukulelw' emafini
Kumasango e-Zulu :
Izihlwele ze-Ngelosi
Zimdumisa ngovuyo,
Ate-genge namasango
Az' angen' u-Kumkani.

2 Ngubanina lo uzayo
Ngendumiso nengoma ?
Ngulo-Tixo wemikosi
Weyisayo utshaba :
Owafel' emnqamlezweni,
Owapum' encwábeni,
Umgxotile u-Satana,
Wasicita nesono.

3 Esasikelel' abake
Wahlukaniswa nabo :
Besamqwalasela njalo
Wenyukel' emafini :
Lowo wayeshumayela
Inyaniso nomgwebo
Unyuselwe, njengo-Enok,
Kwelokáya pezulu.

4 Ngok' u-Aron wet' ungena
Engcwelen' enegazi :
Wez' u-Yosh'wa e-Kanane,
Zagubá ke inkosi :
Ngoku zahlulahlulelwa
Izizwe zo-Sirayeli :
U-Eliya wetu ngoku
Upindis' ubabalo.

5 Upakamisel' ubuntu
Kwisihlalo so-Tixo :
Sesihleli e-Zulwini,
Sinay' eluzukweni :
Uyalaul' u-Tix' ongu-mntu
E-Troneni ye-Zulu :



Nati, Nkosi, sinetemba
Ngokunyuka kwak' oko.

6 Dumisani Ongu-Yise,
Dumisani no-Nyana,
Ozuzele tina boni
Elofa lapezulu :
Dumisan' u-Moy' Ongcwele ;
Lo-MTriniti umkulu
Makahlale edunyiswa
Apa nase-Zulwini.
Amen.

INGOMA YESIBINI—A.M. 436[3].

## 147

[From A.M. 147.] Ingoma—E.H. 143.
8888 no-Aliluya.

*Makungakáuleziswa.*

1 NGUMHLA wokunyuka kwake, Aliluya !
Enyukela e-Zulwini ; Aliluya !
Yena, owafel' aboni, Aliluya !
Uyakubatetelela. Aliluya !

2 Unyukela e-Zulwini, Aliluya !
Adunyiswe pezu konke ; Aliluya !
Unyukela e-Zulwini, Aliluya !
Embusweni wapakade. Aliluya !

3 Amasango, kad' avalwa, Aliluya !
Makavulwe namhl' angene ; Aliluya !
Uyabuya ekufeni, Aliluya !
Selenyuka eyisile. Aliluya !

4 Wakweyis' ukufa kanye, Aliluya !
'Kuze sikweyise nati ; Aliluya !
Wabahlawulel' aboni Aliluya !
Kuko konke ukulahlwa. Aliluya !

5 Uyenyuka, uya kuni Aliluya !
Zi-Ngelosi ezingcwele ; Aliluya !
Uyenyuka eyisile ; Aliluya !
Vuyisanani ke nati. Aliluya !

6 Upezulu, uselapa ; Aliluya !
Enyukile, akemkanga ; Aliluya !
Usahleli kubo bonke Aliluya !
Abatemb' inceba yake. Aliluya !

7 Upezulu ngenxa yetu, Aliluya !
Usitetelela kóna ; Aliluya !
Ngenxa yetu uselapa, Aliluya !
Usibiza siye kuye. Aliluya !

8 Ngaye sidibene nani, Aliluya !
Ngaye niyafika kuti ; Aliluya !
Nitunyelwe ezonceba Aliluya !
Esipíwa zona nguye. Aliluya !

9 Makahlale edunyiswa, Aliluya !
Owehlela emhlabeni, Aliluya !
Silandele, sime naye, Aliluya !
Yen' owasandulelayo. Aliluya !
Amen.

## 148

[A.M. 149.] 6686.6686. Ingoma—A.M.N. 174.

1 NKOSI, unyukile,
Upezul' e-Bótwe ;
Zitsho macal' onk' e-Trone
Ingoma zembongi.
Tina sisabanjwe
Zinzingo zomhlaba,
Situmel' u-Monwabisi,
Asingcambàzise.

2 Nkosi, unyukile,
Kodwa waká wehla ;
Weyis' inzingo zomhlaba,
Watat' isitsaba.
Simelwe luhambo
'Lunentsiz' ezimbi,
Sincede sicotózise,
De sifike kuwe.

3 Nkosi, unyukile,
Wobuya ubuye,
Upahlwe zizandekela
Zako zapezulu :
Sicncede, Msindisi,
Sizipâte kuhle,
Ize ngalomin' inkulu
Singakubaleki. Amen.



## 149

[A.M. 147.] 8888 no-Aliluya. Ingoma—A.M. 147.

*Ngomxèlo.*

1 SIYAVUYA ngokuvuya, Aliluya !
Namhla simbonil' u-Kristu, Aliluya !
Enyuselw' emazulwini, Aliluya !
Esamkelwa emafini. Aliluya !

2 Kuk' uvuyo olukulu Aliluya !
Enyangweni yapezulu, Aliluya !
Masango ase-Zulwini, Aliluya !
Mvulelen' u-Soluzuko. Aliluya !

3 Amazulu amamkela Aliluya !
Ongu-Mongameli wawo ; Aliluya !
Nangon' ap' engasabonwa, Aliluya !
Usasikúmbula noko. Aliluya !

4 Kangel' ezandleni zake Aliluya !
Upawu lotando lwake ; Aliluya !
Púlapúla izwi lake Aliluya !
Livis' itamsanqa lake. Aliluya !

5 Yen' uyasitetelela ! Aliluya !
Enikel' ukufa kwake ; Aliluya !
Ap' akóna somlandela Aliluya !
Yena owasandulela. Aliluya !

6 Noko ungasabonwayo, Aliluya !
Z'usipé ke, Nkosi Yesu, Aliluya !
U'ba sinyukele kuwe Aliluya !
Ngazo intliziyo zetu. Aliluya !
Amen.

## 150

7777. Ingoma—A.M. 588.

*Makungakàulezizwa.*

1 U-KRISTU unyukile,
Waya emazulwini,
Kuba uwufezile
Umsebenzi ka-Yise.

2 Ingwali zihlokoma,
Zitsho ngento emnandi;
Ihadi ziduduma,
Kuvuleke ingcango,—

3 Angene u-Msindisi
Ekupumleni kwake;
Zivuye i-Ngelosi,
Zakumbona engena.

4 Nazo zitshayelela,
Zimzukisa ngovuyo;
U-Yise esamkela
Umsebenzi wo-Nyana.

5 Sihleli emkondweni
Wako, Msindisi wetu,
Osinga e-Zulwini,
Singa singewupósi.

6 Z' ingwali zihlokome,
Zitsho ngento emnandi,
Ihadi zidudume,
Xa singen' e-Zulwini.
Amen.

## 151

[C.H. 184.] Ingoma yokuqala—C.H. 513.

7777·7777.

1 UMKILE: lat' ilifu
Lamtata sibonela:
Pezulu, usitele
Abantu ne-Ngelosi.
Kude lé kwezendalo
Ungenil' engcweleni:
Ipélil' imizamo
Nentsizi, eyisile.

2 Umkile: lusingisa
Ulunt' esipélweni;
Sishiy' okudluleyo,
Sixunel' okuzayo:
Amazwi ake noko
Ahleli evakala:
Sandulelwe yi-Nene,
Wosip' okuswelweyo.

3 Umkile: ke sobuya
Simbone kwa njengoko:
Kón' apo e-Zulwini
Ngobehamba lomhlaba:
"Kwindawo zokuhlala"
Wosilungiselela:
Kwelo lingabonwayo
Somanywa naye noko.



4 Umkile: silindele
Ukuba abuy' eze:
Umkile, enyukile
Kude lé kulomhlaba:
Sozuza ngentliziyo
Uxolo lwetu kuye:
Masibe sinyukele
Kulo-Mhlob' ongafiyo.

INGOMA YESIBINI—C.H. 184.

## 152

(*Office Hymn.*)

[E.H. 141.] 11.11.11.5. Ingoma—S.S. 157 B.

Æterne rex altissime.

1 WENA Kumkani, opét' enyangweni,
Ogazi lako lasikúlulayo,
Ote ngokufa wabángis' ukufa—
Lweyis' ufefe:

2 Unyukele nje ap' ahleli kóna
Olaula konke, ekunene kwake,
Selengawako amagunya onke
Apo nalapa.

3 Woti ke ngoko, ngayo yonke into,
Emazulwini, emhlabeni apa,
Nakwisihogo esidal' izoté,
Uqutyudelwe.

4 He! i-Ngelosi ziti-manga kanye,
Ziqwalasela inguquk' e-Mntwini,
Zibon' i-Nyama ihlaziy' inyama,
No-Mntu elaula.

5 Yiba, Mkúluli, liqáyiya letu,
Nesikúselo, nomvuz' welizayo:
Sanga singati emapakadeni
Sikudumise.

6 Siyakubonga, Nkosi, ngemfanelo,
Unyuka namhla, using' e-Zulwini;
Kwa ngokungalo siyambong' u-Yise
No-Moy' Ongcwele. Amen.

EZINYE INGOMA—1, 338.

## 153

888888. Ingoma—S.S. 371.

1 XA waye ebatetela
Ngezinto zobuku-
mkani,
Xa wayebasikelela,
Wenyuswa besamkangele ;
Lat' ilifu lemka naye
Emehlweni abafundi.

2 Bakuba beqwalasele
E-Zulwini nxa amkayo,
Kwabonakal' ababini
Benengubo ezimhlope,
Bati kubo : " Ma-Galili,
Nime nondele nto-nina ?

3 " Lo-Yesu unyusiweyo
Esiwa emazulwini,
Uyakuza ngoluhlobo
Nimbona esimka ngalo."
Sipakamis' intliziyo,
Siyambong' onyukileyo !

## 154

### I-PENTEKOST

8686. Ingoma—OXF. H.B. 265².

1 CAMAGU ! Mdlisi
wobomi,
Rel' elibukali
Eliwis' iziganyonyo,
Zikululamele.

2 Camagu ! Mhlaziyi wetu,
Sizale ngokutsha ;
Ubunyukunyuku betu
Mabuhlanjwe nguwe.

Camagu ! Mhlambi
wezono
Esizenzileyo ;
Sinik' ubungcwele bako,
Tixo Monwabisi.

4 Camagu ! Mlelezi wetu,
Izitukutezi,
Amaxála nenkatazo
Zibángiswe nguwe.

5 Wena Mzalı wenyaniso,
Masiliv' ilitȧ
Lako, lisifudumeze,
Kwa nefuté lako.
Amen.



## 155

[A.M. 154.] 8686. Ingoma—A.M. 154.

1 MHLA wez' u-Tixo
mandulo
Weza equmbile ;
Amaf' amlilo-bumnyama
Adala ikúmbi.

2 Kodwa okwamva ukuza,
Wez' enobubele ;
Latȧmba i-Hobe lake
Njengempepó yomso.

3 Imililo ye-Sinayi
Eyadal' imvalo,
Ngok' ite-vu yasi'tsaba
Kwintloko ze-Ngcwele.

4 Njengesand' esamti-
manga
Yen' u-Sirayeli,
Umkwáz' otús' i-Ngelosi
Wavel' emafini.

5 Nasekuzeni ko-Moya
Kusek' i-Kerike,
Savel' isand' e-Zulwini—
Umoy' onamandla.

6 Uzalisa i-Kerike,
Nezw' elinesono ;
Kukwinqóla zentliziyo
Zodw' ungenandawo.

7 Mandla, Bulumko,
Lutando,
Vul' indlebe zetu,
Singapóswa lelilixa
Losindiso lwetu.
Amen.

## 156

[A.M. 155.] 8888. Ingoma—E.H. 146.

*Ngokuzekelela.*

1 MOYA wetaṙu notando,
Wena Moya wenya-
niso,
Wazis' ezizweni zonke
Ezanamhla izimanga.

2 Zonk' ilwimi kumazw'
onke
Mazicule mazibonge ;
Zonk' intlanga mazizive
Izimanga zo-Msindisi.

3 Monwabisi ohlal' ukó,
Londoloz' i-Bandla lako,
'Kuz' intsikelelo zako
Zize ebantwini bako.
Amen.

ENYE INGOMA—315.

## 157

8787. Ingoma—A.M. 634.

1 MTUTUZELI wenyaniso,
Mlelezi wenyaniso,
Wena Moya wentambiso,
Rele lasenyangweni :

2 Tixo opuma ku-Tixo,
Bomi bamagqoboka,
Lidangatye lamazulu,
Hobe lamapakade :

3 Indlu zako zintliziyo
Zabahlanjululweyo ;
Ikwanguw' u-Mhlambululi—
Uzihlambululela.

4 Akusicekisi Wena,
Noko singamazala ;
Ayafukanyelwa nguwe,
Abe zizindlu zako.

5 Susa ubunqambi betu,
Sibuv' ubukò bako ;
Sifundise ubunyulu,
Ze sibe ngcwele nati.

6 Yamkel' imbèko nozuko
Olufezekileyo,
Yise, Nyana, Moy' Ongcwele,
Ommilo ntatu emnye.
Amen.

## 158

6666. Ingoma—*Mbokotwana*.

*Makungakâuleziswa.*

1 NKOSI, i-Lizwi lako
Owalitetayo
Lizalisekile ;
Namhla sonwabile.

2 Combulul' ilwimi
Zamakonza ako,
Akwaz' ukuteta
Ngalo i-Zwi lako.

3 Nkosi, sip' ilwimi
Zokukudumisa ;
Nkosi, sip' amandla
Okunqula Wena.

4 Moya Oyingcwele,
Yiz' usikokele
Siye e-Zulwini,
Sifuman' ubomi. Amen.

ENYE INGOMA—378.



## 159

8888. Ingoma—A.M. 8.

1 TIXO Onamandla onke,
Ozaziyo into zonke,
Hlamba intliziyo zetu
Ngokusus' izono zetu.

2 Situmel' u-Moya wako,
Size senz' intando yako ;
Tum' uncedo lwako kuti,
Size sikukonze futi.

3 Udumiso malubekò
Kongu-Yise, nongu-Nyana,
Naku-Moya Oyingcwele,
E-Nkosini yezihlwele. Amen.

ENYE INGOMA—187.

## 160

[A.M. 152.] 6686. Ingoma—A.M. 152.

Jam Christus astra ascenderat.

1 U-KRIST' unyukele
Enyangweni apo
Ebe kòna ngapambili
Ukutob' izipò.

2 Ide yakw' intsasa
Yay' i-Pentekoste,
Ebisalatwa sixènxe
Semihl' esixènxe.

3 Kwavakal' isandi
Esalat' u-Tixo,
Beguqil' aba-Postile
Ngexa lesitatu.

4 Ezomlil' ilwimi
Zaba kubo bonke,
Zamkeliswa ukukânya
Intliziyo nganye.

5 Bamkeliswa bonke
U-Moy' Oyingcwele,
Baxela nganteto zimbi
Okuzizimanga.

6 Baz' abasemzini
Baqukana bonke,
Beva ngezabo inteto,
Bamangaliseka.

7 Ama-Yuda wona
Apik' enyelisa,
Engcikiv' aba-Postile,
Eti bayanxila.

8 Wabohlway' u-Petros,
Wazuzel' i-Nkosi
Amawaka amatatu
Angabaguquki.

9 Uzuko ku-Yise,
Ku-Nyana, ku-Moya :
Izipó zo-Moya zibe
Zezetu nanini. Amen.

## 161

[A.M. 156.] 777.777. Ingoma—A.M. 156.

Veni, Sancte Spiritus.

1 YIZA, Moya Ongcwele,
Yise wabasweleyo,
Mtomb' okulunga konke,
Okàya lili-Zulu ;
Tob' olwak' ukànyiso,
Sikànyiselwe nguwe.

2 Mlelez' Oyincamisa,
Mondli wemipefumlo,
Mhlangul' elutshabeni,
Mpozis' ebushushwini,
Lupuml' ebunzimeni,
Temba labangapantsi.

3 Zalis' ubuntu betu,
Kànyisel' intliziyo,
Kàny' oluzukileyo ;
Ap' ungekóyo kóna,
Akanant' anay' umntu,
Kukuncóla nje kodwa.

4 Pilis' amanxeb' etu,
Fumis' ukoma kwetu,
Cim' amatyala etu ;
Goba abanenkani,
Basel' abagodoli,
Kokel' abalahleki.

5 Banik' abakólwayo,
Abakuzukisayo,
Izipw' ezisixénxe ;
Olwako usindiso,
Uyolo lwapakade,
Bavuze ngenqu yako.
Amen.

## 162

[A.M. 157.] 10.10.10.10. Ingoma—C.H. 23.

Veni Creator Spiritus.

*Ngokuzekelela.*

1 YIZA, Moya Oyingcwele, yiza,
Pemb' umlilo kut' entliziyweni :
Wena Moya wentambiso, vela,
Ubabal' izipó zosixénxe.



2 Wena, Mbete, wakó upilisa,
Uloxol' uvuselel' utando :
Kàlipisa ngokukànya kwako
Tin' amehlo angasaboniyo.

3 Sonakele tina, sigalele
Nglalombete wako wobubele ;
Nqand' izimpi, malixole kuti :
Asoyiki nto usikàpa nje.

4 Ngawe soba nokumaz' u-Tixo,
Yise, Nyana, Wen' uvela kubo
Vakalis' ingoma le, siyitsho,
Emapakaden' ingaz' inqamke :
Wena, Tixo, hlal' udumiseka,
Yise, Nyana, Moya Oyingcwele. Amen.

ENYE INGOMA—257.

## 163

[T.R.] 8888. Ingoma—A.M. 209.

Veni Creator Spiritus.

*Ngokuzekelela.*

1 YIZA, Moya Oyingcwele,
Ube kwezingqondo zetu ;
Zizalise ngokwe-Zulu
Intliziy' ozenzileyo.

2 Yiza, Wena Mteteleli,
Sipó so-Somandla, yiza ;
Mdlisi-bomi, Mpemb' otando,
No-Mtàmbisi wompefumlo.

3 Ungozipó zisixénxe,
Sandla sika-Tix' Omkulu :
Ulomenza ngokwedinga
Oliyilo isiteti.

4 Kânyisel' izimvo zetu ;
Túlulela kut' utando :
Nyamezel' usomeleze
Tina bantu bobulwelwe.

5 Mtyâle kude olutshaba,
Sip' uxolo olumiyo :
Xa usandulela Wena
Sozipépâ zonk' ingozi.

6 Sip' ukwaz' u-Yise ngawe,
Usazise nongu-Nyana :
Masikólwe futi nguwe,
Wena Moy' opuma kubo. Amen

EZINYE INGOMA—164, 315.

## 164

[A.M. 347.] 8888. Ingoma—A.M. I.

Veni Creator Spiritus.

1 YIZA, Móya Oyingcwele,
Ube náti ngobubele ;
Zalis' íntliziyo zetu
Ngokusíp' ufefe lwako.

2 Monwabísi, z'usivele ;
Yiza kúti usondele ;
Ungu-Mtómbo wokupila,
Nokânyíso lwapezulu.

3 Gxota zónk' intshaba zetu,
Uhlal' éntliz'yweni zetu ;
Situmél' olwak' uxolo,
Uyinqând' inkohlakaio.

4 Sikânyíse ngento zonke,
Usip' útandano sonke ;
Sibutátaka kakulu,
Sip' amándla apezulu.



5 Ongu-Yíse nongu-Nyana
Siyabázi ngawe, Moya ;
Siqiníse sikóliwe
Kukuvéla kwako kubo. Amen.

ENYE INGOMA—163.

## 165

*I-LITANI YO-MOYA OYINGCWELE.*

[A.M. 470.] 7777. Ingoma—*Taŕu.*

1 TIXO, Yise no-Nyana,
Tixo Moya, niba-
Nye,
Sive kwi-Bótwe lako,
Sisindise, M-Triniti.

2 Moya, Hobe le-Zulu,
Mbet' ovela pezulu,
Bomi, Mlilo wotando,
Sive, Moya Ongcwele.

3 Mniki-mandla
nengqondo,
Bulumko, nogqoboko,
Kwazi, cebo, koyika,
Sive, Moya Ongcwele.

4 Mlulamisi, lutando,
Luxolo, nyamezelo,
Nyulushe, temba, vuyo,
Sive, Moya Ongcwele.

5 Moy' osikokelayo,
Moy' ocit' ubumnyama,
Moy' ongatintelwayo,
Sive, Moya Ongcwele

6 Wena, kwazalwa ngawe
Onqulwa zinto zonke,
Wasihlaziya tina,
Sive, Moya Ongcwele.

7 Wena Mtunywa ka-Yesu,
Mncedi, Mkútazi wetu,
Ungasishiyi sodwa,
Sive, Moya Ongcwele.

8 Mlelezi osazise
Okusivuyisayo
Kokwenziwe ngu-Yesu,
Sive, Moya Ongcwele.

9 Wena omandla ako
Akwézelel' abako,
Ebanika u-Lizwi,
Sive, Moya Ongcwele.

10 Obabal' i-Kerike,
Yaz' intando ka-Tixo,
Nobukó buka-Yesu,
Sive, Moya Ongcwele.

11 Wen' oze kusindisa
Kumanzi o-Bâptizo,

Usivus' esonweni,
Sive, Moya Ongcwele.

12 Cim' inkanuko zetu,
Lulek' intando yetu,
Nyamezel' ukoniwa,
Sive, Moya Ongcwele.

13 Yiz' uvuse sakuwa,
Wakubanjw' umpefumlo
Sibiz' usibuyise,
Sive, Moya Ongcwele.

14 Bomelez' abatyafi,
Qinis' izilulami,
Sifundis' ukuteta,
Sive, Moya Ongcwele.

15 Nceda imipefumlo,
Eng' ingaz' inyaniso,
Luvut' utando lwayo,
Sive, Moya Ongcwele.

16 Sihambise ngemxinwa,
Sakutyeka sinqande,
Sitandazise Wena,
Sive, Moya Ongcwele.

17 Wena Ngcwel' etandayo,
Yipà ngezipò zako,
Ungaze usishiye,
Sive, Moya Ongcwele.
Amen.

## 166

### ICAWA YO-MTRINITI

[E.H. 160.] 11.11.11.5. Ingoma—S.S. 189 C.

O Pater sancte.

1 BAWO ongcwele, olulamileyo,
No-Yes' u-Nyana, obekekileyo,
No-Monwabisi, Moy' onobubele
Unapakade ;

2 Tixo wenen', ozele yimfesane,
Bunye bubodwa, bu-Tat' obungcwele,
Sozinkedama, Kányo lwe-Ngelosi,
Temba lelizwe ;

3 Zonke izinto ziyakonza kuwe,
Indalo yako ikubonga yonke ;
Siyakunqula nati baculayo,
Z'usimamele.



4 Uzuko kuwe, Tixo Onamandla,
Bunye-Bu tatu obusenyangweni ;
Ngonapakade ufanelwe Wena
Kukudunyiswa.

ENYE INGOMA—338.

## 167

[A.M. 160.] 11.12.12.10. Ingoma—A.M. 160.

1 NGCWELE, Ngcwele, Ngcwele ! Tixo Somandla
Kwakusasa siyakuculela kuwe :
Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele ! Wen' onobubele !
Ziqu zitatu, Tixo MTriniti !

2 Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele ! Wen' odunyiswayo
Nga-Bangcwele bonke abase-Zulwini ;
Bati bekubonga bawe pambi kwako,
Ohlal' uhleli ngonapakade.

3 Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele ! Ufihlakele,
Tina boni singenakukubona nje ;
Nguwe wedw' ongcwele, kungekó wumbi nje,
Ufezekile ngendawo zonke.

4 Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele ! Tixo Somandla !
Udunyiswa Wena misebenzi yako :
Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele ! Onofefe lonke !
Ziqu zitatu, Tixo MTriniti !

## 168

(*Office Hymn.*)

[A.M. 509.] Ingoma yokuqala—A.M. 509[2].

8888.

Adesto, sancta Trinitas.

*Makungakáuleziswa.*

1 SONDELA kuti, MTriniti.
Nguwe wedw' oku-Kukánya !
Zonke izinto zezako,
Siqalo singapéliyo.

2 Omalanga nozinyanga
Bayabong' i-Gama lako :
Umhlab', umoya, nolwandle,
Zombéla ngaz' indumiso

3 Nati bakubongozayo,
Siyaguqa pambi kwako,
Ngembambiso nezikúngo,
Nangengoma zabe-Zulu.

4 Sikòlwa nguwe, Kukánya,
Wena O-mmilo zintatu ;
Wena Alefa, Omega,
Sitsh'—ivume yonke into.

5 Makwenziwe indumiso
Kuye ongazang' adalwe :
Yise, Nyana, kwa no-Moya,
MTrinit' Ongenambaliso ! Amen.

INGOMA YESIBINI—OXF. H.B. 187.

ENYE INGOMA—23.

## 169

### AWEZINTO NGEZINTO

[A.M. 221.] 8686. Ingoma—A.M. 221.

1 ABANGCWEL' abasemhlabeni
Nabangasekóyo,
Mabahlangane ngengoma,
Kuba ngabomz' omnye.

2 Yintsap' enye yo-Kumkani,
Li-Bandla elinye ;
Noko ngoku sisahlulwe
Yintlambo yokufa.



3 Singumkos' omnye ka-Tixo,
Silawulwa nguye ;
Inxenye ingapesheya,
Inxeny' isawela.

4 Abanye nakaloku nje
Bawelel' ekáya,
Abanye basalindele
Ukubizwa kwabo.

5 Yiba ngu-Mkokeli, Yesu,
'Ze lakufik' izwi,
I-Yoredan igabuke,
Singen' e-Zulwini. Amen.

## 170

[A.M. 538.] 7777. Ingoma—A.M. 538.

1 ABO bangasekóyo
Basacinga nganto na ?
Abapambi kwe-Trone
Banokusivela na ?

2 Tina sixinwe yimpi,
Bona baselupumlweni ;
Tina sisakònxiwe,
Bona ngabakúlulwa.

3 Sibanye ngentliziyo,
Sibany' elutandweni,
Kub' i-Nkos' inye yetu ;
Sipantsi, bapezulu.

4 Abakwamany' amazwe
Bahlulwe yimimango,
Banobudlelane na
Ngentliziy' omnye
nomnye ?

5 Okunye abazani,
Bekwindawo ngendawo ;
Ngenteto bengazani,
Ngezimo bahlukile :

6 Kanti bayadlelana
Ngomtandazo ke wona,
Ngenyembezi nentsizi
Nangako ukukúnga

7 Abangcwel' abemkayo
Basadlelana nati ;
Bezukisa ngapaya,
Betetelela kòna.

8 Ezintliziyo zetu
Zohlangana nezabo,
Sinqula, sibulela,
Simtanda u-MTriniti.
Amen.

ENYE INGOMA—29.

## 171

[A.M. 522.] 8686. Ingoma—B.I. 23.

1 AKWABA ndinemilomo
Engaba liwaka,
Ndidumise Wena, Tixo,
Ngal' ufefe lwako.

2 Likúp' uloyiko, Yesu,
Eli-Gama lako ;
Lisusa zonke intlungu
Kwabo bagulayo.

3 Wakuteta nge-Zwi lako
Siyapila tina ;
Abo bagqobokileyo
Liyabapisela.

4 Yivani, nina zitúlu,
Zidenge nemfama ;
Ziqwála nani, gcobani,
Uyez' u-Msindisi.

5 Nkosi, Wena Tixo wami,
Maundomeleze,
Ndivise elihlabati
Ngeli-Gama lako.

Amen.

## 172

[A.M. 220.] 8888. Ingoma—OXF. H.B. 232.

*Ngokuzekelela.*

1 AP' ilanga lihambayo,
Yen' u-Yes' uyakulaula,
Eli-Tshawe lezwe lonke,
Zid' inyanga zingabikó.

2 Bonk' abantu, zonk' ilwimi
Zoluvum' utando lwake ;
Namazwana entsanana
Olibong' i-Gama lake.

3 Elaula yintsikelelo,
Kuzo zonke ezindawo ;
Nal' ikónxwa likúlulwa,
Nal' uluntu lusindiswa.

4 Makuvunywe yinto yonke,
Idumis' i-Nkosi yetu ;
Makuvunywe na-Zitunywa,
Uz' umhlaba uti " Amen." Amen.

EZINYE INGOMA—43, 232.



## 173

[A.M. 306.] Ingoma yokuqala—A.M. 306.
6565.6565.

1 BAQUBUDA bonke
Kwelika-Yesu ;
Wonk' umlom' umvume—
" A ! Soluzuko " :
Yintando ka-Yise
Simbize njalo,
Owayengu-Lizwi
Ngonapakade

2 Akuwis' ilizwi,
Gqi indalo le ;
Impi ze-Ngelosi,
Ezokányiso :
Kunye nomagunya,
Nendidi zonke
Zowe-Zul' umkosi,
Ngokuma kwazo.

3 Watotywa umzuzu,
Wamkel' i-Gama,
'Litiywe ngaboni
Azele bona :
Walipáta msulwa
Lingenabala,
Wagoduk' enalo,
Evel' ekufeni.

4 Laya no-Meyisi
Kwelona Zulu
Eligama lo-Mntu,
Nokukokwalo ;
Kwi-Trone ka-Tixo,
Kwa kuy' u-Yise,
Elizukisile
Ngoloyis' olo.

5 Mbizeni ngotando
Olunamandla ;
Ngoval' olukulu,
Nangentlonelo.
Ngu-Tix' u-Msindisi,
Ngu-Krist' i-Nkosi.
Ongowokunqulwa
Ngonapakade.

6 Ize nimhlalise
Ezintliz'yweni,
Apélis' ububi
Nokumeneza ;
Menzen' i-Nkokeli
Xa nihendwayo ;
Niziyekelele
Kwintando yake.

7 Zintanda, lo-Yesu
Wopind' abuye,
Ngozuko lo-Yise,
Ene-Ngelosi ;
Engulotweswayo
Bonk' ubukosi,
Simvuma ke ngoko—
" A ! Soluzuko."

ENYE INGOMA—313.

INGOMA YESIBINI—C.H. 436.

## 174

8686. Ingoma—A.M. 162.

*Ngamazwi atotyiweyo.*

1 BAWO, ndingumntwana wako,
Noko ndonileyo ;
Ndiyalila pambi kwako,
Bawo, ndixolele.

2 Izipóso zam zininzi,
Azinakubalwa ;
Noko ndibékisa kuwe,
Bawo, ndixolele.

3 Imiteto ndiyapúle,
Wena ndakudela,
U-Msindisi ndimlahlile.
Bawo, ndixolele.

4 Ndone ngako ukuteta,
Ndone nangengcinga,
Ndone nangemisebenzi,
Bawo, ndixolele.

5 Noko ndibe ndifanele
Ukukubulela,
Ndisuke ndakulibala,
Bawo, ndixolele.

6 Ngaz' izono ezininzi,
Bawo, ndikonile,
Wena ndikuhlazisile,
Bawo, ndixolele.

7 Ungu-Tixo onenceba
Engazang' ipéle ;
Ngoko ndiyalila, nditi,
Bawo, ndixolele.
Amen.

ENYE INGOMA—169.

## 175

8787. Ingoma—D.M.H.B. 141.

1 BAWO, ngobubele bako
Bona umpefumlo wam ;
Ndiyalila pambi kwako,
Susa zonk' izono zam.

2 Ndikó ebusweni bako,
Ungalahli izwi lam ;
Ndipé uxolelo lwako,
Susa zonk' izono zam.

3 Nkosi yam, andikaneli,
Yiva ukubiza kwam ;
Wen' ungendibandezeli,
Susa zonk' izono zam.

4 Nkosi, Bawo, ndincólile,
Hlanza intliziyo yam ;
Ngezizono ndidanile,
Susa zonk' izono zam.
Amen.



## 176

7777. Ingoma—A.M. 381.

*Ngomxèlo.*

1 DUMISANI u-Tixo,
Nonke nina bakóyo,
Nimdumise ngeculo,
Ngokuba enofefe.

2 Simdumise u-Tixo
U-Bawo wetu sonke ;
Simdumise u-Tixo
U-Nyana u-Mkúluli ;

3 Simdumise u-Tixo
U-Moya Oyingcwele ;
Simdumis' u-Yehova,
I-Nkosi yezihlwele.

ENYE INGOMA—38.

## 177

[A.M. 235.] 10.10.10.10. Ingoma—OXF. H.B. 271[2].

O quanta qualia sunt illa sabbata.

1 EYASENYANGWENI i-Sabata
Iyolis' abasikelelweyo ;
Bayapumla abadiniweyo ;
Bayavuzwa abarotileyo.

2 Banoxolo banovuyo bona
Abangenako ukuluxela ;
Nekomkulu lo-Kumkani wabo
Lisisonwabiso sabo bona.

3 Yerusalem, Sixeko soxolo,
Kwabo bamtandaz' ungapéliyo,
'Ze bade babe bakufumene
Oko bakucamagusheleyo.

4 Sovuma ingoma ezimnandi
Ezase-Tsiyone yapezulu ;
Bokudumisa nabantu bako,
Ngenxa yal' ufefe lwako, Nkosi.

5 Ayipéli i-Sabata kóna,
Inye eyamakólwa akóna ;
Nengoma yakóna ayipéli,
Sodlelana ngayo ne-Ngelosi.

6 Okwakaloku masixunele
Kwelozwe sipóngomele lona,
I-Yerusalem, ikáya letu,
Sisekweli lokupambukela.

7 Siwa pambi kwako sizukisa
Wena, Mdali wazo zonk' izinto ;
Yise, no-Nyana, no-Moy' Ongcwele,
Nibanye kuse epakadeni.

ENYE INGÓMA—18.

## 178

[A.M. 202.] 6666.88. Ingoma—A.M. 202.

*Ngomxélo.*

1 GCOBELAN' e-Nkosin*i*,
Niqubude kuyo,
Zidalwa, vumani,
Nivuye kwa nina ;
Pakamisani amazwi,
Nigcobele kuyo nonke.

2 U-Yes' u-Msindisi,
No-Tixo wenene,
Wat' akusihlamba,
Wahlala pezulu :
Pakamisani amazwi,
Nigcobele kuye nonke.

3 Ubukosi bake
Abunakupéla,
Kuba into zonke
Zinikelw' u-Yesu :
Pakamisani amazwi,
Nigcobele kuye nonke.

4 Uhlel' ekunene
Ko-Tixo u-Yise ;
Ad' intshaba zake
Azoyise zonke :
Pakamisani amazwi,
Nigcobele kuye nonke.

ENYE INGOMA—138.



## 179

[A.M. 261.] 6686. Ingoma—A.M. 261.

1 HAI inywéba yabo
Bantliziy' inyulu !
Ngabo abombon' u-Tixo,
Yen' ahlale kubo.

2 Owashiy' i-Zulu,
Esiza nobomi
Abe ngohlal' ebantwini,
Eyi-Nkosi yabo ;

3 Usazinikela
Kozitobileyo,
At' omsulwa ngentliziyo
Amenz' indlu yake.

4 Sâkufuna, Nkosi ;
Sip' elitamsanqa—
Intliziy' emsulwa kanye,
Eyingcwele yako. Amen.

## 180

[A.M. 176.] 8686. Ingoma—A.M. 176.

1 HAI ukuba mnandi kwalo
I-Gama lo-Yesu !
Lip' ufefe nopiliso,
Likúp' uloyiko.

2 Liyaxolis' intliziyo
Ngokututuzela ;
Likukutya, lilupumlo
Kwabadiniweyo.

3 Gama ! Lwalwa 'ndaká kulo !
Káka ne-Kúselo !
Ndyebo yam engapéliyo,
Endipila ngayo !

4 Yesu ! Malûsi no-Mhlobo,
Kumkani nom-Profit*e*,
Nkosi yam, Wena Bomi bam,
Wamkel' umbongo wam.

5 Ndisakonza ngokwe-nxenye
Emhlabeni apa ;
Kanti ke ndakukubona,
Sendofeza kanye.

6 Ndocula ngotando lwako
Ngelilizwana lam ;
Ndinga ndingaxáswa lulo,
Nasekufeni kwam.
Amen.

## 181

[A.M. 223.] Ingoma yokuqala—A.M. 223².

11.10.11.10.9.11.

1 He, mamelan' ! ingoma ye-Ngelosi,
Ivakala pezu kwamatafa ;
Hay' inene yezongoma zoyolo,
Ngobutsh' ubom kwakupél' isono !
Ngelos' zo-Yesu nokukánya,
Culelani abahamb' ebusuku.

2 Xa siziva, sibékisa pambili,
Ziti, " Bantu, nibizwa ngu-Yesu " ;
Kobu'mnyama siva intsholo yazo,
Silandel' ingoma ye-Vangeli.
Ngelos' *etc.*

3 Lé, kude lé, njengentsimbi zokuhlwa,
Kuvakala izwi lika-Yesu ;
Kucotóza nezihlwele zaboni,
Malũsi, baguqulele kuwe.
Ngelos' *etc.*

4 Nok' obubom bubude, bunentsizi,
Nezimini zisitókotóko,
Zakudlula kofika ukupumla
Okungapéliyo e-Zulwini.
Ngelos' *etc.*

5 Zi-Ngelosi, lindani ke nicule
Ingoma zapezul' e-Nkosini ;
Kosa uvuyo, kupél' ukulila,
Kubek' utand' olungapéliyo.
Ngelos' *etc.* Amen.

Ingoma yesibini—Can. H.B. 312.



## 182

[A.M. 230.] 6666.6666. Ingoma—E.H. 644.

*Ngokukáulezisa.*

1 Ikaya loyolo
Lingapaya kweli ;
Iziling' azikó
Kóna, nenyembezi ;
Kobenal' ukólo,
Ngetemb' eqinile,
Yonk' inzaliseko
Iba sekuhleni.

2 Kuk' izwe loxolo,
Laziwa 'Zitunywa,
Ingom' ayipéli
Kuwo lomasango ;
Lo-Tron' ingqongwie
Zi-Ngcwele zakóna,
Ziqũba umbuso
Wazo ku-MTriniti.

3 Uyolo lukulu,
Lokubon' i-Mvana
Eyasifelayo,
Nalomanxeb' ayo :
Siyinik' uzuko
Olufaneleyo,
Sivakalis' into
Asenzele zona.

4 Békani pezulu,
Ngcwele zika-Tixo,
Nihambe indlela
Awahamba ngayo ;
Lindan' umzuzwana
Ningenakuŕoŕa ;
Wobehl' anamkele
Kwelokáya lake.

Amen.

Enye ingoma—129.

## 183

[A.M. 197.] 8787. Ingoma yokuqala—*Egoso.*

1 I-nkos' ingu-Malũsi wam,
Andize ndiswele nto ;
Yi-Nkosi ebulungisa
Bungapéliyo bona.

2 Ungowukokelelayo
Wona lompefumlo wam,
Kwaluhlaza amadlelo,
Awupé kokwe-Zulu.

3 Ndandigwenxa ndisidenge,
Koko wandifunayo,
Wandibek' egxalabeni
Kuhle, wandigodusa.

4 Nakowetunzi lokufa
Umfula, andoyiki,
Unam nomnqamlezo wako,
Ndinondikokelayo.

5 Uyandilungiselela
I-tafile pambili,
Ubuye usikelele;
Hay' utando lungaka!

6 Kuseloko kwabanjalo;
Abuzange bunqamke
Obo bako ububele;
Mauzukiswe Wena!

INGOMA YESIBINI—A.M. 197.

## 184

[A.M. 215.] 7676.7676. Ingoma—A.M. 215.

1 ISISEKO se-Kerike
Singu-Kristu
i-Nkosi,
Isisidalwa sake
Ngamanzi ne-Gazi;
Wayezenzela ibe
Ngu-Mtshakazi wake,
Ohlal' esidl' ubomi,
Ngokokufa kwake.

2 Ikuzo zonk' indawo
Le-Kerike inye;
Intlanga zonke kuyo
Zabunjwa zabanye,
Ngalo u-Kól' olunye,
Nange-Zwi elinye,
Ngo-Bàptizo olunye,
Nange-Nkosi enye.

3 Noko iṙazukile
Ngemfundis' ezimbi,
Noko ibandezelwe
Zintshaba zapandle,
Basalind' abangcwele
Ukufika kwake
U-Myeni we-Kerike,
Abatutuzele.



4 Ebunzimeni bonke
Nasemgcipekweni,
Isalind' ukufezwa
Koxolo noyolo:
Ayinakudiniswa,
Ayinakoyiswa,
Ne-Kerik' isoyisa
Yoba nokupumla.

5 Kanti ke imanyene
No-Tix' u-MTriniti,
Nobudlelan' obuhle
Nabasebemkile:
Hai ubuyolo babo!
Kristu, sip' uxolo,
Sihlale kuwe nabo
Ngamaxesha onke.
Amen.

## 185

[A.M. 289.] 8886—10.10.8.9. Ingoma—A.M. 289.

1 IYADLULA iminyaka
Inxàmel' ukumka nati;
Itutela kwabafayo
Abapilileyo.
Mausikùmbuze ngoku
Into esiyiyo;

2 Kamsinyane tina sonke
Solaliswa encwàbeni;
Kukufupi ukupumla
Kwetu sobabini;

3 Ubèkise umpefumlo
Kuye owawudalayo;
Ngal' ufefe xa sinako,
Masiwusindise.

4 Yesu, M-Sindisi wetu,
Ongu-Mdali wako konke,

5 Sikucinge ukuvela,
Nokupèla esinako
Kwelolizwe lamatunzi,
Esingalaziyo.

6 Sisipèlo sokuvuya
Nokonwaba kwapakade,
Umhlaumbi kukulila
Okungapèliyo.

7 Ngamandla ako sigcine,
Nkosi,
Singawi kuwe ekupèleni;
Sisindise, singabako
Kude kube ngunapa-
kade. Amen.

## 186

7777. Ingoma—A.M.N. 37².

1 IZWE linemigongxo,
Nabo ubugqagala;
Indlela ilucinya,
Nesango licutène.

2 Kànyisel' intliziyo,
Ibone leyondlela
Isinga e-Zulwini,
Ebukosini bako.

3 Amehlo ompefumlo
Ndipilisele wona;
Indlebe zentliziyo
Zingaze zivaleke.

4 Nkosi, ndikányisele,
Ndibone ukukánya,
Ndandiyakukúlulwa,
Ndingenisw' ebomini.

5 Abahleli nawe, Nkosi,
Bahlel' ekukányeni;
Mandisondezwe kuwe,
Esifubeni sako.

6 Nditeta nawe, Yise,
Bongoza, Wena Nyana,
Kokela, Wena Moya,
Usidlise ubomi. Amen.

ENYE INGOMA—413.

## 187

8888. Ingoma—B.I. 1.

1 KANGELANI nizibone
Izibele ezingaka,
Zityiliwe ngu-Msindisi,
Owafela tina 'bantu.

2 Besihamba emnyameni,
Singenalo ukányiso;
Besihamba ekoneni,
Singakwazi ukulunga.

3 Wasinceda Wena, Tixo,
Ngobubele obukulu;
Wasinik' u-Nyana wako,
Wasikányisela ngaye.

4 Simbulela ongu-Yesu,
Tina boni abonayo;
Wazizek' izono zetu,
Wazitwala Yena yedwa.

5 Wena, Moya Oyingcwele,
Uz' ungene kuti sonke,
Usincede, sikubone
Oko kwenziwayo nguye.
Amen.

## 188

[E.H. 638.] 8686. Ingoma—A.M. 216.

Isiqendu I.

1 KAYA lam, Yerusaleme,
Ndoba kuwe nini?
Ezintsizi zam zipéle,
Ndiv' uyolo nini?

2 Cwéba lihle laba-Ngcwele!
Lizwe lobuyolo!
Tu nto ilusizi kuwe,
Tu nembulaleko.



3 Ukugul' akukó kuwe,
Nanye intutumbo;
Kuwe namny' oyik' ukufa,
Ibubomi bodwa.

4 Apo tu inkungu ezi,
Ngqele nabumnyama;
Iti-benge imimoya,
'Lukányis' u-Tixo.

5 Kóna iminqwen' ayikó,
Kón' akukó mona,
Nabushushu, nakuba-nda—
Ziziyolo zodwa.

6 Yerusalem, Yerusalem,
Wang' angat' u-Tixo
Andivis' uyolo lwako,
Ndiludle nanini!

7 * Kungamaty' anqabileyo
Ukwakiwa kwako;
Namasang' azi-perile
Ezincamisayo.

8 * Ezonqaba nencocóyi
Ziti-bengebenge;
Zigangatwe nge-golide
Izitrate zako.

9 * Ziqaqamb' izindlu zako,
Zintle ne-festile,
Yi-golide imfulelo—
Akwaba ndikóna!

10 Akungen' okuyinqambi
Kumasango ako;
Akubonwa nalutuli
Nabudyibidyibi.

11 [Kâya lam, Yerusaleme,
Ndanga ndingakóna;
Zanga zingapél' intsizi,
Ndiv' uyolo lwako!]
Amen.

ENYE INGOMA—290.

Ingoma—A.M. 375.

§ Isiqendu II.

1 [KAYA lam, Yerusaleme,
Ndoba kuwe nini?
Ezintsizi zam zipéle,
Ndiv' uyolo nini?]

2 Sezitweswe kón' i-Ngcw-ele,
Ziyambon' u-Tixo:
Ziseyisa, zisagcoba:
Hai inywéba yazo!

3 Tina ke, singabagxotwa,
Sisambámbázela;
Siyalila, siyancwina,
Senza isijwili.

* Ezi-vesi zingayekwa.
§ Two verses omitted.

4 Okumnandi kuburara,
Tú nto ibuyolo;
Kuti-bánga, sisajonga,
Kusal' intsizi nje.

5 Apo ngenxa yokonwaba,
Ngenxa yemihlali,
Iminyaka eliwaka
Ngati yimin' inye.

6 Hai ubuhle bemiyezo!
Mihle kanye betu;
Hai imiti neziqámo!
Zingummangaliso.

7 Kóna apo kuluhlaza
Ngawo onk' amaxa:
Zikó nentyatyamb' ezintle,
Ziqólis' umoya.

8 [Káya lam, Yerusaleme,
Ndanga ndingakóna:
Zanga zingapél' intsizi,
Ndiv' uyolo lwako!]
Amen.

ENYE INGOMA—290.

Ingoma—A.M. 236.

Isiqendu III.

1 [KAYA lam, Yerusaleme,
Ndoba kuwe nini?
Ezintsizi zam zipéle,
Ndiv' uyolo nini?]

2 Uyacanda lomz' ungcwele
Owobom umsinga;
Ngapa nangâpa komla-
mbo
Ngowobomi umti.

3 Ap' imiti isoloko
Yaba neziqámo;
Ne-Ngelosi azipézi
Ukubonga kóna.

4 Umi apo u-Davide,
Intlabeli yabo;
Hai inywéba yomamela
Ukuvuma oko!

5 U-Mntan' omhle,
u-Mariya,
Wenz' i-*Magnificat:*
Zitélel' i-Ntombi zonke,
Zimenzel' isanqa.

6 U-Augustin no-Ambrose
Batsho nge-*Te Deum:*
U-Simone no-Zakari
Bahlabel' ezabo.

7 Kóna ap' u-Madelina
Utsho ngelovuyo,
Ene-Ngcwele, ezingoma
Zenza umtyangampo.

8 Káya lam, Yerusaleme,
Ndanga ndingakóna!
Zanga zingapél' intsizi,
Ndiv' uyolo lwako!
Amen.

ENYE INGOMA—290.



## 189

[A.M. 255.] 8886. Ingoma yokuqala—A.M. 255

1 KOBUBUNJE bam, ndingento,
Kodwa kuba wandifela,
Waye ke undibiza, Nkosi,
Ndiyeza ngoko, Nkosi.

2 Kobubunje bam, nakuba
Ndidlavulwe yimizamo,
Ngapandle nangapakati,
Ndiyeza ngoko, Nkosi.

3 Kobubunje bam, ndiswele,
Ndapúkile, ndiyimfama,
Ndifuna usizo kuwe,
Ndiyeza ngoko, Nkosi.

4 Kobubunje bam ndosizwa,
Wondamkel' undixolele;
Ngenxa yelodinga lako
Ndiyexa ngoko, Nkosi.

5 Kobubunje bam, ngotando
Lwako olungaziwayo,
Ukuba ndibe ngowako,
Ndiyeza ngoko, Nkosi.

6 Kobubunje bam, ndingento,
Ndize kuva ubukulu
Balo olotando lwako,
Ndiyeza ngoko, Nkosi.

INGOMA YESIBINI—E.H. 316.

## 190

[A.M. 281.] 878787. Ingoma—A.M. 281.

1 KOKELA, Bawo we-Zulu,
Sicanda kwelamaza;
Kúsela, kokela, yonga,
Akukó mncedi wumbi.
Iba yonk' intsikelelo
X' angu-Bawo u-Tixo.

2 Msindisi, tumel' uxolo,
Saziwa konke nguwe;
Wakà wakó emhlabeni,
Weva intlungu zonke,
Uwedwa kwesisizungu
Sokucanda lentlango.

3 Moya ka-Tixo, velela,
Uze kusip' uvuyo,
Utando kwa nolonwabo
Olucoca imikwà;
Sikokelwe sixolelwe,
Sohlal' eluxolweni.
Amen.

## 191

8686. Ingoma—OXF. H.B. 62.

1 KRISTU, ulelona Liwa,
Usisimakade;
Ungumtunzi kwelenxano
'Siwubulelayo.

2 Leloliwa elaxelwa
Ngaba-Positile,
Bemxèlo mnye bonke ngoko,
Ngomlomo ka-Petros.

3 Wati u-Msindisi kubo,
" Pezu kweliliwa
Ndiyakuyakèla yona
I-Kerike yami."

4 Litye elacekiswayo
Ngabaki bamatye,
Waba yintloko yembo-mbo,
Wena Nkosi yetu.

5 Sesingummangaliso ke
Isenzo se-Nkosi:
Usiseko se-Kerike
U-Kristu i-Nkosi.

## 192

8888. Ingoma—E.H. 212, *part* 2.

1 KRISTU, uli-Temba letu;
Nguwe u-Mkúluli wedwa;
Sikúlule tina boni,
Sizixela kuwe namhla.

2 Sinezono ezininzi;
Siyalila pambi kwako;
Mausikúlule namhla
Ngokutanda okukulu.



3 Usiguqulele kuwe;
Sigoduke sibe kuwe;
Wena uyi-Nkosi yetu,
Tina singabantu bako.

4 Hlala kuti ngapakati,
Ngokulaula intliziyo;
Zizezako kwa kudala,
Maziyenz' intando yako.
Amen.

ENYE INGOMA—23.

## 193

[A.M. 266.] 10.4.10.4.10.10. Ingoma—A.M. 266.

1 KUBA mnyama; kokela, Kukánya;
Ndikokele;
Bubusuku, ndikude nekáya;
Ndikokele.
Ndihambise kuhle, andifuni
Nokubona imimang' ekude.

2 Ndandingenje, andizanga nditi,
Ndikokele;
Ndazinyulel' indlela, kaloku
Ndikokele.
Ndanditand' imini zobuyolo,
Ndineŕatshi; oku kulibale.

3 Amandla ako esepezu kwam,
Ndokokelwa;
Ndidlulisiwe kumisinga, kude
Kumk' ukuhlwa;
Kufike ukusa nezitandwa
Endahlala ngokuzikúmbula. Amen.

## 194

[A.M. 534.] 6686. Ingoma—A.M. 525.

1 KUDALA labakó
Eli-Bandla lako;
Lisahamb' indlela yalo,
Esing' e-Zulwini.

2 Isemxinw' indlela
Eqabela apo;
Kunyatelwa kuyo noko,
Ngabay' ekukányeni.

3 Lunamandl' utshaba,
Ekuliwa lona ;
Masixótyiswe ke ngoko
Ikáka lokányo ;

4 Sisinge pambili,
Silwe singayeki ;
Ezintlungwin', entsweleni,
Nasezingozini.

5 Sitembe u-Tixo.
Silwele u-Kristu ;
Silandele Yena yedwa,
Ukusing' e-Zulwini.
Amen.

## 195

[A.M. 168.] 8686. Ingoma—A.M. 168.

1 KUKO incwad' efundwayo
Ngabamehl' anyulu
Nentliziyo zinokólo,
Ityil' okwe-Zulu.

2 Yilemvel' isingqongayo
Macalana onke :
Apo simtyilelw' u-Tixo,
Ngokwasencwadini.

3 Ke izulu elibanzi
Lixel' ukoluka
Kolotand' abamba ngalo
Apát' into zonke.

4 Yon' inyang' ifuz' i-Kerike,
Ukuhamba kwayo ;
Ileyo ikányiselwa
Lil' ilanga layo.

5 * Elasenyangwen' i-Langa
Ngu-Msindisi wetu ;
Zay' i-Ngcwel' ezimpahlayo
Zixel' inkwenkwezi.

6 Won' umbete ulufefe,
Oluhlayo kuhle ;
Apo kutánjiswa ngalo
Zikón' iziqámo.

7 * Nelo-Gama lamagama
Liyahlokonyiswa
Ngaz' ilwimi zolwand' olu,
Zifuz' eze-Zulu.

8 Omililo nomimoya
Batyil' amandl' ako ;
Ukuhamba kuka-Moya
Kuxelis' impepó.

9 Sinamazwe amabini ;
Kodw' elemfihlelo
Ngeson' esi sisipandla
Liyasiteliswa.

* Ezi-vesi zingayekwa.



10 Wena ogabul' amehlo,
'De nditande eli,
Ndip' amehl' okukufunda
Macalana onke.
Amen.

## 196

[A.M. 545.] Ingoma yokuqala—A.M. 545.
8787.8787.

*Ngokuzekelela.*

1 KUTETW' izimanga ngawe,
Tsiyon, Mzi ka-Tixo ;
Low' olizwi lingepúlwe
Uhlala kuwe Yena.
Usekwe pezu kolwalwa,
Akushukumi ngoko ;
Ungqongiwe lusindiso,
Utshab' alunto kuwe.

2 Amanzi ampompozayo
Atsaul' elutandweni ;
Onyana nentombi zako
Bayaneliswa ngawo.
Ngubanin' onxaniweyo ?
Nang' empompoz' amanzi
Angasokuze apéle,
Alubabalo lwake.

3 Indlu zako zonganyelwe
Lil' ilifu nomlilo,
Ziyateta ziyaxela
Zit' i-Nkos' ikufupi.
Ibakokele intsika,
Ikukány' ebusuku ;
Badl' i-man' imihla yonke
Abamkeliswa yona.

4 Ndingumntwana womzi wako,
I-Tsiyone, Msindisi,
Ndoqáyisa nge-Gama lako,
Malidel' izwe lona.
Ubuyolo belilizwe
Bobomzuzwana kodwa,
Imivuyo yapakade
Yeyosapo lwe-Tsiyon.

INGOMA YESIBINI—L.M.H.B. 189.

## 197

[A.M. 290.] 8686. Ingoma—A.M. 189.

1 KUZO zonk' inguqu-
nguqu
Zabo obubomi,
Eyam intliziyo yona
Yozukis' u-Tixo.

2 Yenzeni nkulu kunye nam
I-Nkos' epezulu;
Ndabizela kuyo yona,
Yeza kundisiza.

3 Eka-Tixo imikosi
Ihlel' ibapahla
Abo bangamalungisa,
Nemizana yabo.

4 Luveni utando lwake,
Ubukulu balo;
Abasikelelwa ngabo
Batembele kuye.

5 Moyikeni, nina Ngcwele,
Ibe nguye yedwa;
Nivuyel' inkonzo yake,
Wonikàtalela.

6 Makazukiswe u-Yise,
Abongwe u-Nyana,
Kwa no-Moya Oyi-
ngcwele,
Amaxesha onke.
Amen.

EZINYE INGOMA—14, 209.

## 198

[A.M. 259.] Ingoma yokuqala—A.M. 528.
6666.66.

1 LAPALAL' i-Gazi
Lako, Nkos*i*, nge-
nxa yam,
'Kuze ndikúlulwe
Ndivusw' ekufeni;
Wandincamel' ubom,
Ndikunike nto-ni?

2 Wahlal' ebunzimen*i*,
Iminyaka-nyaka,
Kwakungenxa yami
Watwala konk' oko,
Ukuze ndibazi
Ubungcwele bako.

3 Walishiy' i-Zulu
Nalo-Trone yako,
Ukuz' emhlabeni
Ubàdule wedwa;
Wenz' oko ngenxa yam;
Ndincame nto-ni mna?

4 Watwala intlungu
Ezingexelwayo,
Kuze ndihlangulwe
Kuso isihogo;
Wenz' oko ngenxa yam;
Ndikutwalele ni?



5 Weza no-Sindiso
Oluvel' e-Zulwin*i*;
Weza noxolelo
Nolotando lwako;
Wenz' oko ngenxa yam;
Ndikuzele nani?

6 Mandizinikele
Kuwe kanye mpela;
Ndizijac' intambo
Zalo ihlabati;
Wazinikela ngam,
Ndizinika kuwe. Amen.

INGOMA YESIBINI—H.P. 116.

## 199

[A.M. 184.] 777777. Ingoma—A.M. 184.

1 LIWA lamapakade,
Elacandwa ngenxa
yam,
Mandizifihle kuwe;
Ndipiliswe nge-Gazi
Elapum' epàngweni,
Lindihlamb' esonweni.

2 Ndikohl'we kukufeza
Okuyalwe ngumteto:
Nangani ndingayeki
'Kuzama nokulila
Andingecimi sono;
Ndosinda ngawe wedwa.

3 Ndiza, ndingapète nto,
Ndite-nca e-kruseni;
Ndingozè, ndambàtise,
Ndikòhliwe, ndincede;
Ndincòlile—Mtombo
wam,
Ndihlambe, 'ze ndingafi.

4 Ndisahleli nie apa,
Akucim' amehlo am,
Ndicand' elamatunzi,
Ndikubon' e-Troneni—
Liwa lamapakade,
Mandizifihle kuwe.
Amen.

## 200

8888. Ingoma—*eyalo*.

1 LIZALIS' idinga lako,
Tixo, Nkosi yenya-
niso·
Zonk' intlanga zalo-
mhlab~
Mazizuze usindiso.

2 Amadolo kwelilizwe
Makagobe pambi kwako,
Zide ziti zonk' ilwimi,
Ziluxel' udumo lwako,

3 Laula ! laula ! Yesu,
Nkosi,
Koza ngawe ukonwaba ;
Ngezipitipiti zetu
Yonakele imihlaba.

4 Bona izwe lakowetu.
Uxolel' izono zalo ;
Ungatob' ingqumbo yako,
Luze luf' usapo lwalo.

5 Yala singatshabalali,
Usipile ukányiso ;
Bawo, ungasibulali,
Ngokudela inyaniso.

6 Nkosi, kásikelele
Imfundiso zezwe letu ;
Uze usivuselele,
Siputume ukulunga.
Amen.

## 201

[A.M. 286.] 6565. Ingoma—A.M. 286.

Wem in Lemenstagen.

*Ngamazwe atobekueyo.*

1 Lowo unentsizi
Avana nazo,
Makatemb' u-Tixo,
Onwabe yena.

2 Nalow' ulilayo,
Elil' inyembez*i*,
Uyambon' u-Tixo,
Kungaziwa nje.

3 Yen' owak' u-Tixo
Akakushiyi,
Uyazazi zonke
Intlungu zako.

4 Kangela pezulu
Wakudákumba,
Yomelela noko
Usezintsizin*i*.

5 Ezinxwalekweni,
Wokonwabisa ;
Eyake intsapo
Woyikúlula.

6 Ezelihlabati
Zona intsizi,
Azinto kuvuyo
Lwase-Zulwini.

7 Yes' ongu-Msindisi,
Pezul' e-Zulwin*i*,
Sizalise tina
Ngotando lwako.
Amen.



## 202

[A.M. 537.] 10.10.10.10. Ingoma—A.M. 252.

1 Lungako na uxolo lwenene,
Kwelilizwe limnyama zizono ?
Nalo lisebeza ngapakati
I-Gazi le-Nkos*i*, lisiti " Lukó."

2 Lungakó na uxolo lwenene
Xa sicinezelwe zinxwaleko ?
Ukwenza intando yo-Msindisi
Luxolo olufezekileyo.

3 Xa imbandezelo zisiŕaule,
Lungakó na uxolo lwenene ?
Esifubeni sika-Mesiya
Kuhleli upumlo lwapakade.

4 Xa sishiyiweyo zizitandwa,
Lungakó na uxolo lwenene ?
Ewe, sinqabile kunye nabo,
Siselugcinweni luka-Yesu.

5 Asiwazi amangomso etu,
Lukó na ke uxolo lwenene ?
Siyazi okokuba u-Yesu
Nguye opéte ubukumkani.

6 Njengokuba sijongwe 'kufa nje,
Luxol' olufezekileyo na ?
U-Yesu wakoyisa ukufa,
Nawo onke amandla encwába.

7 Kwanele ; inkatazo zomhlaba
Zobehle zidlule kamsinyane ;
Aze u-Yesu asibizele
Eluxolweni lwase-Zulwini. Amen.

ENYE INGOMA—18.

## 203

[A.M. 192.] 99.99.99. Ingoma—S.S. 303 A.
Liebe, die Du mich zum Bilde.

*Makungakåuleziswa.*

1 LUTANDO, endenziwe nguwe,
Ndifuze Wena ngapakati;
Ndandilahleke, wandifuna,
Ndikude wandifuna Wena;
Lutando, ndizinike kuwe,
Ndibe ngowako wedwa kanye

2 Lutando, kade wandifuna,
Ndingekabikò wandinyula;
Wazalwa apa emhlabeni,
Usinyusele e-Zulwini;
Lutando, ndizinike kuwe,
Ndibe ngowako wedwa kanye.

3 Lutando, wafa ngomnqamlezo,
Bunzima ubuhlungu bako;
Wasizuzela ukupila,
Novuy' olungenakupėla;
Lutando, ndizinike kuwe,
Ndibe ngowako wedwa kanye.

4 Lutando, unditanda futi,
Uman' ukunditetelela;
Waqala wandihlawulela
Ngotand' olungenakubalwa;
Lutando, ndizinike kuwe,
Ndibe ngowako wedwa kanye.

5 Lutando, ngezwi elikulu
Undikupile ekufeni;
Ngamandla ako amakulu
Ndohlala nawe e-Zulwini;
Lutando, ndizinike kuwe,
Ndibe ngowako wedwa kanye.



## 204

[A.M. 302.] 878787. Ingoma yokuqala—A.M. 302.
*Ngomxèlo.*

1 MAKOLW', indumiso yenu
Mayibėk' e-Zulwini;
Mbongen' owasitengayo,
Obekò kwakudala;
Namazulu ayambonga,
Oyi-Nkosi yenkosi.

2 Engekadali intaba,
Nolwandle nento yonke,
Lwati olutando lwake
Lwamtuma asifele;
Kwati ngenx' engapambili,
Wamiselw' umnqamlezo.

3 M-gqaleni xa opàyo
Ngenxa yoluntu lonke,
Efun' usindiso lwetu,
'Kuze singaze sife;
Wafa, wabuya wavuka,
Ngoku selelawula.

4 Simi isihlalo sake
Ngenkazimlo enkulu,
Kwa-ngoma ingapėliyo
Yonyana bokukånya;
Bayambonga bemdumisa,
Lowo ungu-Meyisi.

5 Dumisani ongu-Yise,
Dumisani u-Nyana,
Dumisani ongu-Moya,
Bebatatu nok' amnye;
Belingana ngento yonke
Kuse epakadeni.

INGOMA YESIBINI—*Ncolosi.*

## 205

[A.M. 291.] 7777. Ingoma yokuqala—A.M. 291.

1 MA-KRISTU, kålipani
Ekulwen' elidabi;
Eso-Sonka so-Bomi
Masomeleze nina.

2 Olusizi aluntu,
Nenyembezi azinto,
Nokoyika akunto,
Ninikw' ukomelela.

3 Vuyani ngentliziyo,
Hambani nipėtele,
Nilwe ngokukålipa;
Uloyiso lolwenu.

4 Ma-Kristu, niyafunzwa;
Nok' intshaba zininzi,
Lolwenu uloyiso,
Pambili ke, ma-Kristu!

5 Uzuko kuwe, Yise,
Uzuko kuwe, Nyana,
Nakuwe, Moy' Ongcwele,
Ngawo onke amaxa.

INGOMA YESIBINI—*Emjanyana.*

## 206

7676.7676. Ingoma—E.H. 577.

1 MA-KRISTU, pakamani,
Sibèke pambili,
Sivum' ezokuvuya
Sisinga kwa-Tixo:
Sibizwa siy' ekàya,
Kwelona lililo,
Azi sofika nini
Kón' apo, kowetu?

2 Hambani ke sihambe,
Sicekis' izinto
Zelihlabati libi
Eligqita nazo:
Au! lihl' ilifa letu
Elingagugiyo,
Azi solidla nini
Kón' apo pezulu?

3 Zamani ke, mawetu,
Ze sipumelele;
Kade simelwa zimpi
Ezingabonwayo:
He! sode sizoyise,
Sipuml' e-Zulwini;
Azi soluva nini
Olopumlo lwetu?

4 Masingadani ngoko,
Masixomoloze,
Singabo beyiselwe
Yi-Nkokeli yetu:
Itemba liqinile,
Lihlala lihleli;
Ngu-Yesu i-Temba letu,
Ne-Kàya ne-Lifa.

ENYE INGOMA—328.

## 207

[A.M. 265.] 6666. Ingoma—A.M. 265.
*Makungakàulezisiwa.*

1 MAKUBE ngokwako
Ukutanda, Nkosi;
Ndinyulel' indlela
Endobamba yona.

2 Nokub' injanina,
Yeyona iyiyo;
Yeyondibèkisa
Kolona lupumlo.



3 Ndingezinyuleli
Eyon' itandwa ndim;
Ndinyulele Wena,
'Ze ndingalahleki.

4 Okunqwenelwa ndim,
Kokwako, Tixo wam,
Nendlela mayibe
Kwa yeyako nayo.

5 Nokokuba uté
Mandibe nentsizi,
Nokuba buyolo—
Kokwako konk' oko.

6 Mandizinyulelwe
Nguwe nezihlobo,
Nokuba sisifo,
Nokuba 'kupila.

7 Ukunyul' asikwam;
Umkokeli nguwe,
Yiba ngamandla am,
Ube 'nto zonke kum.
Amen.

## 208

[A.M. 179.] Ingoma yokuqala—A.M. 179.
878787.
Gloriosi Salvatoris.

1 MASIBONGE elo-Gama
Lokusindiswa kwetu,
Elikade lafihleka
Ku-Tixo yedwa lona;
Namhla noko ngemivuyo
Singalivakalisa.

2 Eli-Gama liti "Yesu"
Lincamis' intliziyo;
Liyinqobo, lelovuyo,
Sonwatyiswa ke lilo;
Ngeli-Gama sakúlulwa
Kwisihogo nesono.

3 Libekekil' eli-Gama,
Lixel' ezokoyisa;
Lelokusinandipisa
Sisekweli lentsizi;
Lelo balihlonelayo
Abase-Zulwin' apo.

4 Lakushunyayelwa lona
Liba njengengoma le;
Ozitandazela ngalo
Wobehle acwáyite;
Olaziyo ngenyaniso
Selesiva inywéba.

5 Onganyelwa onk' amanye
Leli-Gama lingcwele;
Tina ngalo, sakuxinwa,
Siyazicit' intshaba;
Lingamandl' oqwálelayo
Nokányiso lwemfama.

6 Ngoko ke siyalinqula
I-Gama lika-Yesu;
Yenza, Nkosi, sâkukúnga,
Libálelwe kut' apa,
Ize, sakuy' e-Zulwini,
Silibonge ne-Ngelosi.
Amen.

ENYE INGOMA—452. INGOMA YESIBINI—E.H. 470.

## 209

[A.M. 299.] 8686. Ingoma—OXF. H.B. 192[1].

1 MASIVUME amaculo,
Kunye ne-
Zitunywa;
Nakuba zingamawaka,
Zibonga lowo mnye.

2 Zit' "Ifanete i-Mvana,
Ukwamket uzuko";
Nati siti elfanele,
Kuba yasifela."

3 Yes', ufanel' ukwamkela
Imbĕko, namandla,
Nendumis' esiyenzayo;
Z'uyamkele, Nkosi.

4 Mayidibane indalo,
Ibong' eli-Gama
Lohleli pezu kwe-Trone,
Lowo uyi-Mvana.
Amen.

ENYE INGOMA—388.

## 210

[E.H. 423.] 878787. Ingoma—E.H. 423.

1 MGWEBI mkul' use-Troneni,
Nkosi yenkosi zonke,
Ngelangatye lemigwebo
Licocis' izwe letu;
Tútúzel' ulipilise
Kwa semideni yalo.

2 Balangazelel' abantu
Ixa lenkululeko;
Ziyakúnga izixeko—
Masipéle isono;
Zitélel' izipáluka
Ngokungavakaliyo.



3 Fez' imigu yako, Tixo,
Cand' ucit' ubumnyama;
Funzel' abafe lipángo
Ngowe-Lizwi umongo;
Hlambúlula izwe letu
Ngobungcwele be-Nkosi. Amen.

## 211

[A.M. 270.] Ingoma yokuqala—S.S. 14.
6686.

*Ngokuti-tyåtyasini.*

1 NKOSI ka-Kristu,
Xóbelan' imfa-
zwe;
Manomelezwe ngamandla
O-Msindisi wenu.

2 Mayinomeleze
I-Nkos' yezihlwele;
Abatemba lingu-Yesu
Bayoyisa bona.

3 Tabatan' amandla
Nesiŕweqe sake,
Nilw' imfazwe nipétele
Ngelake ikáka.

4 Hambani kumandla
Ngamandla, nizama,
Nitandazel' ukoyisa
Amandl' obumnyama.

5 Koti, akudlula
Onke lamadabi,
Nisitweswe isitsaba
Nguye u-Msindisi.

6 Siyakuzukisa,
Nyana wapakade;
Nibanye no-Yise, naye
U-Moya Ongcwele.

ENYE INGOMA—9[2]. INGOMA YESIBINI—A.M. 270.

## 212

[A.M. 208.] 8686. Ingoma—A.M. 208.
O fons amoris, Spiritus.

1 MOY' Ongcwele,
Solufefe,
Mtombo wotandano,
Sivutise intliziyo
Ngalomlilo wako.

2 Njengokuba umanyayo
U-Yise no-Nyana,
Manya njalo tina sonke
Ngentambo zotando.

3 Kulo-Yise nalo-Nyana
Nalo-Moy' Ongcwele,
Makunikelw' indumiso
Ngokungapéliyo.
Amen.

## 213

[A.M. 251.] Ingoma yokuqala—A.M. 251.

7777·7777·

*Kalusizi.*

1 MSINDISI, siyaguqa
Sizokukúnga Wena,
Asingekukangeli,
Ngezinyembezi zetu;
Kodwa ngentlungu zako,
Owazitwala ngomntu,
Yit' ukulo-Tron' yako,
Uv' umtandazo wetu.

2 Ngab' ubuntwana bako,
Nentswelo nenyembezi;
Ngemihla yobunzima,
Usentlango nezilo;
Ngexesha lokuhendwa,
Umtyóli ekutyóba;
Sikangele ngenceba
Uv' umtandazo wetu.

3 Ngalonceba ingcwele
Yalilel' u-Lazaro;
Nangokulila kwako
Ngenxa ye-Yerusalem;
Ngelizw' elilusizi,
Uxel' umngcatshi wako;
Yit' ulapo pezulu
Uv' umtandazo wetu.

4 Ngelixa lobunzima,
Kunzima utandaza;
Ngaw' umnqamlezo wako,
Ubetelelw' uhlatywa;
Ngameva nangeřele,
Uhlekwa unyeliswa;
Yiv' isililo setu,
Uv' umtandazo wetu.

5 Ngokuqáwuka kwako;
Ngokubekw' encwábeni
Kwelomtye likulu,
Kanti Wena wovuka;
Wabuyel' e-Zulwini,
Nkosi enyukileyo;
Yiv' isililo setu,
Uv' umtandazo wetu.
Amen.

INGOMA YESIBINI—E.H. 87.



## 214

6666. Ingoma yokuqala—C.H. 472.

*Ngokuti-zole.*

1 §MSINDISI waboni,
Ndisondele kuwe:
Msindisi waboni,
Ndizibika kuwe.

2 Akukó nalinye
Endilitetayo;
Akukó nandawo
Ndizincoma ngayo.

3 Ndisindwa ngumtwalo
Ondixálisayo;
Umnced' andinaye
Ondikúlulayo.

4 Asikuko nokuba
Ndililo ijacu;
Nditwele ihlazo,
Kuba ndingumoni

5 Ndincólile kanye
Empefumlweni:
Ndiyiyo imfama
Eselusizini.

6 Nakuba ke, Nkosi,
Ndiyinto engento,
Ndiyazi ukuba
Andiyikugxotwa.

7 Ndibamb' amadinga
Owabekileyo;
Ndigcine amazwi
Owatetileyo.

8 Msindisi waboni,
Ndisabela kuwe;
Msindisi waboni,
Ndipépéla kuwe.

INGOMA YESIBINI—*Msindisi waboni.*

## 215

8888. Ingoma—A.N.V. 12.

1 NAMHLA niyabizwa nonke
Ngu-Msindisi ongu-Kristu;
Oseloko wanibiza,
Usabiza nakaloku.

2 Uti, sabelani nonke,
Nize kuv' i-Lizwi lake,
Ningahlali nilibala;
Niyabizwa ngu-Msindisi.

§ Two verses omitted.

3 Akakèti namnye Yena;
Uti, " Sabelani nonke
Nina boni, niguquke,
Nikúlulwe nisindiswe."

4 Kàulezani niye kuye;
Nal' elona xesha lenu:
Niye kuye ngokucela,
Nikúlulwe nisindiswe.

5 Liyadlul' ixesha lenu;
Sekuzakwahlulwa konke:
Pàpàmani, boni nonke,
Nimamkele u-Msindisi.

6 Qubudani e-Nkosini
Engu-Yise omakade,
Naku-Yesu u-Msindisi,
Naku-Moya Oyingcwele.

Enye ingoma—247.

## 216

[A.M. 245.] 8888. Ingoma—A.M. 245.

1 Ndakuwa pambi kwako, Nkos*i*,
Xa ndililela inceba,
Wamkele umtandazo wam,
Ngenxa yomhlobo waboni.

2 Z'ungakangel' ityala lam,
Nezizisihla zingaka;
Mandicanyagushelwe mna
Li-Gazi le-Nkos' u-Yesu.

3 Ndisengowako noko, Nkos*i*,
Ndisesako isidalwa,
Zazelele izilingo
'Ndihleli ndipahlwe zizo.

4 Cinga nange-Lizwi lako,
Namadinga ako onke
Okusabel' umtandazo,
Nokunyamezela kwako.

5 Kòna ukunkaniza kwam
Seukulibala mpela,
Maze zinditetelele
Imfanelo zika-Yesu.



6 Nguw' obonayo novayo,
Ingal' ako yomelele;
Iyapupum' intliziyo;
Ndondele undikúlule. Amen.

## 217

8686. Ingoma—A.M. 535.

1 Ndeva izwi lo-Mkúluli
Libiza lisiti—
" Uya pina? nants' indlela,
Yiz' apa, yiza kum."

2 Ndakangela ndisoyika,
Ndatsho ngesiŕaŕa,
Ndakubona isohlwayo
Saboni ngezono.

3 Ndabaleka ndaya kuye,
Ndacel' uxolelo;
" Taŕu, taŕu ke, Msindisi,
Njengobizo lwako.

4 " Ndiyamlahla u-Satana,
Kwa nemikwà yake;
Ndibonis' indlela yako:
Ndiza kuwe, Bawo."

5 Msindisi otand' aboni,
Nditetelel' apo,
'Ze ndizuze usindiso
Ngezontlungu zako.

6 Ezontlungu wazivayo
Aziqiqwa apa
Emhlabeni siti boni;
Ewe, ndiza kuwe.

Enye ingoma—236.

## 218

[A.M. 196.] Ingoma yokuqala—A.M. 196.
8787.47.

1 Ndikokele, O Mkúluli,
Ndicand' ubu-gxwayiba;
Ndipèlelwe, mandibanjwe
Ngeso sako site-nqi:
Wena Sonka
Sapezulu, xàsa mna.

2 Tyila ngok' umtombo lowo
Umpompoz' awempilo;
Iti nentsika yomlilo
Indikàpe nanini:
M-Sindisi,
Mandla am ne-Kàka lam.

3 Ndikudini lwase-Yordan
Yitsho ndingaxâlabi;
Wena Mvingci wesihogo,
Ndise ngapo e-Kanan:
Lnibongo
Ndokwenzel' amax' onke.

ENYE INGOMA—449. INGOMA YESIBINI—*Monteviot.*

## 219

[A.M. 284.] 6686. Ingoma—OXF H.B. 200[1].

*Ngokuzekelela.*

1 NDIKUDE ku-Bawo,
Sendilahlekile:
Ndidiniwe, yiza, Moya,
Undip' ukupumla.

2 Ndinga ndingabuya,
Ndiye kwa ku-Bawo;
Ndiyakunqwenela, Tsiyon,
Ndakukukúmbula.

3 Ndisentlango apa,
Ndisebumnyameni,
Tixo, ndipê ukonwab.
Nawe e-Zulwini.

4 Tixo, z'usondele:
Nguwe ubomi bam:
Ndihambise, ndikokele,
Undis' ekâya lam.
Amen.

ENYE INGOMA—224[1].

## 220

8888. * Ingoma yokuqala—A.M.N. 15[2].

1 NDIMTANDA u-Msindisi wam,
Ngokuba engu-Mhlobo wam;
Wandenzela uxolo lwam
Pakati kwam no-Tixo wam.

2 Ndimtanda u-Msindisi wam,
Ngokuba engu-Mcoci wam;
Uyazisus' izono zam,
Ohlambe intliziyo yam.

* [*Lengoma yelungele imvumi eziqeqeshiweyo: inokuvunywa ngexa lom-Tendeleko.*]



3 Ndimtanda u-Msindisi wam,
Ngokuba eku'kânya kwam;
O-Lizwi lisibane sam,
Likânyisel' indlela yam.

4 Ndimtanda u-Msindisi wam,
Ngokuba engu-Mncedi wam;
Unam nasebutsheni bam,
Nasekwalupâleni kwam.

5 Ndimtanda u-Msindisi wam,
Ngokuba engamandla am;
Undoyisel' intshaba zam,
Ulaula ngapakati kwam.

6 Ndimtanda u-Msindisi wam,
Uhlal' ehleli Yena nam;
Zakumka izihlobo zam,
Usekô ebubomi bam.

ENYE INGOMA—367. INGOMA YESIBINI—*Roland.*

## 221

8686. Ingoma—C.H. 201.

1 "NDINXANIWE, ndinxaniwe!"
Watsho u-Msindisi;
Watsho xa bamxômileyo
Emtini wehlazo.

2 Ngotê, "Ukub' ubusazi
Ngeucela kumi,
Ndikupê amanz' obomi,
Ungaze unxanwe."

3 Leloliwa lasentlango
Labetwa ngu-Moses;
Suk' ampompoza amanzi,
Basela ke bonke.

4 "Wenani, nina ke nonke
Ninxaniweyo nje,
Nanga ke amanz' obomi,
Ningasela nonke."

5 Xa sisidl' i-Sakramente,
Xa sitandazayo,
Nanxa silifund' i-Lizwi—
Kukusela kwetu.

6 Siyawabulel' amanzi,
Lomanzi obomi;
Ngamana asiqabula
Kobubugxwayiba.
Amen.

ENYE INGOMA—169.

## 222

[A.M. 549.] 8686. Ingoma—A.M. 549.

1 NDIPE intliziyo, Tixo,
Ehlambekileyo,
Etshizwe nge-Gazi lako
Elandopélayo.

2 Intliziy' etobeleyo
U-Msindisi wami,
Kristu, ekufaneleyo
Ap' ulaula kóna.

3 Ndenze ndilulame, Tixo,
Ndihlale ndingcwele,
Kub' akwahlukani nabo
Owakéle kubo.

4 Vuselela intliziyo,
Zigalel' utando,
Zifezeke zibe msulwa,
Zifuze eyako.

5 Malwande ufefe lwako
Ngapakati kuti,
Ulibàl' i-Gama lako
Kwintliziyo zetu.
Amen.

## 223

667777. Ingoma—A.N.V. 13.

1 NDIPIN' apa namhla,
Sendada ndanjenje,
Ingubo zimajacu,
Ipángo lindipéte,
Ndigxotwa ngabo bonke
Endandivuya nabo?

2 Ndingumlahli-lifa,
Ilifa le-Zulu,
Umlahli ka-Bawo wam,
Ozele lutando kum;
Umlahli welokáya
Ilikáya loxolo.

3 Ku-Bawo ekáya
Indlal' ayaziwa
Nangabaqeshwa bake;
Ke mn' apa ndiyabúba:
Kudala endibiza,
Ndingavumi noko mna.

4 Ndiya kuye ngoku,
Itsho intliziyo;
Ndingecel' ubunyana,
Endabulahla ngokwam;
Ndoti, makandiqashe,
Ngokuba enofefe.

5 Bawo, ndiyoyika
Nokukukangela;
Ndonile pambi kwako,
Napambi kwe-Ngelosi:
Ndidale isicaka
Sokukusebenzela.



6 Ndosebenza, Bawo,
Nditwal' umnqamlezo:
Ndilambel' uxolelo
Lokuba ndikonile:
Ndilambel' ukukonza
U-Mkúluli ongowam.

7 Bawo, x' amehlo am
Ebona luzizi,
Zibanda inyawo zam,
Ipápú likáuleza,
Nditabatele kuwe,
Ngokuba unofefe.

## 224

[A.M. 250.] 6686. Ingoma yokuqala—B.I. 36.

1 NDISEBUNZULWINI,
Ndâkálela kuwe,
Nkosi, ndiwa pambi kwako,
Ndipáte ngenceba.

2 Ndikála nditshonē
Kwinzulu zesono,
Kububi obudlulayo,
Kububi bangoku.

3 Ndipétwe zintloni
Yonke imini le,
Ndikwinzulu yokoyika,
Nditi, Taŕu! Nkosi.

4 Nkosi, yasoloko
Ik*w*' inceba kuwe,
Ndiwa pambi kwe-Tron' yako,
Ndipàte ngenceba.
Amen.

INGOMA YESIBINI—A.M. 250.

## 225

[A.M. 277.] 6464664. Ingoma—A.M. 277.

1 NDISONDEZE kuwe,
Tixo wami;
Naxa ndikwélayo
Ngomnqamlezo,
Ndotsho futi nditi,
Ndisondeze kuwe,
Tixo wami.

2 Naxa ngokuhamba
Ndihlwelweyo,
Ndingafiki ndawo
Ebusuku,
Ndisondeze kuwe,
Ndikubone, Tixo,
Epúpéni.

3 Ndiyibon' indlela
Eya kuwe;
Konk' okwam kuvela
Ngobubele,
Ne-Ngelosi zako
Zindikóba, ndize
Kuwe, Tixo.

4 Nditi, ndakuvuka,
Ndikubonge,
Ndilimis' ilitye
Le-Betele,
Ndikúnjuzwe lilo
Ungakumi futi,
Tixo wami. Amen.

## 226

[A.M. 517.] 8686. Ingoma—E.H. 421.

1 NDITI ndakubon' i-
nceba
Zako, Tixo wami,
Ndikutande, ndidumise,
Ndimangalisiwe.

2 Wonwatyiswa umpefumlo
Wam zizipó zako,
Ndingekazi nento ngawe,
Mtombo wokupila.

3 Sindikúlisil' isandla
Sako, sandixása,
Kulondlel' ebutélezi
Bendihamba ngayo.

4 Ndokusukela okwako
Okulungileyo,
Ngokukodwa kwelizayo
Lona ihlabati.

5 Ndiyakuzukisa Wena
Ngokungapéliyo;
Kube noko akwanele
Ukuzukisa kwam.

ENYE INGOMA—255.

## 227

8686. Ingoma—A.M. 32.

1 NDIYITANDA kanye,
Nkosi,
Imiyalo yako;
Ndiyigcin' imini yonke
Nobusuku bonke.

2 Isibane senyawo zam
Ngamaxesha onke;
Lukányiso lwamehlo am,
Ngayo ndiyabona.

3 Ngalencwadi ye-Zwi lako
Ndikwazile, Yesu,
Ngokányiso lwalo-Moya
Uyingcwele wako.

4 Wandivul' amehlo emvo,
Ndakuqonda Wena;
Bendihleli ndingaboni
Leminyaka yonke.

EZINYE INGOMA—226, 255.



## 228

8888. Ingoma—E.H. 167.

1 NDIZA kuwe, Wena Mvana,
Ndingenazwi kupél' eli—
Wandopéla, wandifela,
Wandibiza ndize kuwe.

2 Ndiza kuwe, Wena Mvana,
Wen' o-Gazi lisulayo
Konke okuncólileyo,
Kungasali necápaza.

3 Ndiza kuwe, Wena Mvana,
Andilindi kuzihlamba
Ngamandla am nakwesinye
Isonwana entlizy'weni.

4 Ndiza kuwe, Wena Mvana,
Ndiludway' oluyimfama,
Upiliso nokubona
Ndivukele zona kuwe.

ENYE INGOMA—88.

## 229

[A.M. 303.] 667.667. Ingoma—A.M.N. 503.
Beim frühen Morgenlicht.

1 NDOTI xa kusayo,
Ndivuke ndisiti,
" Makabongwe u-Yesu ";
Nasemsebenzini
Ndotandaza nditi,
" Makabongwe u-Yesu."

2 Yakubet' intsimbi
Ye-kerike ndoti,
" Makabongwe u-Yesu ":

Mamela, iti-ni?
Ivuma isiti,
" Makabongwe u-Yesu."

3 * Ndohlala ndivuma
Nabaculi, nditi,
" Makabongwe u-Yesu":
Lengoma yoyolo
Ayize idike,
" Makabongwe u-Yesu."

4 Ndingenabutongo,
Ndoti ngentliziyo,
" Makabongwe u-Yesu"
Maxa ndihendwayo,
Ndozukisa ngeli,
" Makabongwe u-Yesu."

5 * Ndakuba nentsizi,
Ndonwaba ndakuti,
" Makabongwe u-Yesu":
Kwakupel' uyolo,
Itemba lam leli,
" Makabongwe u-Yesu."

6 Kuba mhlope kanye
Sakuba sisiti,
" Makabongwe u-Yesu":
Amandl' obumnyama
Ayemka kwakut'wa,
" Makabongwe u-Yesu."

7 Pezulu komkulu
It' eyona ngoma,
" Makabongwe u-Yesu":
Ulwandle, nomhlaba,
Nezulu maliti,
" Makabongwe u-Yesu."

* Ezi-vesi zingayekwa.



8 Ndobonga i-Nkosi
Ngalengoma, nditi
" Makabongwe u-Yesu":
Mayihlal' ivunywa
Kude kube nini;
" Makabongwe u-Yesu." Amen

## 230

[A.M. 206.] 8888. Ingoma—A.M. 245.

1 NGALOMHLA woyikekayo,
Kudlul' izulu nomhlaba,
Wotemba nina umoni
Ngalomhla woyikekayo?

2 Xa amazulu evuta,
Akusongwa njengompéto;
Nexilongo lihlokoma
Ukuvus' abafileyo.

3 Ngayo lomini yengqumbo,
Umnt' evukel' emgwebeni,
Uz' ube litemba, Kristu,
Zakudlula into zonke. Amen.

## 231

[A.M. 274.] Ingoma yokuqala—S.M.T.B. 29.
8787.
Igjennem Nat og Trængsel.

1 NGOBUSUKU benkatazo,
Benyembezi ne ntsizi,
Amaqela abahambi,
Abekisa pambili

2 Ehamba nje akayeki
Ukuvuma ingoma,
Zamatemba elolizwe
Aya kulo, le-Kanan.

3 Pambi kwetu kukokela
Isibane se-Zulu ;
Amakólwa axåkene,
Ahamba emnyameni.

4 Lunye ukányiso lwabo
Abangabakúlulwa ;
Kukubakó kuka-Tixo,
Ositoba imvalo.

5 Simanyene koluhambo,
Simanyene ngokólo,
Simanyene etembeni
Esonikwa ngu-Tixo.

6 Simanyene engomeni
Evunywa ngamawaka ;
Simanyene kwelidabi
Linengozi ezimbi.

7 Simanyene ngemivuyo
Sakuwel' e-Yoredan,
Ap' u-Bawo wetu sonke
Apėteyo ngotando.

8 Nyatelani ngesibindi
Ngoko ke, bazalwana,
Nilw' imfazwe yomnqa-
mlezo,
Nife nipantsi kwayo.

9 Kukufupi ukuvuka,
Uřazuko lwencwåba,
Ukumka kwalamatunzi,
Ukupėla kosizi.
Amen.

INGOMA YESIBINI—*Rosettenville.*

EZINYE INGOMA—379, I, *App.*

## 232

8888. Ingoma—A.M.N. 257.

*Ngokuzekelela.*

1 NGUBANINA owohlala
Kwisixeko sako,
Nkosi,
Aze abe nokupumla
Kwintaba yako engcwele ?

2 Ngongenaso isizatu,
Elungisa emhlabeni ;
Ngotetayo inyaniso,
Itatel' entliziyweni.

3 Ngongenayo inkohliso
Epumayo emlonyeni ;
Akamoni ummelwane,
Akamhlebi umzalwana.

4 Emehlweni ake yena
Uyazenza omncinane ;
Utiyene nonobubi ;
Uyamncom' olungileyo.

ENYE INGOMA—II.



## 233

[A.M. 546.] 6666.4444. Ingoma—A.M. 546.

1 NINA, zi-Ngelosi,
Nihleli ku-Tixo,
Bongani nicule
Ngezwi lendumiso,
Zukisani
U-Kumkani
Wokumkani,
Yen' u-Tixo.

2 Nina mipefumlo
Yabasekupumleni,
Nihlel' ekukányeni
Nibonana ne-Nkosi,
Dumisani,
Nihlale ko-
Kokukánya
Kwake Yena.

3 Nina ni-Zingcwele
Nqulan' u-Kumkani,
Nimvumel' ingoma
Nisinga pambili.
M-bongeni,
Owayekó,
Ungokóyo,
Ohlel' ekó.

4 Nawe, mpefumlo wam,
Vuyela u-Tixo,
Uvume ngovuyo
Ingoma yotando.
Yonk' imihla
Ude ufe,
Bulela ke,
Uzukise.

## 234

[A.M. 516.] 8888. Ingoma—A.M. 166[1].

1 NINA zizwe, qubudani
Pambi kwake
u-Yehova,
Nguye yedwa ongu-Tixo,
Uyadala, abúbise.

2 Wasidala Yena yedwa,
Ngalo utuli lomhlaba,
Wati sesilahlekile,
Wasibuyisela kuye.

3 Soza ngoko simbulele,
Koviwa nase-Zulwini,
Nelwimi zonke zomhlaba
Ziyakwenza indumiso.

4 Umteto wako ubanzi,
Notando lwako lunzulu,
Yohlal' inyaniso yako,
Kude kus' ekupėleni.

ENYE INGOMA—304.

## 235

8686. Ingoma—E.H. 80.

1 NIYABIZWA, bantu
nonke,
Ngu-Mkúluli wenu,
Uti, " Yizani kum
nonke,
Nemitwalo yenu."

2 Unamandla onke Yena
Okunikúlula,
Unenceba yonke Yena,
Anganixolela.

3 Yesu, amatyala etu
Uz' uwaxolele,
Yiva umtandazo wetu,
Usisikelele.

4 Hlamba intliziyo zetu
Ngelo-Gazi lako,
Yomelez' ukólo lwetu,
Ngalo-Moya wako.

5 Masikonze Wena ngoko
Apa emhlabeni,
Side size pambi kwako
Apo e-Zulwini.
Amen.

## 236

[*Cf.* A.M. 238.] 8686. Ingoma—E.H. 140.

*Makungakàulezistwa.*

1 NJENGEBADI libàdula
Ngokufun' umto-
mbo,
Ikufuna njalo, Tixo,
Eyam intliziyo.

2 Inxaniwe intliziyo,
Inxanelw' u-Tixo,
Ewe, lowo waziwayo
Ungopilileyo.

3 * Bandibuza, ndasibeka
Isililo mina,
Bakuhlala bendibuza,
" Uno-Tixo pina ? "

4 * Zapàlala inyembezi
Ndakuba ndindedwa,
Ndakucinga ngabaninzi
Abangasekóyo.

5 * Kuba namhla ndinje-
njenje,
Ndililolo apa :
Ndandisiya nezihlwele
Kuyo indlu yako.

* Ezi-vesi zingayekwa.



6 * Ndotsho nditi, " O
Tixo wam,
Undilahlele ni,
'De ndihlekwe lut'
utshaba,
' Uno-Tixo pina ? ' "

7 Kunganina, mpefumlo
wam,
Udàkumbileyo ?
Bek' itemba lako kuye.
Ututuzeleke. Amen.

*I-vesi ezingapaulwanga zingavunywa, ngamazwi atobeki leyo, emva kom-Tandazo woku-Ngcwalisa, em-Tendelekweni.*

## 237

[*Cf.* OXF. H.B. 244.] Ingoma—OXF. H.B. 244[1].

7775.

1 NKOS' enamandla onke,
Mvelisi wokukànya,
Menzi wase-Zulwini,
Yesu, sisize.

2 Nkosi enezibele,
Yobomi nokukànya,
Mfundisi wapezulu,
Yesu, sisize.

3 Womelel' u-Msindisi,
Wazitoba lomntwana,
Lomtinjwa watinjwayo,
Yesu, sisize. Amen.

ENYE INGOMA—244.

## 238

8888. Ingoma—D.M.H.B. 66.

1 NKOSI, imnand' indlela yako
Kwabo bayifumeneyo,
Ngokokuba inovuyo,
Inosindis' olukulu.

* Ezi-vesi zingayekwa.

2 Nkosi, ndazise londlela,
'Ze ndikulandele ngayo,
Nakub' intlungu zokufa
Zindicikid' umpefumlo.

3 Ndip' amandla, Wena Yesu
Umpefuml' uyakufuna;
Ndip' amend' okusukela—
Ndikangele kuwe wedwa.

4 Wanditabata ezêni
Mhlana wandidala, Tixo;
Wandifel' emnqamlezweni
Mhla wandikúlula, Yesu.

5 Ndikwenzele nto-nina ke,
Ngenxa yolotando lwako,
Ngokuncam' u-Nyana wako,
Andifel' emnqamlezweni?

6 Ndiyazinikela kuwe,
Umzimba nompefumlo wam;
Ndamkele ngoko, Tixo wam,
Ndibe kuw' unapakade. Amen.

## 239

[A.M. 243.] 6666. Ingoma—S.A.T.B. 330.

1 NKOSI, i-Zwi lako
Aliyikudlula;
Liyadlul' i-Zulu,
Uyadlul' umhlaba.

2 Nxa intshaba zetu
Zisibàndezele,
I-Zwi losindiso
Lositútúzela.

3 Liyakányisela
Abasemnyameni:
Sincede sibone,
Nguwe u-Kányiso

4 Liyasonwabisa,
Liyasivuyisa:
Sincede sizuze
Uxolo novuyo.



5 Asingeluxeli
Uxolo novuyo,
Esilwaziswayo
Leli-Lizwi lako.

6 Siyalibulela
Eli-Lizwi lako,
Sipé sidl' ubomi
Kunye nawe, Nkosi.
Amen.

ENYE INGOMA—59.

## 240

[A.M. 185.] 6686. Ingoma—A.M. 185.

*Μνώεο Χριστέ.*

1 NKOSI, ndikúmbule,
Usus' isono sam,
Ndikúlul' ezinkanukweni,
Ndenze ndibe nyulu.

2 Nkosi, ndikúmbule
Kokukuxakeka,
Mandibe 'sicaka sako
Esingenakumbi.

3 Nkosi, ndikúmbule,
'Ze ndingapambuki,
Ndalatis' eyona ndlela
Esing' e-Zulwini.

4 Nkosi, ndikúmbule,
'Ze ekupéleni
Ndibon' ubungcwele bako,
Ndigcob' e-Zulwini.

5 Nkosi, ndikúmbule,
Nam zendihlomele
Kulongoma yapezulu
Ebong' u-MTriniti.
Amen.

ENYE INGOMA—243.

## 241

8686. Ingoma—A.M. 535

1 NKOSI, ngubanina kuti
Onokwazi kanye
Ubuhlungu nengqaqambo
Ka-Mariy' Ongcwele;

2 Xa wayemi engateti,
Ejong' u-Nyan' ake,
Exónywe emnqamlezweni
Ngenxa yetu boni?

3 U-Simon omdala wati,
"Iŕele lotyútyá
Intliziyo yako, Nina,'
Namhla kunjanina?

4 Nanko emi nalomfundi,
Abemtanda Yena:
Ngubanina ongaxela
Okucingwa ngabo?

5 Bema bejong' ebusweni,
Bete-manga kanye;
Púlapúla, uyateta,
Ubėkisa kubo.

6 'Mfazi, nank' unyana wako,
" Nyana, nank' unyoko ";
Waye eteta ngambalwa,
Amandl' ayapėla.

7 Pakati kwentlungu ezo
Usacinga ngabo;
Abahlobo benyaniso
Akabalibele.

8 Amaqin' okwalamana
Uyawaqinisa,
Nok' esezintlungwini nje,
Usawagcinile.

9 Abazali nezihlobo,
Kwanjengawe nati,
Sipė, Nkosi, sibatande,
Kuse ekufeni. Amen.

EZINYE INGOMA—235, 242.

## 242

[A.M. 162.] 8686. Ingoma—A.M. 162.

1 NKOSI, senzele inceba,
Siyazinikela;
Kangela tina zidalwa,
MTriniti Ongcwele.

2 Wena oyimfihlakalo!
Siwa pambi kwako;
Nceda ngoku, Solufefe,
MTriniti Ongcwele.

3 Ungekadali izulu,
Nalo ihlabati,
Waselukó ungu-Tixo,
Unotando kade.

4 Indalo yona ngokwayo
Iyamangalisa;
Maube ungonjanina,
'Tando lwapakade!

5 Wena oyimfihlakalo!
Siwa pambi kwako;
Nceda ngoku, Solufefe,
MTriniti Ongcwele.
Amen.

## 243

6686. Ingoma—CAN. H.B. 538.

1 NKOSI, sihlangene,
Sisendlwini yako;
Yiza nawe, sesingene
Ebusweni bako.

2 Iziteto zako,
Bawo, masizive
Kwase-Kerikeni yako,
Nawe masikuve.



3 Intliziyo yetu
Iyakugulela;
Nawo umpefumlo wetu
Uyakukangela.

4 Mausilungise
Tina bantu bako;
Sakubùbá singenise
E-Zulwini lako. Amen.

## 244

[A.M. 163.] 7775. Ingoma—A.M. 163.

1 NKOSI Tixo, MTriniti,
Wena Mpàti omkulu,
Yiva tina sakuti
Sikuculele.

2 Tix' Ongu-Sokukánya,
Kányisel' intliziyo,
Sihlal' elutandweni
Ngofefe lwako.

3 Kwakuhlwa imini le,
Izono zixolele;
Noxolo lutumele
Olwapezulu.

4 Nkosi, singa singati
Sikonze Wena futi
Apa, nase-Zulwini
Ngonapakade. Amen.

EZINYE INGOMA—10, 237.

## 245

[A.M. 248.] 8686. Ingoma—A.M. 248.

1 NKOSI, yiz' usikúlule
Kubunzima betu,
Kuti balingwayo futi
Yip' amandl' okuma.

2 Xa zisekóy' izilingo,
Sitwel' umnqamlezo,
Sojonga kuwe wedwa, Nkos*i*,
Ngomtandazo wetu.

3 Sipė owako u-Moya,
Sibe nokuzama,
'De sibon' ubuso bako,
Saz' i-Gama lako.

4 Lude olotando lwako
Lube pezu kwetu,
Sonke sokála ngeliti,
" Andikuyek' umke."

5 Andikukuyeka umke
Ungalixelanga
Lon' elo-Gama lako kum,
Undisikelele.

6 Ndobubon' ubuso bako
Ngobunjalo babo,
Apo kóna umtandazo
Woba seluzuko.

## 246

[A.M. 214.] 11.11.11.5. Ingoma—A.M. 214.

1 NKOSI yobom, no-Tixo wosindiso,
Kwézi efini, Temba lento zonke,
Yiv' i-Kerike yako iyalila,
Tixo Somandla.

2 Amaza ayangqonga i-Kerike,
Zihlokomis' intshaba, zihlomile;
Xa zihlabanisela kabuhlungu,
Wang' ungasiza.

3 Nkos*i*, ungasiza xa liwil' ikáka,
Nkos*i*, ungaxása xa zisilw' izono,
Kufa! Hades! aningoyis' i-Kerik*e*;
Nkos*i*, sip' uxolo.

4 Mazigxotwe intshaba zetu ngawe,
Mazaz' inyanis' ako, zixolelwe,
Uxolo emhlaben*i*; sesizamile,—
Nase-Zulwini. Amen.

## 247

[C.H. 357.] 8888. Ingoma—A.M. 166[1].

*Makungatsalwa.*

1 NONKE enikulomhlaba,
Dumisani u-Yehova;
M-bongeni ngokugcoba,
M-konzeni ngokoyika.

2 Ungu-Tixo ngokwenene,
Tina sizidalwa zake;
Usalūse wasigcina,
Wasenza izimvu zake.

3 Ngenani endlwini yake,
Nize nimbulele kóna,
Nisondel' emnyango wake,
Nimdumise ngokuvuya.

4 Ulungil' u-Tixo wetu,
Ngoko siyakumzukisa;
Wohlal' eyi-Nkosi yetu
Ngawo onke amaxesha.

ENYE INGOMA—172.



## 248

[A.M. 217.] 6666. Ingoma—A.M. 217.

1 OWAKO umbuso
Maufike, Nkosi,
Eme namabótwe
Ekomkulu lako.

2 Maubet' utyumze
Ngentonga yentsimbi,
Tixo ongu-Kristu,
Incwangu yesono.

3 Upin' umzi wako,
Umzi onoxolo?
Nguwupina umhla
Ekopél' intiyo?

4 Opéla ninina
Onke lamadabi?
Uřalo nomnqweno
Zibaleke Wena?

5 Vuka Wena, Nkosi,
Uze ngomelelo;
Sâfa kukangela,
Silindele Wena.

6 Nawe uyagxekwa
Apa elizweni;
Ubub' obukóyo
Bubulal' utando.

7 Apa kwa-hedeni
Kulel' ubumnyama;
Vela, Kwézi, vela;
Vela, ungatshoni.
Amen.

ENYE INGOMA—409.

## 249

10.10.10.10. Ingoma—A.M. 312[2].

1 OWAKULULAMELAY' ukufa
Wameyisa u-Sonkóhlakalo;
Kúsela intsápo yelilizwe,
Ngengweletshétshe ye-Lizwi lako.

2 O-Gazi lako liyímiřozo,
Uzizingelel' imípefumlo:
Xwila, nyotúla intsapo yetu
Enzonzobiléni yobumnyama.

3 Menzi wezandekéla pezulu,
Wena utéko litelelwayo,
Bángis' ubuyáta nako konke
Ukuhibáza kwentsapo yetu.

4 Ozimfefe zingapéle-ndawo
Ngokusiza abalámbatayo :
Velel' umliséla nomtinjana,
Uwukokeléle e-Tsiyone.

5 Menzi wonqangaz' unzónzotéka,
Mtwali wendeleko zéhlabati,
Ezimbedlengána zizezako,
Siyazicámagushela kuwe.

6 Tafu, Tola lasenyángwaneni !
Abenzi bentlond' ézimanyala,
Abanengcíkivane nobumpi,
Bavelele, Yésu Oyingcwele. Amen.

ENYE INGOMA—24.

## 250

[A.M. 542.] 7676.7676. Ingoma—A.M. 542.

*Ngomxèlo.*

1 PAKAMANI, ma-Kristu !
Nilw' eyomnqa-
mlezo ;
Pakamisani indwe,
Ningahlehli nayo,
Esikokel' u-Yesu,
Sobehle soyise,
Zisantsulisw' intshaba,
Kulaule u-Kristu.

2 Pakamani, ma-Kristu !
Kuhlatywa umkosi ;
Ngu-Yesu obizayo,
Uti, " Pápámani " ;
Ningahilwa ngumtyóli,
Onga angaqwenga,
Pakati edabini !
U-Tix' ungakuni.

3 Pakamani, ma-Kristu!
Uyafunz' u-Yesu ;
Kúmbulani, pambili,
Noyis' ekulweni,
Nok' intshaba zininzı,
Zimacalan' onke,
Kálipani, ma-Kristu,
Nizigxote zonke.

4 Pakamani, ma-Kristu !
Nitembe u-Yesu ;
Nguye yedw' onamandla,
Ningazitembi ke.
Xóbani i-Vangeli,
Nekáka lenkungo ;
Pambili ninganqwanqwi,
Qinani, ma-Kristu !



5 Pakamani, ma-Kristu !
Liyedlul' idabi ;
Namhla nje, zezemfazwe,
Ngomso, kukoyisa.
Ninxitywe isitsaba
Sobom bapakade,
Nolaula e-Zulwini
Ndawonye no-Kristu.
Amen.

ENYE INGOMA—328.

## 251

8686. Ingoma—CAN. H.B. 273.

*Ngokuzekelela.*

1 PEZULU komkulu, Tixo,
Luxolo noyolo,
Nengoma zabazukisa
Obukulu bako.

2 Nantso ! im' i-Trone
yako,
Ipahlwe ngezabo
Abadala ; ziqaqamba
Izivato zabo.

3 Ngokunjalo ezo-Zinto
Ezipilileyo,
Ezo zine ; ziqubuda
Zinenkonzo zazo.

4 Neziganga ze-Ngelosi
Zimi, intlu ngentlu ;
Ziyondela ngaku-Mdali,
Zihleli zimkonza.

5 Nemikosi ya-Bangcwele,
Ingangenkwenkwezi,
Ikó nayo ; beyisile,
Sebesiv' inywéba.

6 Ngezw' elinye ziyabonga
Zonk' ezizidalwa,
Ziti, " U-Ngcwele
nyengcwele
Ufanel' imbéko,

7 " Uzuko nokomelela,
Nay' imibulelo ;
Owayekó, osekóyo
Onk' amapakade."

8 Pezulu komkulu lako
Yimihlali yodwa,
Nemibongo ; kuzukiswa
U-MTrinit' Ongcwele.

ENYE INGOMA—414.

## 252

[A.M. 200.] 8888. Ingoma—A.M. 200.

1 SIDUMIS' i-Nkosi yetu
Eyasifel' emnqamle-
zweni ;
Elona Temba laboni,
Nelizwe asilenze nto.

2 Emnqamlezweni kubálwe
Ukut' " U-Tix' ulu-
Tando ! "
Wazitwal' izono zetu
Emtini lowo wehlazo.

3 Nguwo wona lomnqa-
mlezo
Osusa izono zetu;
Nomadol' abetanayo
Uyomelezeka ngawo.

4 Negwala liyomelela,
Likuqinele ukulwa;
Nencwáb' alisoyikeki,
Nokufa kuyamkeleka.

5 Ngowona mciza wobomi,
Sisiqiniso sotando,
Ikáka laboni apa,
Ingoma yabase-Zulwin*i*.

6 Makazukiswe u-Kristu,
Owabafelay' aboni;
Ngabo bonk' abakúlulwa,
Kuse kuw' amapakade.
Amen.

ENYE INGOMA—11.

## 253

[A.M. 231.] 6686.6686. Ingoma—A.M. 231.

1 "SIHLALA sihleli
Ndawonye ne-
Nkosi!"
Amen: Kwanga kunga-
njalo;
Libubom elozwi.
Apa ngalomzimba
Ndisitele kuye,
Nok' okukuhlwa kuhlwayo
Ndisondel' ekáya.

2 Wena, Mzi ka-Bawo,
Káya lompefumlo,
Kwi'so lokól' ayavela
Amasango ako!
Wandul' umoya wam
Ukulinxanelwa
Elozwe ndilitandayo,
Le'fa la-Bangcwele.

3 "Sihlala sihleli
Ndawonye ne-Nkosi!"
Bawo, idinga lelozwi
Lizalis' apa kum.
Yiba 'kunene kum,
Ukuze ndingawi;
Z'undipakamise, ndime,
Ndilwe 'ze ndoyise.

4 Ndize ndakubúbá,
Ndisind' ekufeni
Kwangako ukufa, ndidle
Ubom bapakade.
Ndolitand' elozwi,
Nokumemelela
Ndoti, "Sihlale sihleli
Sindawonye ne-
Nkos*i*!" Amen.



## 254

[A.M. 246.] 8888. Ingoma—OXF. H.B. 251.

1 SIHLANGANA nengxa-
keko
Ekuzeni pambi kwe-
Nkos*i*;
Nowaziyo umtandazo
Ung' angade abe kóna.

2 Umtandazo unamandla,
Ufikelel' e-Zulwini,
Uvus' inkolo notando,
Utobe nentsikelelo.

3 Isifweqe sokólwayo
Siyalolwa ngumtandazo;
No-Mtyól' ubehle agubé
Ebona owe ngedolo.

4 Luzingiso lona lodwa
Oluvelis' uloyiso:
Kuti kona ukutyafa
Kulandelwe kukoyiswa.

5 Siswele amazwi na ke?
Sikwaz' ukuxelelana
Ngenzima zetu zalapa,
Eziti zisifikele.

6 Ukuba esisililo
Besisingisw' e-Zulwini,
Ngesitsho futi ukuti,
"I-Nkos' indenzele oku."

7 Yandis' ukólo lwetu,
Nkos*i*,
Kwa nalo utando lwetu,
Sizifuman' iziqámo
Zomtandazo wenyaniso.
Amen.

ENYE INGOMA—252.

## 255

8686. Ingoma—OXF. H.B. 192[1].

*Ngokuzekelela.*

1 SINE-LIZWI lika-Tixo,
Sinobomi ngalo;
Siyazaz' izono zetu,
No-Msindisi, ngalo.

2 Lihambile elo-Lizwi,
Lisahamba lona;
Ezozizwe ezikude
Zilindele lona.

3 Ziyoyisw' intshaba zako
Nge-Zwi lako, Nkosi;
Wozalisw' umhlaba
wonke
Li-Zwi lako, Nkosi.

4 Imilambo yelilizwe
Yovuyiswa lilo;
Abantwana bezizizwe
Bolulekwa lilo.

5 Zopélisw' imfazwe zonke,
Nge-Zwi lako, Tixo;
Kwakulaul' uxolo lodwa
Nge-Zwi lako, Tixo.
Amen.

EZINYE INGOMA—226, 227.

## 256

[A.M. 280.] 8886. Ingoma—A.M. 280².

1 SINGABAKO! Bawo wetu,
Mausive e-Zulwini;
Masihlale singabako
Wonk' unapakade.

2 Singabako! Bomi betu,
Nguwe osipilisayo;
Kusaliwa emhlabeni,
Masigcinwe nguwe.

3 Singabako! nguwe wedwa
Oyi-Nene, oyi-Ndlela;
Masihlale sifundiswa,
Sikokelwa nguwe.

4 Singabako! sizigusha
Ezihlala zilahleka;
Masisinde, Sobubele,
Ngokwalūswa nguwe.

5 Singabako! Nkosi yetu,
Masipiwe konke nguwe,
Sikúlulwe ekoneni,
Sigoduswe nguwe.
Amen.

## 257

10.10.10.10. Ingoma—C.H. 252.

1 SITANDAZEL' ukupefumlelwa
Nguwe, Mzali owasizalayo
Mhlenikweni wasibápatiza
Ngolwako u-Báptizo lomlilo.

2 Wayifukamel' inzonzobila,
Wafukamela ubugxwayiba,
Wayicwangcisa indalo yonke,
Wayihlel' ukupélana kwayo.



3 Sitshon' esidikini semvela:
Sifukamele esisidiki,
Ude uqandusele onyana
Nentomb' ezisulungekileyo—

4 Owak' umlisela nomtinjana,
Olandela i-Mvana ye-Zulu
Apo sukuba isiya kóna;
Ngokuva ifuté lako, Moya.

5 Siyakwazi, Moya wentambiso,
Ukungacekisi kwako Wena
Izinto ezizinqambi kuti;
Uyazingcwalisa, Wena Moya.

6 Wena, Rel' elintlangoti mbini,
Elabinz' u-Simone ka-Yona,
Lamkáhlela pantsi oka-Gaba,
Sisulele ngobungcwele bako. Amen.

ENYE INGOMA—162

## 258

[A.M. 242.] 6666. Ingoma—A.M. 242.

1 SITAND' indlu yako,
Tixo Oyingcwele:
Sitand' ukuz' apa,
Size kukukonza.

2 Lendawo yeyako,
Esikóyo kuyo:
Yiva, Yesu Kristu,
Sakukuzukisa.

3 Sitanda nequla
Eli lo-Báptizo;
Sizalelwa kóna
Ngokutsha ngu-Moya.

4 Sitand' i-Altar le,
Sixabise yona,
Sakunqula apo
Ubakó ngenene.

5 Sitand' i-Zwi lako,
I-Zwi losindiso:
Uz' usip' ingqondo
Size siliqonde.

6 Sitand' ukucula
Indumiso yako,
Nokunqula Wena
Kuluvuyo lwetu

7 Yesu, z'usincede,
Size sikukonze
Ngentliziyo zetu,
Yonk' imihla yetu ;

8 Size sifanele
Emva kobubomi
Ukukubonga, Nkos*i*,
E-Zulwini lako. Amen.

## 259

[A.M. 267.] 8686. Ingoma—A.M. 267.

1 SIZ' emnqamlezweni wako,
Sifun' uxolelo ;
Masikufuze, Msindisi,
Ngentlalo enyulu.

2 Sincede ezingozini,
Sitwal' umnqamlezo ;
Senze intando ka-Bawo,
Le owayenzayo.

3 Maluti ufefe lwako
Lugxote iřatshi ;
Kuhlale kuti utando,
Ezintliziyweni.

4 Lwakumka kuti uvuyo,
Kufik' ubumnyama,
Sokúnga njengawe, "Bawo,
Yenz' intando yako."

5 Sigcin' ezingxakekweni,
Xolel' izigqito ;
Sikokele kulendlela,
Sising' e-Zulwini.
Amen.

ENYE INGOMA—236.

## 260

66.77.8.10. Ingoma—A.N.V. 13.

1 TETA namhla nje, Nkos*i*,
Kuzo intliziyo ;
Yenza simamel' izwi
Livela e-Zulwini ;
Elo livusa aboni :
Bawo ohlel' upét' e-Zulwini.

2 Hlamba izon' ezi
Ngelako i-Gazi ;
Ize singaxakeki
Mini sinqonqozayo
Emasangwen' akomkulu :
Yesu, ohlel' ukúng' e-Zulwini.



3 Yihla uze kuhle,
Nyela utambise,
Az' oyena Mhlwayeli
Ahlwayele nakuti,
Sintshulele ebomini :
Moya, ohlel' uvel' e-Zulwini.
Amen.

## 261

[A.M. 164.] 8888. Ingoma—S.S. 148.

*Ngokuzekelela, nangamazwi atotyiweyo.*

1 TIXO, Bawo wase-Zulwin*i*,
Owasenzela isizi,
Siyatoba pambi kwe-Tron*e*,
Sipé olotando lwako.

2 Tixo, Nyana, Ongu-Lizwi,
Mkúluli, ne-Nkosi yetu,
Siyatoba pambi kwe-Tron*e*,
Sip' ufefe losindiso.

3 Tixo, Moya Oyingcwele,
Opilisa umpefumlo,
Siyatoba pambi kwe-Tron*e*,
Sip' amandla adlis' ubom.

4 M-Triniti Oyingcwele,
Yise, Nyana, Moy' Ongcwele ;
Siyatoba pambi kwe-Tron*e*,
Sip' intsikelelo yako. Amen.

ENYE INGOMA—11.

## 262

[A.M. 264.] 8888. Ingoma—A.M. 264.

1 TIXO, Bawo, xá ndisati
Ndipambuke kúwe futi,
Ndifundise íze nditi,
Mayenzek' intándo yako.

2 Xa imnyama indléla yam,
Makube kukonwába kwam
Ukuti ngomtandázo wam,
Mayenzek' intándo yako.

3 Naxa sendishíyekile,
Intanda zam sézimkile,
Loti elam, ndilúlamile,
Mayenzek' intándo yako.

4 X' undihluta izipó zako,
Ezeza kum ngesísa sako,
Konke okwam kúkokwako ;
Mayenzek' intándo yako.

5 Kupéla, Nkosi, ndígalele
Ngo-Moya wako Óyingcwele,
Ize ndikululámele ;
Mayenzek' intándo yako.

6 Ndenze ngcwele imíhla yonke,
Ndikukonze ngénto zonke,
Ndize nditi ngamáxa onke,
Mayenzek' intándo yako. Amen

## 263

ELOKUTANDAZELA ABASEBENZI

9898. Ingoma—H.P. 231.

1 TIXO, kangela, sitandaza,
Kulo lonk' elimiweyo,
Zonk' indidi zabasebenzi
Zilengaleng' engozini.

2 Pants', emingxunyeni yomhlaba,
Ko-stemel' ezinzulwini,
Kwingozi-ngozi zo-loliwe—
Bawo, z'ubalondoloze :



3 Bazi, ukufa nokupila,
Intsikelelo namashwa,
Intlalo yoxol' emakáya,
Impompoza kuwe, Bawo

4 Imitandazo yabantwana,
Neyonina, nabazali,
Yamkelwa nguwe, Solufefe,
Besebenza bekoyika.

5 Donyula zonke inkanuko,
Namaqinga enzuz' embi ;
Ubuvila nokutshiniza
Bupút emideni yabo.

6 Sus' ulunya kwinkosi zabo,
Botóz' umsindo nenkani,
Inzondo nokuvukelana,
Kulaule uxolo lodwa.

7 Babuyisele emakáya,
Besindil' ezingozini ;
Zekubongwe i-Gama lako,
E-Zulwini, emhlabeni.

8 Tixo, yamkela, sitandaza,
Abafel' emsebenzini,
Bekóliwe, bekuhlonele ;
Sihlangane kwelizayo. Amen.

## 264

8888. Ingoma—B.I. 3.

1 TIXO, ngobubele bako
Usipil' i-Lizwi lako,
Elo-Lizwi elikulu,
Elivela ngapezulu.

2 Lona liyasifundisa ;
Lona liyasivuyisa ;
Liyasusa ubumnyama
Libonis' abazimfama.

3 Besihamba endleleni
Ekokelel' ekufeni ;
Eli-Lizwi leza kuti,
Ngoko sobulela futi.

4 Ngeli-Lizwi sabuyiswa,
Ngeli-Lizwi sasindiswa,
Lasisonga ebubini,
Size siye e-Zulwini.

5 Malihambe eli-Lizwi ;
Mazilive zonk' izizwe,
Lide lifundise bonke
Abasendaweni zonke.
Amen.

ENYE INGOMA—286[2].

## 265

[A.M. 237.] 8686. Ingoma—A.M. 237.

1 TIXO, Nkosi yezihlwele,
Imnandi indawo,
Apo Wena ngobubele
Utyelele kóna.

2 Ndinga, Nkosi, ndingabona
Ap' uhleli kóna ;
Ndinga ndingabakó nawe,
Tixo ohleliyo.

3 Ukuhlal' endlwini yako
Imini ibenye
Kumnandi pezu kwewaka
Endaweni zimbi.

4 Nkosi Tixo, Kumkani wam,
Banenywéba bona
Abasendlwin'ako futi,
Bekubonga kóna.

## 266

[A.M. 165.] 8686. Ingoma—A.M. 165.

1 TIXO, ungu-Mncedi wetu
Ngamaxesha onke,
Wena uli-Káya letu,
Elonapakade.

2 Bonwabile a-Bangcwele
Abagcinwa nguwe ;
Yomelel' ingalo yako
Ebakúselayo.



3 Oko ubungekadali
Intab' ezimiyo,
Wabuhleli kade Wena,
Tixo ohleliyo.

4 Iminyaka eliwaka,
Ebusweni bako,
Injengemini yezolo,
Xa igqitileyo.

5 Bonk' abantu bayadlula
Ngamaxesha abo ;
Bayabúbá balityalwe ;
Nguwe ohlel' ukó.

6 Tixo, ungu-Mncedi wetu
Ngamaxesha onke,
Wena uli-Káya letu,
Elonapakade.

## 267

[A.M. 169.] 8686. Ingoma—A.M. 169.

1 TIXO, ungummangaliso
Nobukulu bako,
Hai ubuhle besihlalo
Sako, esenceba !

2 Hayi neminyaka yako,
Tix', ukoyikeka !
Emini nasebusuku
Kuqutyudwa kuwe.

3 Ukubonakala kwako
Kuyamangalisa ;
Bona ubulumko bako,
Nokusulungeka !

4 Ndiyakoyika, Tixo wam,
Ndihleli ndigubá,
Ngetemb' endinqula ngalo,
Ngezinyembezi zam.

5 Noko ndiyakutanda, Nkos*i*,
Unamandla njalo,
Kuba olutandwana lwam
Ulucelile kum.

6 Olomzali lon' utando
Alunto kolwako ;
Undinyamezele noko
Ndikonileyo nje.

7 Bawo ondisizelayo,
Koba buyolo kum
Ukuwa pambi kwe-Trone,
Ndikangele kuwe.
Amen.

ENYE INGOMA—28.

## 268

8888. Ingoma—B.I. 12.

1 TIXO, ungu-Simakade,
Ungu-Mnini-mandla onke ;
Masikudumise sonke,
Uhlel' ukó Wena, Tixo.

2 Akunakuvela, Tixo,
Ekadeni wahlal' ukó ;
Akunakupéla Wena,
Uhlel' ukó Wena, Tixo.

3 Zonk' izinto zikó ngawe,
Nguwe owakwenza konke;
Konke kusaxáswa nguwe,
Ohlel' ukó Wena, Tixo.

4 Masikonze Wena wedwa,
Sikubeke nokubeka;
Ungu-Menzi wako konke,
Uhlel' ukó Wena, Tixo.

5 Ungu-Bawo wetu sonke,
Siyalondolozwa nguwe;
Ngawe wedwa siyapila,
Uhlel' ukó Wena, Tixo.

6 Ngoko masikudumise;
Ungu-Menzi wento zonke,
Ungu-Mlondolozi wazo,
Uhlel' ukó Wena, Tixo.

ENYE INGOMA—43.

## 269

[A.M. 283.] 8686. Ingoma—A.M. 283.

1 TIXO wokulunga konke,
Z'undipúlapúle,
Kuzo zonke intsizi zam,
Nkosi, ndikúmbule.

2 Xa izono zindapúla
Ngobuninzi bazo,
Ndikokele, ndip' uxolo;
Nkosi, ndikúmbule.

3 Ndakuxakwa zizilingo,
Zindibandezele,
Ndokangel' amandla kuwe
Nkosi, ndikúmbule.

4 Ndakugqitywa bubuhlungu,
Nkosi, ndikúmbule,
Undincede, undisize;
Nkosi, ndikúmbule.

5 Kwakusondel' ukufa kwam,
Kuwe ndotembela:
Yesu, z'undamkele kuwe;
Nkosi, ndikúmbule.
Amen.

ENYE INGOMA—52.



## 270

§ [A.M. 225.] 7676. Ingoma—A.M. 225.
Hic breve vivitur.

1 UBOMI bufutshane,
Bunentsizi zabo,
Obo buzayo bude,
Bunoyolo lwabo.

2 Bunokupumla bona
Okungapéliyo,
Kulungiselw' aboni
Abaguqukayo.

3 Kaloku silw' imfazwe
Nesono nobubi;
Oko sopumla futi,
Sihlale ne-Nkosi.

4 Kaloku sisalinda,
Silinda ngetemba;
Sizama sitembile,
Kuxáswa ngu-Tixo.

5 Lowo simtemba ngoku
Sombona simazi,
Woba ngu-Tixo wetu,
'Ze sibe ngabake.

6 Yesu, ngosizi lwako,
Sikokelel' apo,
Sibe nawe no-Yise,
No-Moy' Oyingcwele.
Amen.

## 271

8787. Ingoma—CAN. H.B. 496[2].

1 UBUKOSI bako, Yesu,
Busekwe ngenyaniso,
Oyipálazel' i-Gazi
Lako, emnqamlezweni.

2 Wayiteta inyaniso
Epilis' umpefumlo
Pambi kwake u-Kayafa,
Owakufungisayo.

3 Kwaba nzima ku-Petrosi
Ukutet' inyaniso;
Wamfundisa Wena, Yesu,
Ukutet' inyaniso.

4 Wati-manga no-Pilato
Kukuva inyaniso,
Eyatetwa pambi kwake
Ngokute-tyátyásini.

5 Inyaniso enegazi
Asiyiteti tina:
Sifundise nati, Yesu,
Ukutet' inyaniso.

6 Amaxok' akanandawo
Kobak' ubukumkani:
Ubungininingini betu
Ubucásile Wena.

§ Three verses omitted.

7 Siguqule nati, Yesu,
Sitete inyaniso :
Siyinqine inyaniso,
Siyifel' inyaniso.
Amen.

ENYE INGOMA—450.

## 272

8686. Ingoma—A.M. 213.

1 ULIHLATI letu, Yesu,
Sozimela kulo ;
Kumadabi etu onke
Wena sivikele.

2 Ekuxakekeni konke
Sipètshisiswe nguwe ;
Wena ungamandla etu,
Asikùselayo.

3 Amanxeba esinawo
Kulo elidabi,
Wakàmel' i-Gazi lako,
Apòle, Msindisi.

4 Abatyafe intliziyo,
Amandl' epèlile,
Bapè ikùbalo lako,
U-Moy' Oyingcwele.

5 Kuze ngomhla wokupèla,
Kus' epakadeni,
Sikubonge singqongile
Kunye ne-Ngelosi.
Amen.

ENYE INGOMA—15.

## 273

[A.M. 233.] 6666.4444. Ingoma—A.M. 233.

1 ULIKAYA lami,
Wena Yerusalem,
Woba lupumlo lwam
Ndakumk' emhlabeni :
Azi ndoza
Ndiye nini
Kwikàya lam,
Ku-Tixo wam ?

2 Ilap' i-Nkosi yam,
Engu-Kumkani wam,
Kunye ne-Ngelosi
Eziyinqulayo :
Azi ndoza *etc.*

3 Balap' abadala,
Sebepumle bona,
Kwanaba-Profite,



Ne-Tshawe loxolo :
Azi ndoza *etc.*

4 Kwanaba-Postile
Be-Mvana ka-Tixo,
Balapo bevuma
Ingoma zoyolo :
Azi ndoza *etc.*

5 Amafa-na-Nkosi
Ndowabona nawo,
Etsho ngezimhlope
Ezizukileyo :
Azi ndoza *etc.*

6 Andaba ndikòna
Andisekòn' apa,
Ndikàpe ke, Nkosi,
Ndiye kwikàya lam :
Azi ndoza *etc.*

## 274

12.12. Ingoma—*Eka-Ntsikana.*

*Ngokuzekelela.*

ULO-TIXO omkulu, ngosé-Zilwini.
Unguwena, Wena Kàka lényaniso.
Unguwena, Wena Nqaba yényaniso.
Unguwena, Wena Hlati lényaniso.
Unguwena, Wen' uhlel' enyángwaneni.
Ulodal' ubomi, wadála pezulu.
Lo-Mdal' owadala, wadála nezulu.
Lo-Menzi wenkwenkwezi nózilimela.
Yabinza inkwenkwezi, ísixelela.
* *Lo-Menzi wemfama uzenza ngabomi* ?
Lateta ixilongo, lísibizile.
Ulonqin' izingela imípefumlo.
Ulohlanganis' imihlamb' eyálanayo.
Ulo-Mkokeli wasikokéla tina.
Ulengub' inkulu siyambátá tina.
Ozandla zako zinamanxéba Wena.
Onyawo zako zinamanxéba Wena.

* *Lomgca mawuyekwe nxa kuvunywayo ngengoma ye-Culo* 262.

Ugazi lako !iyimrózo—yinina?
Ugazi lako lipalaléle tina.
Lemali enkulu-na siyíbizile?
Lömzi wako-na-na siwúbizile?

ENYE INGOMA—262.

## 275

[A.M. 198.] Ingoma—A.M. 198.

7676.7676.

1 UMI ngapandle, Yesu,
Kuvaliw' emnyango;
Utintelwe yinina,
Umi ungangeni?
Siti ma-Kristu, siti
Lusapo lwako nje,
Umiswe siti apo,
Ukóhlw' ukungena.

2 Uyanqonqoza, Yesu,
Ozandla zop' igazi,
Utwel' amev' entloko,
Zityiz' inyembezi;
Hai ukutanda kwako
Usasilindayo!
Hai akungeva kwetu,
Singakuvuleli!

3 Uyasibiza, Yesu,
"Yinina, bantu bam?
Anindivuleli na,
Ndanifelayo nje?"
Silila sidanile,
Sikuvulele, Nkos*i*;
Ngena, Msindisi, ngena,
Ungabi sapuma. Amen.

ENYE INGOMA—422[2].

## 276

8686. Ingoma yokuqala—OXF. H.B. 266.

*Ngokungakàulezisi.*

1 UMI ngasemnyango, Yesu,
Unqonqoza Wena,
Unqonqoza nge-Zwi lako
Apo umi kóna.

2 Zintliziyo zetu, Yesu,
Ezibizwa nguwe,
Usibiza nge-Zwi lako
Masikuvulele.



3 Sipė Wen' amandla, Yesu,
'Ze sivule ngawo
Kwa ezintliziyo zetu,
Sikwamkele ngazo.

4 Koba mnandi, Wena Yesu,
Wakungena kuti,
Sakuvula intliziyo,
Uz'uhlale nati.

5 Nalomvume yokuvula
Soyipiwa nguwe,
Nalomandla okuvula
Siwacela kuwe. Amen.

INGOMA YESIBINI—H.P. 54.

## 277

[A.M. 207.] 8684. Ingoma—A.M. 207.

1 U-MKULULI esahleli,
Engekanyukeli,
Wasitembis' u-Mkokeli,
Abe nati.

2 Weza kuti elundwendwe,
Efun' intliziyo
Ezingamnika indawo
Yokupumla.

3 Uhleli nat' entliz'yweni,
Xa simpúlapúla,
Eluleka, esityela
Okwe-Zulu.

4 Bonk' obetu ubungcwele
Nezoyiso zonke,
Nenkumbulo ezingcwele,
Zizezake.

5 Moya wofefe nenene,
Z'usihlambulule,
Size sifanele Wena
Ngobungcwele. Amen.

## 278

7775.7775. Ingoma—C.P. 371.

1 "UMYENI uyafika,"
Kutiwa, manivuke,
Niye kumkáulela;
Selesondele.
Uzakufika, Yesu,
Uzeke umtshakazi—
Kwa i-Kerike yake,
Emsulwa entle.

2 Akamzekanga Yena
Ngenkomo lomtshakazi:
Igazi lako, Yesu,
Lopéla yena;
Ngokufa wamfumana,
Wamkúpa ku-Satana,
Abe ngowako wedwa,
Umhlambulule.

3 Ilapa le-Kerike,
Ihleli emhlabeni;
Mausincede, Nkosi,
Ngofefe lwako,
Sinamatele kuyo,
Singawi ezonweni,
Sikútshwe zizo kuyo,
Silahlwe nguwe.

4 Selusondele, Yesu,
Uzakufika kuti;
Kutiwa masivate
Sikuhlonele;
Izandla zibe mhlope,
Imhlope nentliziyo,
Size singene kuwo
Umtshato nawe.

5 Uvuyo lwalomtshato
Aluqondeki apa;
Akukó ndlebe yamntu
Eyeva ngalo;
Akukó liso lamntu
Elaká lalubona;
Lulungiselwe abo
Bakutandayo.

6 Ucango lwako, Nkosi,
Lusavulelwe tina!
Ilizwi lokumema
Lisavakala;
Masilipúlapúle,
Sambáté ubungcwele,
Singene kulomtshato,
Sivuye nawe. Amen.

## 279

[A.M. 172.] 8686. Ingoma—*eyalo.*

*Ngokuzekelela.*

1 U-NGCWELE yengcwele zonke
Makanikw' udumo;
Kwezipezulu indawo,
Nakwezingapantsi.

2 Wamtumel' u-Nyana wako
Apa elizweni,
Waba ngu-Mkúluli wetu,
Kwezizono zetu.

3 Weyiswa yena u-Adam,
Hayi kodwa Yena
Uloyisile utshaba;
Hai utando lwake!

4 Sifumene Wena ngenqu,
Ubu-Tixo bako,
Ngalo-Nyama nelo-Gazi
Ulwileyo ngalo.

5 Lunabil' utando lwako,
Ositande ngalo,
Ngentlungu ozivileyo,
Uzivela tina.

6 Wevana nentlungu Wena
E-Getesemane,
Wasishiya nomzekelo
Ngokwako ukufa.



7 U-Ngcwele yengcwele zonke
Makanikw' udumo;
Kwezipezulu indawo,
Nakwezingapantsi. Amen.

ENYE INGOMA—388.

## 280

[A.M. 285.] 8883. Ingoma—A.M. 19.

1 UQWITELA lwavutuza
Kanye enzonzobileni:
Zalind' izicaka zako,
Zigubá.

2 Kodwa Wena wawulele
Ubutongo obumsulwa,
Ute-cwak' ungashukumi,
Nakanye.

3 Basuke badanduluka
Bati: "Nkosi, sisindise,
Sesitshabalala kanye,
Nceda ke."

4 Lavakal' ilizwi lako,
Ukálimel' uqwitela,
Wati "Hlal' uti-tú, cwaka!"
Lazola.

5 Inzonzobila nomoya
Zatoba, ze-cwaka kanye,
Njengomntwana omncinane,
Wakutsho.

6 Nati ke sakuvelelwa
Zinxwaleko nemimoya,
Isis' enzonzobileni
Ngamandla;

7 Yiti ke, singekatshoni,
Namaz' engekasigqumi:
"Makuzole, makubekó
Uxolo." Amen.

## 281

[A.M. 300.] 8686. Ingoma yokuqala—E.H. 93.

1 VUMAN' amandla ka-Yesu,
Zitunywa, yiwani;
Mteni-jize ngesitsaba:
Mtwesen' ubukosi.

2 Mtweseni, makwéz' omso,
Ummisi womhlaba;
Vuman' ubukosi bake:
Mtwesen' ubukosi.

3 Nani ninga-Mafa-na-
Nkosi,
Enipambi kwe-Trone;
Bongan' i-Ngcambu ka-
Isayi:
Mtwesen' ubukosi.

4 Nina, nzala ka-Yakobi,
Enikúlulweyo,
Vuman' ubukosi bake:
Mtwesen' ubukosi.

5 Nina mlibo ka-Davide,
Uyi-Nkosi yenu,
Ongu-Tixo ekwangu-
mntu:
Mtwesen' ubukosi.

6 Nina baginwa, yiwani
Kwezonyawo zake,
Ezizele ngamanxeba:
Mtwesen' ubukosi.

7 Maziti zonke intlanga,
Zimtobele Yena,
Zivum' ubukosi bake,
Zimtwes' ubukosi.
Amen.

Ingoma yesibini—A.M. 300².

## 282

[A.M. 161.] 8787. Ingoma yokuqala—A.M. 161.

1 Wabengezela umbono,
Owamcwȧyitisayo
Um-profite wakwa-Yuda,
Ngokuva ezolwimi.

2 Yaye i-Nkosi iṙaulwe
Zizandekela zayo,
Zizalise i-Tempile,
Zikúngel' engomeni:—

3 "Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele, Nkosi:
Uzalise i-Zulu,
Ngobuqaqawuli bako;
Yamkela ke uzuko."

4 Zisalila e-Zulwini,
Nomhlab' uyatélela
Kulengoma ye-Ngelosi—
"Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele, Nkos*i*."



5 Uyazukiswa pezulu
Zizandekela zake,
Ngengoma enye neyetu,
Tina Kerike yake:—

6 "Nkosi, obak' ubungcwele
Buzalise i-Zulu,
Wena Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele,
Yamkela indumiso."

Ingoma yesibini—Office H.B. 682.

Enye ingoma—196.

## 283

[A.M. 232.] Ingoma yokuqala—A.M. 232².

878787.

Jerusalem luminosa.

1 Wena Kȧya lokukȧ-
nya,
Apo kuvel' uyolo;
Inkazimlo yak' inkulu,
Wena Sihlalo se-
Nkos*i*;
Aziyole ngak' ingoma
Ekubongwa ngaz' apo.

2 Koda kus' epakadeni
Kusit'wa Aliluya,
Kuba akukó sipélo
Kulomsito we-Nkosi;
Konke kungcwele
kunyulu
Okupakati kwako.

3 Akukó lifu nankungu
Ingasita lonkanyo;
Yimin' engapėle-ndawo,
Kuba kuk' oli-Langa;
Ubusuku namaxȧla,
Asinto zikóy' apo.

4 Wokaximla uzukile
Lomzimba wam ufayo,
Wakuba uvatisiwe
Ngobuhle, nangempilo,
Nangamandla, nange-
nywéba,
Ezohlala zihleli.

5 Wutwale ngoko lomtwalo,
Ngokȧlipo novuyo,
'Ze emva kwalemizamo
Ufumane umvuzo,
Wambȧtiswe ngobu-
ngcwele
Obungunapakade.

6 Uzuko kuye u-Yise,
Nakuye ongu-Nyana,
Naku-Moya Oyingcwele,
Bebatatu nok' amnye;
Be-Ntonye, be-Simakade,
Kuse epakadeni.
Amen.

INGOMA YESIBINI—*Umtata.*

## 284

[A.M. 254.] 8583. Ingoma yokuqala—D.M.H.B. 6.

1 "WENA, moni, udiniwe
Wacubuka na?"
"Yiza kum," utsho u-Yesu,
"Upumle!"

2 Unempawu kusinina,
Ukuba ndimazi?
"Ezandleni, enyaweni,
Ecaleni."

3 Utwele ni ngokwenkosi
Entloko yake?
"Ewe, okunen' utwele
Ameva."

4 Ndakumazi, ndimlandela,
Ndozuza nina?
"Ubunzima, inkatazo,
Inyembezi."

5 Ndakunyamezela, ndoda
Ndifumane ni?
"Ukonwaba, ukupumla,
Ikâya."

6 Ndakumcela andamkele,
Wondalela na?
"Etetile akaxoki
Nakanye."

7 Ndimlandele ndanyameka,
Ndofumana na?
"I-Ngelosi ziti, ewe,
Ne-Ngcwele."

ENYE INGOMA—2, *App.*

INGOMA YESIBINI—*Trevenen.*

## 285

[A.M. 525.] 6686. Ingoma—A.M. 525.

1 WENA Moy' Ongcwele,
Yihla pezu kwetu,
Njengomhla we-Pentekoste,
Ngalemini yako.

2 Sihlangene apa
Kuyo lendlu yako,
Silind' idinga le-Nkosi—
U-Moya wofefe



3 Njengomoy' uqura
Pezu kwaw' amaza,
Z'uzipefumlele njalo
Intliziyo zetu.

4 Sibabale sonke
Ngo-Moya wengqondo,
Sipė ilwimi zomlilo
Sidumise ngazo.

5 Moy' Ongcwele, yiza,
Gxota ubumnyama,
Yenza sivute utando,
Lona lwemfezeko.

6 Moya wenyaniso,
Hlal' uhleli nati:
Moya wobunyana betu,
Mawusingcwalise.

Amen.

## 286

8888. Ingoma yokuqala—W.K.H.T.B. 30[1].

1 XA umhlab' upitizela,
Xa ilizwe lishukuma,
X'amazulu eduduma,
Kuwe wedwa ndokangela.

2 Xa umhlab' ubengezela,
Uti, mandiwulandele,
Ndizivingc' ezam indlebe,
Kuwe wedwa ndokangela.

3 Xa ubutsha bundihenda,
Nemihlali indikóba,
Ngamadolo ndizigoba,
Kuwe wedwa ndokangela.

4 Xa kuvuka uqwitela
Oluduba i-Kerike,
Yesu, z'undikėdamele;
Kuwe wedwa ndokangela.

5 Onk' amazwi abukâli
Makahlabe, makasike;
Noko mina mandizame
Kuwe wedw' ukukangela.

6 Kuwe wedwa, Yesu, Ndlela,
Mandibek' iliso lami,
'De ndiwel' i-Yoredane,
Kuwe wedwa ndikangela. Amen.

INGOMA YESIBINI—*Ndabeni*.

## 287

Ingoma yokuqala—CAN. H.B. 507³.
7878.77.

1 YANGA intliziyo yam
Ingapuma ezonweni;
Wanga umpefumlo wam
Ungangen' ebungcweleni;
Yiva, yiva, Nkosi yam,
Yiva, ukukúnga kwam.

2 Kwanga ukuhamba kwam
Kungabéka e-Zulwini,
Zanga zonk' izenzo zam
Zingayama e-Nkosini;
Nceda, nceda, Nkosi yam,
Nceda ukukúnga kwam.

3 Kwanga ukuvuya kwam
Ndingavuya futi ngawe;
Ndanga ndinga, Nkosi yam,
Ndibe se-Zulwini nawe;
Vuma, vuma, Nkosi yam,
Ndiye e-Zulwini nam. Amen.

* INGOMA YESIBINI—S.S. [1904] 77.

* *Lengoma ifanele i-Nkonzo yom-Tendeleko Ongcwele.*



## 288

[A.M. 296.] 10.10.7. Ingoma—A.M. 296².
Alleluia piis edite laudibus.

1 YENZAN' indumiso ku-Yehova,
Nina, be-Zulu, vakalisani
Ingoma yendumiso.

2 Zitunywa nimi pambi kokányo,
Yipakamiseleni pezulu
Ingoma yendumiso.

3 No-Mzi ongcwele uyakwamkela
Intlomb' evakalisa uvuyo,
Ingoma yendumiso.

4 Mbetelen' ingwali zemivuyo,
Nihlokomise ngezwi elinye
Ingoma yendumiso.

5 Bazandl' ezifumbet' amasundu,
Boyisindini, nani vumani
Ingoma yendumiso.

6 Sinye isandi ngonapakade,
Sihlokomisa sona ngakunye
Ingoma yendumiso.

7 Nina balwi bapumlayo apo,
Kukutya, namanz' avuyisayo
Ingoma yendumiso.

8 Wena owadala into zonke,
Sikuculela ngakunye sonke
Ingoma yendumiso.

9 Kristu Somandla, ngamazwi etu,
Sikuzukisa simemelela
Ingoma yendumiso.

## 289

[A.M. 228.] Ingoma yokuqala—A.M. 228.

7676.7676.

Urbs Sion aurea.

1 YERUSALEM engcwele,
Eyase-Zulwini,
Umlomo uyeyiswa
Yinkazimlo yako;
Bupezu kwembaliso
Ubungcwele bako,
Lupezu kokuqonda
Noloyolo lwako.

2 Im' i-Yerusaleme
Ngenkazimlo yayo,
Izele zi-Ngelosi
Na-Bangcwele bayo;
I-Nkos' ihleli kóna
Ngenkaziml' enkulu;
Bupezu kwembaliso
Ubukulu bayo.

3 Bulap' ubukumkani
Obuka-Davide;
Balapo ababonga
I-Gama lo-Yesu;
Kulapo ukupumla
Kwabadiniweyo;
Likàya labo bonke
Abasindileyo.

4 Sikunxàmele sonke,
Kàya la-Bangcwele;
Sincede, Nkosi Yesu,
Size silamkele;
Sipúlapúle, Tixo,
Baw' onobubele;
Z'ungasishiyi nawe,
Moya Oyingcwele.
Amen.

INGOMA YESIBINI—A.M.N. 624.

ENYE INGOMA—370².

## 290

8686. Ingoma—E.H. 638³.

*Ngokungakàulezi.*

1 YERUSALEM, wena
Kàya,
Kàya elimnandi,
Wobonwa na, ungenwe na
Ngonjengam umoni?

2 Emhlaben' akukó ndawo
Iyole njengawe,
Kutw' abemi bako bonke
Bakóliwe nguwe.



3 Kutw' intsizi kuw' azikó,
Kwa nembandezelo;
Kutw' indlala nenye-
mbezi
Kuwe zipélile.

4 Bapilile bonwabile
Abakuhleliyo;
Baxolile bayapumla
Ngokungapéliyo.

5 Kàya letu lo-Msindisi,
Ndiyakukúmbula;

Kàya letu lika-Tixo,
Ndiyakunqwenela.

6 Azi ulikàya nje na,
Ndiyakukuma na?
Azi undibiza nje na,
Ndoza ndifike na?

7 Ukó owondingenisa,
Lowo ngu-Mpilisi;
Ukó owondifikisa,
Lowo ngu-Msindisi.

ENYE INGOMA—188³.

## 291

[A.M. 189.] 8686. Ingoma—A.M. 189.

Amor Jesus dulcissimus

1 YESU, izibele zako
Azinakubalwa;
Luninzi utando lwako,
Alunakuxelwa.

2 Kwapàlazw' i-Gazi lako
Ngolotando lwako;
Abangcwele bayamazi
U-Msindisi ngalo.

3 Nkosi, selusitandile
Yonk' imihla yetu;
Kuwe wedwa sitembele
Ngenkumbulo zetu.

4 Sisahleli, Nkosi, sipé
Utando noxolo,
Size, sakunduluk' apa,
Sibe nobuyolo.
Amen.

ENYE INGOMA—227.

## 292

8888. Ingoma—A.M.N. 3².

1 YESU Kristu, ongu-
Nyana,
Singenise endleleni;
Sandulele ngobubele,
Ulandele usigcine.

2 Yesu Kristu, ongu-
Nyana,
Sifundise i-Zwi lako;
Tina sizizimvu zako;
Mauhlal' usandulela.

3 Yesu, ongunapakade,
Nguwe u-Malûsi wetu,
Sibonis' idlelo lako
Nemitombo ebubomi.

4 Nguwe u-Malûsi wetu,
Lwela tina encúkeni;
Mauhlale usilwela,
Usigcine engozini.

5 Akulali, Mgcini wetu,
Akozeli nokozela;
Ngokoyis' intshaba zetu
Wabonis' amandla ako.

6 Sifundis' intando yako,
Sibe nokupila ngayo,
Sikokelwe yiyo apa,
Side siye e-Zulwini.
Amen.

ENYE INGOMA—3.

## 293

[A.M. 182.] 7777. Ingoma—A.M. 182.

Dignare me, O Jesu, rogo te.

1 YESU, mandihlale mna
Kulontliziyo yako;
Ndisitelisw' e-Caleni
Lako elinenxeba.

2 Xa ndibekelw' utambo
Ngumtyóli nehlabati,
Ndosinda, ndisitele
Kwelo-Cala lopáyo.

3 Xa ndihendwa yinyama,
Indibékis' ebubini,
Andoyika ndihleli
Kwelo-Cala lopáyo.

4 Ndofikelwa kukufa;
Yesu, z'ungandit困yáli;
Ndisifa mandihlale
Kwelo-Cala lopáyo.
Amen.

## 294

[A.M. 199.] 8686. Ingoma—A.M. 199.

1 YESU, Ndlela, siyasinda
Ekufeni ngawe;
Nonga angamaz' u-Yise
Angamazi ngawe.

2 Uyi-Nene; i-Zwi lako
Lipá ubulumko;
Uyazifundis' ingqondo,
Uhlamb' intliziyo.

3 Ubu-Bomi; uvukile,
Wapum' encwábeni;
Bonke abatemba Wena
Bosind' ekufeni.

4 Ndlela, Nene, Bomi, sipé
Ukukwazi Wena;
Size ngawe sidl' ubomi
E-Zulwini nawe.
Amen.

ENYE INGOMA—154.



## 295

*Ekupéleni kwe-Nkonzo.*

6686. Ingoma—B.I. 31.

1 YESU, Nkosi yetu,
Yiba nati sonke;
Sesamkel' i-Lizwi lako
Ngentliziyo yonke.

2 Yiba nati sonke,
Size silibambe;
Vusa intliziyo zetu,
Zilitande kanye.

3 Kade abaninzi
Besebumnyameni;
Kweza ukukánya kwako,
Kwabakányisela.

4 Namhla, Tixo wetu,
Bayakudumisa;
Abakade bekupika
Bayakuzukisa.

5 Kodwa abaninzi
Basesekoneni;
Maubaguqule bonke,
Bonke basindiswe.

6 Yesu, Tixo wetu,
Yiba nati sonke;
Sivelele ngapakati
Ngokulunga kwako.
Amen.

ENYE INGOMA—240.

## 296

[A.M. 287.] 8787.47. Ingoma—A.M. 287.

1 YESU, Nkos' yobom nozuko,
Yitobele indlebe
Kuti sikulindeleyo,
Mhlobo waboni, sive:
Ngobubele bako
Sisindise, Nkos*i*.

2 Kwezinzulu zobumfama
Esikuzo ngemvela;
Kuko konk' ukungatandi,
Kwa nenzondo neíatshi,
Ngobubele bako
Sisindise, Nkos*i*.

3 Sakuhendwa ngokunzima
Yimikosi ka-Satan;
Ngexesha lembandezelo,
Nxa indlela imnyama,
Ngobubele bako
Sisindise, Nkos*i*.

4 Xa umhlaba ugcobayo,
Ngexesha lokonwaba;
Manxa neziyolo zawo
Zisilibazisayo,
Ngobubele bako
Sisindise, Nkos*i*.

5 Ngamaxesha enxwaleko,
Siviswa ubuhlungu;
Nxa siva sibutataka,
Nomntu engancedi nto,
Ngobubele bako
Sisindise, Nkos*i*.

6 Ngexesha letu lokufa,
Nangomhla wokugweba,
Masitembele kuwe, Nkos*i*,
Mxási ne-Temba letu:
Ngobubele bako
Sisindise, Nkos*i*. Amen.

## 297

[A.M. 271.] Ingoma yokuqala—A.M. 271.
7676.7676.

1 YESU, sendivumile
Ukukónza Wena;
Z'uhlale ukufupi,
Nkosi no-Mhlobo wam.
Andikoyik' ukulwa,
Usecaleni kwam,
Ndingeyilahl' indlela
Xa ungu-Mgcini wam.

2 Mandiv' ubukó bako,
Umhlab' uhlel' ukó;
Ndingqongiwe zizinto
'Zipazamisayo.
Intshaba zam zihleli
Pakati napandle;
Yesu, Nkosi, sondela
Undigcine kuzo.



3 Z'undivise ngelozwi
Livakala kuhle
Pezu kwesisaqwiti
Seȟatshi nenkani.
Teta, undomeleze,
Teta, undinqande,
Teta, ndipúlapúle,
Mgcini-mpefumlo
wam.

4 Yes', ubatembisile
Abo bangabako,
Apo ukóna Wena
Boba kóna nabo.
Ke, Yesu, ndivumile
Ukukónza Wena;
Z'undipé ubabalo,
Ndilandele Wena.

5 Mandihambe indlela
Enyatelwe nguwe;
Ukulungelelisa
Kusemandlen' ako.
Ndikokele, ndibize,
Ndixáse kupéle,
Undamkel' e-Zulwini,
Msindisi, Mhlobo
wam. Amen.

INGOMA YESIBINI—CAN. H.B. $579^2$.

EZINYE INGOMA—$422^2$, 3, *App.*

## 298

INTLANGANISO ZAMANINAKAZI

6666. Ingoma—OXF. H.B. $58^2$.

1 YESU, sivelele,
Káka, Nqaba yetu;
Siza, Nkosi, kuwe
Nezipóso zetu.

2 Sicela utando
Imihla ngemihla;
U-Ndoqo yenkolo
Agec' izisihla.

3 Ezindlwini zetu,
Emisebenzini,
Kutyafiwe ngoku;
Vela, nceda, Mlweli.

4 Lwel' inzala yetu,
Intombi nonyana;
Bamlwe u-Satana,
Nenyama, nomhlaba.

5 Sipé o-Samweli,
Sipé o-Debora;
Baqúbe lenqwelo
Ye-Vangeli yako.

6 'De intlanga zonke
Ze-Afrika ziti—
"Ma'bongwe u-Yesu
Osenyangwaneni."
Amen.

ENYE INGOMA—158.

## 299

6666. Ingoma—A.M. 564.

1 YESU, uli-Gqira
Lompefumlo wedwa:
Bayapila bonke
Abanyangwa nguwe.

2 Tina siyagula;
Siyacela kuwe,
Mausipilise
Ngokunyanga kwako.

3 Vul' amehlo etu,
Sibe nokubona
Inyaniso yako,
Sikokelwe yiyo.

4 Vul' indlebe zetu,
Siv' i-Lizwi lako,—
I-Zwi losindiso,
'Sisindiswe ngalo.

5 Vula nemilomo,
Sizivakalise
Indumiso zako,
Osipilisayo.

6 Siqinis' inyawo,
Sihanjiswe nguwe,
Siye endleleni
Yemiteto yako.

7 Somelez' izandla,
Sikukutalele,
Senze umsebenzi
Osimiseleyo.

8 Yesu, uli-Gqira
Lompefumlo wedwa:
Yiva, usinyange,
Sipiliswe nguwe. Amen.

EZINYE INGOMA—239, 382.

## 300

[A.M. 190.] 8888. Ingoma—A.M. 190.
Jesu, dulcedo cordium.

1 YESU, ulu-Vuyo lwabo
Bantliziyo zinotando;
Mbángi yobom, Litá lomntu,
Ohlutisa onepángo.

2 Inyaniso yakw' ihleli,
Usindis' ozibikayo;
Kokufunay' ulungile,
Kokufumen' u'nto zonke.

3 Wena Sonka sokupila,
Singa singakudla futi;
Sakusela kuwe, Mtombo,
Singa singasel' okunye.

4 Lemimoy' ingazoliyo
Ilangazelela Wena;
Wakukólwa inovuyo,
Inenywéba x' ubonwayo.

5 Hlal' uhleli nati, Yesu;
Cwáyitis' imihla yetu:
Cit' inkungu zobu-mnyama;
Kányisela kulo lonke.
Amen.

EZINYE INGOMA—100, 367.



## 301

[A.M. 193.] 7777.7777. Ingoma—A.M. 193.

1 YESU, Wena Nkosi yam,
Mandisabele kuwe,
Kwingxolo yaw' amanzi,
Nemimoya iquta:
Ndifihle, Msindisi wam,
'De kudlule obubom,
Ndikokelel' e-Zulwini,
Wamkel' umpefumlo wam.

2 Andinanqaba yimbi
Endingayama ngayo;
Ungandishiyi ndodwa,
Ndixás' undonwabise.
Nditembe Wena wedwa,
Nguwe wedw' u-Mncedi wam;
Mandizisitelise
Pantsi kwepiko lako.

3 Simi'ngenceba yako,
Esula konk' ukona;
Umsing' opilisayo
Maumpompoze wona;
Mandihlanjululwe mna
Ngulo-Mtombo wobomi;
Vela ngapakati kwam,
Vela unapakade.
Amen.

## 302

8787. Ingoma yokuqala—*eyalo*.
*Ngokungakàulezisi.*

1 YESU, Wena ungu-Mhlobo,
U-Mhlobo wompefumlo;
Ndiza kuwe undincede,
Uncede lentliziyo.

2 Temba limbi andinalo
Endingabamba lona;
Nqaba yimbi andinayo
Endingangena kuyo.

3 Ndizibika kuwe, Nkosi,
Ndiyint' engenamhlobo;
Nditemb' umsebenzi wako,
Lowo wotando lwako.

4 Ndiza kuzifaka kuwe
Pantsi kwepiko lako ;
Ndakuba ndingene kòna
Ndingaswela nto-nina ?

5 Nguwe wedwa ongu-Mtombo,
U-Mtombo wab' ubomi,
Apo bangahlamba kòna
Bonke abangaboni.

6 Hlamba lentliziyo yami,
Uyenze msulwa yona ;
Yicokise, yilungise,
Uyenze ngcwele yona. Amen.

INGOMA YESIBINI—E.H. 382.

ENYE INGOMA—175.

## 303

[A.M. 249.] 6686. Ingoma—E.H. 74.

*Ngokuzekelela.*

1 YIBA, netaŕu, Nkos*i*,
Ngobubele bako ;
Mina moni mandizuze
Uxolelo lwako.

2 Susa izono zam,
Undihlambulule ;
Ndilivumil' ityala lam ;
Nkosi, ndikúlule.

3 Nkosi, kumnandi kum
Ukuxáswa nguwe ;
Tumel' u-Moya wako kum,
Ndize ndomelezwe.

4 Ku-Yise no-Nyana,
No-Moy' Oyingcwele,
Makubekó indumiso
Kwa ngonapakade.
Amen.

## 304

[A.M. 540.] 8888. Ingoma—E.H 343.

*Ngomxèlo.*

1 YILWA wena kwelidabi,
Yen' u-Kristu ungakuwe ;
Bambelela ebomini,
Kude kus' ekupèleni.



2 Z'ubaleke kolugqatso,
Ngobabalo luka-Tixo,
Funa Yena, nguy' indlela,
Ungumvuzo wet' u-Kristu.

3 Lahla onke amaxála,
Yiya kwi-Nkokeli yako,
Temba Yena ngompefumlo,
Ububomi bako Yena.

4 Ungadinwa, ungoyiki,
Akangeze akushiye ;
Kólwa kodwa, 'ze uqonde
Ukub' u'nto zonke kuwe. Amen.

## 305

[A.M. 275.] 8884. Ingoma—A.M. 275.

1 YISE wabomhlaba bonke,
Zonk' intlanga ziyavuma
Ziti, " Singabako, Nkos*i*, ma-
Sibe banye."

2 * Tixo, Nyana, onotando
Olukwenze waba ngumntu,
Sati ngawe sano-Tixo,
Saba banye.

3 Waxolelanisa bonke ;
Wen' olilitye lembombo,
Libop' indonga zombini,
Lube lunye.

4 * Kuwe singo-Sirayeli,
Ungu-Manuweli wetu,
Nabo-Bangcwele banawe,
Sebebanye.

5 * Ungu-Mtombo wokulunga,
Ngal' i-Gazi uyahlamba,
Usityisa kokwe-Zulu,
Sibe banye.

* Ezi-vesi zingayekwa.

6 Izityebi namahlwempu,
Amaxėgo nabantwana,
Ubamanye ngolotando,
Babe banye.

7 Pantsi ko-Malūsi omnye,
Nesibaya sikwasinye,
Usibandakanye sonke,
Sibe banye.

8 Moya ovela pezulu,
Wen' ohlayo njengehobe,
Sip' ukólo nolotando,
Sibe banye.

9 Tixo MTriniti Ongcwele,
Ziqu zitatu, Tix' omnye,
Hlal' entliziyweni zetu,
Sibe banye.

10 Lakudlula ihlabati,
Sivuke sivuya siti,
" Ngoku kus' epakadeni
Sesibanye." Amen.

## 306

[A.M. 304.] 6686.6686. Ingoma—A.M.N. 174.

1 YITWESEN' i-Mvana
Ngazo izitsaba ;
Púlapúla ! itshatshele
Ingoma ye-Zulu :
Pakama uvume
Ngowakufelayo,
Ngu-Kumkani wako wedwa,
Wena mpefumlo wam.

2 Mtweseni u-Nyana
We-Ntomb' u-Mariya ;
U-Tixo ezelw' engumntu ;
Uzifumanele
Ubukosi Yena,
Ahonjiswe ngabo ;
'Lusana lwase-Betlehem ;
'Sebe lika-Isayi.



3 Yitwesen' i-Nkosi
Yotando noxolo ;
Bonan' izandla necala
Lak' elimanxeba
Anokupilisa ;
Akukó Ngelosi
Ingaumelayo lombono
Uyimfihlakalo

4 Yitwesen' i-Nkosi
Emandla alaula
Lonke elilizwekazi,
Ipėlis' imfazwe :
Yati, Tandazani ;
Ubukosi bayo
Buyakuma kude kuse
Kulo ipakade.

5 Yitwesen' i-Nkosi
U-Mlauli-maxesha ;
Mdali wamakwėzi omso,
Ongenambaliso.
A ! M-Sindisi wam,
Kuba wandifela
Uyakuzukiswa Wena
Kus' epakadeni. Amen.

ENYE INGOMA—182 (*adapted*).

## 307

[A.M. 260.] 7777. Ingoma—A.M. 260.

1 YIVA, mpefumlo wam !
Yiv' izwi lo-Msindisi ;
Moni, uteta kuwe,
" Yitsh', uyanditanda na ?

2 " Ndakusiz' ukónxiwe,
Ndabop' inxeba lako ;
Wati selubådula
Ndakuzis' ekukånyeni.

3 " Lungakė lunqamke na
Unyameko lomfazi
Kumntwan' awamzalayo ?
Ewe, kodwa Mna, hayi.

4 " Olwam aluguquki
Utando, lunyukile,
Kanti ke lukwendele,
Luqine ngokokufa.

5 " Wolubon' uzuko lwam,
Lwakufezw' ubabalo ;
Nawe wodlelana nam ;
Yitsh', uyanditanda na ? "

6 Nkosi, sisikålo sam—
Utando lutyafile ;
Kanti ndiyakutanda ;
Lwandise utando lwam.
Amen.

## 308

[A.M. 268.] 6686. Ingoma—A.M. 268.

1 ZICAKA ze-Nkosi
Eniyikonzayo,
Påpåmani niyilinde
Esangweni layo.

2 Izibane zenu
Mazikånye kuhle,
Zibinqwe izinqe zenu,
Kuba seyisiza.

3 Lindani nilunge,
'Kuze, yakufika,
Nifunyanwe nisalinda,
Ningenakoyika.

4 Noba netamsanqa,
Nifunyenwe njalo;
Nongeniswa e-Zulwini,
Nibe nobuyolo. Amen.

ENYE INGOMA—211[1].

## 309

8686. Ingoma—H.P. 64.

1 ZISIXENX' izipó zako,
Wena Monwabisi;
Bayapiwa nguwe bonke
Abazicelayo.

2 Abo ubacebisayo
Bayapumelela
Kubo ubunzitinziti
Balo ihlabati.

3 Awako amandla Wena
Ayakálipisa
Ekulweni elidabi
Linomxélo omde.

4 Ugqoboko olululo
Lunemisebenzi;
Asint' ixelwa ngomlomo,
Ixelwa ngezenzo.

5 Sinike ukwazi ngawe
Nokuncóla kwetu;
'Ze siqúbele pambili
Kobak' ubungcwele.

6 Sip' uloyik' olungcwele,
Sitiye isono,
Sitande okutandayo,
Monwabisi wetu.
Amen.

ENYE INGOMA—221.

## 310

[A.M. 298.] 878787. Ingoma—A.M. 298.

1 ZUKISA, mpefumlo wami,
U-Kumkani we-Zulu;
Uxolelwe, ukúlulwe,
Uvume indumiso;
Aliluya! Aliluya!
Zukisa u-Kumkani.

2 Umbulele ngal' utando
Kubo obawo betu,
Besekubandezelweni,
Ebonis' imfesane:
Aliluya! Aliluya!
Utembekile Yena.



3 Usigcina ngokomzali,
Sibutataka, uyazi;
Ngobubel' esisingatá,
Esihlut' ezintshabeni;
Aliluya! Aliluya!
Nantso inceba yake.

4 I-Ngelosi zapezulu
Ziyawa pambi kwake,
Bememelel' a-Bangcwele,
Bengabentlanga zonke;
Aliluya! Aliluya!
Zukisani u-Tixo.

ENYE INGOMA—210.

## 311

[A.M. 308.] 5555.6565. Ingoma—A.M. 308.

1 ZUKISAN' i-Nkosi
Esenyangweni;
Nilivuyele
Ilizwi layo;
Mazulu, mnquleni,
Enimi ngaye,
Niqubude kuye
U-Mongameli.

2 Zukisan' i-Nkosi
Nasemhlabeni;
Hlomelani ke
Nani, bonyana:
Mzukiseni lowo
Ubabalayo;
Zukisani lowo
Ungonotando.

3 Zukisan' i-Nkosi,
Nina nto zonke,
Yon' intlokoma
Mayivakale
Kumacala onke,
Eteta ngaye,
Nangezinto zonke
Anenzeleyo.

4 Zukisan' i-Nkosi,
Vakalisani,
Niyibulele
Amaxa onke;
Ngezenzo zendalo,
Nangal' i-Zulu,
Nangal' usindiso,
Asipé lona.

## 312

8787.8787.

[A.M. 292.] Ingoma—A.M. 292[1].

1 ZUKISAN' i-Nkos' enkulu,
Nina Zitunywa zayo;
Langa, nyanga, zinkwenkwezi,
Yizukisen' ezulwini;

Yibongeni, itetile,
Yeva yonke indalo ;
Imiteto seyiwile,
Aningegqiti kuyo.

2 Yizukiseni, ma-Kólwa,
Inipil' uloyiso ;
Ngoko aninakoyiswa
Sisono kwa nokufa :
Yatembisa nge-Zwi layo,
Elo-Zwi liyinene ;
Yibongeni, yikonzeni
I-Nkosi yase-Zulwini.

## 313

6666.6666. Ingoma—D.M. H.B. 107.

*Makungatsalwa.*

1 ZULU, káya lami !
Utandiwe ndimi.
Zulu, káya lami !
Ulindiwe ndimi.
Zulu, káya lami !
Unqwenelwa ndimi ;
Uno-Bawo wami,
Une-Nkosi yami.

2 Zulu, káya lami !
Utenjiwe ndimi.
Zulu, káya lami !
Unobomi bami ;
Ndakubeka pantsi
Obu budlulayo,
Ndofumana kuwe
Obungapéliyo.

3 Unelifa lami
Elingabúbiyo,
Elingagugiyo,
Elingancóliyo.
Zulu, káya lami !
Uvuyelwa ndimi ;
Unobuhle bami,
Nobungcwele bami.

4 Kweli ihlabati
Ndi igowa ewile,
Ndingohlala apa
Ezincólisile.
Ebuhleni kuwe
Ndohlambululeka,
Enkohlakalweni
Ndâkukúluleka.

ENYE INGOMA—173[2].



## 314

[A.M. 282.] 8686. Ingoma—OXF. H.B. 265[2].

1 Z'UNDINCED' undikokele,
Uve ndakubiza ;
Undibambe undixáse,
Ndingabi nakuwa.

2 Ndingqongiwe ngu-Satana,
Nomhlaba, nenyama ;
Ndisindise, ndikúlule,
Wena Bomi bami.

3 Ndakuhendelw' esonweni,
Ndipétwe ngamandla,
Ndomeleze ngapakati,
Undigcine kanye.

4 Mandilinde, mandikúnge,
Ndingenakudinwa ;
'Kuze akufik' u-Mtyoli,
Angandifumani.

Amen.

ENYE INGOMA—102.

## 315

### ABANCEDISI NABASHUMAYELI

[A.M. 356.] 8888. Ingoma—A.M. 356.

1 TETA nam, Nkosi, nditete
Nam, ngokulandela Wena,
Mandifune nam, njengawe,
Abo balahlekileyo.

2 Nkosi, ndikokele, 'ze nam
Ndikokel' abalahleki ;
Nkosi, ndityise, ukuze
Ndityis' abalambileyo.

3 Ndomeleze, nditi, ndimi
Nje kulwalwa olunguwe,
Ndibanced' abazamayo
Kolulwandle lwezilingo.

4 Ndifundise, Nkosi, 'ze nam
Ndifundis' izinto zako,
Acúkumis' amazwi am
Intliziyo zabaninzi.

5 Ndinik' ukupumla kwako,
Ndize nditete ngamandla
Kwabatyafileyo kanye
Ilizw' elipuma kuwe.

6 Nkosi, ndihlutise ngawe,
De izal' intliziyo yam
Ngamazwi nangengcamango,
Ndiluxel' utando lwako.

7 Nkosi, sebenza Wena ngam,
Ngendlela etandwa nguwe;
De ndibon' ubuso bako,
Ndibe ngodlelana nawe. Amen.

## 316

### UKUNIKELA AMALIZO

§ [A.M. 365.] 8884. Ingoma—A.M. 19.

1 NKOSI Tixo, sikubonga,
Ungowe-Zulu
nomhlaba;
Sokubonga, sokutanda,
Wen' opáyo.

2 Yonk' imisebenzi yako
Ixela utando lwako;
Sivuna ngokupá kwako,
Wen' opáyo.

3 Nkosi, siyakubulela
Ngoxolo nangokupila,
Uhlal' usisikelela,
Wen' opáyo.

4 Sixolelw' izono zetu,
Nguwe oli-Temba letu;
Wamkel' umnikelo wetu,
Wen' opáyo.

5 Oko sikunikelayo
Kuyindyebo e-Zulwini;
Sikunikela kumnandi,
Wen' opáyo.

6 Sizuza konke okwetu
Kuwe, Tixo Nkosi yetu;
Sanga singahlala nawe,
Wen' opáyo. Amen.

§ Three verses omitted.



## 317

### AWOLUDWE

[A.M. 391.] 6565.6565.6565. Ingoma—C.H. 526.

1 HAMBANI, ma-Kristu,
Njengasemfazweni,
Nine-krus' ka-Yesu
Inikokela.
Uyanandulela
U-Krist' i-Nkosi;
Nantsi seyihamba
Eyak' imikosi.
Hambani, ma-Kristu,
Njengasemfazweni,
Nine-krus' ka-Yesu
Inikokela.

2 Impi zika-Satan
Ziyabaleka,
Zakuva kugcotywa
Ngokukálipa.
Dumisani nonke
Ngokuvakala;
Amandla entshaba
Azakupéla.
Hambani, *etc.*

3 I-Kerik*e* ka-Tixo
Inye kupéla;
Bemkile abanye,
Siyalandela;
Sinto inye nabo,
Ukwamny' umzimba,
Ngokólo notando
Nangal' itemba.
Hambani, *etc.*

4 Ubukos*i* nezizwe
Zinesipélo;
I-Kerik*e* ka-Yesu
Iyakuhlala:
Ayinakweyiswa
Yimpi ka-Satan,
Utshilo u-Kristu
Ngezwi lenene.
Hambani, *etc.*

5 Hambani ke, bantu,
Ngantliziyo nye;
Dumisan' u-Kristu
I-Nkosi yetu;
Makabongwe futi
'Zitunywa nati;
Nguye yedw' omkulu,
Nguy' oyi-Nkosi.
Hambani, *etc.*

ENYE INGOMA—319[2].

## 318

[A.M. 390.] 6565.6565.6565. Ingoma—A.M. 391.

1 NANTS' i-bana yetu
Ekazimlayo,
Ikóbel' abantu
Emazulwini.
Sihamba entlango,
Sinokuvuya,
Siyayinyatela
Indlel' e-Zulu.
Nants' i-bana yetu
Ekazimlayo,
Ikóbel' abantu
Emazulwini.

2 Yesu, Nkosi Tixo,
Sipambi kwako,
Sivuya sigcoba
Ngokukuncoma:
Sikushiye futi,
Sipambukile;
Sivulel' isango
Elo limxinwa.
Nants' *etc.*

3 Sandulele, Nkosi,
Kunamboo lwetu;
Sikokele, Nkosi,
Eloyisweni:
Yalez' i-Ngelosi
Zisikangele;
Sixolele, Nkosi,
Usisindise.
Nants' *etc.*

4 Sandul' ukufika
Kwikáya letu,
Kuzo i-Ngelosi
Nabo-Bangcwele.
Wakupél' umzamo,
Siyakupumla,
Simbone u-Yesu,
Sive nengoma.
Nants' *etc.*

## 319

§ [A.M. 392.] Ingoma yokuqala—A.M. 392.
6565.6565.6565.

1 PAMBILI! kánitsho,
Mpi yakowetu,
Kúmbulani paya,
Niye pambili.
Lele-Nkos' isitsho,
Ihlab' umkosi;
Otwel' indwe yayo
Ma'ngahlehl' umva.

Nal' ikáya letu
Kude pambili,
Qinisani, nilwe!
Nalo pesheya.

2 Ngumkosi wentwana,
Zisezincinane,
Ludodana, nani
Niyahlatyelwa,

§ Three verses omitted.



Ningabéki emva,
Békan' entabeni
'De nibon' u-Yihlo
Ebungcwaliseni.
Kwélani pezulu,
Kusahlel' ubom,
Nide nalupále,
Kuse ngokuhlwa.

3 Pambili, ma-Kólwa,
Tyuwa yomhlaba,
Kade kukangelwe
Opilisayo;
Kupil' imilwelwe,
Kubon' imfama,
Kufundisw' intlanga
Zikányiselwe.
Hlabani, babuye
Ekulahlekeni,
Bashiy' ubumnyama,
Bay' ekukányeni.

4 Hai ubungcwalisa,
Obuka-Tixo,
Bozuziswa bona
Abamtandayo!
Akuk' ozaziyo,
Oké waziva,
Into zobungcwele
Ezise-Zulwini.
Pambili, kuyasa,
Liyapum' ikwézi,
Kwesuk' amatunzi,
Sode sibone.

5 Umzi wakowetu,
Umzi omiyo,
Ap' akón' u-Tixo,
Apo siyayo.
Tshawe lapakade,
Mnye, Batatu,
Zitsho i-Ngelosi,
Batsho nabantu;
Yinto engeyonto
Ingoma yetu;
Nyatelan' utshaba,
Niy' ekukányeni!

INGOMA YESIBINI—H.P. 105.

## 320

## UKUSEKWA KWENDLU YECAWA

[A.M. 394.] 8888. Ingoma—A.M. 394.

1 WENA Nkosi yezi-
hlwele,
Ezinduli zapakade
Uzambése ngobungcwele,
Sezizele bubo zanke.

2 Kanti noko uyatanda,
Kumihlaba yamakólwa,
Ukuhlala kwi-kerike
Ezakiweyo ngezandla.

3 Tina namhla esilapa
Ukuseka lendlu yako,
Yenza nati ze sisekwe
Kwelo-Gumbi liyi-
ngcwele.

4 Hlis' ufefe kwezozinto
Zihombisa lendlu yako ;
Konke okwakiwa ngako,
Z'uzingcwalisele kona.

5 Yonk' indyebo eselwandle
Naleyo isemhlabeni,
Noko sizizisa kuwe,
Sizizisa zizezako.

6 Bonk' abayisebenzayo
Z'ubanike ukuqonda,
Ize tina sisekayo
Siyifeze napezulu.

7 Lendlu yabanyulwa bako
Z'uhlale uyigcinile,
Yiba kubo, babe kuwe,
M-Triniti Oyingcwele.
Amen.

Enye ingoma—292.

## 321

### UKUVULWA KWENDLU YECAWA

[A.M. 395.] 6686. Ingoma—A.M. 395[1].

Patris æterni suboles coæva.

1 LIZWI lika-Tixo,
Ukwindawo zonke ;
Yiba nati ngalemini,
Sikelela lendlu.

2 Hlamba kweli-Qula
Zonk' izono zetu :
Usihlambulule tina
Ngo-Moya Ongcwele.

3 Dlis' abantu bako
Ngom-Zimba Ongcwele :
Baseze nge-Gazi lako,
Wena Mvan' emsulwa.

4 Bapilise apa,
Bazuz' uxolelo ;
Kugwetyelw' abaguquki,
Kuncedw' abafayo.

5 Tixo, ukô apa,
Nok' use-Zulwini ;
Ufefe lwako lofika
Kwabakufunayo.

6 Izipângo apa
Ziyetisw' amandla ;
Zite zeza ezo-Mtyôli,
Zizel' ukoyiswa.

7 Umbongo nodumo
Mazipakanyiswe,
Zide zifik' e-Troneni
Ku-Tix' u-MTriniti.
Amen.

Enye ingoma—9.



## 322

### IMIHLA YA-BANGCWELE ABATILE

### U-ANDREYA ONGCWELE

[A.M. 403.] 8787. Ingoma—A.M. 403.

1 TINA sibizwa ngu-Yesu
Kuzo zonk'
ingxingongo ;
Yonk' imihla uyabiza,
Uti, " Mkristu,
landela."

2 Wev' u-Andrey' aku-
bizwa,
Emi ngasecibini ;
Washiy' into zakowabo,
Walandel' u-Msindisi.

3 Kut'wa masishiye konke ;
Ubutyebi bomhlaba,
Ubuncwane belilizwe :
" Mkristu, nditi, tanda
Mna."

4 Kuz' imeko esikuzo,
Naxa sisebenzayo,
Usabiza noko Yena,
Efun' utando lwetu.

5 Tina sibizwa ngu-Yesu,
Masisabele kuye,
Ngentliziy' etobileyo
Simkonze yonk' imihla.
Amen.

Ezinye ingoma—302[1], 450.

## 323

### U-TOMAS ONGCWELE

[A.M. 404.] 8888. Ingoma—D.M.H.B. 66.

1 NKOSI, kudala ukânya
Kwabo batandabu-
zayo ;
Nakuba-Postile bako,
Nakulô watandabuza.

2 Naye watand' u-Msindisi,
Wayefun' ukufa naye ;
Nakuba ngomhla wo-
Vuko
Waba ngomehl' aluzizi.

3 Wafun' ukucûkumisa
Izandla ezimanxeba :
Watand' ukuqondisisa
Icala elinenxeba.

4 Avulek' amehlo ake,
Akubona amanxeba,
Waza waguqa ngedolo,
Wati, ' Nkosi yam, Tixo
wam.'

5 Nkosi, vul' amehlo etu,
Sibuve ubukó bako,
Size nati sikunqule
Ngompefumlo nango-
mzimba. Amen.

ENYE INGOMA—268.

## 324

## U-PAULOS ONGCWELE

[A.M. 405.] 7676. Ingoma—A.M. 405.
Pastore percusso, minas.

1 UMALUSI wabetwa,
Incúk' ikufupi;
Yayingqawa umhlambi,
Ingazani nawo.

2 Yayifun' ukuqwenga
Ngobuŕalaŕume;
Yanqunyanyiswa lizw'
Elanqangazayo :—

3 " Saul! Saul! kuhla
nganina
'Kutshutshiswa
nguwe?
Mna ndinguye u-Yesu,
Otshutshiswa nguwe."

4 Uzipakamisile
Izandla zegazi,
Wavakala esiti:
" Ndenze nto-nina,
Nkos*i*? "

5 Utshaba lo-Malūsi
Seluguqukile,
Lalixwán' elingena
Ngesang' ebuhlanti.

6 I-Lizwi lika-Tixo
Lenza izimanga,
Ligob' iziganyonyo,
Nabaŕatshileyo.

7 Yesu, Malūsi wetu,
Akupézi Wena
Ukukúsel' umhlambi
Wako engozini.

8 Indumiso ku-Yise,
Nakuye u-Nyana,
Nakuy' u-Moy' Ongcwele,
Ngamaxesha onke.
Amen.

ENYE INGOMA—270.



## 325

## UKUHLANJULULWA KWE-NTOMBI U-MARIYA ONGCWELE

[A.M. 407.] 8686. Ingoma—A.M. 407.
Templi sacratas pande, Sion, fores.

1 TSIYON, genga amasa-
ngo,
Nank' um-Prist*e* ne-
Dini;
Imifuzisel' ishenxe,
Oyinene ukó.

2 Akusafuneki zimvu;
Oka-Tix' u-Nyana
Uze kweyake i-Altar,
Ehlaulel' isono.

3 U-Mariy' umzis' esazi
Ukub' ungu-Tixo;
Usana nalomahobe
Esenz' umnikelo.

4 U-Simon ubon' i-Nkosi
Kad' eyinqwenela;
Usindiso lo-Sirayel*i*
Lwalanywa ngu-Hana.

5 U-Nina nanko etoba,
Ezise u-Lizwi,
Ezigcina ezizinto
Entliz'yweni yake.

6 Makuzukiswe u-Yise,
Azukisw' u-Nyana,
Kwa no-Moya Oyi-
ngcwele,
Kus' epakadeni.
Amen.

## 326

## U-MATIYAS ONGCWELE

[A.M. 408.] 777777. Ingoma—A.M. 408.

1 MALUSI-mipefumlo,
Kokelela pezulu,
Singaqwengwa yincúka,
Nantsi isilalele.
Silinde, sigcine, Nkos*i*,
Wena usalūsayo.

2 Lakuvulek' isango,
Lishiywe ngabaqeshwa
Abangenanyameko,
Uz' ubekó, Malūsi;
Bek' imival' ulinde
Wena, M-Gcini wetu.

3 Nkosi eyalaulayo,
Mhla kwapósw' iqashiso,
Kuzaliswa indawo
Le ka-Sikariyote;
Sisekuxakekeni
Sondela, Nkosi yetu.

4 Mhla i-Ngcwele zimayo
Kwi-Yerusalem e-Ntsha,
Wobakó u-Matiyas,
Sinyule kunye naye,
'Kuze kulomz' ungcwele
Wako sikangelane. Amen.

ENYE INGOMA—72.

## 327

## UKUSHUNYAYEZWA KWE-NTOMBI ENCOMEKAYO U-MARIYA

6666. Ingoma—A.M. 188.

1 I-NGELOSI yati
Kwi-Ntomb' u-Mariya,
" A! i-Nkos' inawe,
Wen' ubabalweyo.

2 " Uyakutabata,
Uzale unyana,
Umtiye igama—
Elokuti ' Yesu'.

3 " Uyakuba mkulu,
Anikw' ubukosi,
Abizwe ngokut'wa
Ngow-Osenyangweni.

4 " Abe ngukumkani
Pezu ko-Yakobi;
Ubukosi bake
Bungaze bupéle.

5 " U-Moy' Oyingcwele
Wokusibekela,
Nokuzelwe nguwe
Kot'wa ngoka-Tixo."

6 Wati u-Mariya,
" Nank' umkonzazana
Wako; makwenziwe
Ngokwelizwi lako."

7 Siyambong' u-Tixo
Ngokuzitob' oku;
Siyancom' i-Ntombi
Ezitobileyo.

ENYE INGOMA—158.

## 328

## U-MARKO ONGCWELE

7676.7676. Ingoma—S.M.T.B. 31.

1 A! MVANGELI nenqina
Lika-Kristw' i-Nkosi,
Mlingane wabafundi,
Mshumayeli we-Zwi—
Bóta! Mark' onenywéba,
Ingqalo ya-Bane,
Abaludaba luya-
Kuy' epakadeni.



2 Wanyulelwa usemtsha
Ukukonz' i-Ngcwele,
Ezanqinel' i-Nkosi
Ngotand' olushushu;
Ube ngumvakalisi,
Njengabo, ka-Tixo,
Nowake umnqamlezo
'Watwal' indeleko.

3 Wakusebenzela, Nkosi,
Wapilela bona,
Nendaba zosindiso
Wazivakalisa:
Kumzi ka-Aleksander
Akaz' alityalwe,
Namanyang' ase-Yip'ta
Nanamhl' asambeka.

4 Ulaul' eluzukweni,
Yesu, Solutando,
Unikwe onk' amandla
Apa napezulu;
Yandisa abakonzi
Kulentsimi yako,
Ukuze zonk' izizwe
Zivunele Wena. Amen.

ENYE INGOMA—184.

## 329

## U-FILIPU ONGCWELE NO-YAKOBI ONGCWELE

[A.M. 411.] 8888. Ingoma—A.M. 411.

1 INYE indlela kwapéla
Yokupuma ekoneni,
Esa kwelozwe linyulu;
Kuba ngu-Tixo okóna.

2 Inyaniso nayo inye,
Yeka-Tixo kwakupéla,
Ubom nabo bukwabunye,
Bob' asitengele bona.

3 Okwamsitelay' u-Filip*u*,
Siyakwazi ngay' u-Kristu,
Simtyilelwe ngay' u-Yise,
Zeyisakal' intliziyo.

4 Ukólo lubambelela
Kweka-Yakob' imfu-
ndiso,
Xa singabambelelanga,
Siyakupóswa li-Zulu.

5 Yesu, Ndlela, Nene,
Bomi,
Sikokelel' e-Zulwini,
Size ke ekupéleni
Sihlale sipambi kwako.
Amen

ENYE INGOMA—23.

## 330

### U-BARNABAS ONGCWELE

[A.M. 412.] 7777. Ingoma—A.M. 412.

1 ASIKELELW' amazwi,
Kwa nezenzo zalowo
Ogama ekwatiwa,
" Ngu-Nyan'ovuselelo."

2 Wahlala enoxolo,
Evakalis' i-Lizwi,
Evuselel' abantu,
Ebabizel' e-Nkosini.

3 Moya owambizayo
U-Barnabas Ongcwele,
Wamambésa ngezipó
Zamazwi obulumko:

4 Ngamana nati, Nkosi,
Safuza yena lowo;
Sibe ndawonye naye
'Kunene kuka-Kristu.
Amen.

## 331

### U-YOHANE UM-BAPTIZI ONGCWELE

[A.M. 414.] 6666.4444. Ingoma—A.M. 414.
Nunc suis tandem novus e latrebis.

1 OWAHLAL' entlango
Wancama ikáya,
Nanku namhl' ebuya,
Káuv' uyabika
Ezindaba;
" Nank' u-Kristu,
Ogwebayo;
Guqukani."

2 Nank' u-Tixo wenu
Emi nje emnyango;
Epéte umnyani,
Uzakutshayela
Esandeni
Inqólowa;
El' umququ,
Awutshise.

3 Nina ke, zintaba,
Qubudani kuye,
Mifula, zigingqi,
Manigangateke;
'Ze niti-tye
Ku-Kumkani
Wapakade,
Umlawuli.

4 Sikuve uteta,
M-tunywa we-Zulu,
Kut' apa zitulu,
Sivus' esonweni.
Singabáqwa
Ekoneni,
Siselelwe
Emgwebini.



5 Tix', utando lwako
Malusixóbise
Tina kwelidabi,
'Ze usikúsele,
M-Triniti;
'Ze sivume
Indumiso
E-Zulwini. Amen.

## 332

### U-PETROS ONGCWELE

[A.M. 416.] 7777. Ingoma—E.H. 104.

1 KATATU wakányelwa,
Wabuya waxolela;
Ngaku-Petrosi wema,—
" Uyanditanda na ke?"

2 Silikányela futi
I-Gama lako nati:
Sikushiy' onk' amaxa,
Ngakumbi sakulingwa.

3 Inkuku yakulila,
Wasitsho isililo:
Wabuya womelela;
I-Nkosi wayikonza.

4 Tina bomagwalana,
Utando asinalo:
Asiloyik' ihlazo:
Sakéle kwa nesono.

5 Ngenxa yotando lwako,
Sihlambe esonweni;
Nehlazo ulisuse,
Wena okányelwayo.

6 Sisenzonzobileni,
Yolul' isandla sako:
Ukuze sisindiswe,
Sobambelela kuwe.
Amen.

## 333

### U-YAKOBI ONGCWELE

[A.M. 418.] 8686. Ingoma—A.M. 418.

1 SILIBONG' i-Gama lako,
Ngabafeli bako,
Ababizwa kwa kamsinya,
Nabalinda kade.

2 Ngaye owashiy' uyise,
Washiya nempahla,
Akuluv' ubizo lwako,
Olummemezayo.

3 Wayivus' intomb' enawe,
Wanaw' entabeni;
Walubon' uzuko lwako,
Engowabatatu.

4 Wayenaw' e-Getsemane,
Wazivisw' intlungu,
Okw' iṫele lika-Herod
Lamnyusela kuwe.

5 Nkosi, sinik' ubabalo,
'Ze sishiye nati
Imihlali yelilizwe,
Sijonge pezulu.

6 'Ze sifund' ukuyisela
Eyako indebe;
Sifunyanwe siqinile
Mhlan' usinyusayo.
Amen.

## 334

### U-BARTOLOMEYU ONGCWELE

[A.M. 419.] 8787.8787. Ingoma—A.M. 419.

1 AMAGAMA entw' eninzi
Alityelweyo
mgumntu,
Akuwe ngonapakade,
Kumkani waba-
Ngcwele!
Iziban' eziluzizi
Zitsha ngamandla
kóna;
Ngamatshawe e-Zulwini;
Nok' elityelwe apa.

2 Kumqulu waba-Postile
Kuk' u-Bartolomeyu,
Esibonga ngaye namhla,
Nakwiminyaka yonke.
Ukusebenzele Wena—
Oko kwaziwa nguwe:
Bufihliw' ubomi bake
Kuyo i-Nkosi yake.

3 Asinguye yini lowa
Wambona etandaza?
Lowa wayekulindile,
Uvel' e-Nazarete?
Lo wahlangana ne-Nkosi
Kunxweme lwe-
Galili—
Wati kuy', "Uyakubona
Okungapezu koku"?

4 Akuk' onokusityela;
Konke kusencwadini
Ye-Mvana: unyamezelo,
Ukólo, umtandazo,
Umsebenzi, nokuzama—
Kuyindyebo yak' oko;
Sibalele enanini
Labo bayulwa nguwe.
Amen



## 335

### U-MATEYU ONGCWELE

11.11.11.5. Ingoma—S.S. 189 C.

1 KWAKE kudala kwakò ndod' itile,
Umbuti-ṫafu, beyinukuneza
Ngokokukonza aboluny' uhlanga—
Lo ngu-Mateyu.

2 Kulok' ufefe kade lwamtyilela,
Kusweleke nje zwi limcúkumisa,
Yada i-Nkosi yo-Bomi yateta—
"Yiza, landela."

3 Kwamanelisa ngokudlula kwako,
Ngelizwi lako, kwa neliso lako;
We-kwâsu weza, eshiy' ubutyebi,
Kub' umbizile.

4 Okukomhlaba wananisa ngako,
Waqweb' inzuzo kanini nanini;
Ngoku kuluhlu lwe-Ngcwele selemi
Pambi kwe-Mvana.

5 Njengamandulo, sondela, Msindisi,
Apo kulaula amapúng' elizwe,
Kwabangate-ni, nabambêt' ulunya,
Inkol' idaka.

6 Babize, Nkosi, ubenz' amagosa
Ezipò zako, bengenakuzingca;
Bavutulule ngenxa yako konke,
Njengo-Mateyu. Amen.

ENYE INGOMA—62.

## 336

## U-MIKAYELI ONGCWELE NE-NGELOSI ZONKE

[A.M. 617.] 8686.8686. Ingoma—A.M. 216.

1 BAWO, pambi kwe-
Trone yako
Kumi i-Ngelosi,
Ezipahle olokányo,
Zidumisa Wena;
Ziti, zizibeka pantsi
Izitsaba zazo,
Zitsholoze zonwabile,
Ngamazwi nengwali.

2 Zeziti zipápázela
Ngamapik' omlilo,
Zimemelel' i-Serafim,
Zidumise Wena;
Ngamana nati, Nkos'etu,
Ungasibabala,
Ubakányisele bonke
Aboyika Wena.

3 Senze, kulomnquba wako
Siqubuda nazo,
Sihamb' indlel' ey' ekáya,
Apo utandwayo;
Sipakamis' intliziyo
Ngokwe-Ngelos' ezo,
At' onk' amandl' esinawo
Adumise Wena.

Amen.

## 337

8686. Ingoma—OXF. H.B. 266.

1 HAI ubungcwalisa bako,
Nkosi yezihlwele!
Udunyiswa e-Zulwini
Zi-Ngelosi zako!

2 Hai uyolo lwezongoma
Zingapambaniyo,
Zifanele imimoya
Engenakuncóla!

3 He! nalapa i-Ngelosi
Zikó kulenkonzo;
Sidibane nazo, siti,
" Ngcwele, Ngcwele, Ngcwele."

4 Mazihlale zisigcina
Tina bantu bako,
Njengokuba u-Elisha
Wapahlwayo zizo.

5 Njengokub' u-Mikayeli
Wamgxot' u-Satana,
Ne-Ngelosi mazicite
Zonk' intshaba zetu.



6 Nawe, Yesu, M-Sindisi,
Ngexa lobunzima,
Akweyang' ukomelezwa
Zi-Ngelosi zako.

7 Masincedwe nati, Nkosi,
Zi-Ngelosi zako,
Somelezwe, sonwatyiswe,
Situtuzeleke.

8 Zakukatazeka zona
Ngokuba sonile,
Mazivuye ngokubona
Ugukuko lwetu.

9 Wakubizwa umpefumlo
Ufuduswe apa,
Maziwus' e-Paradesi,
Kolopumlo lwako.

10 Lakulila ixilongo,
Elokugqibela,
Kutunyelw' emasimini
Abavuni bako,

11 Singa singabonakala
Sizikwéb' ezihle,
Sibutelw' esiseleni
Sako sosindiso.

Amen.

ENYE INGOMA—279.

## 338

[E.H. 242.] 11.11.11.5. Ingoma—E.H. 335.

Christe, sanctorum decus Angelorum.

1 KRISTU, Luzuko lwe-Ngelosi zako,
Menzi woluntu, Wena Mpáti wetu,
Sipé ngenceba inqwanqwa sinyuke,
Tina bakonzi.

2 Teta ne-Nkulu, ummisi woxolo,
U-Mikayeli, asinik' uncedo,
Singabi salwa, 'ze zilung' izinto
Kwabanoxolo.

3 Teta ne-Nkulu, umququzeleli,
U-Gabriyeli, amgxote umtyóli
Kuti zindwayi, yena oneliso
Kwizindlu zako.

4 Teta ne-Nkulu, oyena mpétúli,
U-Rafayeli, wabalahlekiswa,
Ot' aqinise ngentambiso yako
Umzimba, ubom.

5 Ngaman' u-Nina ka-Tix' u-Msindisi,
Kwa nesihlwele se-Ngcwel' e-Zulwini,
Nomkos' omkulu we-Ngelosi zako
Wasincedisa.

6 Baw' Onamandla, Nyana, Moy' Ongcwele,
Tix' Onoyolo, Wen' odunyiswayo
Ngulo-Mz' ongcwele, yiva lomtandazo,
Ufike kuwe. Amen.

ENYE INGOMA—I.

## 339

[A.M. 423.] 10.10.10.10. Ingoma—A.M. 423.

*Φωστῆρες τῆς ἀΰλου.*

1 MAKWEZ' omso abengezelayo,
Enokukánya kwase-Zulwini,
Adumisa ngokungapéliyo
Apo bungekóyo ubusuku.

2 Tixo wemikosi, ngababusi
Bako abakuwe, kanye aba
Zizigidimi ozitumayo,
Ukukúsel' umntu osisulu.

3 Aba ngabalind' i-Yerusalem,
Apo i-Kerubim ne-Serafim
Ziqubudayo zinik' uzuko,
Kunye nabo abapilileyo.

4 Aba ngonyana b-Osenyangweni,
Abadandulukayo ngovuyo,
Mhlenikweni kwadalwa umhlaba,
Nenkwenkwez' esibákabákeni.

5 Mabasikúsele basilwele,
Tixo weziganga ze-Ngelosi :
Side sizukise kunye nazo,
Kwa-ngoma ingasoze ipéle. Amen.

ENYE INGOMA—24.



## 340

### U-LUKA ONGCWELE

[A.M. 425.] 8888. Ingoma—A.M. 425.

1 UFANELE, MPriste wetu,
Ukunconywa ubulelwe,
Ngengcwele yako, u-Luka,
Esaze ngay' i-Zwi lako :

2 Owamnyulel' ukuxela
Imizamo yak' ungu-Mntu ;
Asazis' ubomi bako
Obunyul' usengu-mntwana.

3 Hai, mininz' imipefumlo
Enetyala evuyiswe
Libali lokufunyanwa
Konyan' obelahlekile.

4 Hai, baninz' abangaboni
Abakútazisiweyo
Ngumfaz' owaya ku-Yesu
Namafut' aqóliweyo.

5 Hai, baninz' abatandazi
Abayivumay' ingoma
Eyalukúlul' ulwimi
Luka-yise ka-Mbáptizi.

6 Ne-Kerik' isatsholoza,
Ngayo yonk' imihla yayo,
Ngengoma ye-Ntomb' enyulu,
Neyexégo u-Simone.

7 Wena Ngcwele ! o-Vangeli
Inamazwi enyaniso,
Itúlul' e-Kerikeni
Intambis' epilisayo :

8 Nqina lobom bo-Msindisi,
Mhlobo wo-Mpostil' u-Paulos,
Ngeminyaka yemizamo
Wafunyanw' utembekile.

9 Nkosi, masikukólise
Njengaye, side sibizwe
Siye kububon' ubuso
Bako, tina kunye naye. Amen.

## 341

### U-SIMON ONGCWELE NO-YUDA ONGCWELE

[A.M. 426.] 878787. Ingoma—A.M. 426.

1 WATUMA aba-Postile,
Bahamba ngaba-bini,
Bashumayel' i-Vangeli,
Bezindla-mafa kunye
Zalo olofefe lwako,
Abasebenza ngalo.

2 Siyakudumisa, Bawo,
Ngalamagoŕ'
e-Vangel*i*;
Owakànyiselayo, Nkos*i*,
Ngomlil' ovut' utando;
Omnye uzalana nawe,
Ngok' ukwazi ngenene.

3 U-Moya wako okubo
Ungowenz' izimanga;
Wadala imiqondiso
Mhla kwasekwa
i-Bandla;
Baliv' izwi lako, Nkosi,
Kwakuvuk' intshu-
tshiso.

4 Kusibekele kwakóna;
Utando luyabanda;
Kwand' isono, lwaf'
ukólo;
Singenelwe zincúka:
Siza, Nkos' engu-
Msindisi,
Ingafi inyaniso.

5 Yiba nenceba kuboni,
Kúsel' abakólwayo;
Masinyaniseke kuwe,
Sikuncamele konke,
Qinisa usomeleze
D'e kube sekufeni.

6 'Ze kunye ne-Ngcwele
zako,
U-Simone no-Yuda,
Na-Bangcwele abalapo
Sibonge sidumise,
Kololwandle lwe-kristale,
Zakupéla imfazwe.

7 Bawo, Tixo wet' omkúlu,
Uzukiswa ngumhlaba;
Nawe, Nkosi ya-Ba-
ngcwele,
Wen' ofezekileyo;
Nawe, Moya Oyingcwele,
Sikubong' amax' onke.
Amen.

EZINYE INGOMA—283[1], 352.

## 342

### I-NTOMBI ENCOMEKAYO U-MARIYA

[A.M. 449.] 7777. Ingoma—W.K.H.T.B. 173.
[Quem terra, pontus, æthera.]

1 LO-TIXO, odunyiswa
Lipakade lipéla,
Wangena wasamkela
Esentomb' isizalo.

2 Le-Nkos' ibuswa futi,
Ngo-Moya Oyingcwele
Yakáulwa ku-Mariya:
Ufefe lwamp' ukólo.



3 Hay' inywéb' omzali lo!
'Mzimba watwal' u-Tixo,
U-Mdali, u-Mlawuli,
Wayinqanawa yake.

4 Ngodaba lwe-Ngelosi,
Ngesenzo sika-Moya,
Waya wenziwa umntu,
Osi-Tandwa selizwe.

5 Uzuko lwapakade,
Nkos' evele nge-Ntombi,
Lolwako, kwa no-Yise,
No-Moya Oyingcwele.

ENYE INGOMA—29.

## 343

[A.M. 450.] 8686. Ingoma yokuqala—S.S. 203.
*Makungakàulezizwa.*

1 MA wetu, siyakutanda
Otandwa ngu-Yesu;
Siyaxel' udumo lwako
Yonke iminyaka.

2 Tina zinto ezingento
Sambàt' ukuncóla,
Kwada kwez' u-Nyana
wako,
Wasihlambulula.

3 Wena, Mariya, wanyulwa
Pakati kwentombi,
Ukuba usizalele
U-Mkúluli wetu.

4 Wayesanya lomabele,
Noko angu-Tixo;
Ubusiti akulila
Umtutuzele ke.

5 Usikelelwe, Mariya,
Ngalo-Nyana wako:
U-Yes' owazitobayo,
U-Ngcwele yengcwele.

6 Hayi ke ololuyolo
Oluzuzileyo!
Hayi wena owagcina
Izwi lika-Tixo!

7 Wayekutanda u-Yesu,
Nati sokutanda;
Siyaxel' udumo lwako
Yonke iminyaka.

8 Siyakuzukisa, Yesu,
Nyana ka-Mariya,
Umnye no-Tixo u-Yise,
No-Moy' Oyingcwele.

INGOMA YESIBINI—A.M. 76 (*adapted*).

## 344

UKUMHAMBELA U-ELIZABETE KWENTOMBI U-MARIYA

6666. Ingoma—E.H. 213².

1 WESUKA u-Mari,
Waya kwelentaba,
Wangena endlwini
Ka-Elizabete.

2 Wambulisa yena;
Lwevá umbuliso
Nosan' esiswini,
Lwasuka lwaxúma.

3 Waza wazaliswa
Lomfazi umkulu
Ngu-Moy' Oyingcwele,
Wateta lamazwi :—

4 " Wen' usikelelwe,
Ngokuba wakólwa,
Ezozinto zonke
Zakwenzeka kuwe."

5 Umoya ka-Mari
Wagcobel' u-Tixo,
Omenzel' izinto
Zovuy' olukulu.

6 Siyambong' u-Tixo
Ngokuzitob' oku;
Siyancom' i-Ntombi
Ezitobileyo.

ENYE INGOMA—158.

## 345

U-MARIYA MADELINA ONGCWELE

777764. Ingoma—SESUTHO H.B. 160.

1 UTE u-Luk' Ongcwele
E-Vangelini yake
Wabála ezindaba
Ezitutuzelayo :—
" Ubelahlekile,
Wafunyanwa."

2 I-Nkosi yak' u-Yesu.
Igqiŕa elikulu,
Wezel' ukupilisa
Imipefuml' efayo :
Bebelahlekile,
Bafunyanwa.

3 I-Nkosi kukaninzi
Ivus' abasweleyo
Enzulwini yokufa,
Nakutuli lwesono :
Bebelahlekile,
Bafunyanwa.

4 Sifunda ngo-Yohane,
Olilungisa kanye,
Wabafundis' aboni,
Wabazis' endleleni :
Bebelahlekile,
Bafunyanwa.



5 U-Mari Madelina
Ebe nazo i-demon :
Walila kalusizi
Entaben' e-Kalvari :
Obelahlekile,
Wafunyanwa.

6 Ngalomhla wokuvuka
Sanga singayibona
I-Nkosi no-Mariya,
Nabaguquki bonke ;
Bebelahlekile,
Bafunyanwa. Amen.

## 346

UKUGUQUKA KWEMBONAKALO YE-NKOSI ESENTABENI

[TR.] 11.11.11.5. Ingoma—E.H. 188².

[O Sator rerum.]

1 MDALI womhlaba, owuhlaziyayo,
Kristu, Kumkani wokumkani bonke,
Owazityila ebuqaqaulini,
Mdali wokánye.

2 Ingubo zako zazibengezela,
Zakánya zaba mhlope kunekėpu ;
Ubuso bako nabo bakazimla,
Banjengelanga.

3 O-Moses no-Eliy', aba-Profite,
Bateta nawe, no-Yise wateta ;
" Lo ungu-Nyan' endikólisiweyo
Nguye—mbekeni."

4 Nati z'usive, Msindisi womhlaba,
Size sihlale nawe enkanyweni :
Uzuko kuwe, nakuye u-Yise,
No-Monwabisi. Amen.

ENYE INGOMA—1.

## 347

### IMINI EZINGCWELE

[A.M. 428.] 8888.88. Ingoma—A.M. 428.

1 ABANGCWELE baka-Tixo !
Boyisile edabini,
Abasafuni ziřweqe,
Bazibeke pambi kwe-Nkos*i* :
Ngcwele zisikelelweyo,
Nipumelel' ezingozin*i* !

2 Abangcwele baka-Tixo !
Balufezile ugqatso,
Abasenak' ukudinwa,
Abasenako nokuwa :
Ngcwele ziseluyolweni,
Kwelokâya ninopumlo !

3 Abangcwele baka-Tixo !
Bawuwelile umlambo,
Akusekó zoyikiso
Zingabafikelelayo :
Ngcwele zisikelelweyo
Kulonqaba yokupumla !

4 Abangcwele baka-Tixo !
Sebekangel' ukuvuswa
Kwemizimb' elutulini,
Inyuselwe e-Zulwini :
Ngcwele ! vuyani nicule ;
Uyez' u-Kumkani wenu.

5 Tixo wa-Bangcwele, sive ;
Msindisi, sitetelele ;
Moy' Ongcwele, sikokele,
Usip' ubabalo lwako :
'Ze sipumle nezo-Ngcwele
Kwelokâya lapezulu. Amen.

ENYE INGOMA—457.

## 348

### AMANQINA [Confessors].

[A.M. 451.] 8888. Ingoma—A.M.N. 191².

Non parta solo sanguine

1 ASINGABAFA ngeřele
Bodw' abazuz' isitsaba ;
Kuk' isivato soyiso
Kulow' uvume i-Nkosi.



2 Engalivang' idangatye,
Engatwele namnqamlezo,
Noko waf' imihla yonke
Ngokwenza intando yako.

3 Awaqwengw' umzimba wake
'Zilo, namakamandela,
Lwanel' utand' olunzulu,
'Lulidini lika-Kristu.

4 Masikangele kuwe, Nkos*i*,
Sifund' ukufa kobubom*i*,
'Kuze, kwakupêla bona,
Sibe naw' unapakade.

5 Mtombo wotand' olungcwele,
'Pumlo lwe-Ngcwele pezulu,
Mawenzelwe indumiso
Ngoku nangonapakade. Amen.

ENYE INGOMA—292.

## 349

7676.7676. Ingoma—A.M.N. 373.

1 HAI 'buhle ba-Bangcwele
Abanyuliweyo !
Hai 'buhle bamanqina
Acikidiweyo,
Ngomnqamlezo nentlungu,
Ngengqele nemvula,
'Bulwelwe namalanga,
Nawo amanxano.

2 Iliso alidinwa
Kukubuka bona ;
Indleb' ayiřuquki
Yindumiso yabo :
Intliziy' ayidikwa
Kukucinga ngabo ;
Ngezongoma zoyolo
Bazitsho kwa-myoli.

3 Hai 'buhle balomatye
Aqingqekileyo !
Hai 'zuko lwalomatye
Acokisiweyo !
Axozwa ngezixólo,
Akândwa ngezando.
Alungiselw' indawo
Zokwakiwa kwawo.

4 Iliso alidinwa
Kukubuka wona ;
Indleb' ayiṙuquki
'Kuv' uncomo lwawo ;
Intliziy' ayidikwa
Kukucinga ngawo,
Nesakiwo asiso,
Esikazimlayo.

5 Ubunxàm' endinabo
Andingebuxeli ;
Sendinga ndingahamba
Ndiye kuhlomela
Esosakiwo sabo,
Nalongoma yabo,
Ndincede, Nkosi Yesu,
Ndingenise kubo.

6 Ndiswele amapiko,
Ngendipápázela,
Ndimke ndiye kubonga,
Sidumise kunye :
Ndincede, Tixo Bawo,
Yesu, tetelela,
Nawe, Moya, kokela,
Ndidlelane nabo. Amen.

## 350

[A.M. 438.] 8686. * Ingoma—S.S. 331 A.

1 HAYI ubuqaqawuli
Babaya-
Bangcwele !
Bangene ngapina bona
Kobâbungcwalisa ?

2 Aba ngabapumeleyo
Embandezelweni,
Bazihlamb' ingubo zabo
Nge-Gazi le-Mvana.

3 Ngoku bemi pambi kwe-
Trone,
Bepét' amasundu,
Bakonz' u-Tixo pezulu
Abamtandileyo.

4 Abalambi, abanxanwa,
Abatshiswa langa ;
Ngu-Tixo elab' i-Langa,
Lokubonwabisa.

5 Bonganyelwe yilo-
Mvana
Ihlel' e-Troneni,
Ibadlisa kokwe-Zulu,
Bakokelwa yiyo.

6 Ibakápel' emadlelweni
Kwabalekay' amanzi ;
Wosul' inyembez' u-Tixo
Kuwo onk' amehlo.

7 Makubekò lonk' uzuko
Ku-Yise, no-Nyana,
Naku-Moya Oyingcwele,
Ngamaxesha onke.
Amen.

* *Kupindwe umgca wesine.*



## 351

ABABALI BE-VANGELI

[A.M. 433.] 8686. Ingoma—A.M. 433.

Christi perennes nuntii.

1 IZITUNYWA zika-Kristu
Zihlwayel' i-Lizwi
Eliyi-Vangeli yake,
Eyofefe lwake.

2 Imfihlelo zake zonke,
Zona zakudala,
Ngababáli be-Vangeli
Zisiw' ekuhleni.

3 Into ezenz'wa ngu-Yesu
Ngobu-Tixo bake,
Zabálwa ngaba-Vangeli
Bomnqopiso omtsha.

4 Umnqopiso wakudala
Wabálwa ngo-Moya ;
Kaloku ngoncedo lwake
Uyatyila wona.

5 Masimdumise u-Tixo,
Oyifundisayo
I-Kerike, ngokukánya
Kwe-Vangeli yake.

ENYE INGOMA—180.

## 352

[A.M. 619.] 878787. Ingoma—A.M. 619.

Quisquis valet numerare.

1 LOMABOTW' entsikelelo
Azaliswa zi-Ngcwele,
Abuxelwa ubuyolo
Eziva bona apo ;
Zipum' embandezelweni
Ngoku ziselupumlweni.

2 Namhla zona ziwelile
Kumfula wenyembezi ;
Namhla azisakúmbuli
Iminyaka yentsizi ;
Ngok' icebo lika-Tixo
Selifezekile ngqe.

3 Zimoyisile umtyóli
Ngamandlao-Msindisi ;
Zimemelela, zivuya,
Ingoma yoloyiso
Ku-Kristu, umvuzo wabo,
Nosisabelo sabo.

4 Okuya babefipele,
Namhla bayakazimla ;
Sikólise Wena, Tixo,
Sihlambe ukuncóla ;
Sifike sihlambekile
Kwelokomkulu lako.

5 Sibona Wena, MTriniti,
Iti lomfihlakalo
Yokudibana kwemmilo
Yon' ibe sekuhleni;
Xana sikudumisayo,
Tix' ommilo zintatu.

6 Kálipa ke, Mkrist', uqine
Kumtwalo ova wona,
Ezintsizi uzivayo
Zitshayelel' uyolo;
Ayemka ke amatunzi,
Kusondela uvuyo.

7 Tixo Yise, Mbàngi yobom,
Sinqul' Osenyangweni;
Nyana, siqubuda kuwe
Pambi kwalo-Tron' ako;
Nawe, Moya Oyingcwele,
Sibulel' amax' onke.

EZINYE INGOMA—283[1], 341.

## 353

O-BISHOP

[A.M. 453.] 6686. Ingoma—A.M. 453.

1 MALUS' okokela
Imvu zesibaya,
Zibekeke zilandela
'De zifik' ekáya.

2 Tola lokuzayo,
Namhl' umgodusile
Umkonzi wak' omtandayo
Nobe umgcinile.

3 Siyakudumisa
Ngomsebenz' ongcwele
Awenze wawucokisa,
Inzim' ezitwele.

4 Wazenz' ubėlwana,
Epėt' izitshixo
Zomzi wak' ongakanana,
Nomhlambi ka-Tixo

5 Kuwe etembela,
Walwa wazincama,
Edabin' enyatelela
Pantsi ingonyama.

6 Waz' ekunikela
Abekupàtele,
Wadlul' apa edlulela
Wen' azibonele.

7 O-Bishop banike
Leyompembelelo;
Ngofefe lwako bafike
Kwa kwesosipėlo:

8 Naye badumise
Maxa sekupėle
Obubomi, bazukise
U-MTrinit' Ongcwele.
Amen.



## 354

ABA-POSTILE

[A.M. 432.] 7777. Ingoma—A.M. 432.

Cælestis aulæ principes.

1 MAQAJI akomkulu,
Zitàtá zezwe lonke,
Zidwangube ze-Nkosi,
Zinduna zo-Sirayel*i*;

2 Kwakumnyam' emhla-
beni,
Neza nesikànyiso;
Kwesaba zonk' izono,
Kwavela inyaniso.

3 Neza ningenařele,
Ningenabuqetseba;
Natimbela u-Kristu
Ngomnqamlezo wehlazo.

4 Kwakulaula isono,
U-Satan' esamele;
Namhl' u-Tix' uyako-
nzwa,
Kulaul' inkululeko.

5 Udumo lweli-Gama
Lukuwo wonk' umhlaba;
Kuzo zonke indawo
U-Tixo uyaziwa.

6 Makudunyisw' u-Tixo,
Ozimmilo zitatu;
Osikùp' emnyameni,
Seza ekukànyeni. Amen.

## 355

8686.8686. Ingoma yokuqala—D.M.H.B. 18.

1 NGAY' imihla ya-Bangcwele, namafa-na-Nkosi,
Sikùmbul' ukufa kwabo, singabavuyayo;
Boyisile ngomnqamlezo, amagoř' amahle,
Masibadumise ngoko ngamaculo etu.

2 Ngolukól' olunamandla bayitand' i-Nkosi,
Ngoloyiso nangovuyo bangen' ekufeni:
Ngamazembe nangomlilo beva ubuhlungu,
Bengcikivwa bebulawa ngenxa yo-Mkùluli.

3 Xa ukufa kwadlulayo, nezombandezelo,
Bamkel' amading' obomi, balal' ubutongo:
Bewudelile lomhlaba, balwa ngobuřoti,
Bangeniswa kwelolizwe limiwe Zitunywa.

4 Indla-mafa zika-Kristu zihleli pezulu,
Zanga zingasinced' apa ngomtandazo wazo :
Side nati sifik' apo badumisa kóna,
Xa ubomi bupélile bomhlab' odlulayo.

5 * Abobazalwana betu bangamanqin' e-Nkos*i*,
Ase-Luganda kutsha nje bavuma lengoma :
Beza kuxáxwá behleli, batshe umzuz' omde,
Bona bamana becula, bebonga u-Yesu.

6 * Naye u-Bernard Mizeki wayifel' i-Nkosi,
Ngomkonto, kwa nabaninzi ngalemihla yetu :
Kufupi e-Madagaska, nangapa e-Tshayina :
Nat' ebomin', ekufeni, masinqine nabo.

7 * Siprian, Athanas', Augustin, batwel' umnqamlezo,
Monika, no-Perpetuwa, Felisitas, nonke :
Nonke nina bazi-Ngcwele, nibonga i-Nkosi,
Kúmbulani i-Afrika ngomtandazo wenu. Amen.

INGOMA YESIBINI—E.H. 15.

## 356

[A.M. 437.] Ingoma—A.M. 437[1].

1 NGENXA ya-Bangcwele bonke abapúml' emizameni,
Bon' abate emhlabeni bakuvúma beŕotile,
Malibongw' i-Gama lako, Nkosi, kwá ngonapakade ;
Aliluya.

2 Kuwe bafuman' inqaba, kuwe báputum' amandla ;
Nguwe, Nkos', umfunzi wabo, ubafunzél' edabini ;
Nokányis' ebumnyameni, betotóba betembile ;
Aliluya.

3 Azi ngoku ngokunjalo abapúmi-mkosi bako
Baziqinis' ekulweni, befuz' ábo bakudala,
Ize bona kunye nabo basitwéswe isitsaba ;
Aliluya.

* Ezi-vesi zingayekwa.



4 Hai ubuhle bomanyano 'simanyéne ngalo nabo !
Apa sisaxomoloza—baselúzukweni bona :
Kodwa kuwe simkosi mnye, singabáko tina nabo ;
Aliluya.

5 Kuze kuti, xa kunzima, kubanjénwe edabini,
Ivakal' intsholo yabo, beyisíle, bekubonga ;
Isikálipise tina, sibinqísw' amandl' okunye ;
Aliluya.

6 Kanti litambam' ilanga, yobehlé ibet' impepó,
Amaŕot', enyamekile, aluzúz' upumlo lwawo ;
Kuzolile, he ! kumnandi, kon' apó e-Paradesi ;
Aliluya.

7 Yabonani ! sekubomvu ngowoná mhla unozuko,
X' a-Bangcwele, bevukile ngezimhlópe, ngoloyiso,
Bopéleka u-Kumkani enatúz' indlela yake ;
Aliluya.

8 Encameni zalomhlaba, emidéni yezilwandle,
Iyavel' ingqungqutela, umkos' óngapéle-ndawo :
Baŕozile esangweni lakomkúlu, betsholoza ;
Aliluya.

## 357

[A.M. 427.] 8787.77. Ingoma yokuqala—S.S. 352.
Wer sind die vor Gottes Throne.

*Ngokuti-tyatyásini.*

1 NGOBANINA bonke aba
Bemi pambi ko-Tixo,
Benxibile izitsaba,
Bengumkosi omkulu ?
Aliluya ! kánive,
Bayabonga u-Tixo.

2 Ngobanina bonke aba
Bekazimla ngemhlope,
Bezambéte izivato
Ezingcwel' ezimhlope,
Bemsulwa koko-mhlaba,
Bavela pina aba ?

3 Nga-Bangcwele baka-
Yesu,
Ababemlulamela;
Bebemkonza yonk' imihla,
Nokona bakudela;
Boyisil' ekulweni,
Bayapuml' e-Zulwini.

4 Babelingwa ngobunzima,
Bev' usiz' entliz'yweni,
Noko lonk' itemba labo
Balibek' e-Nkosini;
Ngoku baseluxo-
lweni,
Bonwabil' e-Zulwini

5 Zizicaka zake ezi,
Ezamkonz' emhlabeni,
Kwa ngomzimba nompe-
fumlo,
Ebusuku, emini;
Ngoku sebese-
Zulwini,
Banoyolo e-Nkosini.

INGOMA YESIBINI—S.S. 350.

EZINYE INGOMA—452, 4, *App.*

## 358

888888. Ingoma—A.M.N. 446.

*Ngokungakàulezisi.*

1 PULAPULAN' elolizwi
Lipumayo e-Zulwini,
Liti, "Hai uyolo lwabo
Abafele e-Nkosini;
Kuba bona sebepumle
Kuzo inxwaleko zabo."

2 Bano-Krist' eluxolweni,
Ongu-Msindisi wotando;
Bona basekonwabeni,
Bambon' ubuso ngobuso
Lowo wabahlaulelayo,
U-Yes' u-Nyana ka-Tixo.

3 Basikelelwe ngenene
Abafele kulonkolo;
Kuba bona sebeyazi
Lomfihlakalo inkulu,
Isisitéleyo tina
Baselapa emhlabeni.

4 Yesu, Nyana ka-Mariya.
Malūsi olungileyo,
Wena owasifelayo
Tshawe le-Zulu; ngamana
Uti ngexa lokubūbā
Usibize size kuwe. Amen.

ENYE INGOMA—371.



## 359

I-BISHOP ELINQINA

(*Office Hymn.*)

[E.H. 189.] 6666.6666. Ingoma—D.M.H.B. 107.

Jesu, Redemptor omnium.

1 PULAPULA, Yesu, M-kúluli wetu;
Yiza ube nati, Wen' osi-Sitsaba
Eyakusitwesw' i-Bishop yak*w*' engcwele,
Wamkel' indumiso nezikúngo zetu.

2 Yona ngalemini yangen' enywébeni,
Inqinele futi eli-Gama lako:
Tina iminyaka ngeminyaka, Yesu,
Senza imigcobo yokuyivuyela.

3 Amamenemene alomhlaba umbi
Yawalahla onke, iwacekisile:
Ngoku nje, ke ngoko, iseluzukweni
Kunye ne-Ngelosi, ngokungapéliyo.

4 Yenza nati ngoku, Tixo Sozibele,
Silandele njalo kwelokondo layo,
Zit' izono zetu, isitandazela,
Ngemfesane yako, zixolelwe kanye.

5 Sinikela kuwe, Kristu, Nkosi yetu,
Ngokufaneleyo, indumiso yonke
Kunye nombulelo; siti ngokunjalo
Simdumis' u-Yise, kwa no-Moy' Ongcwele.

## 360

[A.M. 623.] 8686. Ingoma—A.M. 623.

1 SIPE amapik' okólo
Sirob' ekúselweni
Imivuyo ya-Bangcwele,
Nobuqaqawuli.

2 Babelila apa nabo,
Bamanzi zinyembezi;
Benza imigu njengati,
Besilwa nesono.

3 Azi boyisa nganina?
Púlapúla, bati,
" Soyiselwa yiy' i-Mvana
Eyasifelayo."

4 Balandel' ikondo layo,
Bomelezwa yiyo,
Balandel' u-Tix' ongu-mntu,
Bafik' ekupumleni.

5 Masibonge sizukise
I-Nkokeli yetu;
Nants' indlela isalatwa
'Lifu lamanqina.

ENYE INGOMA—388.

## 361

ABA-POSTILE

[A.M. 431.] 5555.6565. Ingoma—A.M. 431.
Supreme, quales, Arbiter.

*Makungatsalwa.*

1 TIXO, Mongami,
Mgwebi womhlaba,
Ozinyulela
Okudelwayo;
" Izitya zomdongwe,"
Nent' ezingento,
Uzipátisile
Indyebo yako.

2 Zon' ezozitya
Ziyonakala,
Ngelako izwi
Zibuye zife;
Liqaqambe lona
I-Lizwi lako,
Njengawo umbane
Uqaqambile.

3 Zinjengamafu
Indlela zazo,
Zifez' intando
Yako enkulu;
Zipiwa umoya
Wokomelela,
Zilihlokomise
Elo-Zwi lako.

4 Iyavakala
Lontlokom' abo,
Ixel' u-Kristu
I-Nkosi yedwa;
Agubé no-Satan,
Acitwe mpela,
Lelo-Zwi lamandla
Livakalayo.

5 Lontlokoma ke
Mayihanjiswe,
Isivuse, Nkos*i*,
Ebutongweni
Besono nokufa
'Silele bona;
Sikányiselelwe
Nakobu'mnyama.



6 Mauzukiswe,
Tixo MTriniti,
Imbéko kuwe
Unapakade,
Osivelisele
Ukányiselo,
Wabonakalisa
Uzuko lwako. Amen.

## 362

8686. Ingoma—OXF H.B. 62.

1 ULULIBO Wena, Yesu,
Lwabalel' ukufa,
Uli-Tshawe Wena, Yesu,
Labapilileyo.

2 Wasitanda tina sonke,
Wasihlamba Wena
Ngelo-Gazi elingcwele,
Kwezizono zetu.

3 Wasipakamisa tina
Kobupantsi betu,
Wasinika ubutshawe
Nobubingeleli.

4 Uyakuza ngaw' amafu
Ngalomini yako,
Onk' amehlo okubona
Ekuzeni kwako.

5 Abo bebe yimpi kuwe
Bokujonga nabo
Abomhlab' abemi nabo,
Bâkulila ngawe.

6 Makubek' uzuko kuwe
Wen' usenyangweni;
Siyakuzukisa nati,
Tina ntwana zako.

ENYE INGOMA—15.

## 363

[A.M. 439.] Ingoma yokuqala—A.M. 439[1].
8686.8686.

1 U-NYANA ka-Tix' Omkulu
Uhlaba umkosi;
Ngobanina balomhlaba
Abamlandelayo?
Lowo unga angasela
Indebe yosizi,
Etwel' i-kruse ngolulamo,
Yen' angamlandela.

2 Kuqala lo wambonayo
Ngamehlo okólo,
U-Msindis' ese-Zulwini,
Watembela kuye;
Elandel' i-Nkosi yake,
Wabatandazela
Abobabulali bake;
Yen' angamlandela.

3 Libandl' elinyuliweyo,
Lizelwe ngu-Moya,
Amadoda afotayo,
Akudel' ukufa;
Agityiselwa ngamatye,
Ahlekwa, abetwa,
Abandezelwa lilizwe,
Lingabafanele.

4 Umkosi odumileyo
Ohlal' ubong' i-Nkosi,
Owambéte ezimhlope
Ezikazimlayo;
Amadoda namakwenkwe,
Intombi nabafazi,
Basinga emazulwini—
Masibalandele. Amen.

INGOMA YESIBINI—E.H. 15.

## 364

[A.M. 429.] 7676. Ingoma—A.M. 429.

Cælestis O Jerusalem.

1 YERUSALEME, Kàya,
Elonapakade,
Basikelelwe abo
Bapakati kuwe.

2 Wakiwe nge-golide,
Wena mzi we-Ngcwele;
Zimemelela kuwe,
Bótwe lo-Kumkani.

3 Kulap' akón' u-Tixo,
Evet' isitsaba;
I-Mvana ilu-Kànyo
'Lungaze lupéle.

4 Akusondeli luto
Olungadubayo
Umbongo nendumiso
Zemihla ngemihla.

5 Lisikokel' itemba,
Lisitsalel' apo;
Soxolel' ukwapúka,
'Ze sonwabe kuwe.

6 Ku-Krist' okànyisela
Ibandla lipéla,
Ku-Yise naku-Moya,
Kuqubud' indalo.

## 365

[A.M. 436.] Ingoma yokuqala—A.M. 436².

8787.8787.

*Ngokuzekelela.*

1 YIVAN' izwi la-
Bangcwele
Becul' emazulwini,
Aliluya! aliluya!
Aliluy' e-Nkosini!
Izihlwele, ezigqita
Ngobuninz' inkwe-
nkwezi,
Zinengubo ezimhlope,
Ziti zimemelele



2 Aba-Profit' abakulu
Na-Bangcwel' abadala,
U-Kumkani, um-Postile,
I-Nqina, nom-Vangeli
Abafazi abangcwele,
Nentombi ezimsulwa;
Babo kóna bonke aba
Beyidumis' i-Nkosi.

3 Bavel' embandezelweni,
Bahlamb' ingubo zabo
E-Gazini lika-Yesu,
Bafuman' ukulingwa;
Bev' ubunzima nokufa,
Babulawa lifele,
Bamoyisa u-Satana
Ngamandl' e-Nkos'
u-Kristu.

4 Betemba i-kruse yako,
Boyisa, belandela
Wena, Nkosi yosindiso,
Kumkani no-Msindisi;
Bev' ubunzima ngovuyo,
Bafa nawe ngovuyo,
Nangobuhlungu bokufa
Bazalwa bangcwaliswa.

5 Kaloku bangokumkani,
Kaloku batyebile,
Basela njengakumlambo
Uyolo olungcwele;
Banotando, banoxolo
Olufezekileyo,
Embonweni oyingcwele
Wo-MTriniti Omkulu.

6 Tix' owazalwa ngu-Tixo,
Kukànya ko-Kukànya,
Bonk' a-Bangcwele
bahlala
Benaw' unapakade;
Sigalele tina, Tixo,
Ngenzaliseko yako,
Sihlale sikudumisa,
Yise, Nyana, no-Moya.
Amen.

INGOMA YESIBINI—OXF. H.B. 148².

## 366

## UM-TENDELEKO ONGCWELE

[A.M. 316.] Ingoma yokuqala—E.H. 301.

8787.8787.

1 ALILUYA! nguwe, Yesu,
Oli-Tshawe, oyi-
Nkosi;
Aliluya! Wena wedwa
Woyisile u-Satan:
Amaculo e-Tsiyone
Avakala ngokuti,
" Usitenge ezizweni,
Yesu, nge-Gazi lako."

2 Aliluya ! asizizo
Inkedama zobala,
Aliluya ! ukufupi ;
Siyakólwa ngenene :
Nok' usitwe lelolifu
Elikunyusileyo,
Wati noko, " Ndisenani
Ud' upéle umhlaba."

3 Aliluya ! nguwe, Yesu,
I-Sonka se-Ngelosi,
Aliluya ! emhlabeni
Uyinqaba yaboni :
M-kúlul' otand' aboni,
Z'unditetelele nam,
Ap' isono singekóyo,
Ingapéli nengoma.

4 Aliluya ! Simakade,
Osihlalo li-Zulu !
Aliluya ! Nyana womntu,
Ositulo ngumhlaba !
Ungenile e-Zulwini,
MPriste wetu omkulu ;
Ungum-Priste, uli-Dini,
Wena ap' esidlweni.

5 Aliluya ! nguwe, Yesu,
Oli-Tshawe, oyi-Nkos*i*,
Aliluya ! Wena wedwa
Woyisile u-Satan :
Amaculo e-Tsiyone
Avakala ngokuti,
" Usitenge ezizweni,
Yesu, nge-Gazi lako."

INGOMA YESIBINI—*eyalo.*

ENYE INGOMA—460².

## 367

8888. Ingoma—*Canonbury.*

1 AMAXWANE abingwayo
Ngama-Yuda akudala
Akabanga nalusizo
Kwizizw' ezingakwazanga.

2 Kodwa Wena Kristu, Xwáne
Elabingelelw' aboni,
Uli-Dini lenyaniso,
Ne-Gazi elihlambayo.

3 I-Gaz' elampompozayo
Ecaleni lako, Yesu,
Lapálazelwa intlanga
Ezingakwazanga, Yesu,



4 Luze ngokubingwa kwako
Olusindiso lwezizwe ;
Nyana ka-Tixo wozuko,
Ndla-lifa yamapakade.

5 'Kuze, zisel' elo-Gazi,
Kube kukupila kwazo ;
'Kuze, zidle nalom-Zimba,
Kube kukonwaba kwazo. Amen.

## 368

[A.M. 323.] 8686. Ingoma—A.M. 323.

*Ngamazwi atobekileyo.*

1 ANDIFANELEKILE, Nkos*i*,
'Kuhanjelwa nguwe ;
Teta izwi lodwa lako
Ndokúlulwa lilo.

2 Andifanele ; uzé nje
Nalompefumlo wam ;
Ukungena woti-nina ?
Teta, ndopila, Nkos*i*.

3 Andifanele ; kodwa, Nkos*i*,
Ukwala ndoti-ni ?
Nguwe owandifelayo,
Ndahlaulelwa nguwe.

4 Yiza, kwa ngalo elixa
Ndipé kokwe-Zulu ;
Uzalis' intliziyo yam
Ngotando namandla.
Amen.

ENYE INGOMA—236.

## 369

[A.M. 322.] Ingoma yokuqala—A.M. 322.

10.10.10.10.10.10.

*Ngamazwi atobekileyo.*

1 BAWO, ngokwazelela utando
Olwasitengay' emnqamlezweni,
Sino-Mcamagusheli wetu nje,
Sinikela lona elo-Dini,
Lilelifezekileyo kuwe,
Lenene, nelingonakaliyo.

2 Londele ke, Bawo, elo-Dini,
Tina singabafunyenwe ngalo ;
Ungajongi okukona kwetu,
Nokutyafa kowet' umtandazo ;
Yabona ! pambi kwako simisa
Intlungu zo-Nyana wako, i-Nkosi.

3 Nangabo betu abazintanda,
Siza ngobobukò beyisayo ;
Basingatė kulonceba yako,
Isikelelwe lomipefumlo ;
Bangabi nabala nasisihla,
Batwes' amandla, babe nomonde.

4 Siza njalo ; nawe sisondeze,
Msindisi osenokusitanda ;
Size ke ngokukudla kwe-Zulu
Sinqandwe kubo bonke ububi ;
Sime kweyako inkonzo yodwa,
'Ze singaze sahlukane nawe. Amen.

INGOMA YESIBINI—OXF. H.B. 137[1].

## 370

[A.M. 321.] Ingoma yokuqala—A.M. 321.
7676.7676.

1 BAWO wase-Zulwini,
Z'usive ngotando,
Babala ngokwe-Zulu
Olusapo lwako :
Ize, sitandene nje,
Sihlambulukile,
Sibe nokukunika
Lombulelo wetu.

2 Yiba ngu-Mncedi, Yesu,
Ne-Nkokeli yetu ;
Inguwe nje i-Ndlela,
Sosondela ngawe :
Utė, Wen' oyi-Nene,
Woxàs' ekulweni—
Wena, Kutya komhambi,
Wena ongu-Sobom.

3 Sikangele ke nawe,
Moya odlis' ubom ;
Hlaziy' ufefe kuti,
Cita nobumnyama :
'Ze, siyitululelwe
Intsikelel' ako,
Siwamkele ngovuyo
Lom-Zimba we-Nkosi.



4 Wen' Ommilo zintatu
Zingu-Tixo omnye,
Sitemba Wena wedwa
Nanku sisondele :
Sibutataka kanye,
Singafanele nje,
Sakuxolelwa nguwe
Asoyiki noko.

* INGOMA YESIBINI—S.S. 327B.

## 371

[A.M. 556.] 888888. Ingoma—A.M.N. 371.

*Ngamazwi atotyiweyo.*

1 DINI letu, sibabale,
Sakutyil' ukufa kwako ;
Unikelwe njengemvana
Kwaba kany' emhla-ben'apa,
Wahlaulel' uluntu lonke,
Umi ngoku e-Zulwini.

2 Umi nje kweyona ngcwele
Ungofel' aboni bonke ;
Liyatet' i-Gazi lako,
Lizitetelel' indwayi :
Yintlaulelo elo-Gazi,
Lisasaza usindiso.

3 Lisabekw' idini lako,
Lisenyuk' ivumba lalo :
Liqùmisa macal' onke,
Lip' uyolo kwa nobomi ;
Liza kwezintendelezo,
Zingcwaliswa kanye lilo.

4 Singenyukel' e-Zulwini
Ukuhlisa u-Msindisi :
Selunikwe kubo bonke
Abasity' isidlo sako :
Sityilele ke ngokwako,
Siv' ubukò bako apa.
Amen.

## 372

*Ngexa lokwamkela um-Tendeleko.*

[A.M. 559.] 10.10. Ingoma—A.M. 313[2].

*Ngamazwi atotyiweyo.*

1 KRISTU, Tixo wetu, yiba nati,
Mhlob' ongabonwayo, yiba nati.

2 Nika abo badliswayo nguwe
Ukulunanza utando lwako.

* *Naexa lenkonzo yom-Tendeleko.*

3 Abantliziyo ziyindlu yako,
Batwal' iziqámo zobabalo.

4 Okwenziwa siti makwandise
Ukòl' esamkela Wena ngalo.

5 Sikânyisele 'ze sikubone
Wena ngalemiqondiso yako ;

6 'Ze ngentlalo yetu bazi bonke
Okokuba ubulapa nati.

7 Sipé uxolo lwako, 'ze ngalo
Bubonwe ubomi bako kuti.

8 Ukuhlala kwetu sisoyika,
Ngokwazi ukuba ukufupi.

9 Ukuz' ube ngumvuzo nekâka
Letu maxa onke, Tixo wetu. Amen.

## 373

[A.M. 315.] 8686. Ingoma—A.M. 315.

1 KWABA kanye kwakupéla
Wasincamel' ubom :
Siyatob' emnqamlezweni,
Sit', unosindiso.

2 Siti, " Waba mny' umnikelo
Ofezekileyo " :
Ubonis' imihla yonke
Angez' akupinde.

3 Bona ababingeleli
Bomlibo ka-Aron
Bati-tshize engcweleni
Ngegazi ledini :

4 Ngokunjal' um-Priste wetu,
Osenzel' uxolo,
Umel' abatengileyo
Esemnqamlezweni.

5 Buyatetelel' u-Buntu
Bake ap' akòna,
E-Zulwini, e-Troneni
Yangonapakade :

6 Nalapo ati ngesenzo
Esiyimfihlelo
Abunike obo-Buntu
Kwabo bangabake.



7 Sibonis' ukufa kwako
'De ubuye, Nkosi ;
Sine-Sibingelo tina
Kwesi-Sidlo sako.

8 Lonk' uzuko kuy' u-Yise,
Lonke kuy' u-Nyana,
Lonk' uzuko kuwe, Moya,
Kus' epakadeni.
Amen.

## 374

[A.M. 322.] 886.886. Ingoma—C.H.O. 206.

1 SIKO, Bawo, simkûmbule
Lowo wafelay' emtini,
Ekò naye, Bawo,
Oli-Dini letu linye,
Elingcwele, lisoyisa ;
Size naye, Bawo.

2 Mbéke, Bawo, ngeso lako,
Ungabéki tina boni ;
Asizonto tina ;
Hai izono zetu zona !
Izwi letu lokulila,
Siti, wafa Yena.

3 Nabo abatandwa siti,
Sibatandazela nabo,
Basondeze kuwe ;
Hlati labo, bakúsele,
Bapilis' imipefumlo
Abahlobo betu.

4 Sikò : siti, Z'usamkele,
Wena wasihlangulayo
Kade ekufeni ;
Siyabusa kuwe apa,
Masingaké sikushiye,
Wena Kutya kwetu.

ENYE INGOMA—108[1].

## 375

[E.H. 320.] 8888. Ingoma—A.M. 317.

*Ngokuzekelela.*

1 SILUNGIL' isidlo, Tixo,
I-Ndeb' ipúpúm' u-Tando
Bazis' abantwana kuyo,
Ubavis' incasa yako.

2 Hai isidlo sika-Yesu !
Som-Zimba ne-Gazi lake !
Hai inywéba yowamkele
Elo-Gazi nalom-Zimba !

3 Masibekw' isidlo sako,
Sihanjelwe ngabaninzi :
Isindisw' imipefumlo,
Eyamkel' imiqondiso.
Amen.

## 376

*Emva kom-Tandazo woku-Nycwalisa.*

[A.M. 312.] 10.10.10.10. Ingoma—*eyale.*

Adoro Te devote, latens Deitas.

*Ngamazwi atobekileyo.*

1 SIYAKUZUKISA Wena, Msindis*i*,
Okóyo kuyo le-Sakramente ;
Akukó nt' imayo pambi kwako,
Ke apa sinqul' ubukó bako.

2 Sikúmbuzo se-Nkos' eyafayo,
Mniki-Sonka sempil' ebantwini ;
Yidlis' eyetu imipefumlo,
Wen' ube yindyebo yetu, Kristu.

3 Yesu Nkosi, Tixo Sokulunga,
Sihlambe tina nge-Gazi lako ;
Yandis' ukólo notando lwetu,
'Ze saz' itemba noxolo lwako.

4 Wena Kristu, sikubona pantsi
Kwesigqubutelo okwangoku,
Ngamana esikunxanelweyo
Sibehle sibe nokukuzuza—

5 Ukububona u-Buso bako,
Nobobuqaqauli bako bona,
Sikondele ungagqubutele ;
Sidlelane ngobabalo lwako.

ENYE INGOMA—162.

## 377

[A.M. 311.] 8888. Ingoma—A.M. 4.

Verbum supernum prodiens.

1 U-LIZW' ovel' e-Zulwini—
Esahleli ke ku-Yise—
Akufez' ap' umsebenzi,
Wasondela ekufeni.



2 Wati, xa ezakungcatshwa
Kwintshab' ezamnxàmelayo,
Wazenz' i-Sonka se-Zulu,
Wazinikel' abafundi.

3 Wabanika kokubini—
Won' um-Zimba kwa ne-Gazi ;
Eku-Kutya komnt*w*' epéla,
Ngokwentando yal' u-Tando.

4 Ngokuzalwa unguwabo ;
Uku-Kutya esidlweni ;
Wabafel' engu-Mkùluli ;
Elaula nje, ungum-Vuzo.

ISIQENDU SESIBINI

(*Ngexa lokwamkela.*)

INGOMA—S.S. (1904) 200 B.

*Ngamazwi atobekileyo.*

1 O YES' ubingelwe tina.
Usivulela i-Zulu :
Izimpi zisinxàmele,
Sisize usomeleze.

2 Wena, Tixo Mnye, MTriniti,
Hlal' uhleli udunyiswa ;
Senze sambàt' ukungafi
Sikwelokáya linawe.

## 378

6666. Ingoma—A.M. 564.

1 UMTOMBO wobomi
Ngu-Kristu i-Nkosi ;
U-Kutya kobomi
Ngu-Yes' u-Msindisi.

2 I-Sonka sobomi
Ngu-Kristu i-Nkosi ;
Amanzi obomi
Ngu-Yes' u-Msindisi.

3 I-Liwa lobomi
Ngu-Kristu i-Nkosi;
I-Lizwi lobomi
Ngu-Yes' u-Msindisi.

4 Yi-Nqaba yaboni,
Li-Kâya laboni,
Ku-Kutya kwaboni,
U-Yes' u-Msindisi.

5 Lu-Pumlo lwaboni,
Nga-Mandla aboni,
Yi-Ntsika yaboni,
Yokubambelela.

6 Gitshimani, boni,
Nang' amandla enu,
Kodwa zenilumke
Ningasel' ugwebo.

7 Yityani ke, boni,
I-Sonka sobomi;
Selani ke, boni,
Amanzi obomi.

8 Uzuko ku-Yise,
Owasitumela
I-Sonka sobomi,
Namanzi obomi.

9 Uzuko ku-Nyana
Owasifelayo;
No-Moya Ongcwele
Osingcwalisayo.

ENYE INGOMA—158.

## 379

8787. Ingoma—A.M. 520.

1 UYI-NDLELA yenyaniso,
Nyana lo ka-Tixo wam;
Ndimi ngawe onk' amaxa,
Wena unobomi bam.

2 Uti ngobubele bako,
" Sondelani nonke kum;
Ndonivis' olwam uxolo,
Ndonivis' ufefe lwam.

3 " Kâulezani, nab' ubomi
Eniyakubudla ngam;
Nas' i-Sonka, ese-Zulu;
Sondelani, nitye nam.

4 " Ndisi-Sonka sokupila,
Ndingamanzi abubom;
Ningasela nitye nonke,
Nize e-Zulwini kum."



5 Nkosi, ndomeleze mina,
Ndize ndidl' ubomi nam,
Ndibe nokukudumisa
Ngayo intliziyo yam. Amen.

EZINYE INGOMA—71, 175, 302². 5. *App.*

## 380

8686. Ingoma—A.M. 41.

1 WASIZEK' isonka, Yesu,
Wati, usapûle:
" Tabatani, nidle nonke,
Singum-Zimba wami."

2 Wayizek' indebe, Yesu,
Wati, ubulele:
" Ngumnqopiso omtsha yona,
Ili-Gazi lami."

3 Sitabat' isonka, Yesu,
Sikangele kuwe;
Sitabata sidle sona,
Sikûmbule Wena.

4 Siyazek' indebe, Yesu,
Sitembele kuwe;
Siyasela kuyo sonke,
Sikûmbule Wena.

## 381

[A.M. 318.] Ingoma yokuqala—A.M. 318.

777777.

1 WENA Sonka se-Zulu,
Esikukudla kwetu,
Yityis' imipefumlo
Yetu ngay' inqu yako:
Ixâsw' imihla yonke
Ngobomi bowafayo.

2 Veyin' eli-Gazi lako,
Le-Ndeb' eyeye-Dini,
Nkosi, masipiliswe
Ngowako umnqamlezo;
Yesu, masimilele,
Sakêlwe, sibe kuwe.

INGOMA YESIBINI—A.M. 7

## 382

*Emva kwe-Ntsikelelo.*

6666. Ingoma—S.M.T.B. 26.

1 WENA Yes' ukóyo
Kule-Sakramente
Yako eyingcwele,
Nceda usilwele.

2 Tina sipahliwe
Zezontshaba zetu
Ezizezomoya :
Singati-n' ukuma ?

3 Siyacel' amandla
Okucàsa zona
Singayeki ; nawe
Londoloza tina.

4 Ungavumi, Yesu,
Ukuba soyiswe ;
Xa unati Wena
Asoyiki luto.

5 Yenza, siguqil' e-
Tafileni yako,
Somelezwe kanye
Ngokokutya kwako

6 Ize, sipumela
Kwakòn' edabini,
Sizicite zonke
Ezontshaba zetu.

7 Side, ngenyameko
Kus' ekupéleni,
Samkelelwe nguwe
Kwikomkulu lako. Amen.

EZINYE INGOMA—239, 299.

## 383

[TR.] 8686. Ingoma—A.M. 248.

1 YESU, imfihlelo yako
Izalisekile
Ngeletu lona icala,
Ngesikwenzileyo.

2 Siyibonil' inkumbuzo
Yokokufa kwako,
Sawubon' umfuziselo
Wokuvuka kwako.

3 Sizalisiwe bu-Bomi
Bako bapakade :
Sibuvile ubuyolo
Bokubakó kwako.

4 Ukwenzela Wen' idini
Asikufanele,
Noko ke lamkele eli
Silizisileyo.

5 Asitandazeli zona
'Ziqu zetu zodwa,
Sitandazela nabanye,
Nezonzima zabo.

6 Sikuzisel' inxwaleko
Zezigusha zako ;
Nemigulo yababanjwa,
Nabatinjiweyo.



7 Sikuzisele intsizi
Zenkedama, Yesu ;
Kwanentswelo zamahlwe-
mpu
Ezaziwa nguwe.

8 Sikuzisel' ubulwelwe
Babakúlileyo ;
Nceda abahlolokazi,
Kúsela ulutsha.

9 Bavelele ubasize
Abafun' uncedo,
Wena, Mtwali wenxwa-
leko
Zalo ihlabati.

10 Udumiso kuy' u-Yise,
Nakuye u-Nyana,
Naku-Moya Oyingcwele,
Ngamaxesha onke.
Amen.

ENYE INGOMA—221.

## 384

*Emva kwe-Ntsikelelo.*

[A.M.N. 271.] 6565. Ingoma—A.M. 324.

1 YESU M-Sindisi,
Tixo Somandla,
Wena upakati
Kut' elixesha.

2 Indalo ipéla,
Lonke izulu,
Azikulingene
Nobak' ubukos*i*.

3 Kanti kwintliziyo,
Nezabantwana,
Uyangen' uhlale,
Ungacekisi.

4 Soti-nina, Nkosi,
Ngezi izipó
Zovuyo lwe-Zulu
Ukubulela ?

5 Masoyike Wena,
Sipé notando,
Nangakumbi, Nkosi,
Inzondelelo.

6 Yesu M-Sindisi,
Ngoku ukuti ;
Yenza sipúpúme
Ukulunga, Nkos*i*.
Amen.

ENYE INGOMA—403[1].

## 385

*Ngexesha lokwamkela.*

[A.M. 313.] 10.10. Ingoma—A.M. 313[1].
Sancti, venite, Corpus Christi sumite.

*Ngamazwi atotyiweyo.*

1 YIZANI, namkel' um-Zimba we-Nkos*i*,
Ne-Gaz' enilipalazelweyo.

2 Lidin' elizalisekileyo ;
Someleziwe, siyabulela.

3 U-Krist' u-Nyana ka-Tixo wetu,
Ngokufa kwake, wanokoyisa.

4 Ungumnikel' ofezekileyo,
Ne-Mvana engcwele ye-Pasika.

5 Amadini abebingelelwa,
Ashumayela ukufa kwe-Nkos*i*.

6 Oyintlaulelo eyaneleyo
Ngu-Kristu, oyi-Pasika yetu.

7 Nina balambel' ubulungisa,
Yityani ukutya kokulunga.

8 Nas' i-Sonka esisipiweyo,
Singum-Zimba ongcwele ka-Kristu.

9 Ne-Wayin emiselweyo yi-Nkosi,
Ili-Gazi layo elingcwele.

10 I-Nkos' ikó edinini letu,
Kwa njengokwesitembiso sayo.

ENYE INGOMA—372.



## 386

*Emva kom-Tandazo woku-Ngcwalisa.*

[E.H. 308.] 10.9.10.8. Ingoma—S.S. 186.

*Ngamazwi atobekileyo.*

1 YONDELE, Bawo, lentsapo yako,
'Xóba loyis' emnqamlezweni :
Lwang' olotando lungasisiza,
Locamagushel' engcwelen*i*.

2 Nang' u-Mnikelo ! z'uwamkelele
Ozintsizana nozindwayi :
Qinis' omiyo, nqand' oṙeqayo,
Singatȧ nofel' e-Nkosin*i*.

3 [Hlal' uzukiswa enyangwen' apo
Nasemhlabeni, zinto zonke :
Mdali, Msindisi, nawe Mngcwalisi,
Tixo onat' esidlweni.]

## 387

### U-BAPTIZO OLUNGCWELE

[A.M. 325.] 10.6.10.6.8.8.4. Ingoma—A.M. 325.
O Vaterherz, das Erd' und Himmel schuf.

1 BAWO, odale konke ngótando,
Kangel' olusana
Olungen' endleleni yóbomi,
Ngokubizwa nguwe ;
Bek' owak' umfanekiso
Pezu kompefumlo walo ;
Sive, Bawo !

2 Nyana ka-Tix' owasifélayo,
Simzisile kuwe,
Malūsi olungileyo, mtábate
Ahlal' engowako ;

Mkúsele emizameni,
Umbonis' indlel' obomi,
Tixo Nyana !

3 Moya owafukamel' ámaza,
Ngena kulomntwana,
Umdlis' ubom, uhlamb' umoyá wake
Ngamanzi angcwele ;
Yena abe ngumzi wako,
Umntwana ongoka-Tixo,
Moy' Ongcwele !

4 Kwenzekile okuyaléleyo,
Tixo M-Triniti ;
Langa labalapa napézulu,
Mkânyisel' umntwana,
Elukólwen', etembeni,
Elutandweni, novuyo,
M-Triniti ! Amen.

## 388

[A.M. 328.] 8686. Ingoma—A.M. 328.

1 NAL' upawu luka-Kristu,
Lukwenz' umntu wake ;
Ubâliwe ngomnqamlezo,
Afa kuwo ngawe.

2 Watwal' umti wokudelwa,
Selebongwa ngawo ;
Ungahlehli wakudelwa
Nawe ngenxa yake.

3 Maungoyiki utshaba,
Olu luka-Kristu ;
Yilwa apo alwa kóna,
Utwesw' indwe yake.

4 Indlela ayihambayo,
Hamba ngayo nawe ;
Ungadinwa bubunzima,
Ud' upumle kuye.

5 Selupiwe umnqamlezo,
Uwupâte ngoku ;
Unga ungad' upâtiswe
Nguye ubukosi.
Amen.

*Eliculo linokuvunywa naxa umntwana amkelwayo e-Kerikeni, obete wabâptizwa ekâya.*



## 389

8686. Ingoma—E.H. $30^2$.

1 NGO-BAPTIZO olungcwele
Senziw' amalungu
Omzimba we-Nkos', i-Kerike ;
Simanyene nayo.

2 Ngenene, sinto nye naye
Oyintloko Yena,
Osipilis' esixâsa
Ngobake ubomi.

3 Ngokumiliselwa kuye
Hai ukupakama
Kwentlal' esiyinikwayo—
Yeyase-Zulwini !

4 Sibaninzi simzimba mnye
Ngalo-Moya umnye,
Obabalay' amalungu
Ngokwahlulelana.

5 Akwab' amalungu ako
Avan' onke, Nkosi ;
Ibe ntle le-Ngubo yako,
Ingenasiroba.

6 Yihla, uze, Moy' Ongcwele,
Usibumbe sonke,
Sibe ngumzimb' omnye kanye
Way' i-Nkosi inye. Amen.

ENYE INGOMA—251.

## 390

[A.M. 561.] 8686. Ingoma—A.M. 561.

1 SINENGCWABA e-Nkosini,
Sincwâtyiwe nayo :
Kungekón' emqolombeni
Wase-Kalavari.

2 Siyahlanjwa ecibini,
Elo-Bâpatizo,
Lisingenis' ebomini,
Kobu buka-Kristu.

3 Sinenywéba sakugqiba
Obubomi betu :
Sino-Kristu elitemba,
Engamandla etu.

4 Nkosi, yenza ngobubele,
Usipé uxolo :
Kuze ngomhla wokupéla
Sibe nobuyolo. Amen.

ENYE INGOMA—15.

## 391

7777. Ingoma—S.S. 84 C.

1 TINA mhlambi ka-Kristu
Sinqul' i-Nkosi yetu,
Sikonze u-Kumkani,
Simlwele yedwa sonke.

2 Sikonza sizitoba,
Sinyaniseke kuye :
Simenzel' umsebenzi,
Simpálazel' ubomi.

3 Tina singabafundi,
Njengokub' u-Mateyu
Washiya konk' okwake,
Walandel' olobizo.

4 Silw' u-Satan nomhlaba
Nenyama, ngobugoŕa,
Pantsi kwalo ulaulo
Lobukumkani bake.

5 Abantu baka-Kristu,
Abanomxáka wake,
Bayakumlwela futi,
Ngokutembeka mpela.

ENYE INGOMA—29.

## 392

UKUBAPTIZWA KOMNTU OMKULU

[A.M. 563.] 7676.7776. Ingoma—*Uncedo.*

1 YISE, Nyana, no-Moya,
Mawuhle ngamandla,
Ubekó nabe-Zulu
Kule-Sakramente :
Bona lomntwana wako,
Umhlamb' ezonweni,
Ut' umzale ngokutsha,
Adl' ifa le-Zulu.

2 Ufefe lwa'pakati
Luze nomqondiso
Kuw' umpefumlo wake ;
Mkányisele, Bawo,
Alaz' i-Gama lako ;
Mnik' amandla, Yesu ;
Umgcine, Moy' Ongcwele,
Ngamaxesha onke.
Amen.

ENYE INGOMA—206.



## 393

AWABANTWANA

8686. Ingoma—A.M. 536.

1 AKUKO koyika apo
Ku-Baw' e-Zulwini :
Akukó naliny' ixála
Ap' ahleli kóna.

2 Akukó sono kón' apo
Komkulu, kwa-Tixo :
Nako ukuncól' akukó
Kwelo le-Ngelosi.

3 Akukó nany' inxwaleko
Pezulu, ekáya :
Akukó bunzima bani
Kwelo linopumlo.

4 Ukuswela nentutumbo,
Intsizi nenzingo,
Ingxabano nemisindo—
Zivalelwe kóna.

5 Azi soyiva ninina
Lontlal' ibuyolo ?
Azi sowubona nini
Lowomzi ka-Bawo ?

ENYE INGOMA—251.

## 394

7676.7676. Ingoma—A.M. 341.

1 BAWO, osebenzayo,
Mxási wento zonke,
Nguwe osipileyo
Amandl' etu onke ;
Sincede, sisebenze
Ngokukúteleyo,
Sisebenzele Wena,
Ngezizandla zetu.

2 Bulumko bapakade,
Lizwi lika-Bawo,
Ingqondo ziluzizi,
Zikányise Wena :
Sifund' imfundo yonke
Esisipó sako,
Sikwazi nawe, Kristu,
Nowakutumayo.

3 Moya wofefe lonke,
Z'usive namhla nje ;
Sifile tina sonke,
Xa ungekó Wena :
Sipefumlele futi
Ngemvo ezingcwele,
Nenene, nolulamo,
Kunye notandano.

4 Bawo, Bulumko, Moya,
Siluleke kuhle,
Ngemfundo nomsebenzi,
Nokulunga konke,
Uz' umzi lo wakuti
Ube mhl' emhlabeni ;
Silungiselw' owako
Pezul' e-Zulwini.
Amen.

ENYE INGOMA—422[2].

## 395

NGOKUHLWA

6565.

[A.M. 346.] Ingoma yokuqala—A.M. 346.

1 IMIN' ipẻlile,
Kuz' ubusuku,
Amatunz' okuhlwa
Nanga pezulu.

2 Kuza kuba mnyama,
Zikò nenkwenkwez*i*;
Intaka nezilo
Ziza kulala.

3 Abadiniweyo
Z'ubapumze, Nkos*i*;
Sonwabise sonke
Ngotando lwako.

4 Bapẻ abantwana
Bakwazi Wena;
Gcina nabahambi
Abaselwandle.

5 Bonwabise bonke
Abanezifo;
Nabacing' ububi
Banqande kubo.

6 I-Ngelosi zako
Zitumele, Nkos*i*,
Zindilinde kuhle
Bonk' ubusuku.

7 Nditi, xa kusayo,
Ndivuke mina
Ndilungile kanye
Emehlwen' ako.

8 Malubek' uzuko
Kuye u-Yise,
Nakuye u-Nyana,
No-Moy' Ongcwele.
Amen.

INGOMA YESIBINI—C.P. 457.

## 396

8888. Ingoma—B.I. 6.

*Ngokuzekelela.*

1 ISIQALO sobulumko
Kukoyika Wena, Bawo:
Sibabale ngobulumko
Bokoyika Wena, Bawo.

2 Ukoyika Wena, Bawo,
Kunceda ngendlela zonke:
Kusigcina ekoneni,
Kusiqûbel' ebomini.



3 Ukoyika Wena, Bawo,
Kusikûsel' ebubini,
Kusenza sitiye konke
Okulisikizi kuwe.

4 Ukoyika Wena, Bawo,
Kusitiyisa nesono,
Kusenza nyulu ngomzimba,
Kuhlambulul' umpefumlo.

5 Kuyalicekis' iṙatshi,
Akubonani nolunya,
Akubonani nomona,
Akwazani nobuvila.

6 Kusinika intobeko,
Kusinika ululamo,
Kusinik' ukuzoyisa,
Kusinika intembeko.

7 Masamkel' u-Moya wako,
Sifunde ukukoyika,
Yise, Nyana, Moy' Ongcwele,
Tixo, MTriniti Ongcwele. Amen.

ENYE INGOMA—292.

## 397

[A.M. 332.] 8686. Ingoma—A.M. 332.

1 KUKO ndul' ikude yona,
Ingapandle komzi;
Wafa kuyo u-Msindisi,
Efela aboni.

2 Ezontlungu wazivayo,
Aziqiqwa zona;
Kanti Yena wazitwala
Emtini wehlazo.

3 Wafa ukuze sisinde,
Size sibe ngcwele;
I-Zulu libe likàya,
Ngalo elo-Gazi.

4 Nguye yedwa ilungisa
Lokwenza isizi;
I-Zulu wasivulela,
Singangena namhla.

5 Hayi utando analo,
Masimtande nati,
Sitembele kwelo-Gazi,
Simkonze ngotando.
Amen.

## 398

[A.M. 337.] Ingoma—E.H. 593.

8787.8787.

1 KUK' umhlobo waba-
ntwana
Ngapaya kwelâzulu;
Lomhlobo ngohlala emi.
Utando lwake lumi;
Ke abantu balomhlaba
Bagqita njengemihla;
Lomhlobo ngohlala emi,
Li-Gama lakudala.

2 Kuk' upumlo lwaba-
ntwana
Ngapaya kwelazulu,
Komtandayo u-Msindisi,
Kotandaza ku-Yise;
Lupumlo kwezinxwaleko,
Kwisono nakwintsizi,
Nolutsh' olungabahambi
Lopuml' unapakade.

3 Kuk' ikâya labantwana
Ngapaya kwelâzulu;
U-Yesu elaula apo,
Likâya lokonwaba;
Alikó emhlaben' apa
Elingafana nalo,
Luvuyo lodwa kupéla,
Akukó unomona.

4 Kukó indwe yabantwana
Ngapaya kwelâzulu;
Nabo batemba u-Yesu
Boyitweswa kamsinya;
Iyabengezela yona,
Ipiwa nguye kwabo
Bazuze ufefe apa,
Betanda nelo-Gama.

5 Kuk' ingoma yabantwana
Ngapaya kwel zulu;
Yingoma enesikono,
Itsalele kude, lé!
Inqabela i-Ngelosi,
Ukuba maziyazi;
Eletu lit,' "A! Msi-
ndisi!"
Elazo, "A! Ku-
mkani!"

6 Kuk' ingubo yabantwana
Ngapaya kwelâzulu;
Nohadi lukâla mnandi,
Nesebe lokweyisa;
Bubutyebi nemivuyo
Ku-Kristu yedwa apo;
Nkosi, yiba nabantwana,
Ube ngowabo kanye.
Amen.

ENYE INGOMA—142.



## 399

[A.M. 329.] Ingoma—A.M. 329.

8787.88.

1 KWABE kukó kwa-
Davide
Ubuhlanti benkomo,
Ap' u-Mntwana wala-
liswa
Emkómbeni ngu-Nina:
Ngu-Mariy' u-Nina
lowo;
Ngu-Yesu u-Mntwana
wake.

2 Yena wehla e-Zulwini,
Engu-Tixo, eyi-Nkos*i*;
Indlu yake bubuhlanti,
Walalisw' emkómbeni:
Engumntwana wakowetu,
Wahlal' apa Oyi-
ngcwele.

3 Oko ebesemncinane,
Ebetand' u-Nina lo,
Engadel' ilizwi lake,
Obempéte ngengalo:
Nawe, mntwana, lulama
ke,
Ube njengo-Yesu lowo.

4 Ngoko masifuze Yena;
Wayekúla kancinane,
Wayemncinci, wayelila,
Wayehleka njengati:
Usalila ngoku nati,
Esavuyisana nati.

5 Siyakude simkangele,
Etanda kangaka nje;
Ngokuba lomntwana
womntu
Uyi-Nkos' yase-
Zulwin*i*:
Utundeza abantwana,
Baye apo aye kóna.

6 Kungekuyo londlu imbi,
Kubuhlanti benkomo,
Esiyakumbona ngoko,
Kodw' ehlel' e-Zu-
lwini:
Simbone nentsapo zake
Zivatile zikazimla.

## 400

[A.M. 564.] 6666. Ingoma—A.M. 564.

1 LOMHL' ungcwel'
udlule,
Sinik' umbulelo
Kwa nemitandazo
Kuwe, Nkosi yetu.

2 Sibulel' upumzo
Kwixàla lomhlaba;
Sibulel' uncedo
Lwentlalo engcwele.

3 Sibulela lendlu,
Elisango lako,
Oti Wena, Nkosi,
Usilinde kuyo.

4 Sibulel' i-Lizwi
Le-Vangeli yako;
Iziqâmo zalo
Sixakate zona.

5 Singekapumi nje,
Sibongoza kuwe;
Sixolele konke
Esikonileyo.

6 Esikwenzileyo
Kucinywe namhla nje,
Silale ngoxolo
Sixolelwe nguwe.

7 Ku-Tixo u-Yise
No-Nyana no-Moya,
Kubekó uzuko
Kuse kwipakade. Amen.

## 401

[OXF. H.B. 190, VS. 1–3.] Ingoma—OXF. H.B. 190. 7777.

1 LUSAPO lo-Kumkani,
Vumani ngokuvuya,
Vumelan' u-Msindisi,
Nivume ngokuvuya.

2 Vumani xa nihamba,
Niya ku-Tix' ekâya,
Londlela yabadala,
Ababehamba ngayo.

3 Bavuyel' u-Msindisi,
Njengabo sâkuvuya,
Lakufika eletu
Ixesha lokuvuya.

4 Mhlanjana! vuyani ke,
Nopumlela ku-Yesu,
Apo likôn' ikâya,
Ikomkulu nomvuzo.

ENYE INGOMA—402[2].

## 402

[A.M. 334.] 7777. Ingoma yokuqala—A.M. 334.

1 MALUSI oyintanda,
Gcina imvana yako;
Akoyiswa nto Wena,
Andingehlutwa kuwe.

2 Msindisi oyintanda,
Wafa 'kuze sipile,
Uzolule izandla,
Ukub' usikelele.

3 Ndohlala ndikubonga,
Ndenze intando yako,
Njengabo bapezulu,
Behleli ngokonwaba.



4 Sondela, Malūsi wam,
Mandiliv' i-Zwi lako,
Ndize ndingapambuki
Kulendlela imxinwa.

5 Ndohamba ngendlel' ako,
Ngokukokelwa nguwe,
Ndide ndiye ngakuyo
I-Terone ka-Bawo.
Amen.

INGOMA YESIBINI—OXF. H.B. 174.

## 403

[A.M. 569.] 6565. Ingoma—M.M.H.B. 21.

*Ngokukaulezisa.*

1 MANINGENZ' isono,
Maningateti
Amazwi amabi,
Ntsapo ye-Nkosi.

2 Ningabaka-Yesu
Onobubele;
Nabantwana bake
Mababe ngcwele.

3 Kodwa kuk' umoya,
Ongongendawo,
Onizinga futi,
Ukuze none.

4 Ize ningawuva,
'Ze niwucâse,
Nokuya kunzima
Ukwenjenjalo.

5 Ke nitembisile
Ebusaneni
Ukulwa nomtyóli,
Nendlela zake.

6 Nina ke nenziwe
Abaka-Kristu:
Fundani ukulwa
Nenkohlakalo.

7 Eyenu i-Nkosi
Ilunge kanye,
Nabantwana bayo
Mababe ngcwele.
Amen.

ENYE INGOMA—105[2].

## 404

[A.M. 330.] 7676.7676. Ingoma—A.M. 330.

1 NDIFUNA ndiv' imbali
Eculwa zi-Ngelos*i*,
Yokuza ko-Msindisi,
Esiz' emhlabeni.
Ndiziva ndingumoni;
Yena ke weza ngam,
Ukuze andisize,
Ngokub' enditanda.
Ndifuna ndiv' imbali
Eculwa zi-Ngelos*i*,
Yokuza ko-Msindisi,
Esiz' emhlabeni.

2 Kumnandi okokuba
Wayemncinci nje-
ngam,
Efundisa ngak' oko
Ndingaba ngcwele
nam;
Ndiling' ukumlandela
Ngezenz' emhlabeni,
Wohlal' endigcinile,
Ngokub' enditanda.
Ndifuna, *etc.*

3 Ndivum' utando lwake,
He! kube mnandi
kum;
Noko ndingamboniyo,
Woliv' ilizwi lam.
Seleté ndingahamba
Ndivum' ingoma yam
Ndawonye ne-Ngelosi,
Ngokub' enditanda.
Ndifuna, *etc.*

## 405

[TR.] 7676.7676.7676. Ingoma—A.M. 386.

1 NDITANDA i-Ngelosi,
Ezase-Zulwini,
Noko zingabonwayo,
Zinam maxa onke;
Ndilele, zondigcina;
Ndidlala, zondele;
Zigqibelel' ukwazi
Into endiyiyo.
Nditanda i-Ngelosi,
Ezase-Zulwini,
Noko zingabonwayo,
Zinam maxa onke.

2 Ngu-Tix' ose-Zulwini
Oziyalelayo,
Ukuba zibagcine
Abantwana bake;
Naxa ndipósisayo
Kubuhlungu kuzo,
Naxa ke abantwana
Bapambukileyo.
Nditanda, *etc.*

3 Umpefumlo mhla ndafa
Ziyakumka nawo,
'Ze uti won' umzimba
Ulindel' umgwebo:
Ngolukulu utando
Zonditwala kuhle,
Zindibeke kón' apo
Pambi ko-Mkúluli.
Nditanda, *etc.*

4 Ke, kunye ne-Ngelosi
Ezase-Zulwini,
Nezihlobo zam zonke
Ezingebalwayo,
Ndohlal' unapakade
Ndipambi ko-Tixo,
Ndine-Ngelosi zake,
Kunye nezo-Ngcwele.
Nditanda, *etc.*

ENYE INGOMA—404.



## 406

*Em-Tendelekweni Ongcwele, emva kom-Tandazo woku-Ngcwalisa.*

[TR.] 7676. Ingoma—CAN. H.B. 276.

*Ngamazwi atobekileyo.*

1 NDIYAKUNQULA, Yesu,
Njengabobantwana
Abat' e-Tempileni
Bavum' o-Hozana.

2 Ndiyakunqula, Yesu,
Opezu kwe-Altar;
Okukudla noselo
Kuyo le inkonzo.

3 Ndiyakunqula, Yesu,
Ubufihle njalo
Kwi-Sonka ne-Wayine
Ubu-Tixo bako.

4 Ndiyakunqula, Yesu,
Ndiguqe ngedolo,
Nditi, Nkosi, fika kum,
Njengaku-Mariya.

5 Ndiyakunqula, Yesu,
Njengabobantwana
Owababek' izandla:
Nditamsanqele nam.
Amen.

## 407

[A.M. 573.] 7676. Ingoma—A.M. 573.

1 * NGU-TIX' owenze
zonke
Izinto ezintle,
Zonk' indidi zezinto
Nezisiti-manga.
Opezulu nopantsi
Namawonga abo.

2 Ngu-Menzi wentyatya-
mbo,
Namabala azo,
Ayenzel' amapiko
Nentak' evumayo.

3 Isityebi nehlwempu
Benziwe ngu-Tixo;

4 Intaba eluhlaza,
Umlamb' odlulayo,
Ukuhlwa, kwa nokusa
Okukányisayo.

5 Umoya nobusika,
Ilanga lehlobo,
Iziqám' emyezweni,
Nguy' u-Menzi wazo.

* *Le-vesi iyavunywa emva kwezinye i-vesi nganye.*

6 Imiti ehlatini
Nentili ezintle,
Ingcongol' emlanjeni,
'Siyazisipúla—

7 Wasinika amehlo
O'ba sizibone,
Nomlomo wokuxela
Ubukulu bake.

## 408

8888. Ingoma—D.M.H.B. 19.

1 NKOSI Bawo, sikonile,
Imiteto siyapúle,
Sati ngokokona kwetu
Sazibeta kwa ngokwetu.

2 Wena, Nkosi Tixo wetu,
Akusilibele noko;
Uyazaz' intswelo zetu:
Yiza ngobabalo lwako.

3 Nanku sikukėdamele,
Silind' ukusizwa nguwe;
Tixo Bawo, sivelele,
Singade sitshabalale.

4 Hlis' u-Moya Oyingcwele,
Ahlale pakati kwetu;
Sikutiye okomhlaba,
Sikutande okwe-Zulu.
Amen.

## 409

6666. Ingoma—C.H. 472.

1 NOKO kunje apa
Ukuba m-nandi,
Ndilulo undwendwe
Kwa nompambukeli.

2 Kwelam lon' ikâya
Asikó isono;
Inzingo nentsizi
Azaziwa konke.

3 Yesu, ndikúlule,
Undihlambulule;
Ndikokele, Moya.
Kulendlela yami

4 Apa ndilundwendwe
Kwa nowasemzini;
Kodwa lon' ikâya
Lam lise-Zulwini.

## 410

7777. Ingoma—CAN. H.B. 518².

1 PEZU kwenkosi zonke
Sivakalis' u-Yesu:
I-Tshawe lamatshawe,
Ne-Gofa lamagofa.

2 Le-Nkos' etu ihleli,
Ihleli enyangweni:
Zakupėla intsizi
Yangen' eluzukweni.



3 Qubudani ke, bantu,
Nqulani nonke, zizwe:
Kuba sintonye nayo
Ap' ikón' e-Zulwini.

4 Amakamandela ke
Okufa, nawesono,
Ajacekile onke
Ngulo-Mkúluli wetu.

5 Wameyis' u-Satana,
Weyisela tina ke:
Ize, sisilwa nati,
Silwe oyiswe kade.

6 Nqulani, bantu nonke,
Qubudani ke, zizwe:
Kuba sinto nye naye
Oyena Mpât' amandla.

ENYE INGOMA—411.

## 411

*Em-Tendelekweni Ongcwele, emva kwe-Ntsikelelo.*

[TR.] 7777. Ingoma—*eyalo.*

1 SINGEKEMKI apa, Nkos*i*,
Simnqulil' u-Nyan' ako,
Sibulela kwa kóna
Elidini lingcwele.

2 Ingcingan' ezingeni
Ezidub' umtandazo
Zixolele nge-Gazi
Nofefe lo-Nyan' ako.

3 Yenza, Nkosi, namhla nje
Siyitet' inyaniso,
Sisebenze ngamandla,
Sikulwel' okute-tye.

4 Hai! imnandi lenkonzo;
Koba mnandi ngakumbi
Sakubon' umzi wako,
Sikunqule kakuhle.

ENYE INGOMA—413.

## 412

[A.M. 331.] 8888. Ingoma—A.M. 331.

1 SINGABANTWANA nje tina,
Singazelwe ngamakosi,
Singamenzela nto-nina
U-Yes' olunge kangaka?

2 Intsan' ezingcwele zona
Zamncamel' ubomi bazo;
Na-Bafeli na-Bangcwele
Bammel' emadanga-tyeni.

3 Sipaul'we nati nge-kruse,
Saza sazenz' izifungo ;
Asingemfeli, simlwele :
Somenzela nto-n' u-Yesu ?

4 Umntwan' ongu-Mkristu ngamnye
Kuninzi anokukwenza :
Unokuti ngenxa yake
Alwe, afe ngakwisono.

5 Xa kuvuka ingcamango
Zeṙatshi nengqumbo kuti,
Sitet' amazwi aṙaṙa,
Sipàlaza inyembezi ;

6 Singawupélis' umsindo,
Sinqand' ilizwi elibi,
Sipendule ngokuzola ;
Silwel' i-Nkosi u-Yesu.

7 Ngoxolo nangobubele
Sikànyis' amakày' etu,
Kungen' ukulunga kóna,
Sikwenzel' u-Yesu oko.

8 Akukó mntwana mncinane
Ongenamnqamlezo wake,
Nomsetyenzana wotando
Anokuwenzel' u-Yesu.

## 413

7777. Ingoma—A.M.N. 364.

1 Tixo, Nkosi yotando,
Mtombo wokupila kwam,
Mhlauleli wetyala lam,
Ndigcine esonweni.

2 Ngamehlo nangendlebe,
Ngezandla nangenyawo,
Ndingatshatyalaliswa ;
Ndigcine esonweni.

3 Ngokupila kamnandi,
Ngobutyebi belizwe,
Ndingatshatyalaliswa ;
Ndigcine esonweni.

4 Ngemeko endikuyo,
Ngeṙatshi lomsebenzi,
Ndingatshatyalaliswa ;
Ndigcine esonweni.

5 Ngamehlo nangendlebe,
Ngezandla nangenyawo,
Ndinganokusindiswa,
Ndite ndakonza Wena.

6 Ngokupila kamnandi,
Ngobutyebi belizwe,
Ndinganokusindiswa,
Ndite ndakonza Wena.

7 Ngemeko endikuyo,
Ndilipèpà iṙatshi,
Ndinganokusindiswa,
Ndite ndakonza Wena.

8 Nkosi Tixo, Bawo wam,
Nkosi Tixo, Bomi bam,
Ndigcine, ndisindise,
Ndize ndihlale nawe.



9 Nguwe oli-Temba lam,
Ulitemba lenene,
Ndogcinwa ndisindiswe,
Ndize ndihlale nawe.

10 Uzuko ku-MTriniti,
U-Yise kwa no-Nyana,
No-Moya Oyingcwele,
Kuse epakadeni. Amen.

ENYE INGOMA—186.

## 414

8686. Ingoma—E.H. 93.

*Ngokunganxàmi.*

1 Tixo, ongu-Bawo wetu,
Nanku sihlangene ;
Tina silusapo lwako,
Vela usamkele.

2 Kuzo zonk' imbandezelo,
Kwa nentsizi zetu,
Sizibika kuwe, Bawo,
Ngamaxesha onke.

3 Sikúlise, usondlele
Kulo i-Zwi lako,
Kuba Wena wasitanda
Ngobubele bako.

4 Yiba nati kwakaloku
Ebuncinaneni ;
Usiweze kwingxingongo
Apa emhlabeni.

5 Sikúsele, sinqabise,
Sipé kwa nokólo ;
Side siye e-Zulwini
Ngobabalo lwako.
Amen.

ENYE INGOMA—195.

## 415

[A.M. 333.] Ingoma yokuqala—A.M. 333.
6565.6565.

1 U-KRISTU obeké
Wahlala nati,
Uyasisindisa,
Uyasitanda ;
Xa sizibambayo
Ezozifungo
Sazenzayo tina,
Sogcinwa nguye.

2 Basibeka tina
Kwezak' ingalo,
Ziyawakúsela
Zon' amaxwáne ;
Wosipumza Yena
Kwezak' ingalo,
Sayam' esifubeni
Xa simtembayo.

3 Noko singembone
Okomzuzwana,
Ungu-Mgcini wetu
Uyasitanda ;
Ukufa kusisa
Kwezak' ingalo,
Siyakububona
Ubuso bake.

4 Woba ngu-Malūsi
Wetu nanini,
Usikokelela
Emanzini nje,
Uyasilalisa
Emaŕiweni,
Kungekò kunxanwa
Nazinyembezi.

5 Malūsi wemvana,
Ubeke pantsi
Obako ubomi
Ngenxa yezimvu ;
Sikùmbuze tina
Inyamek' ako,
Sikutande Wena
Ngamaza onke. Amen.

Ingoma yesibini—D.M.H.B. 52.

## 416

*Em-Tendelekweni Ongcwele, pambi kom-Tandazo woku-Ngcwalisa.*

[Tr.] 6565. Ingoma—D.M.H.B. 78.

1 U-Kristu uyeza
Kuti ngotando,
U-Yes' uhambela
Abantu bake.

2 I-Ngelosi zake
Sezimpahlile,
Ekuben' ezisa
Kuti uxolo.

3 Inywèba kozayo
Nge-Gama le-Nkosi,
Esikùluleyo
'Ze sidle ubom.

4 Sivum' u-Hozana
Kuwe, Mkùluli ;
Siguqe ngedolo
Kufupi nawe.

## 417

6666. Ingoma—S.A.T.B. 330.

1 Weza emhlabeni,
Ukuze sikwazi
Wena oyi-Ndlela
Eya e-Zulwini.

2 Wabamkel' ubuntu,
Ungu-Tixo kanye,
Ngoko wasinyula
Kumsinga wokufa.



3 Koko bakucàsa,
Bakulahla, Yesu,
Kwesa e-Kalvari
Uyinqambi kubo.

4 Tina ntwana zako,
Xa sipèlelwayo
Sibangwa kundwendwa
Kumnqamlezo wako,

5 Z'ungasitetisi
Ngobushushu bako ;
Kodwa situndeze,
Tina ntwana zako.

6 Sokokelwa nguwe
Side singeniswe
Kuwo umzi wako,
I-Komkulu lako.

## 418

7787. Ingoma—B.I. 46.

1 Yesu Kristu, Nkosi yam,
Mamel' umtandazo wam ;
Upezulu, ndilapa nje,
Ngendibamb' umlomo wam.

2 Ungulo woyikwayo,
Mna ke ndibutataka ;
Ungomkulu, ndingopantsi,
Ndoti-nin' ukuviwa ?

3 Bona lamajacu am,
Fihla obubuzé bam ;
Uyi-Nkosi, ndilihlwempu,
Ndambés' undonwabise.

4 Ndifumana ndizama,
Kungancedi nento le ;
Ungu-Mdali, ndisidalwa,
Ndizilahlele kuwe.

5 Yesu, Lizwi lo-Yise,
Ne-Langa lolungiso,
U-kukànya, ndibumnyama,
Yiz' undikànyisele ;

6 'Ze ndifik' ekàya nam,
Ndikubon' e-Troneni :
Ungumbongwa, ndingumbusi—
A ! Tixo ukwangumntu.

## 419

*Em-Tendelekweni Ongcwele, ngexa lo-Nikelo.*

[TR.] 7676. Ingoma—H.P. 125.

1 YESU, Nkosi, kúmbula,
Wakupind' ukuza
Emafini e-Zulu,
Nemikosi yako.

2 Onk' amehlo ombona
Cace engu-Tixo,
Lo upezu kwe-Altar
Ngokufihliweyo.

3 M-Sindisi, kúmbula,
Ndiyakubongoza,
Apa ndandizigoba,
Ndiguqa ngedolo.

4 Ndivum' ubukó bako
Kuyo le-indawo,
Amehlo nakubeni
Engakuboniyo.

5 Yamkela ke, Mkúluli,
Eyam indumiso,
Kanye ube yimbàsa
Yokupilfa kwami.

6 Kusondela ukufa,
Ndipė ulonwabo ;
Yiba yindyebo yami
Onk' amapakade. Amen.

## 420

[A.M. 568.] 7777. Ingoma—OXF. H.B. 172.

1 YESU, Mvana ka-Tixo,
Mzekelo wamakólwa,
Silulam' esikulu,
Esakà sangumntwana.

2 Ndinike intliziyo
Efana kwa neyako,
Yon' etobekileyo,
Ipúpúma utando.

3 Ndinga ndingazitoba
Kubo abazali bam,
Ndibe sisilulami,
Ndifuze Wena, Yesu.

4 U-Bawo wamazulu
Ndifez' intando yake ;
Ndimbeke ngokunzulu
U-Moya Oyingcwele.



5 Ubomi wabudlela
U-Tixo Yena yedwa,
Wakuvuyela kanye
Ukwenz' intando yake.

6 Yesu, Xwàne lotando,
Ndizinikela kuwe,
Ngena entliziyweni yam,
Ndenze ndifane nawe.

7 Ndandiyakukubonga
Bonke ubomi bami ;
Liqonde nehlabati
Ukuba uhleli kum. Amen.

ENYE INGOMA—29.

## 421

[A.M. 344.] 6686. Ingoma—A.M. 344.

NGEMINI YOMGCOBO

1 YESU, Tix' ongumntu,
Ngokutanda tina
Wazalelwa lonk' uluntu,
Yi-Ntomb' u-Mariya.

2 Yesu, Tix' ongumntu,
Ngalomhla wovuyo
Pokozel' ufefe lwako
Kulentsapo yako.

3 Intliziyo zetu
Zenze ngcwele, Tixo ;
Someleze kulomhlaba,
Senz' intando yako.

4 Sip' ukólo, Tixo,
Siqinis' itemba,
Sicela nobudlelane
Kwa ne-Ngcwele zako.

5 Yiba nezihlobo
Esinazo apa :
Sip' ufefe sizitande,
Ke ngakumbi Wena.

6 Kuluvuyo, Nkosi,
Ukufela Wena ;
Yimihlali nemigcobo
Ukubona Wena.

7 Yesu, Tix' ongumntu,
Siqubuda kuwe,
Naku-Yise, naku-Moya,
Ngamaxesha onke.

## 422

7676.7676. Ingoma yokuqala—S.M.T.B. 28.

1 " YIZANI kum, lusapo,
Nipulapule kum,
Ize ndinifundise
Ukoyik' i-Nkosi."
Yabisitsho imbongi
Yakwa-Sirayeli ;
Kusatshiwo nangoku
Kwabendlu ka-Kristu.

2 Ke, siyaqonda nati
Yimfanelo yetu
'Kuhlala simoyika
Lo-Tixo umkulu :
Singabake konke na,
Sidaliwe nguye,
Sigcinakele nguye
Kobubomi betu.

Lo-Tixo u-Somandla,
Okóyo napina,
Uwis' ilizwi lake,
Kwenzeke ke konke :
Ziyamnik' indumiso
Izidalwa zonke,
Pezulu, nangapantsi,
Kwa nasemhlabeni.

4 Baw' ongu-Sobubele,
Nkosi yapakade,
Sizazi singeyonto
Sikubonga noko :
Yenza sikuhlonele,
Nento yako yonke—
Indlu, umhla, igama,
Izwi, nezicaka. Amen.

INGOMA YESIBINI—D.M.H.B. 75.

## 423

[A.M. 335.] 8888. Ingoma—E.H. 243.

1 ZINGQONG' i-Tron' i-Ngelosi,
Zingumkos*i* pambi ko-Tixo ;
Zipète ihadi zazo,
Zitwel' i-kron' ezintloko.

2 Zisezilindil' ezinye
Ukubonga, zidumise ;
Ngokomyalo wak' ezinye
Zilind' abak' emhlabeni.

3 Onke amalanga, Nkosi,
Siyaleze kwi-Ngelosi,
Zisilinde ngobusuku
Xana sileleyo tina.

4 'Ze kungasondeli bubi,
Singoyiki, senzakale ;
Ekupèleni sohlala
Ne-Ngelosi pambi kwako. Amen.



## 424

I-LITANI YABANTWANA

[A.M. 473.] 7776. Ingoma—A.M. 469[2].

1 TIXO, Yise no-Nyana,
Tixo, Moya, niba-
Nye,
Sive use-Zulwini,
Sisindise, MTriniti.

2 Msindis' otobileyo,
Owasizalelwayo
Yi-NTomb' emsulwa
yona,
Sive, Yes' ongcwele.

3 Yesu, wabekw' emkó-
mben*i*,
Yi-Ntombi u-Nozala,
Usongelw' eziqiyen*i*,
Sive, Yes' ongcwele.

4 Yesu, owahanjelwa,
Ngabalūs' ulusana,
Baguqa bakunqula,
Sive, Yes' ongcwele.

5 Yesu, owazukiswa
Zizilumko zakude,
Zakuzisel' izipó,
Sive, Yes' ongcwele.

6 Yesu, owasingatwá
Ngu-Simone no-Hana,
Uzisw' e-tempileni,
Sive, Yes' ongcwele.

7 Yesu, owamsabayo
U-Herod umbulali,
Uselusana Wena,
Sive, Yes' ongcwele.

8 Yesu, owafunyanwa
Ngu-Nozal' unemfundi,
Uzimangalisile,
Sive, Yes' ongcwele.

ISIQENDU II

9 Kwiřatshi nokuzingca,
Kwinzondo, nakwingqu-
mbo,
Kubuxoki neqinga,
Sisindise, Yesu.

10 Kuhilizo nonqeno,
Kukuswel' imvelwano,
Kwintlondi nobuřovu,
Sisindise, Yesu.

11 Ekungazitobini,
Ekuziqondeleni,
Ekungatandazini,
Sisindise, Yesu.

ISIQENDU III

12 Ngokokuzalwa kwako,
Ngentswelo zobusana,
Ngentsizi nenyembezi,
Sisindise, Yesu.

13 Ngomzekelo onyulu,
Ngentlung' owazivayo,
Zokusindisa tina,
Sisindise, Yesu.

14 Ngamanxeba, nameva
Ngokupálaz' igazi,
Ngokuvuk' ekufeni,
Sisindise, Yesu.

15 Ngal' igama lobuntu,
Esilitobelayo,
Lizukisw' e-Zulwini,
Sisindise, Yesu.

16 Ngawo amandla ako,
Ngalo uzuko lwako,
Ngazo inceba zako,
Sisindise, Yesu.
Amen.

## 425

## U-BEKO LWEZANDLA

*Ekupeleni kwenkonzo.*

8888. Ingoma—A.M.N. 492².

1 KUSUSELA ku-Bâptizo,
Mhla sapiw' ubomi bako,
Bawo, sazalwa ngokutsha,
Singabako abantwana.

2 Sesikûlile ke ngoku,
Sesingabo bavavanywa
Ngozilingo nozingozi;
Mabandiswe obobomi.

3 Ke, namhla nje, ngenyameko,
Siyazicelel' amandla,
Ize sikucås' okubi,
Senze nokulungileyo.

4 Lomandl' eza, atúlulwa
Kuwo ummisel' ongcwele;
Ngok' uzalisiwe njalo
Umsebenzi wo-Bâptizo.

5 Kute, sakubekw' izandla
Ngonegunya labaPostile,
Wehl' u-Moya; saba ngoko
Ngamalungu azeleyo.

6 Momelezi, M-ngcwalisi,
Tina zi-tempile zako
Tamsanqela, ube kuti:
Soba ngabalaulwa nguwe.

7 Ongu-Yise mzukiseni,
Nongu-Nyana, ngokunjalo;
Nimzukis' u-Moya lowo
Osiveleleyo namhla.
Amen.

ENYE INGOMA—5.



## 426

7676.7676. Ingoma—A.M.N. 443.

1 NDIVUMELE nditete
Nawe, Moy' Ongcwele;
Ndifundise nditete
Nawe, Litå lo-Bom.
Intloni zindipête
Ukuteta nawe;
Tshisa inkohlakalo
Yam, nditete nawe.

2 Ndicela kuwe, Litå
Lasenyangwaneni,
Ubulumko bokwazi
Ngo-Yise no-Nyana:
Ndifundis' ukoyika
U-Yise no-Nyana:
Ndikuhlonele, Moya
Otôzamisayo.

3 Umoya wobulumko
Nguwe Wena kanye;
Izipw' ezisixênxe
Zitúlulwa nguwe.
Undibabala ngazo,
Noko ndiyinqambi;
Into oyitetayo—
Uti mandibule.

4 Ukungabi luto kwam
Uyakwazi Wena;
Ubutataka bami
Uhleli ubazi:
Ndinike inguquko
Ekwanelisayo,
'Ze ndamkeliswe nguwe
Zonk' izipô zako:—

5 Ubulumko, ingqondo,
Icebo, amandla,
Ukwazi, nogqoboko
Oluyinyaniso,
Uloyik' olungcwele—
Ukuze ndoyike,
Wena, Tixo Ommilo
Ntatu noko Umnye.
Amen.

## 427

8787. Ingoma—CAN. H.B. 496².

1 SIHLAZIY' izitembiso
Esazifungelayo
Emanzini o-Bâptizo,
Owawangcwalisayo.

2 Satembisa pambi kwako.
Mluleki wenyaniso,
Sati, silahl' u-Satana,
Namasikizi ake.

3 Inkutu yelizw' ipéla,
Nobugcwebeba balo,
Inkohlis', ububédengu,
Nenkanuko yenyama.

4 Satsho ngemilomo yetu
Ukuti siyakólwa
Zizo zonke imfundiso
Zokólo lobu-Kristu.

5 Sati siyakuyigcina
Eka-Tixo intando,
Nemiteto yake yonke,
Bonke ubomi betu.

6 Sinik' ingqondo necebo,
Amandla ompefumlo,
Ukuqiqa nentlonelo,
Noloyik' olungcwele.

7 Ze sikupumelelise
Esakufungelayo
Ngawe, Moya wenta-
mbiso,
Ngawe, Moya wenceba.
Amen.

## 428

8686. Ingoma—B.I. 28.

1 TARU ! Moya
Oyingcwele,
Mteteleli wetu,
O-tempile zako Wena
Uzingcwalisayo.

2 Rele lasenyangwaneni.
Kangela omtina ;
Sizibon' izono zetu,
Nokuncóla kwetu.

3 Amatyala esinawo
Uyawaselela ;
Uti kodwa masivume
Ubunqambi betu.

4 Singxengxezelelwa nguwe,
Wena Monwabisi ;
Sifuman' inceba ngawe
Ku-Yise no-Nyana.

5 Ubuhilihili betu
Bubángiswa nguwe ;
Usalatisa indlela
Esosinda ngayo.

6 Akwamkeli mali zetu
Ngamatyala etu ;
Inye int' oyitetayo,
Uti maisbule.

7 Lala ngenxeba, Dangatye
Lasenyangwaneni :
Tařr ! Yise, tařu ! Nyana,
Tařu ! Mteteleli.
Amen.

## 429

[A.M. 349.] 8686. Ingoma—A.M. 349.

1 TIXO, ndamkelele
kuwe,
Undenze owako,
Ndingaze ndahluke kuwe,
Nakumhlambi wako.

2 Pambi kwawo lomnqa-
mlezo
Ndizitoba pantsi,
Ndixóme kuwo izono,
Ndamkele, Mkúluli.



3 Nditembise ngal' ufefe,
Unditywine kuwe ;
Ndibone ubuso bako,
Kwane-Trone yako.

4 Ndikusebenzele, Nkosi,
Ngengcinga nezenzo,
'Kuze emva kobubomi
Ndibe nawe, Bawo.

5 Uzuko kuye u-Yise,
Nakuye u-Nyana,
Nakuwe, Moya Ongcwele,
Ngamaxesha onke.
Amen.

## 430

### UM-TSHATO ONGCWELE

[A.M. 350.] Ingoma—D.M.H.B. 71.

7676.

1 IZWI, elatetwayo
Ku-Adam no-Eva
Ngu-Tixo, lisahleli
Lingenakudlula.

2 Usekó u-MTriniti
Em-Tshatwen'
omsulwa ;
Intsikelelo yake
Sisayijongile.

3 Ukuzalwa kwentsapo,
Intlalo emsulwa,
Imbambisan' engcwele,
Engenakwapúlwa.

4 Uz' ube lapa, Bawo,
Mnikele lomtshakazi,
Ngoko wanikelayo
U-Eva ku-Adam.

5 Bamanye Wena, Yesu,
Njengokuba kuwe
Kumanywe ubu-Tixo
Nobubuntu betu.

6 Basikelele, Moya,
Njengokuba Wena
I-Bandla lika-Kristu
Ulisikelela.

7 Besanyatel' indlela
Esa e-Zulwini,
Z'ubatwabululele
Amapiko ako ;

8 Ukuze bakukonze
Emhlabeni apa,
Bade bafikelele
Ekáyeni lako. Amen.

ENYE INGOMA—364.

Xosa Hymn Book]

## 431

[A.M. 351.] 6686. Ingoma—A.M. 351.

1 MHLA yamenyw' i-Nkosi,
E-Kan' emsitweni,
Yeza yawusikelela
Um-Tshato ongcwele.

2 Wavuya umyeni
Kwa nay' umtshakazi,
Kuba lowo wayenabo
Wazigxot' intsizi.

3 Kwa namandla ake
Aziwa ngamanzi,
Yaba ninzi ne-wayine
Eyenziwa nguye.

4 Nkosi enotando,
Yiza nangoku nje,
Tob' intsikelelo yako
Engaze ipéle.

5 Sikelela, Nkosi,
Lomyeni nomtshakazi,
Ubahlambulule, Nkosi,
Ngelako i-Gazi.

6 Benze babe banye
Ngobabalo lwako;
Baze, xa bapambi kwako,
Babe ngcwele kanye.
Amen.

## 432

[A.M. 578.] 11.10.11.10. Ingoma—A.M. 598.

1 SOLUTAND' onokusazelelela,
Siguqa sikúnga pambi kwako,
Yenza aba ubabandakanyayo
Baze bahlale ngokutandana.

2 Sobubomi, yiba sisinyaniso
Sotand' olucikizekileyo,
Setemba, nokólo, nonyamezelo,
Bakutembe bengenakoyika.

3 Bapé uvuy' olugquma intsizi,
Kwa noxol' oluzolis' umhlaba;
Uz' ube si-Sandulelo sengomso
Esisa kubomi bapakade. Amen.



## 433

### ABAFAYO

[A.M. 368.] 888888. Ingoma—A.M. 192.

1 WENA wahanjelwa kade
Yimilwelwe neziguli,
Wabatutuzela ngoko
Abakáliswa zintlungu;
Sive, Yesu, sihlangene,
Sikucela ngolulamo.

2 Unangoku kuyongiwa
Iziguli nabafayo,
Sisayama kuwe, sanga
Singatwalisana nabo;
Siyizis' iminikelo,
Siyacela ngolulamo.

3 Yenza wonk' umntwana wako,
Ontliziyo imqúbayo,
Azincamel' umsebenzi
Wokusiz' abanezifo;
Azincame inqu yake,
Ecel' oko ngolulamo.

4 Yenza ngokunyanga kwako
Zonk' izifo zipiliswe,
Ize tina zintsizana
Sihlangane ngokuvuya
Wakupinda ungu-Mgwebi,
Sixolelwe, sisindiswe.
Amen.

## 434

### ABANGASEKOYO

[A.M. 399.] 7777. Ingoma—A.M. 399.

1 KOBUBOMI bentsizi,
Silila esiťaťa
Ngongasekóyo kuti,
Yiva, Nyana ka-Mari.

2 Ubuntu wabambátá,
Intsizi wazitwala,
Walila nenyembezi;
Yiva, Nyana ka-Mari.

3 Yakulila intsimbi
Ixel' ongasekóyo,
Ukwelizayo lowo,
Yiva, Nyana ka-Mari.

4 Waqáwukela tina,
Ngawe sobudla ubom,
Wena wafa, wancwátywa;
Yiva, Nyana ka-Mari

5 Xa ndiva umvandedwa
Ngesisesam isono,
Kugubá nompefumlo,
Yiva, Nyana ka-Mari.

6 Wena weva intlungu,
Watoba wazitwala,
Umsulwa kodwa Wena;
Yiva, Nyana ka-Mari.
Amen.

## 435

8686.8686. Ingoma—A.M. 216.

1 LAVAKALA kum ilizwi,
Livel' e-Zulwini,
Lati; Yitsho kubafelwa
Basul' inyembezi.

2 Bayavuy' ababúbáyo
Befel' e-Nkosini,
Ngelixesha, utsh' u-Moya,
Batulw' imitwalo.

3 Bapúlulw' izivubeko
Zalomhlaba wenu,
Imivumbo namanxeba
Ipóle kamsinya.

4 * Bayavuy' ababúbáyo,
Lolwabo upumlo,
Kwenzongalo zo-Msindisi
Zibasingatáyo.

5 * Bakúlulwa amadlavu,
Bafakw' umsesane;
Bayambéswa, zeze-Zulu
Izivato zabo.

6 * Yiv' intsholo yamazulu,
Ukungena kwabo;
Ezongcango ze-golide
Zivulelwa bona.

7 * Yiv' ingoma yezo-ngwali
Zibeta uyolo,
I-Ngelosi ziyavuma,
Zibulisa bona.

8 Yiv' ilizwi lika-Yise,
Lizele lutando:
" Aba bangabantwana bam,
Banqabile kumi."

9 Yiv' ilizwi lika-Nyana,
Linjengemilambo:
" Aba baligazi lami,
Elop' e-Kalvari."

10 Yiv' ilizwi lika-Moya,
Linjengelehobe:
" Aba ngabahlanjwe ndimi,
Ndazingcwalisela."

* Ezi-vesi zingayekwa.



11 Yiv' izwi laba-Postile,
Lelabavunayo:
" Aba zizitungu zetu,
Zentsimi ye-Nkosi."

12 Mabancume abafelwa,
Bavuye ne-Zulu;
Babong' u-Yise, n-Nyana,
No-Moy' Oyingcwele.

ENYE INGOMA—180.

## 436

[S.S. 292.] 7777·77. Ingoma—*eyalo.*

1 NTANDA, ngoku lupumlo,
Lipélile nedabi:
Ngok' utulwe umtwalo
Emdeni welentsizi:
Nkosi, hlala umpumza.
Enanini le-Ngcwele.

2 Wang' angati u-Yesu,
Akukáp' emtunzini,
Kulomendo wencwába
Oy' ebuqaqaulini:
Nkosi, *etc.*

3 Ne-Ngelosi zikuse
Kwizwe lase-Tsiyone;
Zitundeze ud' ume
Kumaŕiw' e-Parades*i*:
Nkosi, *etc.*

4 Uti, kón esangweni
Le-Yerusalem e-Ntsha,
Ukáulelwe libandla
La-Bafeli, likánya:
Nkosi, *etc.*

5 Neziganga ze-Ngelos*i*
Zis' imvana ka-Kristu,
Ipumle no-Lazaro
Ndawonye no-Abraham:
Nkosi, *etc.*

6 Yib' upumla! ne-Hades
Ikwélele, ad' eze
Oyi-Nkosi ye-Zulu
Kuzamkelel' abake:
Nkosi, *etc.*

7 " Umhlaba emhlabeni,
Utul' elutulini "—
Sitsho sinetemba nqi
Lalomini yo-Vuko:
Nkosi, *etc.*

8 U-Krist' uhlwayel' apa;
Wot', ezele kuvuna,
Azibut' izihloko
Ngalontsasa yo-Vuko:
Nkosi, *etc.*

## 437

UKUNCWATYWA KOMNTWANA.

[TR.] 888888. Ingoma—C.H. 283.

1 O MALUSI otandayo,
Siyatemba umsa wako ;
O mamkel' umntwana wetu,
Umpė ngawo ukuxola ;
Akaseva mbandezelo,
Akalili ngabuhlungu.

2 Ngomsa wako udlulile
Kwelilizwe lenkatazo ;
Umzisele elizweni
Elikānya ngob' ukōna
Selambėte okumhlope,
Uyavuya kuwe futi.

3 Yesu Kristu, masihambe
Emhlabeni ngokulunga,
Side size ekufeni,
Siye kuwe, ap' akōyo ;
Simamkele kuwe futi,
Sibe nay' unapakade.
Amen.

NYE INGOMA—433.

## 438

[A.M. 401.] 7777.88. Ingoma yokuqala—A.M. 401.

1 UMSEBENZ' ugqityiwe
Walomzalwana wetu ;
Idabi selidlule,
Nanko engapesheya.
Simshiyela kuwe, Bawo,
Lo ulele kulendawo.

2 Apo kusulw' inyembezi ;
Kutyilw' imfihlakalo ;
U-Mgweb' olilungisa
Ugweb' izenzo zetu.
Simshiyela kuwe, Bawo,
Lo ulele kulendawo.

3 Kulap, imipefumlo
Yabajong' e-kruseni
Yazana nolotando
Luka-Kristu, e-Hades.
Simshiyela kuwe, Bawo,
Lo ulele kulendawo.

4 Ap' amandl' esihogo
Akasapazamisi,
Kub' i-Nkos' ilikūsi,
Eyabakūlulayo.
Simshiyela kuwe, Bawo,
Lo ulele kulendawo.

5 " Umhlaba emhlabeni,
Utul' elutulini : "
Simshiya elindele
Lomhl' omkulu wo-Vuko.
Simshiyela kuwe, Bawo,
Lo ulele kulendawo.

INGOMA YESIBINI—OXF. H.B. 160[1].



## 439

8888. Ingoma—OXF. H.B. 309.

1 YESU, bap' olwak' uxolo
Abahambe ngal' ukōlo :
Susa zonk' izono zabo,
Cima lonk' ityala labo.

2 Yesu, bap' olwak' uxolo
Abakade ngamadolo
Bezigoba bebėdesha,
Oko bebesenexesha.

3 Yesu, bap' olwako uxolo
Abafele kuy' inkolo,
Abebekululamele,
Bezamela ubungcwele.

4 Yesu, bap' olwak' uxolo,
Namhla, Wena, nje-ngezolo,
Usamane uxolela,
Usaman' utamsanqela.

5 Yesu, bap' olwak' uxolo,
Emva kwamanxeb' entolo,
Nezikāli zolotshaba
Luli-Tshawe lalomhlaba.

6 Yesu, bap' olwak' uxolo,
Ukupumla kwa noyolo
Ngayo, Mvan', inceba yako,
Nangamandl' e-Gazi lako.

7 Yesu, bap' olwak' uxolo,
Bakupuma kwi-sikolo
Sobunzima, somnqa-mlezo ;
Yiva, Nkosi, lomyalezo.

8 Yesu, bap' olwak' uxolo,
Fezekis' intlambululo :
Babalele olo-Vuko
Lobungcwalisa nozuko.

9 Yesu, bap' olwak' uxolo.
Bapė kwa nokānyo olo
Lutenjiswe abangcwele :
Bapė, Lunga, Manuwele.

10 Yesu, bap' olwak' uxolo,
Ubafefe ngobuqōlo,
Ubatwese ubukosi,
Bakuncome ne-Ngelosi.
Amen.

## 440

[A.M. 398.] Ingoma—A.M. 398.

Dies ira, dies illa.

1 YO ! lomini yokugweba !
Latsh' izulu, watsh' umhlaba,
Ngokwelizwi lezanuse.
Yo ! botūka bonk' abantu ;
Nank' u-Mgwebi selefika,
Amatyal' opengululwa !

2 Liyalila ixilongo,
Livakal' emancwàbeni,
Beze bonke embizweni.
Sekutshabalel' ukufa;
Yonk' indalo iyavuka,
Izakuzipendulela.

3 Nang' umqulu uso-
ndezwa,
Ekubàlwe kuwo onke
Amatyal' omhlaba
wonke!
Xa u-Mgwebi ahlalayo,
Zotyilek' imfihlakalo,
Zimiselwe imivuzo.

4 Ndoti-nina mina moni?
Ndotetelwa ngubanina,
Lingcipeka nje ilunga?
Nkosi yobuqaqawuli,
Kungesis' osindisayo;
Ndisindise, Sobubele.

5 Z'ukùmbule, Nkosi Yesu,
Ndim okade undilanda;
Mandingalahleki ngoku.
Wawudinwa undifuna;
Usemtini wanditenga;
Lomigudu yopùta na?

6 Mgwebi ongavumi sono,
Uz' undixolele ngoku,
Singekezi isohlwayo.
Ndiyagula ndinetyala;
Ndifipele ndidanile;
Taru, Tixo, ndip' uxolo.

7 Wamkùlul' u-Made-
lina;
Walipùlapùl' ibàda;
Uti, nam mandingancami.
Umtandazo wam awunto;
Ngobubele bako bodwa
Mandisinde emlilweni.

8 Mandibekwe kwezogusha
Zingasekunene kwako,
Undahlul' ezi-bòkweni.

9 Xa aboni badanayo,
Begwetyelwe idangatye,
Z'undibize na-Bangcwele.

10 Ndiyaguqa ndibongoza;
Ndapùkile intliziyo;
Ndizishiya, Nkosi, kuwe.

11 Yo! lomini yezijwili,
Akuvulwa amancwàba!

12 Woya umntu emgwe-
bini;
Tixo, z'umenzel' inceba.

13 Nkosi Yesu, onofefe,
Z'ubapumze kwipadade.
Amen.



## 441

### UKUGUQUKA KWABONI—IMVUSELELO

8787.8787. Ingoma—D.M.H.B. 18.

1 HAI utando olungaka, u-Yes' ushiy' i-Zulu,
Ushiy' ubukulu bake, watata ubupantsi;
Walala esizalweni se-Ntombi u-Mariya,
Akazuzanga nendawo yokuzalelwa kuyo.

2 Wazalwa e-sitalini sokudlel' amaqwaŕa,
Zonke izilo zasendle zinaz' indawo zazo;
Kodwa u-Nyana ka-Tixo wadlulwa nazizilo,
Akazuzanga nendawo yokubeka intloko.

3 Yesu, Gxalaba likulu, twala amahlaz' etu;
Sewawatwal' e-Golgota nase-Getesemane.
Ntliziyo banzi, selela zonke intsizi zetu;
Waziselel' e-Golgota nase-Getesemane.

ENYE INGOMA—398.

## 442

13.11.13.11. Ingoma—D.M.H.B. 67.

1 KE ndema ndipantsi kwe-kruse yo-Msindisi,
Ndilondel' igazi lindopèl' apo;
Ubus' obo bake bangati bunditsale,
Kwavela nezwi kwisitòkotòko—

2 " Bèkan' apa nonke nidlulayo, niqiqe,
Lungakò n' usiz' olunjengolu lwam? "
Sahlab' isililo: lisitsho kalusizi
Ilizwi loxònywe emnqamlezweni.

3 Ndotùka, ndondela, ndabetwa ke luvalo,
" Kungaba na kanti utet' elo kum? "
Kwesuk' isazela safun' ukundigweba,
Agabuk' amehlo, kwakàny' apa kum.

4 Kwa lapo ndagob' amadolo, ndidanile,
Ndaziv' intliziyo ityilekile,
Ndagqitywa zintloni, ndasendizohlwaya ke,
Ndavum' e-Nkosini, ndihlabekile :

5 " O Yesu, Msindisi, ubetelelw' emtini,
Indim lo umoni omhlaulel' apo ;
Yamkel' intliziyo, undixolel' izono,
Ndizenza owako 'de kube nini."

6 'Soloko lombono, ndindwendwela napina,
Uhlal' undimela, kwa nezwi elo—
" Bėkan' apa nonke nidlulayo, niqiqe,
Lungakȯ n' usiz' olunjengolu lwam ? "

## 443

A.M.N. 610.] 6565. Ingoma yokuqala—A.M.N. 610.

1 MSINDIS' owafela
Umon' onjengam,
Ndisondeze kuwe
Ngenceba yako.

2 Eyam intliziyo
Yimise kuwe :
Nditsalele apo
Ngotando lwako.

3 Nkos', ingalo zako
Sezolulelwa
Ukuyisingatȧ
Intsapo yako.

4 Ndiza njalo, Yesu,
Ndingenzi 'kumbi ;
Loyisil' utando,
Ndiza namhla nje.

5 Ndiza nemitwalo,
Nenzingo zonke ;
Ndizibeka pantsi
Kwenyawo zako.

INGOMA YESIBINI—CAN. H.B. 521.[2]

## 444

7777. Ingoma—E.H. 609.

*Ngokungakaulezisi.*

1 NAMHL' inyaniso yako
Indoyisile kanye,
Umpefuml' ubuhlungu ;
Ndixolele, Mkůluli.

2 Namhla zonk' izono zam
Zimi ebusweni bam ;
Kubi entliz'yweni yam ;
Ndixolele, Mkůluli.

3 Namhl' ityala linzima ;
Ndiyakutshona pina ?
Uvalo luyabeta ;
Ndixolele, Mkůluli.

4 Namhla mu zonk' inkani ;
Ndinedano nosizi ;
Yiba nenceba kumi ;
Ndixolele, Mkůluli.

5 Ndiza emnqamlezweni ;
Ndiyint' epėlelweyo ;
Nditemb' i-Gazi lako ;
Ndixolele, Mkůluli.
Amen.

ENYE INGOMA—293.



## 445

EKUGQIBELENI KWEM-VUSELELO.

[A.M. 257.] 8686.8686. Ingoma—A.M. 257.

1 NDEVA u-Yesu esiti,
" Yiza kum upumle ;
Pumla wen' udiniweyo
Esifubeni sam " :
Ndaya ku-Yesu ndinjalo
'Kudinwa nosizi :
Ndafumana ukupumla,
Wandenza ndagcoba.

2 Ndeva u-Yesu esiti,
" Ndokupȧ ngesisa ;
Kuwo amanzi obomi,
Sela, 'ze upile " :
Ndaya ku-Yesu, ndasela
Kumtombo wobomi ;
Lapėla elonxano lam,
Ngoku ndipilile.

3 Ndeva u-Yesu esiti,
" Ndiku-Kȧnya mina,
Kangela kum nawe ngoku,
Ube nokukȧnya " :
Ndakangela ke ku-Yesu,
Waba li-Langa lam ;
Ndohamba kokokukȧnya
'D' ipėl' ihambo yam.
Amen.

## 446

[E.H. 576.] 7676.7676. Ingoma—D.M.H.B. 40.

1 NDIFUNA Wena, Yesu,
Ndizele zizono :
Ndimdaka, ndinetyala.
Ndiyinto efayo :
Ndifun' umtombo lowo
Uhlambululayo,
We-Gazi lika-Yesu—
Umtombo waboni.

2 Ndifuna Wena, Yesu,
Mna hlwempu lenene :
Mna mhambi wasemzini,
Oswele kakubi :
Ndifun' utando lwako,
Lokundivuyisa,
Lokukokel' inyawo,
Lokundiqinisa.

3 Ndifuna Wena, Yesu,
Ube ngumhlobo wam
Wokunditutuzela,
Ukàtalele nam :
Ndifuna intliziyo
Eyovelana nam
Kwintsizi namaxàla—
Eyako, Yesu wam.

4 Ndifuna Wena, Yesu,
Ndaye ke nditemba
Ukukubona msinya
Uhlel' e-Troneni :
Ndokudumisa kòna,
Ndinabo bahlanjwe
Li-Gazi lako, Yesu,
Kwa ngoko nanini.

## 447

[TR.] 7777. Ingoma—CAN. H.B. 518[1].

1 NDIPE amandla, Yesu,
Ndikàmel' okwe-
Zulu ;
Toba intsikelelo,
Undilobe ngotando.

2 Izipóso zobutsha
Zinditsala ngamandla,
Ndipambuk' emendweni
Osingis' ebomini.

3 Bàla umteto wako
Kulentliziyo yami ;
Sipútise isono
Ngokutyal' ubabalo.

4 Donyula inkanuko
Etsalel' intliziyo
Kwintlond' ezimanyala,
Zomgibe ka-Satana.

5 Wen' uva izikúngo
Zabo batshutshiswayo,
Unika inkuselo
Kwabo bakukonzayo.

6 Ebubètyebètyeni,
Nkos*i*, ungandilibali ;
Ndihamba ndikúbeka,
Uyazi, ndingumntwana.

7 Galela imibete
Ndihlume, ndomelezwe,
Ndigcin' umteto wako,
Ndenze intando yako.

8 Ndikokele ke, Yesu,
Kulendela ye-Zulu,
Ndingahlukani nawe
Apo ngonapakade.
Amen.



## 448

[E.H. 573.] 66.86.55.76. Ingoma—E.H. 573.

1 NDIV' izwi lako, Nkos*i*,
Liti, 'ndize kuwe,
Ndihlanjwe ngqe e-Gazini
Elop' e-Kalvari.

Ndiza kuwe, Nkos*i*,
Ndiza ngoku nje,
Ndenze mhlop' e-Gazini
Elop' e-Kalvari.

2 Noko ndipèlelwe,
Usandomeleza,
Uhlambe ukuncóla kwam,
Ndide ndibe ngcwele.
Ndiza kuwe, *etc.*

3 Inguye u-Yesu
Owondibabala
Ukól', utando, netemba,
Apa napezulu.
Ndiza kuwe, *etc.*

4 Inguye u-Yesu
Osebenzayo kum,
Endongezelel' ufefe,
Egxotil' isono.
Ndiza kuwe, *etc.*

5 A ! Gazi lingcwele,
Elandikúlula,
Isipó s-Onobubele,
U-Kristu i-Nkosi.
Ndiza kuwe, *etc.*

## 449

[L.M.H.B. 45.] 8787.47. Ingoma—OXF. H.B. 211.

1 NDONDELE ngakuwe, Bawo !
Ndapúlukwa lutando ;
Andakunanza, Msindisi,
Ndamdel' u-Moy' Ongcwele :
Tařu ! Tařu !
Maundenzel' inceba.

2 Ndingehlanjwa zinyembezi,
Usizi nodandateko
Azingendituli mtwalo
Wamaqames' esono :
Tařu ! Tařu !
Ndinyuse ndigatshoni.

3 Ubunzulu besono sam
Baziwa nguwe, Bawo ;
Ngoku ndihlubekile bé,
Kwavel' ubutshijolo :
Tařu ! Tařu !
Sendikwanga inyawo.

4 Msindisi, Mhlobo waboni,
Waxónyw' emnqamlezweni,
Ap' esangweni lokufa
Ndijonge kuwe wedwa :
Tařu ! Tařu !
Wena ov' izikúngo.

5 Ndikudanisile, Moya,
Nok' uz'ungandishiyi ;
Ndisitiyile isono,
Ndiyazizonda ngaso :
Tařu ! Tařu !
Xola, Mbângi yobomi.

6 Tixo, ndiyangcangcazela
Ndakucing' ityala lam ;
Lomanxeb' ayabongoza,
'Gaz' elandopêlayo :
Tařu ! Tařu !
Unamandl' okusiza.

7 Ndingumon'—ufuna mna ke ;
Ndibotshiwe—kúlula ;
Ndifile—wandivukela ;
Ndigwety'we—wandifela :
Tařu ! Tařu !
Wena u'nto zonke kum.

8 Ndonile, kodw' inceb' ako,
Nkosi, inesikono,
Ipakamile, inzulu,
Ivumbulul' isono,
Iyoyisa !
Mandisindiswe ngayo.

ENYE INGOMA—218[1].



## 450

8787. Ingoma yokuqala—CAN. H.B. 496.[2]

1 TINA ntsapo zelilizwe
Ezikokelwa nguwe,
Singa singa njengabalwi
Bemfazwe yomnqamlezo :

2 Kwa njengawe, siti nati
Sikokele abanye,
Bade bakubone, Nkosi,
Uxónyw' emnqamlezweni.

3 Abaninzi basahleli
Ekugazini kwabo,
Biza, Nkosi, abatunywa,
Bakwâze emnyameni :

4 Zalatise izidenge
Ukuzifela kwako,
Ziguqulwe zikubone
Uxónyw' emnqamlezweni.

5 Kusekó njengapambili
Ubabalo lwe-Nkosi,
Olwanceda abaninzi,
Bambon' ebetelelwe :

6 Nati bantu belilizwe
Siyakwenzelw' inceba,
Simtyilelwe, simboniswe
Exónyw' emnqamlezweni.

7 Amen, Nkosi, Mdali wetu,
Sihlangabeze nati
Ngokânyiso lwapezulu,
Simbon' u-Yesu Kristu,

8 Esi-Tandwa sika-Yise :
Siqine somelezwe,
Ngay' u-Moya Oyingcwele
Side siwel' i-Yordan.
Amen.

INGOMA YESIBINI—E.H. 599.

## 451

8888. Ingoma—CAN. H.B. 539[1].

1 UFIKILE umsebenzi
Kufuneka amařoti !
Nal' idabi, gwalandini !
Xób' ikáka, ute-nqi ke.

2 Nang' umkosi usondela,
Uzingela emnyameni :
Azi wohamba wodwa na,
Ukokelwe ngonamandla ?

3 Mkosi mkulu, pánga-
lala :
Sivelele, Mikayeli ;
Wamoyisa u-Satana,
Wampósela pants'
e-Hades.

4 Tandazani e-Nkosini,
Eyafela bonk' aboni,
Eyoyisa u-Satana
Kwaba kany' emnqa-
mlezweni

## 452

11.9.11.9.8.7. (8787.47.) Ingoma—E.H. 397.

1 VUKA, vukani, liyemka ixesha,
Nina nisalibel' emhlabeni ;
Yima, yimani, utshaba luyemka
Bizela kowafel' aboni.
Nceda, nceda, Nkosi yam ;
Yiva umtandazo wam.

2 Biza, bizani, lisekó ixesha,
Musan' ukudangal' esonweni ;
Yiva, yivani ilizwi loxolo—
" Moni, yiz' apa kum upile."
Xolo, xolo, tarú Nkosi ;
Ndiza, kuwe, Mfeli wam.

3 Cela, celani, nozuz' uxolelo ;
Zulu, káya lam, ndamkele.
Vuya, vuyani, uviw' umtandazo ;
Yima, wayame ngay' i-Nkosi.
Laula, laula, Nkosi yam ;
Hlala ngapakati kwam.

4 Hamba, hambani, sipum' e-Yiputa,
Siy' ezweni leding' e-Zulwini.
Yesu, Malūsi, kokela izimvu :
Ngena Wen' ubukad' upandle :
Amen, amen, sitsho sonke ;
Vula, ngena, Nkosi yam. Amen.



## 453

8888. Ingoma—*Tora.*

1 " YIZANI kum basi-
ndwayo,
Ndoninika ukupumla "—
Livakal' elo-Msindisi,
Elimema tina boni.

2 Masilive sisabele,
Siye kuye ememile ;
Silahlele kulo-Mhlobo
Amaxála etu onke.

3 Hai ixála lezizono !
Tina sizikédamele :
Tarú ! Nkosi, sizibika,
Sikóhliw' ukuzisusa.

4 Sikúlul' umtwalo Wena,
Zonwab' intliziyo zetu :
Soti, usipumza njalo,
Sibulele singayeki.

5 Sipé, Yesu, olopumlo,
Sisahleli kwelipantsi :
Size kóna e-Zulwini
Sidlelane nawe kulo.
Amen.

## 454

[A.M. 637.] Ingoma yokuqala—A.M.N. 254.

12.11.12.11.

1 YIZANI ku-Msindisi onibizayo,
Yizan' e-Nkosin' exol' ilibale ;
Nangona izono zenu zimnyama tsi,
Kuyabengezel' ekáya pezulu.

2 Yizani ku-Yesu, esolul' ingalo
Ukwamkel' anqák' abo bangabake ;
Ngenani nina nidubatá ngapandle,
Anibonis' ubuso bak' u-Yesu.

3 Ewe, yizani ku-Msindis' onetarú,
Oluvuta utando olunzulu ;
* Ningoyiki ! ngu-Yesu otoba imvalo,
Nicing' ikáya, nozuko lwe-Zulu.

* *In these lines the first two syllables are sung as crotchets.*

4 * Nini nedwa n' abakė bonay' emhlabeni ?
* Nini nedwa na abamnyama zizono ?
* Ningoyiki nitandabuze, okuzeleyo
Akegqit' u-Msindis' osifeleyo.

5 Yizani ezinyaweni zika-Yesu,
Nimbikel' intlung', izono, nehlazo ;
* Ukuxolel' isono sitsaba sodumo,
Luvuyo lwe-Nkos' ukunyaniseka.

INGOMA YESIBINI—*Belgium.*

## 455

ELOKUPETA IM-VUSELELO.

8686. Ingoma—W.K.H.T.B. 28.

1 KADE ngobumfama betu
Sasisezonweni ;
Kade ngokungazi kwetu
Sasisemnyameni.

2 Kweza, Nkos', i-Lizwi lako,
Lasikányisela ;
Kweza izitunywa zako,
Zalishumayela.

3 Namhla, Nkosi, sibonile
Ububele bako ;
Namhla, Nkosi, sesivile
Okofefe lwako.

4 U-Msindisi sesimazi,
Osisindisayo ;
I-Nkokeli sesiyazi,
Esikokelayo.

5 Namhla sesibon' indlela
Eya e-Zulwini :
Namhla usisingisela
Kuwe ebomini.

6 Nkosi, uyasivuyisa
Ngobubele bako ;
Nkosi, sesiludumisa
Olufefe lwako.

* *In these lines the first two syllables are sung as crotchets.*



## 456

## ABASELUHAMBENI

ABAHLOBO ABANGEKOYO.

[A.M. 595.] 8683. Ingoma—A.M. 595.

1 BAWO wetu onenceba,
Siyatandazela
Ezikud' intanda zetu,
Zigcine.

2 Yesu Nkos*i*, ubukó bako
Mabubapéleke,
Bagcin' ebutatakeni
Ngakuwe.

3 Kozintsizi kozingozi,
Ekukėdameni,
Tutuzela ngolotando
Lukulu.

4 Bomeleze ubaxáse,
Ngosindiso lwako ;
Bakutande, bakubonge
Futi, Nkos*i*.

5 Imfundiso yako, Moya,
Mayibangcwalise ;
'Ze boyis' ekulilweni
Idabi.

6 Yise, Nyana, Moy' Ongcwele,
MTriniti Ongcwele,
Bavelel' ubasindise,
Tixo Nkos*i*. Amen.

## 457

UKUTANDAZELA ABASELWANDLE.

[A.M. 370.] 888888. Ingoma—A.M. 370.

1 YISE ongunapakade,
Omandl' apėte ulwandle ;
Owamis' imida yalo
Luze lungagqiti luyo ;
Sive sitandaza kuwe
Ngenxa yabahamb' elwandle.

2 Kristu, owalaul' umoya,
Wadamba ngelizwi lako ;
Wen' owanyatel' amaza,
Akwatshona enzulwini ;
Sive sitandaza kuwe
Ngenxa yabahamb' elwandle.

3 Moya, owavutuzayo
Kulomanzi akudala ;
Wen' owatetis' ingxolo,
Wati, malubek' uxolo ;
Sive sitandaza kuwe
Ngenxa yabahamb' elwandle.

4 M-Triniti onotando,
Kúsel' abahlobo betu
Xa behamb' ezingozini,
Uz' ube ngu-Mgcini wabo ;
Kuze kudunyiswe Wena
Emhlabeni naselwandle. Amen.

## 458

## IMIHLA YE-EMBER : NO-MISO OLUNGCWELE

[A.M. 354.] 7777. Ingoma—A.M. 527.

1 ILIZWE lonke, Nkosi,
Lilinyw' imbewu yako ;
Kumanxa imagxwala,
Bambalwa abavuni.

2 Sizile kaloku nje
Ngenzilo, ngomtandazo ;
Wena sesikukúnga—
" Tumela abavuni."

3 Kumazwe, kwiziqiti,
Kude kwelakowetu
Toba intsikelelo,
Ngakumbi kweli letu

4 Ufefe nobulumko
Ngamana wabanika
O-Bishop, bayicáse
Intyilo engeyiyo.

5 Tyilela aba-Priste
Inyaniso emhlope ;
Ama-Dikoni wapė
Utando nozingiso.

6 Yincede imihlambi,
Yipė umoya omhle ;
Kungalahleki namnye
Ngalomini yomgwebo.
Amen

ENYE INGOMA—186.



## 459

[A.M. 353.] 8888. Ingoma—A.M. 358.

1 MKANYISELI-mipefumlo
Ngokányiso lwapezulu,
Mgaleli ngombete wako
Kwabafuna u-Msindisi ;

2 Sikelel' abafundisi,
Kwa nabo bangabafundi ;
Lingcwalis' okuny' i-Bandla,
Nezibane ziqaqambe.

3 Abafundisi bahlambe,
Bapė u-Kólo no-Tando,
Balungiselelwe nabo,
'Ze bapakamis abanye.

4 Púlapúlis' abafundi,
Bap' umoya wobulali,
Nengqondo engenakumbi ;
Izipó zak*w*' ezikulu.

5 Sikelela umalūsi
Nezimvu ; 'ze babe banye,
Kokukulinda kukóyo,
Bude budlule obubom.

6 Sipė ufefe lwako, Nkos*i*,
Siti sipilele kuwe,
Nokufa sifele kuwe,
Sibuv' ubomi kwalapa.
Amen.

## 460

[TR.] 8787.8787. Ingoma yokuqala—E.H. 108.

1 UKO nati, Mongameli,
MPriste Mkulu, Kumkani ;
Upakati kwetu kanye
Ngokungenambaliso :
Ukó, 'Wen' ongu-Meyisi,
Unamandla o-Vuko,
Neyamhlamnen' i-Pasika
Yona intsikelelo.

2 Wati-tápu njengelitá
Kwabazivaleleyo ;
Wabanik' uxolo lwako,
Wabonis' amanxeba :
Waza wabapefumlela
Ngomoy' oweza ngawo,
Wati, " Ndatunywa ngu-Bawo,
Ndanituma njalo nam."

3 Lite elolizwi lako
Lema nqi, lasebenza ;
Ngezandl' ezi ze-Bishope
Sisanikw' esosipó :
Akwalatwa yi-Kerike
Amagosa ofefe,
Nguwe owapátisayo
Obako ubu-Priste.

4 Yondela ke lamadoda
Aguqayo kulendlu,
Ekangel' i-Ntando leyo
Yahlulayo, itume :
Z'uwamkel' ezilahlela
Nako konke anako—
Okomoya, okomzimba—
Kumsebenz' ongowako.

5 Nakuba kuk' ukuhlehla,
Bavis' aba bakòyo
Amandl' ak' omelezayo,
Benyuliwe nguwe nje :
Benze abalūs inene,
Uti, besahlel' apa,
Ubagcine ngentembeko,
Bazingis' ukukonza.

6 Kuwe Bawo, Sokulunga,
Nawe, Nyana, no-Moya—
Ngetemba lokwelizayo,
Ngesiqalo sanamhla—
Makunikwe siti sonke
Ngamxėlo mnye um-
bongo,
Logama sicand' amaza,
Nanxa sifik' ekàya.

INGOMA YESIBINI—A.M. 316.

## 461

[A.M. 352.] 8686. Ingoma—A.M. 352.

1 UNYUKIL' u-Kristu ;
kodwa,
Engekanyukeli,
Wamis' i-Kerik' iz' ime,
Ad' abuy' afike.

2 Waqala ngaba-Postile,
Abatunywa bake ;
Bati nabo nenz' abanye
Ngokomteto wake.

3 Kute ngawo onk' amaxa
I-Kerik' ihleli,
Umsebenzi wahanjiswa,
Nok' anyukileyo.

4 Yandis' umhlambi wako,
Nkos*i*,
Kuzo zonk' intlanga ;
Ubuhlanti bube bunye,
U-Malūsi emnye.
Amen.

ENYE INGOMA—32.



## 462

## ELOKUTANDAZELA U-KUMKANI

[TR.] 664.6664. Ingoma—*eyalo.*

*Ngokuzekelela.*

1 TIXO olaulayo,
Nik' ulondolozo
Ku-Kumkani :
Menzel' uloyiso
Olusonwabiso,
Alaul' enoxolo
U-Kumkani.

2 Ma'tweswe ngezipò
Zokumbuka kwako
U-Kumkani :
Mfundis' imiteto
Yokulunga kwako,
Umlaulise ngayo
U-Kumkani.

3 Tix', itemba letu
Ngo-Kumkani wetu
Limi kuwe :
Nguwe u-Mhlanguli
Nasezintshabeni ;
Sindis' u-Kumkani
Wetu sonke !

NATIONAL ANTHEM.

1 GOD save our gracious King,
Long live our noble King,
God save the King !
Send him victorious,
Happy and glorious,
Long to reign over us :
God save the King !

2 O Lord, our God, arise,
Scatter his enemies,
And make them fall!
Confound their politics,
Frustrate their knavish tricks,
On Thee our hopes we fix,
O save us all!

3 Thy choicest gifts in store
On him be pleased to pour,
Long may he reign:
May he defend our laws,
And ever give us cause
To sing with heart and voice
God save the King!

## 463

### ISIHLOMELO

[C.C. 47.] Ingoma—C.C. 47.

INGOMA YANGE-KRISTMAS, 1.

1 BANTU, hlabelani ingoma yombulelo
Naso isimanga sisihla emhlabeni.
Vuka wen' ulele, uvusw' ebutongweni,
Baleka njengohleli, ukuz' ube nobom.
Yiva, yiv' esosandi siti ungadangali,
Nalo usindiso, ufikil' u-Sobom.

2 Zizwe, hlanganani nimkonze lo uzayo,
Uz' enobubele, engovel' e-Zulwini.
Bòta, sitsho sonke, masiwe ngamadolo,
Makube licamagu kulowo ungu-Sobom.
Nceda, nceda tina, sâfa bubutyakala,
Sipè, sip' maandla okuza kuwe, Nkosi.



3 Nal' elokupèta ilizwi le-Ngelosi—
" Duma wena Zulu, uxol' umhlaba lo."
Luntu, usindile, wadana u-Satana,
Sitsho ke dumisani, izulu lite-tà.
Vuya, vuya mhlaba, vuka ume ngenyawo,
Namhla sesilinde ubomi nawe, Nkosi.

## 464

INGOMA YANGE-KRISTMAS, 2.

[C.C.B. 18.] Ingoma—C.C.B. 18.

1 HAI ukusivuyisa
Kwalomhl' uno-
mgcobo!
Ate ngawo u-Sobom
Wazalwa ngu-Mari.
Tix' odale izulu,
Wazimis' inkwenkwezi,
Mpàti wento zonke—
Ukanti ukwangumntu
Owatwala intsizi,
Usindis' abantu.

2 I-Ntombi, u-Nina lo,
Yakuba imzele,
Yabiseyintombi ngqe,
Hai esisimanga!
Nozal' unetamsanqa!
Lweza ngaw' u-Kânyiso,
Lwalal' esiswini:
Ntombi encomekayo!
Wamondl' u-Soluzuko
Ngamabele ako.

3 Krist', owasidalayo
Konke esikuko:
Kristu, ontlalo yako
Mayifuzwe siti:
Krist', owahlangulayo
Ekufeni kwa tina,
Wasicwàyitisa:
Kristu, wafana nati,
Senze sifane nawe,
Wakupind' ukuza.

## 465

INGOMA YANGE-KRISTMAS, 3.

Ingoma—C.C.B 12.

1 KANGELA! nal' ikwèzi,
Likânya ebusuku,
Likuxel' ukusa;
Buyemka ubumnyama.
Vuyani nonke bantu,
Ivuye yonk' indalo.
Uyez' u-Msindisi,
Elona Kwèzi.

2 Mañoza no-Canzibe !
Púlapúlan' intsholo,
Nani Zilimela !
Kubetan' amapíko
Ezapezul' intaka,
Zigwab' ingom' emnandi :
Zitsho ngomtyangampo
Ovakala lé.

3 Bótani ! zihandiba,
Ngo'ba nivela kude,
Nibudlakadlaka.
O ! nanga ningahamba
Nisinga e-stalini,
Nobona isimanga—
Sizalelw' u-Mntwana
Ongu-Tixo lo !

## 466

INGOMA YANGE-KRISTMAS, 4.

[E.H. 19.] Ingoma—E.H. 19.]

Μέγα καὶ παράδοξον θαῦμα.

1 SIMANGA sezimanga !
Umciza ongcwele !
I-Ntomb' izele yodwa,
I-Ntomb' emsulwa ngqe.
He ! pindan' eliti,
" Uzuko k-Opezulu,
Noxol' emhlabeni."

2 U-Lizwi waba ngumntu,
Eseng-Osenyangweni ;
Batyelwa nabalūsi
Zingoma ze-Ngelosi.
He ! *etc.*

3 Zisenjenj' ukubonga
Olaul' into zonke,
Gcobani ke, zintaba,
Qwabani, zilwandle.
He ! *etc.*

4 Esiza kuhlaulela
Umhlaba upéla,
Bongani, bantu nonke,
I-Nkos' u-Msindisi.
He ! *etc.*

5 Zodaka izitixo,
Bupél' ubuxoki,
Ahlal' elaul' u-Kristu,
I-Nkosi yanini.
He ! *etc.*

## 467

INGOMA YANGE-KRISTMAS, 5.

[C.C. 133.] Ingoma—C.C. 133.

*Ngokuzekelela.*

1 SIVUYELA inkwenkwezi
Eyatsala lé izazi,
Nalongoma ye-Ngelosi
Eyagcobis' abalūsi :



" Uzuko k-Osenyangweni,"
Zatsho zinikelan' izwi ;
" Namhla kuxolelaniswa
Luxol' oluvel' e-Nkosini."

2 Lonzalo yatsal' abalūsi,
Zahamba kuhle izazi ;
Obefunwa wafunyanwa,
Wanqulw' u-Tixo e-stalini ;
Lwabancumel' usan' apo,
Lusemkúmbini wenkomo ;
Intombi yomntu yamgona
Obekáuliwe ngo-Moya.

3 Kade ze-cwak' i-Ngelosi,
Ayisakány' inkwenkwezi ;
Namhla kukokel' i-Temba,
Lu-Kól' oluva lângoma :
" Uzuko k-Osenyangweni,"
Masitélele ngovuyo ;
" Ngoku kuxolelaniswa
Luxol' oluvel' e-Nkosini."

## 468

INGOMA YANGE-KRISTMAS, 6.

[C.C.B. 25.] Ingoma—C.C.B. 25.

*Ngokukaulezisa.*

1 SIZALELWA, huntshu ke !
U-Nyan' u-Mongameli :
Emhlabeni ite-vu
I-Nkos' u-Simakade.

2 Ulundwendwe pants' apa
Ovela enyangweni :
Zimondel' inkom' ezi,
Elele e-stalini.

3 Kwat' akuva lamkóhla
U-Herod ukumkani :
Waliwis' elokuti,
Mazife zonk' intsana.

4 Zezotando nemfesane
Ngelixa le-Kristmas :
Mta-ka Mari, Sobubom,
Sikokel' e-Zulwini !

5 He ! maciko, kunjenjenje,
Bongani ngazwinye :
Mbetelen' imiřube
U-Mntwan' ongu-Sombawo.

## 469

INGOMA YE-PASIKA.
Ingoma—C.C.B. 51.

1 HE ! dumani nonke,
Namhla nje zezovuyo noloyiso.
I-Nkos' ivukile,
Yavuk' eyakomkulu i-Njengele.
Ingatanga ife,
Ngesife mpela tina ;
Ke namhl' ivukile,
Ize nati sivuke, sivuke, sivuke,
Sikuyo.

2 Woyisiwe, Satan,
Dana ke, Kufa, nawe, Hades, ncama.
Huntshu ! gořandini,
Uhlutwe kwati-bė lelona Gořa.
Yeza kuhl' ekufen'
I-Ntshatshela yakuti ;
Wahleka ke wena,
Koko seudanile, wadana, wadana,
Wasaba.



3 Amasango onke
Selete-genge namhla—yiva, moni !
Lisisebenzele
I-Gcisa elinazo izitshixo.
Lehla tanci lakúp'
Abavalelw' e-Hades,
Laza, tina nabo,
Lasivulel' ekåya, ekåya, ekåya,
Pezulu.

4 Sinelitemba nje,
Sesibudl' apa obobomi butsha.
Esandulela nje
Oyi-Nkokeli yetu, somlandela.
Um-Prist' omkul' etu
Esinga engcweleni,
Uti masimkápe,
Size sihlale naye, sinaye, sinaye
Nanini.

5 He ! dumani nonke,
Namhla nje site-manga, sibulela.
U-Yes' uvukile,
Eyakwa-Yuda i-Ngonyama Yona.
Ingatanga ife,
Ngesife tina sonke ;
Ke namhla senjenje,
Kuba tina sikuye, sikuye, sikuye,
Savuka.

## 470

INKONZO YOM-TENDELEKO ONGCWELE

